Wes-Kaap Onderwysdepartement • ISebe leMfundo leNtshona Koloni

Jaarlikse Prestasieplan

2008/09 tot 2010/11

Annual Performance Plan

2008/09 to 2010/11

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka

2008/09 ukuya 2010/11

WESTERN CAPE
Education Department
Provincial Government of the Western Cape

Imbulambethe yomPhathiswa wePhondo

Njengoko siye sisondela esiphelweni somjikelo weminyaka emihlanu kubalulekile kwiSebe iWCED ukuba sijonge izinto esele sizenzile ukuza kuthi ga ngoku nezo sisajonge ukuzenza.

Umba ekujoliswe kuwo kwesi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka (*Annual Performance Plan)* wokufikelela nokulungisa umonakalo wethuba langaphambili, usisikhumbuzo esibalulekileyo kuthi sokuba yintoni ekufuneka yenziwe ngulo rhulumente. Intswela-bulungisa yeminyaka engamashumi-shumi eyadlulayo isazibonakalisa kwiziseko zophuhliso kwizikolo zethu, nakwinto yokuba uninzi lwezikolo zakhiwe kwiindawo zentlupheko nolwaphulo-mthetho, nento yokuba nkqu nootitshala bethu ngokwabo abaxhotyiswanga ngokwaneleyo ukuze benze igalelo eliyimfuneko kwezemfundo.

Ngokusetyenziswa kweeprojekthi ezithagetha okuthile, ezifana nee-QIDS UP, ngokusebenzisa inkqubo yenkxaso yeekomiti zesekethe ezandisiweyo *(expanded circuit team support model)*, izikolo zethu ezitsha eziyi-42, iiklasi ezintsha eziyi-1509, ingxowa-mali eyabelwe ngokukodwa izibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa, ukwandiswa kwe-ACEs nee-NPDEs zootitshala bethu, konke oku kwenza sitsho ukuba sisebenza siyimbumba sijolise kwinjongo enye yokuhlasela ngamandla ukubonelelwa kwemfundo okungafaniyo ngolona hlobo. Ukukhula ngamandla kwecandelo leekholeji zeFET yiprojekthi ebaluleke kakhulu yokutshintsha imeko ngokukhawuleza ukunceda ukuthintela ukuyeka kwabafundi isikolo phakathi, neza kunceda ekuboneleleni ngezakhono ezinqongopheleyo. Iprogram eyandisiweyo ye-ABET nayo yenza igalelo elize kakuhle ekukhuliseni izakhono kweli phondo. Ngokucacileyo ukwabiwa kwemali okumana kusandiswa qho kwicandelo le-ECD ngumba ophambili kakhulu ekulweni imiba ebaluleke kakhulu enjengolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala ngendlela ecwangcisekileyo.

Ndifuna ukuba esi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka sibe luxwebhu olucacisa ngokuphandle imiba eyingxaki nezinto ezisixhalabisayo ngokunyanisekileyo nangokupheleleyo. Sidwelise iiprogram zezinto eziza kwenziwa kwinto yonke kwaye sijonge phambili ekusabeleni ikhwelo leethagethi ezisibekele zona ngokwethu. Kwithuba apho siya sijonga ngakumbi nangakumbi ukuba izikolo zethu zivume ukuthwala uxanduva lokuphendula ngomsebenzi ekumele ziwenze, kufuneka thina sikucasise gca oku ngokukubonisa ngokwethu, size ke senze konke oko sizibophelele kuko.

Ndifuna ukuphinda nje kwakhona ndithi sithe kwenye indawo kwesi sicwangciso: siyazibophelela thina ngokwethu kulo nyaka koku:

- Ukulungisa imeko silawule ngempumelelo ebhetele iziphumo zokufunda ngokuthi sizibekele iithagethi nokuthwala uxanduva lokuphendula ngomsebenzi ekumele siwenze
- Ekunikeni nangaphezulu inkxaso kootitshala ejolise ngqo/ethagetha/ necwangciselwe ukuphuhlisa zombini, ubungcali (ekusebenzeni ngempumelelo) nokwaneliseka emsebenzini (okuchaphazela uvakalelo). Oku kuthetha ukuba kukho imfuno yeeprogram zeenkqubo eziphuculweyo nonxibelelwano olungcono.
- Ukwenza ezo zinto zisashiyekileyo kumgaqo-nkqubo wephondo nasekuphunyezwe ni kwemigaqo-nkqubo
- Ukuqwalasela ngempumelelo imigao-nkqubo yesebe likazwelonke

Ndifuna ukuba umyalezo ohanjiswayo kulo nyaka kwizikolo zethu, kwiikholeji zethu, kumaziko ethu e-ABET nakubazali bethu nabo bachaphazelekayo, ube ngowokuba singena kwixesha lozinzo. Siya sisomelela ngakumbi sithe chu kodwa siqinisekile sibheka phambili. Siyazazi ncam ngoku iimfuno kwaye senza konke okusemandleni ethu ukuba sinike inkxaso ukufunda, ootitshala nabafundi. Siya kuwandisa umbono wethu ukusuka kulo “Ikhaya lokufunda lomntu wonke” ukuya kulo “Ikhaya lokufunda elisemgangathweni lomntu wonke” kwaye sizimisele ukwenza iinkonzo.

Cameron Dugmore
Umphathiswa Wemfundo
31 Matshi 2008

Imbulambethe Eyenziwa liGosa eliMele uKuphendula

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka seSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) sethuba elisusela kwi-2008/09 ukuya ku-2010/11 sibonelela ngenkqubo-sikhokelo yokuza kwenziwa njengoko sizama ngamandla ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kuye wonke umntu kweli phondo.

Inyathelo lokuqala sisiCwangciso soPhuhliso lweZakhono zoLuntu (*HCDS)* saseNtshona Koloni esinika inkcazo ebanzi yemingeni esijongene nayo nezinto ekufuneka sizenzile ukufikelela kwiinjongo zethu engagqithanga u-2014.

I-HDCS izinziswe kwimigaqo-nkqubo kazwelonke neyephondo nezicwangciso ezenzelwe ukuza nenguqu kuluntu lwaseMzantsi Afrika ngokuqinisekisa ukufikelela kwimfundo esemgangathweni nokwenza igalelo kuphuhliso nokukhula ekwabelwana ngako ekwakheni izakhono zoluntu nezentlalo. Ezi zicwangciso ziquka isiCwangciso sikaZwelonke i-*Accelerated Shared Growth Initiative for South Africa (AsgiSA)* nezicwangciso sephondo *iKapa elihlumayo strategy* sokuhlumisa nokwabelana ngeKapa.

Xa sichazwa esi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka sijolise ngokukodwa kunyaka ongaphambili, lo gama sibandakanya imbono eminyaka-mithathu yokufikelela kwithuba elingelide lenkcitho yebhajethi i-*Medium-Term Expenditure Framework (MTEF).*

Esi sicwangciso sifikelela kuzo zonke iinkalo zemfundo ngokubanzi, kubandakanywa iiprogram ezisibhozo zebhajethi zephondo, iinjongo ekujoliswe kuzo, iinjongo zokujonga ubungakanani bezinto ezenziweyo, imilinganiselo yentsebenzo neethagethi.

Lo gama siqonda kakuhle ukuba akukho “ndlela-mfutshane yokulungisa izinto” siyakholwa ngokuqinisekileyo ukuba kufuneka sihlangabezane nemingemi ephambili ngokukhawuleza kakhulu. Njengelizwe elisahlumayo, kufuneke singenelele ngenjongo ekwenzeni inguqu kwimfundo, kwaye kufuneka oko sikwenze ngokuzimisela. Akukho cebo limbi esingalenza, ngaphandle kokujongana nalo mngeni.

Imingeni ephambili kwiSebe iWCED kulo nyaka ibandakanya ukuphunyezwa kohlenga-hlengiso lwethu, nto leyo eya kuqinisekisa inkxaso yokwenza ngqo okufunekayo ngendlela elungiselelwe ngokukodwa izikolo yaye apho kanye ifuneka khona ngamandla.

Lo gama sisebenza ngokwenkqubo-sikhokelo ebanzi yemigaqo-nkqubo, yezicwangciso namanyathelo ezinto eziza kwenziwa, sikwenza oko singalahlekwanga yinjongo yethu ephambili esijolise kuyo, eyile umfundi okwigumbi lokufundela.

Yonke into esiyenzayo, ekugqibeleni mayinike ingqiniseko yokuba abafundi bethu bafumana ulwazi, izakhono, iimfundiso ezisisiseko neendlela zokucinga, abazifunayo ukuze baphile ubomi obuyimpumelelo baze bakhe uluntu olunempumelelo. Sithi kuwo onke amaqela achaphazelekayo olu xwebhu sisicwangciso sethu esibaluleke kakhulu sokufikelela kule njongo.

Ronald B Swartz
INtloko yeSebe leMfundo, eNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni

Umbono

Ikhaya lokufunda lomntu wonke

Umnqophiso

Umnqophiso wethu kukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana ulwazi abalufunayo, ngookunjalo nezakhono neempawu zentsulungeko:

- Bap huhlise iitalente zabo
- Baya kuba nobomi obonwabisayo
- Benze igalelo kuphuhliso lwentlalo noqoqosho
- Bathathe inxaxheba ngokupheleleyo kokuqhubeka kweli lizwe
- Bakwazi ukukhuphisana namanye amazwi, kananjalo
- Bakhe iindawo ezihlalwa ngabahlali abakwaziyo ukulawula ubomi babo ngempumelelo nangendlela enesidima.

Iimpawu zentsulungeko

- Iimpawu zentsulungeko zoMgaqo-siseko woMzantsi Afrika
- Izimiselo zephulo iBatho Pele
- Iziphumo ezingundoqo zeKharityhulam yeSizwe
- Inguqu, ngokuqinisekisa ufikelelo, ubulungisa nolungiso (lomonakalo wangaphambili)
- Ukuba phambili komfundi ngokubaluleka
- Ulwabiwo lwezinto olutyekele ngasekukhawulelaneni nabahluphekileyo
- Ukwamkela uxanduva lokuphendula nokwenza izinto elubal
- Ukuqaqamba kuko konke esikwenzayo
- Ukuzibeka phantsi kolawulo lwabahlali ngokubanzi, ukuwaxhasa amalinge okuqinisekisa uphuhliso lwezentlalo, ezenkcubeko nezoqoqosh

Uxwebu oluyiManifesto on Values, Education and Democracy (iSebe leMfundo, 2001) ludwelisa iimpawu zentsulungeko ezilishumi (10) ezisekelwe kwiimpawu zentsulungeko zoMaqo-siseko, ezizezi: idemokhrasi, ubulungisa entlalweni, ulingano, ukungacalu-caluli ngobuhanga nangesini, Ubuntu, intlalo evulelekileyo, ukwamkela uxanduva lokuphendula, ukuthotyelwa komthetho, imbeko noxolelwano.

Le nto ithi Batho Pele ithetha "ukubeka abantu phambili". Izimiselo ezisibhozo zephulo i Batho Pele zigxininisa ukubaluleka kothethwano, imigangatho ephezulu yokunikwa kwenkonzo, uqhuqheko, ufikeleleko, ingcaciso, ukukhululeka nokwenza izinto elubala, ukuziqwalasela izikhalazo nokwenza izinto ngokucikizekileyo.

ISEBE LEMFUNDO leNtshona Koloni
URhulumente Wephondo leNtshona Koloni

Malunga Nolu Xwebhu

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka seSebe leMfundo leNtshona Koloni (i-WCED) sicacisa izicwangciso zezemfundo zoRhulumente wePhondo zethuba elisusela kowe-2008/09 ukuya kowe-2010/11, kugxininiswa ngakumbi koko kuza kwenzeka kunyaka-mali oqala ngomhla woku-1 ku-Apreli 2008 oya kuphela ngomhla wama-31 kuMatshi 2009. Olu xwebhu lukwaquka inkcazelo eninzi emalunga nemeko ekuyiyo ngoku kwezemfundo: ukuba iyintoni na imingeni ephambili kwaye uRhulumente usabela njani na ekujamelaneni nayo.

Olu xwebhu lunamacandelo amabini aphambili.

ICandelo A licacisa oko zikuko iinjongo ezibubuchule zesicwangciso zesizwe nezephondo, nendlela ezixhaswa ngayo ezi zizicwangciso zesebe. Kukwachazwa neenkalo zempumelelo nezo zingumngeni apha ephondweni. ICandelo A likwalatha umkhomba-ndlela ngokuphathelele kwiinkonzo kwizikolo zompeleso (*pre-school services*), kwizikolo ngokubanzi, kwiikholeji zemfundo noqeqesho oluqhubekayo (FET) kunye nezemfundo yabantu abadala.

ICandelo B lisinika iinkcukacha ezingakumbi malunga neenkonzo zeSebe leMfundo, nemingeni elijongene nayo kwezentlalo nakwezoqoqosho. Iinkalo eziphambili ezisetyenzisiweyo ukuqulunqa nokucwangcisa le nkcazelo kwiNxalenye B zezi:

- Iinkqubo zohlahlo-lwabiwo-mali lwePhondo. Zizonke zisibhozo ezi nkqubo. Zona zenza amacandelwana eCandelo B.

- IiNjongo ezibubuchule . Ezi zona zikhe zavelelwa kwisiCandelo A, kodwa kwiCandelo B zinxulunyaniswa nenkqubo nganye yohlahlo-lwabiwo-mali. Kukho iinjongo ngeenjongo ezicwangcisekileyo ezahlukahlukeneyo, kwaye zibonakalisa amacala acwangciselwe ukuba iye ngakuwo le misebenzi ngemisebenzi eyabelweyo kuhlahlo-lwabiwo-mali.

- IiNjongo ezilinganiselwayo . Zona zithe kratya ngokuthi ngqo kuneziya njongo zicwangcisekileyo, kwaye zona ubukhulu becala zihambelana neenkqubo ezithile ezingqalileyo.

- Imilinganiselo yeNtsebenzo. Yona iphantsi kweenjongo ezilinganisekayo, kwaye iyinkcazelo-manani engqalileyo ayigqala njengebalulekileyo uRhulumente, ngokomzekelo, ipesenti yabantwana abakwiminyaka yokuba sesikolweni kunye nolutsha olubhalisiweyo apha kwinkqubo yezemfundo.

- IiThagethi ZeNtsebenzo: Imilinganiselo yokwenziwa komsebenzi ineendidi ezintathu zeethagethi zokwenziwa komsebenzi ekujoliswe kuzo, thagethi nganye iyeyonyaka ngamnye kule minyaka-mali mithathu izayo. Ezi ndidi zeethagethi ekujoliswe kuzo, nekugxininiswa kakhulu kuzo phaya kuhlalutyo nakwizicwangciso ezinikiweyo kolu xwebhu, zalatha indlela aceba ngayo uRhulumente ukuphucula ukwenziwa kweenkonzo kule minyaka izayo.

- IsiHlomelo A sidwelisa iMilinganiselo yeNtsebenzo (ii-PM) engama-39 ekuvunyelwene ngayo kundlunkulu. Kumlinganiselo ngamnye wentsebenzo, kunikelwe inani, inkcazelo emfutshane kunye nenkcazelo endana.

Iinjongo ezicwangcisekileyo, iinjongo ezilinganiselwayo nezilinganiso zokwenziwa komsebenzi zenziwe zafana kwilizwe lonke, ngamanye amazwi, ziyafana kwiphondo ngalinye (kambe ke kuyinto enokwenzeka ukuba iinjongo ezicwangcisekileyo nezilinganiso zokwenziwa komsebenzi zibekho ecaleni kwezi zesizwe). Iithagethi zokwenziwa komsebenzi zona zikholisa ukwahlukana ngokwamaphondo ngamaphondo, kuxhomekeke kwiimeko zelo phondo.

Iziqulatho

Iinkcazelo Zamagama Namabinza 1

Izishunqulelo 1

Isigaba A: Ushwankathelo Nohlaziyo Lwesicwangciso Esiliqilima

A.1 Iinkalo Ekujoliswe Kuzo Neenjongo Ezicwangcisekileyo 2

A.2 Imingeni Elijongene Nayo Icandelo leMfundo 8

A.3 Iinkalo Ezifikelelweyo Ukuza Kuthi Ga Ngoku 13

A.4 Indlela Eya Phambili 16

A.4.1 Iinkonzo Zezikolo Zompeleso (*Pre-School Services*) 16

A.4.2 Izikolo 16

A.4.3 Iikholeji Ze-FET 21

A.4.4 Imfundo Yabantu Abadala 22

Isigaba B: Izicwangciso Zamacandelo, iiProgram neeProgramana

B.O Icandelo Lemfundo Yephondo 23

B.1 Ulawulo 33

B.2 Izikolo zikarhulumente Zesiqhelo 42

B.3 Uncediso-Mali Lwezikolo Ezizimeleyo 65

B.4 Imfundo Yezikolo Zikarhulumente Ezizodwa 69

B.5 Imfundo Yecandelo Le-FET 72

B.6 Imfundo Yabantu Abadala 77

B.7 Imfundo Yabantwana Yasekuqaleni 80

B.8 Iinkonzo ZeNkxaso-mali Nezinxulumene Nazo 83

B.9 Ukusetyenziswa Kwesicwangciso Sotyalo-Mali Kulwakhiwo, Ulondolozo Nolawulo Lweempahla 90

Isihlomelelo

ICandelo C: Iithagethi Zekota neZonyaka 93

Isihlomelelo A: Imilinganiselo yeNtsebenzo 98

Ishedyuli 1 – Amanqwanqwa Okuma Kwesebe Lemfundo LeNtshona Koloni 113

Iinkcazelo zamagama namabinza

Iinkcazelo zeentsingiselo zamagama asetyenziswe apha kulo mqulwana zinikiwe ngezantsi apha.

INjongo ezilinganiselwayo (i-MO)

Iinjongo ezilinganiselwayo ziinjongo okunokuthi kulinganiseke lula ukufezekiseka kwazo. Ujoliso lwazo olukhulu luba kwizinto eziqhelekileyo ezifana nofikeleleko, ukwanela, ubulungisa, ucikizeko, iziphumo nomgangatho. Zihambelana ngqo neenjongo ezicwangcisisekileyo. Ubuninzi beenjongo ezingqinisisekayo zinxulumana nomsebenzi othile kuhlahlo-mali lwephondo, nangona zisenokubakhona ezichaphazela icandelo lilonke nje ngokubanzi.

Imilinganiselo yeNtsebenzo(i-PM)

Imilinganiselo yeNtsebenzo eziphumo zesizwe ezinxulumene namanani-nkcazo athile. Isetyenziselwa ukujonga ubungakanani bomsebenzi owenziweyo kwicandelo lemfundo. Imilinganiselo yeNtsebenzo ingqamene nenjongo enokulinganiswa ethile. Imilinganiselo yeNtsebenzo ngamanye amaxesha iba ngamanani-nkcazo amaxesha athile.

Iithagethi zoKwenziwa koMsebenzi (i-PT)

Iithagethi zokwenziwa komsebenzi lixabiso (umthamo) eliboniswa ngenani kwixesha elithile phambili phaya ngokuphathelele kwisingqinisiso sentsebenzo. Iithagethi zomsebenzi zibonakalisa indlela ethe ngqo ekuza kwenziwa ngalo uphuculo olucetywayo kwicandelo lemfundo.

INkalo ekujoliswe kuyo (i-SG)

Iinkalo ekujoliswe kuzo ziinkalo ezibonakalisa icala ngakulo imfundo yaphambi kwamaziko emfundo ephakamileyo, kwixesha eliphakathi neliphambili phaya Ziba phaya phezulu kuluhlu lwezinto ezicwangciselwe ukwenziwa.

INjongo eCwangcisekileyo (i-SO)

Iinjongo ezicwangcisekileyo zikwinqanaba elilandela iinkalo ekujoliswe kuzo. Olwazo ujoliso luthe ngqo noko lona kunoluya lweenkalo ekujoliswe kuzo. Ubuninzi beenjongo ezicwangcisekileyo zinxulumana nomsebenzi othile kuhlahlo-mali lwephondo, nangona zisenokubakhona ezichaphazela icandelo lilonke nje ngokubanzi.

Izishunqulelo

ABET	Imfundo yabantu abadala
AFET	Imfundo noqeqesho lwabantu abadala eqhubekayo
ASGI-SA	IPhulo likaRhulumente eliKhawulezileyo loHlumo (i-ASGISA)
CEM	IBhunga labaPhathiswa bezeMfundo
CEO	IGosa eliPhezulu eliLawulayo
CLC	Iziko loLuntu lokufunda
CTI	I-Cape Teaching Institute
DoE	ISebe leMfundo leSizwe
DTC	IKomiti yoQeqesho yeSebe
ECD	Uphuhliso lwemfundo yabaqalayo
EE	Ubulungisa kwezeNgqesho
EFA	IMfundo yabo Bonke
EMDC	IZiko loLawulo noPhuhliso
EMIS	INkqubo yoLawulo lweNgcombolo yoLwazi
EPWP	INkqubo kaRhulumente yeMisebenzi yoLuntu
ETDP	IMisebenzi yeMfundo, uQeqesho noPhuhliso
EWP	INkqubo yeNtlalontle yabaSebenzi
FET	Imfundo noQeqesho oluQhubekayo
FETC	IsiQinisekiso seMfundo noQeqesho oluQhubekayo
FETMIS	Inkqubo yolawulo lolwazi lwezemfundo noqeqesho
FTE	Ilingana nokuba sesikolweni ngokupheleleyo
GET	Imfundo noqeqesho jikelele
GETC	IsiQinisekiso semfundo noqeqesho jikelele
HCDS	IsiCwangciso soPhuhliso lweZakhono zoLuntu
HCPT	IQela leProjkethi yeKhapitali yoLuntu
HEDCOM	IKomiti yeeNtloko zamaSebe eMfundo
HEI	Iziko leMfundo ephakamileyo
HRD	Uphuhliso lwemithombo yoluntu
ICT	Ubuchwepheshe kwezeNgcaciso yoLwazi noqhagamshelwano
IQMS	INkqubo eHlanganisiweyo yoLawulo loMgangatho
LOGIS	INkqubo yoNgqamaniso lweNgcombolo yoLwazi
LSEN	Abafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa
LTSM	Izixhobo zoKuxhasa uKufunda noKundisa
MEC	ILungu leBhunga lesiGqeba
MEDS	IsiCwangciso-qhinga soPhuhliso oluncinane
MSP	IsiCwangciso seNkqubo eNkulu
MTEF	ISakhelo senkcitho yexeshana eliphakathi
NCS	INkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke
NGO	Umbutho ongenanto yakwenza norhulumente
NQF	Isakhelo seziqinisekiso nezithwaselo zemfundo sesizwe
NSNP	Inkqubo yesondlo yesizwe ezikolweni
NSSF	IMimiselo neMigangatho yeNkxaso-mali ezikolweni
PED	ISebe lePhondo lezeMfundo
PFMA	UMthetho wokuPhathwa kwezeMali zikaRhulumente
PPP	Ubambiswano phakathi kukaRhulumente nababucala
QUIDS-UP	Iprogram yokuPhuculwa koMgangatho, uPhuhliso, neNkxaso
RCL	IBhunga eliMele abafundi
RPL	Ukwamkeleka kweMfundo yangaphambili
SAQA	UGunyaziwe weZiQinisekiso neziThwaselo zemfundo waseMzantsi Afrika
SASA	UMthetho waseMzantsi Afrika weziKolo
SDA	Isivumelwano seNtsebenziswano kuhanjiso lwenkonzo
SDIP	Isicwangciso/inkqubo yophuculo lohanjiso lwenkonzo
SETA	Gunyaziwe weCandelo lezeMfundo noQeqesho
SGB	Ibhunga loLawulo leSikolo
SIP	Isicwangciso sophuculo lwesikolo
SITA	I-arhente yeNgcombolo yoLwazi yeSizwe kwezeTekhnoloji
SMT	Ikomiti yoLawulo Lwesikolo
SPMS	Inkqubo yolawulo nophuhliso lokusebenza kwabasebenzi
SSE	Uvavanyo lwesikolo ngokwaso
WCED	ISebe leMfundo laseNtshona Koloni
WSE	Uvavanyo lwesikolo siphela
WSP	Isicwangciso sezakhono emsebenzini

Ushwankathelo Nohlaziyo Lwesicwangciso Esiluqilima

ICandelo A lesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka sicacisa imingeni i-WCED ejongene nayo ngokuphathelele nemiba yezentlalo nobume bedemografiki yoluntu ebangela uxinzelelo, ngokwemigaqo-nkqubo yemfundo kwakunye nezicwangciso eziluqilima ezandlalwe phaya kwi*siCwangciso esiluQilima seNtsebenzo seMinyaka eMihlanu 2005/06-2009/10* (*Five-year Strategic and Performance Plan 2005/06 – 2009/10).* Kananjalo sikwacacisa nempumelelo efikelelweyo yi-WCED ekukhawulelaneni nale mingeni. Ziyacaciswa nezicwangciso eziluqilima zokuya phambili, njengoko zibekiwe kwi*siCwangciso seNtsebenzo seMinyaka eMihlanu - 2005/06 – 2009/10*, nakwizilungiso ezithe zenziwa kuso kamva.

A.1 IiNkalo ekuJoliswe kuzo neeNjongo zesiCwangciso

Intshayelelo:

Imisebenzi neembopheleleko ezingundoqo

Owona myalelo ungundoqo oya kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (i-WCED) ngowokuba : “Makufundiswe imfundo esemgangathweni kubo bonke abantu bethu, ngenjongo yokuba kukhuliswe uqoqosho lwethu nolwelizwe lethu.”

Imisebenzi engundoqo yesebe yile:
- Ukuphuhlisa ikharityhulam nokuyenza ifikelele kubo bonke
- Kukuphuhlisa iinkqubo zokuxhasa imisebenzi yolawulo neyokuphathwa kwezimali
- Ukuphuhliswa kwamaziko emfundo neenkqubo eziwaxhasayo, izakhelo nezicwangciso zawo

Umbono

IKhaya Lokufunda Lomntu Wonke[1].

Umnqophiso

Umnqophiso[2] wethu kukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana
ulwazi abalufunayo, ngokunjalo nezakhono neempawu zentsulungeko abazifunayo ukuze:

- Baphuhlise iitalente zabo
- Benze igalelo kuphuhliso lwentlalo noqoqosho
- Bathabathe inxaxheba ngokupheleleyo kokuqhubeka kweli lizwe
- Bakwazi ukukhuphisana namanye amazwe, kananjalo
- Bakhe iindawo ezihlalwa ngabahlali abakwaziyo ukulawula ubomi babo ngempumelelo nangendlela enesidima.

Iinkonzo Eziphambili

- Kukulungiselela wonke umsebenzi wokuceba nowokulawula inkqubo yezemfundo iphela.
- Kukulungiselela inkxaso kuwo onke amaziko emfundo karhulumente.
- Kukulungiselela imfundo kuzo zonke izikolo zikarhulumente.
- Kukuxhasa izikolo ezizimeleyo.
- Kukulungiselela imfundo kwizikolo zikarhulumente zabo baneentswelo ezikhethekileyo.
- Kukulungiselela iMfundo noQeqesho oluQhubekayo kwikholeji zikarhulumente ze-FET.
- Kukulungiselela iMfundo YaBantu Abadala kumaziko okufundela oluntu.
- Kukulungisela iMfundo noPhuhliso lwaBasaqalayo (ECD) kwibakala-R
- Kukulungiselela uphuhliso lwezakhono zabantu kwabo bangootitshala nabo bangengabo.

[1] Esi siyinxalenye esisiseko yombono wephondo othi “iKapa Elihlumayo” wokwakha nowokwabelana “ngeKhaya Lethu Sonke”
[2] Njengoko wawutyhilwe “kwsiCwangciso soPhuhliso lweZakhono zoLuntu ” sephondo

Ukufak'isandla ekusombululeni iingxaki zasentlalweni ngokunabisa ngokubanzi ulwazi malunga nento eyiyo i-HIV/AIDS; ukulungisela abantwana abaye bafunyaniswa behlelelekile kwaye belambile kwizikolo zaseprayimari ukuba bafumane ukutya ukuze bafunde kakuhle esikolweni kuquka nokukhuthaza ukuba izikolo zibe yindawo enqabisekileyo.

A.1.1 Ukuhlaziywa kwesicwangciso esiluqilima

Umngeni ajongene nawo urhulumente osakhulayo ngowokungenelela ngoncedo ukuze alungise imeko. Ngenxa yoko isicwangciso esiluqilima se-WCED sicetyelwe ukuyiguqula le meko iqhubekayo ngenjongo yokuhambisela phambili umgangatho wemfundo kubantu abakwezona ndawo zihlelelekileyo. Ngokuvumelana noku, izicwangciso eziluqilima ziqulethe iinjongo eziphambili zexesha elifutshane nezo zexesha elide.

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka (i-APP) sisixhobo esiphambili sokuqonda indlela enefuthe ngayo imigaqo-nkqubo yephondo nendlela esisabela ngayo kuyo. Kunyaka-mali wowe-2008/09 isebe liye lahlolisisa kokubini i-APP kwakunye nohlahlo-mali ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba la maxwebhu ayahambisana nezi zinto zilandelayo: izinto eziza kuqala ezikumgaqo-nkqubo owandlalwe kumbono wephondo leNtshona Koloni, othi "iKhaya Lethu Sonke", isicwangciso sokukhula nophulhiso lwephondo, esibizwa ngokuba iKapa Elihlumayo[3], nesiCwangciso soPhuhliso lweZakhono zoLuntu (i-HCDS), izinto eziza kuqala kwimigaqo-nkqubo yePalamente yePhondo, izinto eziza kuqala kurhulumente wesizwe, kuquka nePhulo likaRhulumente loKwabelana ngoHlumo oluKhawulezisiweyo (i-ASGI-SA) neZinto Eziza kuQala zeSebe lezeMfundo (lesizwe) ezicetywe ngaphantsi kweSikhokelo seNkcitho yeXesha eliPhakathi (ii-MTEF) zowe-2006, 2007 nowe-2008.

Indlela emiswe ngayo i-APP yile ifanayo imiselwe onke amasebe liSebe leNgxowa- mali yeSizwe kunye neSebe leMfundo kuNdlunkulu (i-DoE) elungiselelwe onke amasebe emfundo amaphondo.

A.1.2 Imigaqo-nkqubo, izinto eziphambili ngokubaluleka neenkalo ekujoliswe kuzo

Ukuxhamla kwimfundo esisiseko kulilungelo elisisiseko analo umntu wonke, elimiliselwe nzulu kungekuphela nje kuMgaqo-siseko wethu, kodwa kwanakwamanye amaphulo aye amkelwa kwizizwe ngezizwe anjenge-*Millenium Development Goals* nese-*UNESCO* esithi iMfundo Kubo Bonke. IsiCwangciso se*Millenium Development Goals* sibophelela urhulumente ukuba anciphise indlala ngesiqingatha aze anciphise ukungabikho kwemisebenzi ngezicwangciso ezikhuthaza ukwandiswa kotyalo-mali ekuphuhlisweni kwezakhono zoluntu. Ukuvelisa abantu abafundileyo nje ngokubanzi, ukwakha iqela lezakhono ezifanelekileyo, ukuphuhliswa kwezikolo njengamaziko emfundo nokufundiswa okusemgangathweni, ukugcina abafundi befunda nootitshala befundisa, zizonke ezi zizibakala ezingundoqo ezizisa impumelelo ukuze zifikelelwe ngempumelelo ezi ziphumo.

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka siphenjelelwe ngokungqalileyo lifuthe lezinto eziza kuqala ezaphunyezwa liBhunga labaPhathiswa bezeMfundo, (i-CEM) ngolu hlobo lulandelayo:

Kwi-MTEF yowe-2006, oko kukuthi, kwisithuba esifikelela kowe-2008/09, kulungiselelwe ezi nkalo zilandelayo: izinga eliphezulu ngokuxhaswa ngokutsha ngemali kwe*program yokuPhuculwa koMgangatho*, *uPhuhliso neNkxaso (Quality Improvement, Development, Support and* ***Upliftment*** (*QIDS-UP)* kwizikolo zikarhulumente; ufikelelo kunye nolingano kumiliselo ngokunzulu 'lwezikolo ezingahlawulisi zifizi' nokwandiswa kweBakala R ukuqinisekisa ufikelelo ngokubanzi; uzinziso lwekharityhulam ngokumiselwa ngokunzulu kweNkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke (i-NCS) kumaBakala 8-12 nophuhliso lootitshala; ukubeka esweni nokwakha umkhanyo ngokuphuculwa kwe-EMIS nokuphuculwa kwezixokelelwano zemithombo yoluntu nokuxhotyiswa kwabo.

Kwi-MTEF yowe-2007, oko kukuthi isithuba ukuya kuma-2009/10, amaphulo ecandelo lakwandlunkulu ajolise ekuphuculeni umgangatho wemfundo. Oku kubandakanya uvandlakanyo oluzingisileyo kunye neenkqubo zoqeqesho nophuhliso lootitshala abasenkomeni ukunceda ukuphucula umgangatho wokufundisa ingakumbi kwezo zifundo zibaluleke kakhulu njengemathematika kunye nezifundo ngezobomi, iBakala R nophuculo lolawulo ezikolweni ngokubanzi. Inkqubo yokufundiswa kwabadala ngokubanzi, eza kuphuhliswa ize isungulwe liSebe

[3] "IKapa Elihlumayo", ligama lesiXhosa elalingumxholo osisiseko woRhulumente wePhondo ukususela kuhlahlo-mali lowe-2004/05 ukusa phambili. Lo mbono uye waguqulwa wenziwa isicwangciso esingongoma zisibhozo esiya kukhokela urhullumente namaqabane ache asentlalweni ukusa kowe-2014.

leMfundo kuNdlunkulu ngonyaka ka-2007/08 ukujamelana nemingeni yokukwazi ukufunda okungundoqo njengelungelo laye nabani na kwananjengegalelo lokudala ubumbano kwezentlalo, lelinye iphulo eliphuma kundlunkulu likazwelonke. Oku kuza kwenziwa kubanjisenwe nemibutho engenanto yakwenza norhulumente, amaziko emfundo abafunda kuwo abantu abadala kunye namatshantliziyo.

Kwi-MTEF yowe-2007, oko kukuthi isithuba ukuya kuma-2010/11, amaphulo ecandelo lakwandlunkulu ajolise koku: ulwakhiwo lwezikolo nokugcinwa kwazo zisemgangathweni; ukuqeqeshwa kootitshala be-ECD (UPhuhliso lweMfundo YabaQalayo) kumaziko e-ECD; imfundo equka bonke neZikolo zeeMfundo Ezikhethekileyo; ukwandiswa nokuphuculwa okuqhubekayo kumgangatho weBakala R; ukulungiselela izixhobo zokuxhasa abafundi kumaBakala 10 ukusa kwele-12 ukuze kuqaliswe ukusetyenziswa kwenkcazelo yekharityhulam; nokwandiswa kwecandelo leeKholeji ze-Fet nokwandiswa banzi kwesiCwangciso seSizwe seSondlo eZikolweni.

Izinto eziphambili aza kuzibeka esweni uMphathiswa wezeMfundo kwiPhondo kukuphuculwa komgangatho woLwazi loKufunda noKubhala noLwazi lokuBala; ukuLungelelaniswa ngokutsha kwe-WCED; ukuphunyezwa ngempumelelo kwekharityhulam ye-FET nokwandiswa kwecandelo leeKholeji ze-FET; uKhuseleko lweZikolo, ukuphuculwa kwezakhiwo zokufundisela nokuphuculwa kweZakhono zasentlalweni. Ezi nkalo, kuquka nogxininiso oluza kwenziwa kwi-ECD, kwi-ABET nasekuphuculweni kwenkqubo yesikolo, zishwankathela izinto ekugxininiswa kuzo kwesi sithuba seminyaka emi-5.

Imigaqo-nkqubo ephangaleleyo, izinto eziza kuqala zezicwangciso eziluqilima ze-WCED ebekuthethwe ngazo kwisicwangciso seminyaka emiHlanu ziqukwe kwisiCwangciso soPhuhliso lweZakhono zoLuntu (i-HCDS), esaphehlelelwa ngoMatshi 2006. Kumele kuphawulwe ukuba i-HCDS yawuchaza umsebenzi wayo ngala mazwi: “Ukuze lukhuthaze ingcamango “yokunabela kwiinkalo zonke” (*holism)*, olu xwebhu lwesiCwangciso luya kuquka uxwebhu lwe-WCED oluyi-*Education Vision 2020* nesiCwangciso Esiluqilima semiNyaka emi-5 seli Sebe.” I-HCDS ililitye lembombo lesiCwangciso iKapa Elihlumayo esinenjongo yokuvelisa ubutyebi kubo bonke, sinike ithemba elitsha size sibuyisele isidima somntu size senze “iKhaya Lethu Sonke” njengabemi beli phondo. Ngesi sicwangciso iNtshona Koloni inenjongo yokuzalisekisa ukuzibophelela kwayo ngeliphumeza ukwabiwa kwezinto ngokulungeleleneyo kubo bonke nokulungisa umonakalo wexa elidluleyo, ukunciphisa ubuhlwempu, ukudala amathuba omsebenzi nokuxhobisa abantu baseNtshona Koloni ngezakhono ukuze babe ngababangeli benguqu. Ngokusebenzisa i-HCDS yephondo, i-WCED inenjongo yokudala imeko-bume efanelekileyo ukuze kuqisekiswe ukuba bonke bayafikelela, nokuze ulutsha lweli phondo luvelise ulwazi, izakhono, iimpawu zentsulungeko nezimo zengqondo eziya kuphumela kukukhula okuya kuqhubeka ixesha elide nakuphuhliso oluhlala luhleli.

Kuye kwachongwa imingxilo emine njengesisiseko sokumilisela i-HCDS ngokuzinzileyo.

1. Ukuphucula iimeko zemfundo:

   Iinjongo eziphambili zesebe kwisithuba sowama-2008/09 – 2010/11 zibandakanya oku-

   a) Isigaba sesibini somiliselo ngokukuko lwesakhelo esiphezulu esitsha solawulo seSebe leMfundo leNtshona Koloni luza kuqinisekisa ukuba isebe likwimeko encomekayo yokumilisela i-HCDS nokuze wonke ummi waseNtshona Koloni atsho afumane ukumelwa kweli sebe.
   b) Uphuhliso oluqhubekayo lwemigaqo-nkqubo nezitratheji eziphambili zesebe lemfundo lephondo njengoko ezi zalathwe kukuphicothwa komgaqo-nkqubo okuza kwenziwa liSetyana lokuLungelelaniswa koMgaqo-nkqubo elisandul’ ukusekwa.
   c) Uphuhliso lwezicwangciso zengqesho zangaphakathi kwezemfundo oluya kuba sisikhokelo soko kuya kucetywa kuze kwenziwe kwisigaba sorhulumente wasekuhlaleni.
   d) Ukuqinisekisa ukuba inkqubo yolandelelo lwabafundi iyasebenza kuze kusungulwe umilisewe i-FETMIS kwiikholeji zeFET.
   e) Zonke izikolo kufuneka ziphuhlise izicwangciso zazo zophuculo (i-SIP) kwaye zisete neethagethi, eziza kuba sisiseko senkxaso evela kubasebenzi abanika inkxaso abasezithilini, kunye nokuqhutywa kwenkqubo yovavanyo lwesikolo sonke (i-WSE) ubuncinane izikolo ezingama-30 ngonyaka.
   f) Uphuhliso lwezakhono zoluntu kwisebe kodwa kugxininiswa kakhulu kootitshala (uphuhliso oluqhubekayo nolukhawulezayo) - ngokuqinisekisa ukuba banefuthe elivakalayo kwaye bayakwazi nabo ukunika ingxelo ethe vetshe ngokweNkqubo eHlangeneyo yoLawulo lweMigangatho (i-IQMS).
   g) Ukuqaliswa kwezifundo ezingumhlahla-ndlela zoshishino lokulawula izikolo ngowe-2008.
   h) Ukuphuculwa kwazo zonke iinkalo zokuphathwa kwemali neembopheleleko zokuphendula ukuba ekugqibeleni kude kufikelele kwiNqanaba 4 elinokuphicotheka kwisebe.

2. Ukuphucula imeko-bume yemfundo:

Iinjongo eziphambili zesebe (njengoko zityhilwe kwi-HCDS) kwisithuba sowama-2008/09 – 2010/11 ziquka oku -

a) Uphuculo nophuhliso oluqhubekayo lokhuseleko ezikolweni kugxininiswa ekuphuculweni kokhuseleko lwezakhiwo zamaziko ezikolo ingakumbi ezo zisesichengeni ukuqinisekisa ummandla wokufunda okhuselekileyo.
b) Ukwakha izakhono zasentlalweni kwimfundo, ngokuthi, phakathi kwezinye izinto, ngokuqinisa umbutho osandul' ukusekwa wootitshala abadla umhlalaphantsi , ukuxhaswa kwezikolo ekusekweni kweMibutho yaBafundi Bamhla mnene (i-*Past Pupils' Associations*), iphulo lokuba omnye efundise omnye nokulungiselela amaqonga amabhunga alawula izikolo (i-iSGB). Uqeqesho nenkxaso kwii-SGB nee-RCL luza kuthi chatha kuba kujoliswe ekuphuculweni kothabatho-nxaxheba nobunkokheli ukumelana nemingeni eyahlukeneyo evelayo ejamelene noluntu olusezikolweni.
c) Uphuhliso lwezitratheji zoLondolozo neNkxaso ezilungiselelwe abantwana abasesichengeni.

3. Ukuphucula umgangatho wemfundo:

Iinjongo eziphambili zesebe (njengoko zityhilwe kwi-HCDS) kwisithuba sowama-2008/09 – 2010/11 ziquka oku-

a) Inkxaso engagungqiyo kubuchule bokukwazi ukufunda nokubala kwizikolo zaseprayimari.
b) Ukuphangalaliswa ngakumbi kwenkqubo ye-QiDS-UP ejoliswe ikakhulu kwezo zikolo zizezona zitsala nzima kakhulu ngokwekhwantayle yesizwe 1 neye-2 ngowe-2008/09 ukuqinisekisa ukuba ezo zikolo zifumana imithombo yoncedo engundoqo kwezolwakhiwo, ukufunda nokufundisa, ezoluntu nezemali ukuze umgangatho wokufunda nokufundisa ube yimpumelelo.
c) Ukubekwa esweni nokuphononongwa kweeprojekthi ezikwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa: iDinaledi, iQIDS-UP ne-NSLA.
d) Ukusetyenziswa komzekelo wocalulo oza kumisela owona mgangatho uphantsi omele ufikelwe ngala maziko emfundo.
e) Ukuqaliswa kwenkqubo yokuVavanywa kwamaZiko aziikholeji, amaZiko e-AET nawe-ECD.
f) Ukuphuhliswa kwemilinganiselo yokulindelekileyo ekwenziweni kweenkonzo zizithili.
g) Ukwandiswa ngakumbi kweBanga R ukuya kuthi ga kubafundi abangama-6000 kwiiklasi ezintsha ezimalunga nama-200, kubandakanya ukwabiwa kwenkxaso-mali enyukileyo ngokwefomyula ekuvunyelwene ngayo kumaziko akuluntu oluhlwempuzekileyo nolusemaphandleni, nokunikezelwa kweekiti ezintsha zokufundisa nokufunda ezincedisa abafundi ukuhlangabezana neemfuno zekharityhulam yesizwe, ukwenziwa koqeqesho lootitshala abangama-2600 abaqeqeshelwe ukufundisa abo basaqalayo (i-ECD) kunye nophuhliso lwesicwangciso esihlangeneyo semfundo yabasaqalayo kunye namanye amasebe esibambisene nawo njengelophuhliso loluntu, elezempilo nelikarhulumente wasemakhaya.
h) Ukumiselwa kwesiCwangciso Esiluqilima soNcediso lwabaFundi (i-LAS) ukunciphisa inani lezikolo ezenze ngaphantsi kwama-60% kwiimviwo zeBanga leMatrikhi.
i) Uphuhliso oluqhubekayo loqeqesho lweenqununu kwezomsebenzi kunye nootitshala i-*ACE* kunye ne-NPDE apho iinqununu ezili-160 zithe zabhalisela iminyaka emibini ye-ACE kunye nama-500 ootitshala ababhalisele ezinye izifundo.
j) Ukunatyiswa kwamaziko angama-200 angakumbi eekhompyutha njengenxalenye yeProjekthi kaKhanya yeThekhnoloji kwezeMfundo.

4. Ukwandisa izakhono nesiseko kumabanga emfundo ngokuxhasa isiCwangciso soPhuhliso soQoqosho oluPhakathi (i-MEDS):

Iinjongo eziphambili zesebe (njengoko zityhilwe kwi-HCDS) kwisithuba sowama-2008/09 – 2010/11 ziquka oku-

a) Isigaba sokugqibela sohlaziyo ngokutsha lwazo zontandathu iiKholeji zeFET, kugxininisa kulwandiso lweziko leKholeji yaseWest Coast, ukuqinisekisa uphuhliso lwezakhono ezihambelana ne-MEDS kunye neemfuno zelizwe njengoko zichaziwe kwisicwangciso sophuhliso sesizwe semithombo yoluntu.
b) Ulwandiso lwamanqanaba entatho-nxaxheba kwiMathematika, iNzululwazi ngezobuGqi kunye neThekhnoloji ngokusungulwa okuqhubekayo kwezikolo eziKhethekileyo nokwandiswa kwenani lezikolo zeDinaledi nophuculo lwamanqanaba okupasa kwiBakala 12 ngezatifikethi zokwamkeleka kumaziko emfundo aphakamileyo kunye nezifundo zeMathematika neNzululwazi.
c) Ukuxhotyiswa ngezinto zokusebenza kwezikolo ezitsha ezibini ezisandul' ukwakhiwa zezakhono (eMitchell's Plain naseGugulethu).
d) Ufikelelo olwandisiweyo kwi-ABET ngokweNqanaba 1 nele-2 eliqulunqiweyo kwikharityhulam kula maziko.

Eyona nkxalabo inkulu esizweni ngokubanzi kukufumaneka okunganqamkiyo kootitshala abatsha abagayelwa le nkonzo. IsiCwangciso seBhasari iFunza Lushaka sowe-2007 silungiselele ukuba kufumaneke iibhasari ezihlawulela zonke iindleko ukunceda abafundi abafanelekayo ukuba basigqibe ibanga lemffundo elipheleleyo kuloo mngxilo ugqalwe njengowona ubalulekileyo ngokwesicwangciso sesizwe. Abo bafumana ezi bhasari kulindeleke ukuba bafundise kwisebe lezemfundo lephondo ithuba elilingana nelo minyaka bebebonelelwe ngayo ngemali yokufunda.

IZinto eziNgundoqo Ezimele Zifezwe Yi-WCED kwisithuba sowe-2008/09[4]

1. Ufikelelo (kuquka olwaneleyo nolungenamagingxi-gingxi)

1.1. Kukulungiselela izicwangciso zemfundo ekumgangatho ophezulu (kwiBakala R) kubo bonke abantwana abaminyaka mihlanu baseNtshona Koloni ngowe-2010;
1.2. Kukulungiselela izicwangciso zemfundo ekumgangatho ophezulu kubafundi beBakala 1-9 ukuze abafundi beCandelo leMfundo noQeqesho Oluqhubekayo (i-GET) benezakhono ezikumgangatho ophezulu wokuluqonda ulwimi nemathematika zinto ezo eziyimfunekp ukuze baphucule amathuba abo okufumana imali engakumbi nokuqhubela phambili nemfundo;
1.3. Kukwandisa inali labantwana ababudala beminyaka isusela kweli-15 ukusa kweli-17 ababhalise kwizicwangciso ezifanelekileyo zemfundo ezikhokelela kwingqesho okanye kufikelelo kwimfundo ephakamileyo;
1.4. Kukwandisa inani labafundi abafikelela kwizicwangciso zeMfundo yaBadala.

2. Ukulungisa umonakalo wexa elidluleyo nokuxhamla ngokulinganayo kwizibonelelo

2.1. I-QIDS-UP: Ukunatyiswa ngokubanzi kwenkxaso kwizikolo ezikwikhwintayile 1 -3 yesizwe ukuze kukhawuleziswe ulwakhiwo lwamagumbi okufundela, amathala eencwadi, izixhobo zokusetyenziswa nokuphunyezwa kwekharityhulam kusetyenziswa iindlela eziphawuliweyo zokwenza oko.
2.2. Izibonelelo zezakhiwo zezikolo/iimpawu zezakhiwo ezakhiwe ngokukhuselekileyo kwizikolo ezisemngciphekweni: Kumele kutyalwe amagosa okhuseleko, iikhamera ezifihlakeleyo (ii-CCTV) kwizikolo eziphawulelwe oko, ize ibandakanyeke ngakumbi iNkonzo yaMagosa Aphezulu ukuze ixhase izikolo aze aqinise nobuhlakani namaqabane awo;
2.3. Izikolo zeeMfuno zeMfundo ezizodwa nezeDinaledi: Zimele zandiswe ezi zikolo ukuze kulungiselelwe abafundi ukuba bafikelele kwezo zifundo bazikhethileyo nakumathuba abaewavinjiwe ngaphambili.

[4] Ngenxa yokuba iziLinganiso zoMsebenzi Owenziweyo ezayanyaniswe ne-APP zakhelwe kwisakhelo sofikelelo, ukulungiswa komonakalo wexa elidluleyo, ubulungisa, ucikizeko, umgangatho nokugqiba, "iZinto eziNgundoqo Ezimele Zifezwe yi-WCED ngowe-2008/09" zibekwe ndawonye ngokufanelekileyo. Ukusetyenziswa ngolu hlobo kwale miba izizikhokelo kuyinxalenye yesigqibo sowe-2008/09 sokusebenzisa i-APP njengoxwebhu oluthetha into ehlangeneyo, emanyeneyo neneengenelo ezinkulu noluthi ngokunyanisekileyo lusetyenziselwe ukuguqula injongo esisicwangciso ibe ziziphumo ezifikelelekayo.

3. Ukusebenza ngempumelelo

3.1. Simele siphunyezwe esi siqalo sincinane sokuyilwa ngokutsha kwe-WCED ukuze ikwazi ukuphumeza ngokona kulunge ngakumbi i-HCDS nokuze iqiniseke ukuba bonke abemi beli phondo bamelwe kakuhle. Oku kuyilwa ngokutsha kweli sebe kuya kulinceda ukuba lihlangabezane ngokulunge ngakumbi nemfuno zezikolo;

4. Umgangatho wobunjani

4.1. Kumele kuqhutywe uVavanyo lweSikolo Siphela (i-WSE) kwizikolo ezingama-30 (njengenxalenye yenkqubo ebanzi yokomeleza ukuziphendulela, umgangatho wobunjani, njl.)
4.2. Makuphuculwe izakhono zeenqununu nootitshala ngokuthi babhalise kwizicwangciso ezinjengeSatifikethi i-ACE nediploma.

5. Iziphumo

5.1. Ukuhlaziywa ngokutsha kwazo zo-6 iiKholeji ze-FET nokuba makuxhaswe ukwandiswa kwazo okuqhubela phambili.
5.2. Ukunatyiswa kwamaziko angama-200 angakumbi eekhompyutha njengenxalenye yeProjekthi kaKhanya yeThekhnoloji kwezeMfundo.
5.3. Ukuphuculwa komgangatho wokufunda nokubala kwizikolo zaseprayimari
5.4. Ukumiselwa ngempumelelo kwe-NCS, kwiBakala 12 ngowe-2008

Izixhobo Ezincedayo

Ekubeni sele zityhiliwe zonke ezi zinto zingasentla, kwaye isebe liqhutywa lifuthe lokufuna ukuyenza imfundo ifikeleleke, ukulungiswa komonakalo wexa elidluleyo, ukuxhamla kwizibonelelo ngokulinganayo, ukusebenza ngokutyibilikayo, umgangatho ofanelekileyo naziziphumo, isebe i-WCED liyazibophelela ekusebenziseni ezi zixhobo ziluncedo kwisithuba sowe-2008/09:

- Ukuxonxa nokulawula iimfezo eziphuculiweyo zeziphumo zoko kufundwayo ngokumiselwa kweethagethi emazifikelelwe nokuphenduliswa ngazo.
- Inkxaso ephuculiweyo nengqalileyo/ejolisiweyo eya kootitshala ukuba bavelise kokubini ubungcali (ukuba ngabenza izinto ngendlela evelisa iziphumo) nokwaneliseka emsebenzini (iinkalo ezichaphazela indlela avakalelwa ngayo) – oku kuthetha ukuba kumele kubekho izicwangciso zenkqubo eziphuculiweyo nonxibelelwano oluphuculiweyo.
- Ukuzalisa izikhewu ezikhoyo kwimigaqo-nkqubo yephondo nakwindlela esetyenziswa ngayo le migaqo-nkqubo.
- Ukuyiphumeza ngokuzeleyo imigaqo-nkqubo yesebe lezemfundo kundlunkulu.

Ngenxa yoko lo mbono uyanda usuka koku: IKhaya leMfundo Yethu Sonke ukusa koku “IKhaya Elisemgangathweni leMfundo Yethu Sonke” kwaye iinjongo zobuchule ezicwangcisekileyo ziphumela kumathuba awandisiweyo, intsebenzo ephuculiweyo nozinzo kwinkqubo yezemfundo.

Owe-2008 uthungulule sele ujongene nomngeni omtsha wokuphunyezwa koMthetho Ohlaziyiweyo, uMthetho 31 wowe-2007 kwiMthetho yeZemfundo, oya waqalisa ukusebenza ngoDisemba 31, 2007. Ukuqaliswa nokulungelelaniswa kwesicwangciso salo mthetho kuya kugxininisa kwiinkalo ezine ezingundoqo zoMthetho Ohlaziyiweyo kwiMithetho yezemfundo, oko kukuthi, ukugqogqa kungabhungiswanga kuze kuthinjwe ezo zinto zingafanelekanga zifunyenweyo, ukuvavanywa kuhlolwa usetyenziso lweziyobisi, imisebenzi neembopheleleko zeenqununu, ukuphawulwa kwezo zikolo zineziphumo ezingekho mgangathweni, imo nemigangatho yohlobo lwezakhiwo ezamkelekileyo, amandla esikolo kwanokufumaneka kwezixhobo zokuxhasa ukufunda nokufundisa.

A.2 Imingeni elijamelene nayo icandelo lemfundo

Imfundo eNtshona Koloni ijamelene nemingeni eyahlukahlukeneyo, oko kukuthi, imingeni yezentlalo nezoqoqosho, imingeni yomgaqo-nkqubo wesizwe/nephondo nemingeni yesebe.

A.2.1 Imingeni yezentlalo noqoqosho

Kule minyaka mihlanu idlulileyo uluntu lwaseNtshona Koloni luthe lwanda ngokothusayo kwaye oko kuyaqhubeka akubuyi mva. NgokweSaveyi yoLuntu *(Community Survey*) yowe-2007 ekhutshwe liSebe leNgcaciso-manani eMzantsi Afrika (i-StatsSA), iNtshona Koloni ilikhaya kuluntu oluzizigidi ezimalunga ne-5,279, kwaye elo nani limela i-10,9% yoluntu lonke luphela lwaseMzantsi Afrika. Izinga lokwanda koluntu eNtshona Koloni liqikelelwa kwi-16,7% ukususela kuBalo Lwabantu luka-2001 (*Census 2001*), nto leyo ethetha ukuba lowo ngowona mlinganiselo mkhulu wokukhula kwabemi kunalo naliphi na elinye iphondo. Oku kufudukela apha kwabantu, kuhlanganisene nokwanda kwemveli koluntu, kuye kwaneziphumo eziphawuleka kakhulu ekunyukeni kwamanani abo bangaqeshwanga kweli phondo, okuphawuleka ngakumbi phakathi kolutsha olukweli phondo.

I-*StatsSA* iqikelela ukuba imfuduko phakathi kwamaphondo eza kwenzeka ukususela kunyaka wama-2005 – 2015 iza kuphantse iilingane naleyo yaphakathi kowama-1996-2001. Amanani engqikelelo yemfuduko iyonke kwiminyaka emihlanu (+ uthetha imfuduko engenayo ngeli lixa u - ethetha imfuduko ephumayo) kumaphondo ukususela kowe-2006-2011
abonisiwe apha ngezantsi:

IPhondo	Ulwando / (ukuncipha)
IMpuma Koloni	(323 622)
I-Free State	(58 514)
IGauteng	533 410
iKwaZulu-Natal	7 707
ILimpopo	(252 928)
IMpumalanga	(42 190)
UMntla Koloni	(28 167)
UMntla-Ntshona	(64 176)
INtshona Koloni	228 480

Esinye isiphumo esingakumbi soku kwanda koluntu lwaseNtshona Koloni kukuba onke amaziko emfundo noqeqesho kwiphondo abe phantsi koxinzelelo lokwanda kwamanani kule minyaka mihlanu idluleyo: Amaziko e-ECD, izikolo, iikholeji ze-FET namaziko ka-ABET. Nangona kunjalo, olu lwando kumanani abafundi alunakuqikeleleka ngokuchanileyo. Oku kwenza ukuba nakuphi na ukucetywa kokuziswa kweenkonzo, ingakumbi amagumbi okufundela nootitshala, kube yinto enzima ngokwenene.

Ingcombolo yolwazi malunga nezikolo zesiqhelo zikarhulumente eNtshona Koloni ukususela kunyaka wama-1995 – 2008 inikiwe ngasezantsi kwiTheyibhile 1 ukubonakalisa ukukhula kwamanani abafundi kwiphondo nokubonakalisa umngeni wokuqala ekwenzeni iinkonzo iWCED ejamelene nako. Noxa amanani obhaliso ezikolweni encipha kwamanye amaphondo, iSebe leMfundo leNtshona Koloni lona liye laqhubeka lijamelene nokukhula kwamanani de kwangunyaka wama-2004. Ukukhula kwamanani okungaqhelekanga kunyaka wama-2003-2004 ukuya kutsho kuma-23 121 kwabangelwa uyekelelo kwinkqubo yobhaliso lwabafundi kwiBakala 1 olwaqala ngonyaka wama-2000 (kwaye oko kwaba kwanento yokwenza nokuncipha kwamanani abafundi ukususela kunyaka wama-1999 ukusa kowama-2000). ISaveyi yoNyaka wama-2005 yeZikolo ibonisa ukuba akukho kukhula kwamanani ukususela kunyaka wama-2004 ukuya kowama-2005, ngenxa yoku kukhula kwamanani kungaqhelekanga ngomnyaka wama-2004. Amanani ka-2006 afunyenwe okokuqala kwi-CEMIS abonisa ukuncipha okukhulu ukususela kunyaka wama-2005 ukusa kowama-2006. Ukukhula kwamanani ukususela kowama-2006 ukuya kowama-2007 kubangelwe kukukhula okuqhelekileyo obekulindelekile. Amanani owe-2008 afunyanwe kwisaveyi equphayo yomhla we-10 (*SNAP survey)* kwaye ukuhla kwamanani abafundi ukususela kowe-2007 ukuya kowe-2008 kubangelwe yisaveyi (*SNAP survey*) ngokuqhelekileyo, abe mancinane kuba inani elizeleyo labantwana alikabhalisi lonke ezikolweni.

ITheyibhile 1: Ubhaliso kwizikolo ezeqhelekileyo zikarhulumente 1995 – 2008

Nyaka	Gr 1	Gr 2	Gr 3	Gr 4	Gr 5	Gr 6	Gr 7	Gr 8	Gr 9	Gr 10	Gr 11	Gr 12	Total
1995	99 158	84 963	80 921	79 199	76 789	72 293	68 795	67 473	61 079	50 698	41 124	34 659	817 151
1996	99 998	84 845	81 137	79 996	77 673	74 142	69 474	72 116	62 696	54 440	43 574	36 764	836 855
1997	97 854	84 892	80 608	81 191	76 894	74 368	70 967	73 261	64 892	57 070	44 586	38 940	845 523
1998	99 380	90 168	85 625	85 188	80 881	76 716	73 928	76 949	67 644	61 926	46 115	40 980	885 500
1999	87 436	92 925	88 613	88 014	83 074	78 495	74 661	79 043	69 674	63 479	49 247	40 206	894 867
2000	64 844	81 865	92 343	91 949	85 766	80 658	75 813	80 026	70 634	63 840	48 934	40 996	877 668
2001	81 790	62 960	81 832	94 302	89 254	83 305	77 778	82 190	71 966	67 034	50 206	39 910	882 527
2002	86 969	77 026	64 134	83 022	93 188	86 786	80 865	75 601	80 450	69 752	51 618	40 468	889 879
2003	86 916	82 454	75 931	66 033	82 383	92 341	84 514	81 154	73 200	81 739	51 746	39 644	898 055
2004	104 105	82 130	81 489	76 781	66 060	82 574	89 614	85 053	78 964	80 756	54 199	39 451	921 176
2005	93 515	94 231	80 695	80 809	74 984	66 141	81 953	88 778	82 169	81 577	56 657	39 303	920 812
2006	90 346	85 738	89 955	80 398	77 835	73 096	65 090	80 665	81 869	84 095	57 385	38 845	905 317
2007	92 794	82 548	83 900	89 960	78 658	78 007	72 726	66 403	80 698	86 494	61 938	41 301	915 427
2008	89 439	83 037	79 033	85 450	86 598	77 880	75 788	69 813	73 059	79 529	64 178	43 208	907 012

Umthombo woLwazi:
1995 – 2005: ISaveyi yoNyaka eziKolweni (Izikolo zikarhulumente zesiqhelo)
2006: i-CEMIS ekhoyo (31 Matshi 2007)
2007: CEMIS ekhoyot (31 Julayi 2007)
2008: CEMIS ekhoyo (13 Februwari 2008)

Umzobo 1



Umthombo woLwazi:
1995 – 2005: ISaveyi yoNyaka eziKolweni (Izikolo zikarhulumente zesiqhelo)
2006: i-CEMIS ekhoyo (31 Matshi 2007)
2007: CEMIS ekhoyo (31 Julayi 2007)
2008: CEMIS ekhoyo (11 Februwari 2008)
StatsSA: Population 2007 isekelwe kweyowe-2006 iSaveyi Ngokubanzi Yezindlu Ngezindlu

Umngeni wesibini i-WCED ejamelene nawo kukuphucula amazinga emfundo kubemi baseNtshona Koloni. Kubekho uphuculo olungephi olwenzekileyo eNtshona Koloni kubungakanani bemfundo yabasebenzi bayo kule minyaka mihlanu idluleyo. Asinto ingalindelekanga ngoko ukuba amanani olutsha olungaqeshwanga, ngokungqalileyo olo lungaphantsi kwama-25 eminyaka, ebeya kuba mancinane kunalawo abo bangaselulo ulutsha. Oku kubonakala kumlinganiselo wengqesho ongama-29,3 epesenti phakathi kwabo baminyaka engama-15 ukusa kwengama-24 ubudala (inkoliso yabo isafunda ebudeni bale minyaka sithetha ngayo) nama-67,7 epesenti phakathi kwabo banama-25 ukusa kuma-34 eminyaka ubudala. Ngokufanayo, abantu abasele bekhulile kunaba kunokwenzeka ngakumbi ukuba sele bethabathe uhlala-phantsi kwingqesho esisigxina yaye ngenxa yoko izinga lengqesho kwabo banama-55 ukusa kuma-65 eminyaka limalunga nesinye kwisithathu (ama-32,8%).

Kukho ukunxulumana okunamandla okukhoyo phakathi kwamanqanba okungafundi nomlinganiselo wokungaqeshwa. Amazinga aphezulu okungafundi afunyanwa ikakhulu kwiindawo zasemaphandleni. Amanqanaba okungafundi aphakame kakhulu kuMbindi weKaroo (ama-37%), kwi-Cape Winelands (ngama-28%), e-Eden (ngama-26%), e-Overberg (ngama-27%) nakuNxweme OluseNtshona (ngama-29%). UMbindi Karoo nguwona ubunemiqondiso enganik'impilo konke-konke ngokuphathelele kukungaqeshwa, ukungafundi namanani abo babhalise esikolweni. Ngokutsho kwengxelo yoBalo Lwabantu yowe-2001 *(Census 2001*) umlinganiselo wokungaqeshwa wawuphakame kakhulu (ama-36%), umlinganiselo wokungafundi, ungama-37 epesenti kubemi abangaphezu kweminyaka eli-14 ubudala, lo mlinganiselo wawungowona mkhulu, kwaye umlinganiselo (wama-87%) wabo bahamba isikolo wawungowona uphantsi.

Abo bangenelele iMatriki eNtshona Koloni bande ngama-2078 ukusa kwinani elitsha eliphezulu labafundi abangama-41922 ngowe-2007. Ngowe-2007 kuye kwaphumelela abafundi abangakumbi abangama-471 kunango-2006. Nangona kunjalo, kuye kwakho ukuhla kwe-3,1% kwisambuku sepesenti sabo baphumeleleyo ukusuka kowe-2006 ukusa kowe-2007. Inqanaba lokuphumelela kwiMatriki eNtshona Koloni, nangona liphakamile xa lithekiswa nelikazwelonke, liye lehla kancinane kwisithuba esisusela kowe-2004 ukuya kowe-2007.

Nakubeni iSebe leMfundo laseNtshona Koloni liye lazibophelela kwisicwangciso salo se-HCDS ukuba liya kulandisa inani labo baphumelela iMathematika (HG) ukuya kwabangama-8000 kwisithuba esifutshane sexesha, kuye kwaya kucaca ukuba oku kunokuphunyezwa kwisithuba sexesha esiphakathi ukuya kweside. ITheyibhile engezantsi ibonisa imizila yokwehla. Ukungafumaneki kootitshala abafaneleke kakuhle neemeko zentlalo ezimbi ziyayiphazamisa imigudu yethu yokufikelela olu sukelo sizibekele lona. Iziphumo zeMathematika zaseNtshona Koloni zizezona zihle kulo lonke eli lizwe ngeli thuba sithetha ngalo, kwaye amanqanaba okwehla abonakalisa oko kwenzekayo elizweni ngokubanzi. Nangona kunjalo, xa sicinga ngendima edlalwa kukuyiqonda kakuhle iMathematika kwimisebenzi enjengeyobunjineli, oku kuyasixhalabisa ngokwenene. Kuza kwenziwa imigudu engakumbi ukuba kuqeqeshwe ootitshala, kuqeqeshwa iinkokeli nabaphathi kuze kubekho nezifundo ezongezelelekileyo kubafundi kulo nyaka we-2008.

	iMathematika HG			iMathematika SG		
	2005	2006	2007	2005	2006	2007
Ababhalileyo	4 992	5 071	5 166	17 474	18 137	19 659
Abapasileyo	4 321	4 137	3 990	10 556	9 826	10 346
%	86.6	81.6	77.2	60.4	54.2	52.6

Ekubeni owe-2008 ingunyaka wokusungulwa kokufundwa kwe-*Maths Literacy* kwinqanaba leBakala 12 kusenokwenzeka ukuba okwethutyana elifutshane lexesha kuya kubakho ubunzima kokubini kumazinga okuphumelela nakubuchule bokwenza uqikelelo olunentsingiselo.

KwiNzululwazi ekwiBakala Eliphezulu (HG) kuye kwakho ulwando oluthe ngcembe kwabo kwabhalisela ukuthabatha esi sifundo kwisithuba esisusela kowe-2005 ukuya kowe-2007, kwaye kukwakho nenani elandayo labo baphumelela kwi-HG. Ukuhla kwamanani abo baphumelela iNzululwazi ekwiBakala Eliphezulu (HG) ngowe-2007 kubonisa ukuba izinto ziyaguquka.

	iNzululwazi HG			iNzululwazi SG		
	2005	2006	2007	2005	2006	2007
Ababhalileyo	4 736	4 741	4 826	7 861	8 024	8 926
Abapasileyo	3 968	4 053	3 687	4 973	4 972	5 137
%	83.8	85.5	76.4	63.3	62	57.6

Ukuhla okuthe ngcembe kumazinga okuphumelela imatriki, kuhambisana nemfuneko engxamileyo yokukhawulezisa ukukhuliswa kwezakhono ingakumbi kwiMathematika nezoBugqi, kubalaselisa omnye wemingeni ejongene nayo inkqubo yezemfundo. Noxa ezoqoqosho zikhula kwaye zifuna izakhono ezingakumbi, la manani athetha ukuba kukho ukuhla ekufumanekeni kwabasebenzi abanobuchule abambalwa ngokoqikelelo eNtshona Koloni. Ngokukwanjalo, amanqanaba awehlayo abo baphumelelayo aya kuba nomphumo ombi ekufumanekeni kwabafundi ekufuneka bengene kumaziko emfundo ephakamileyo.

Imigangatho yemfundo nokuqesheka kwabantu zizinto ezihamba kunye. Bangaphezu kwama-70 epesenti abantu abangaqeshwanga abanemfundo engagqithanga kweyebakala 11. Nangona lo mlinganiselo uye wehla kancinane ngowe-2005 kunokuba bekunjalo kwiminyaka emihlanu eyandulelayo, inani labantu abangaqeshwanga abanemfundo yebakala 9 ukusa kwele-11 liye lenyuka kakhulu kwakweli thuba linye, ngenani elothusayo elili-12,6 epesenti ngonyaka. Izinga elikwanjalo lokukhula liyabonakala nakwinani labantu abangaqeshwanga abanezatifikethi zematriki.

A.2.2 Imingeni yomgaqo-nkqubo wesizwe/wephondo

Umngeni ongundoqo elijongene nawo iSebe kukuqinisekisa ukuba umbono oluqilima wesiCwangciso soPhuhliso lweZakhono zoLuntu (HCDS) uyaguqulwa ube yinkcazelo echanekileyo yezinto ezimele ziphunyezwe zize zenzeke. Izinto ezicwangciselwe ukuba zeziza kuqala kweli sebe, eyona nto ingundoqo elimele liyenze isebe neendlela eliqhuba ngayo ekuziseni iinkonzo eluntwini, limele likwazi ukuquka nezo zifunekayo kwezentlalo nakwezoqoqosho lize lihlangabezane neemfuno zabantu elibakhonzayo. Ukongezelela apho, ukusabela ngendlela ephumelelayo nenentsingiselo kwimeko yokungalingani nokungawuthembi umgangatho wemfundo kufuna ukuba urhulumente nesebe lezemfundo bathabathe inyathelo elingqalileyo lokuba bakhuthaze kwaye baphucule indlela abaqhuba ngayo abafundi ukuze baphumelele. Kubaluleke gqitha ukuba kwenziwe isiseko senkxaso sibe luqilima kwicandelo lemfundo noqeqesho ngokubanzi kusetyenziswe amaphulo anjengezikolo ekungahlawulwa mali kuzo, isicwangciso sokuncediswa kootitshala neNkqubo kaZwelonke yeSondlo eZikolweni (i-NSNP).

Ukuqaliswa kokusetyenziswa kwayo nayiphi na ikharityhulam entsha kuya kusoloko kungumngeni. Kukho uphando olwaneleyo olwenziwe kwizizwe ngezizwe oluxhasa imbono yokuba ukuqaliswa kokusetyenziswa kwekharityhulam entsha kuxhomekeke kwiinkalo eziliqela. Oku kuquka amabanga emfundo katitshala, amandla abanawo okukhokela abo baziinkokeli esikolweni, inkxaso yabazali, nootitshala abazibazileyo iindlebe nabahlala beyiphaphele imfuneko yokuhlala bekwazi okuqhubekayo kwihlabathi eliya lisenza izinto kunye ngokukhawuleza. Zonke ezi nkalo zimele zinikelwe ingqalelo zize zilawulwe.

Kukho imingeni ekhethekileyo ephathelele nokungeniswa kwe-NCS (ngoku ekwibakala- 12 ngowe-2008) nto leyo ehambisana nemiba enjengokuphuhliswa kwezakhono zootitshala, ukugcina uluntu lunentembelo kolu hlobo lwemfundo, nokulawula izinto ezifunwa yinkqubo yemfundo engayi kuphinda ibe nala mahluko uqheliweyo phakathi kwebakala eliqhelekileyo neliphezulu. Njengoko izinto ezifunwa yinkqubo yokuvavanya ziguquka ukuze zihambisane nenkqubo eya isiba ndala, kufuneka ootitshala bahambisane neenkqubo neendlela zokugcinwa kweengxelo. Ukufunyanwa kwemali yokwandiswa okunqwenelekayo kwekholeji ze-FET nokuhambisana nezinto ezifunwa ngamaziko oshishsino kuzisa umngeni okhethekileyo, ingakumbi xa sicinga ngeemfuno zokuqeqeshwa kootitshala basezikholejini.

Ukutshintshwa kwekharityhulam kuye kwazigcina ziphakamile iindleko zokuthenga iZixhobo zeNkxaso zokuFunda nokuFundisa (i-LTSM). Amanqanaba anganelisiyo okufunda nokubala okusisiseko aye anyanzelisa ukuba kuchithwe iimali ezinkulu kuthengwa izixhobo zokufunda, iikithi zokufunda ukubala, njl.njl. ukuze kunikelwe inkxaso. Amazinga aphantsi okungafundi kweentsapho//imfundo encinane esisiseko nawo la afak'isandla ekungafumanekini kwenkxaso eyaneleyo nophuhliso ekhaya (kokubini ngaphambi kokuba abantwana baqale esikolweni nangethuba befunda ngokusesikweni). Amalungu eBhunga loLawulo leSikolo angenamava okanye angaxhotyiswanga kakuhle ngezakhono angomnye umngeni oya kusoloko ukho ngokuqhubekayo.

Ngenxa yokumiwa komhlaba okwakumiselwe yinkqubo yocalucalulo, ufikelelo kwizikolo umntu akhetha ukubafundisa kuzo abantwana bakhe kungumngeni kuluntu olusaze ngobuso elizweni olufuna izikolo ngaphandle kwezo ndawo luhlala kuzo. Iimbambano ezingomgaqo-nkqubo zithi isikolo siba "sesizeleyo" nini, kuquka nomgaqo-nkqubo nemiba engokwemali yokubonelela izicwangciso zokuthuthwa kwabafundi ezikolweni, zonke ezi ziyimivuka nje yale mingeni.

Inani elikhulu labazali abasemisebenzini livelise isizukulwana esikhulu sabantu abamakhaya avaliweyo kwaye oku kubangela ukuba abafundi "bangayi rhoqo esikolweni" nto leyo enciphisa amathuba okuphumelela kwizifundo zabo. Nako oku kuthi, ngembuyekezo, kunye nengcinezelo yokufuna ukuzifumanela eyakho imali kwangoko ebomini, kufak'isandla kwinqanaba eliphakamileyo labo basishiyayo isikolo (oko kukuthi abantwana abangayigqibiyo iminyaka yabo esisiseko yokuba sesikolweni). Ukuba mbalwa kwamathuba okukhetha eso sifundo usithandayo kuyaqhubeka kubachaphazela abafundi abahlala kwiindawo ezihlelelekileyo. Ukulungiselelwa kweZikolo zoBugcisa ezaneleyo, kwamagumbi okufundela abo baneentswelo ezikhethekileyo anawabantu abadala kusoloko kungumngeni, njengoko kunjalo nangokufundiswa ngolwimi akhetha ukufundiswa ngalo.

Ukuvela kwezikolo "ekungahlawulwayo" kuzo nako oku kuvelise iinkalo zomnye umngeni. Ngokomzekelo: a) izikolo ezifuna inkxaso ukuze zithinteleke ekuyisebenziseni yonke imali yazo kwasebutsheni bonyaka (kulawulwa ngendlela efanelekileyo ngokuthi kwenziwe iintlawulo ezimbini ngonyaka, b) ukulahlekelwa yingeniso evela "kwimali yesikolo ehlawulwa ngabafundi" kwezi zikolo (oku kuseza kuba yingxaki ekhulayo ngokwandayo ukuba izikolo

A.2.3 Imingeni elijongene nayo eli sebe

I-WCED ekubeni ilelona sebe liqeshe abona basebenzi baninzi kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni, line-ofisi yoMphathiswa weMfundo ephantsi koMphathiswa wePhondo (MEC) kunye ne-ofisi elikomkhulu yephondo. Ii-ofisi zesithili namaziko emfundo, kubandakanya izikolo zikarhulumente zesiqhelo nezikhethekileyo, iiKholeji zeFET, amaziko oluntu okufundisa abadala nabasaqalayo be-ECD

Imisebenzi ye-WCED – umgama nobungakanani

Abafundi **	936,106
Izikolo zikarhulumente zesiqhelo *	1 452
Izikolo zabafundi abaneemfuno ezikhethekileyo #	72
Amaziko emfundo noqeqesho olongezelelekileyo (iikholeji zezubugcisa)	6 (39 sites)
Amaziko asekuhlaleni emfundo yabantu abadala	112 (301 sites)
Izikolo zompeleso ezandulela iprayimari ezincediswa ngemali	446
Ii-Ofisi zeZithili	7[5]
Ootitshala (*Post Provision Model*)	31 619
Abasebenzi bakarhulumente (izithuba zomsebenzi ezimiselweyo)	8 971

***2008: CEMIS Ekhoyo (12 Februwari 2008) (amaBakala e-Pre Gr ukusa kwawasemva kweMatriki)*

** Amaziko akhoyo (Zonke izikolo zesiqhelo zikarhulumente, amabakala e-Pre Gr ukusa kwawasemva kweMatriki)*

 # UMthombo – 2007 iSaveyi eMfutshane yoNyaka yezikolo neSaveyi yoNyaka yeZikolo yowe-2007

[5] Ziyanda ukuba zibe ziZithili ezisi-8 ngowe-2008

Uyilo ngokutsha lweSebe

Isebe liphantsi kwenkqubo enkulu yoyilo ngokutsha lwesebe eza kuphunyezwa ngokwamabakala kwisithuba seminyaka emi-3, ukuqinisekisa ukuba liyakwazi ukumelana ne-HCDS. Iinjongo zenkqubo yoyilo ngokutsha zezi:- ukubumba nokuxhobisa amaziko ngaphakathi; ukuphucula ukwenziwa kweenkonzo nokukhawulezisa ulingano emsebenzini.

Ngokwemiqathango yesakhelo esitsha, i-ofisi yephondo yahlulahlulwe yaba ngamasetyana amane (ekubeni ngaphambili ayemathathu) abizwa ngokuba loCwangciso (litsha eli), uLawulo lweKharityhulam, uPhuhliso lwamaZiko noLungelelwaniso kunye neleeNkonzo zoLawulo neeNtengo. Ukusondeza inkxaso kwezolawulo nophuhliso kufutshane nezikolo, izithili ezisixhenxe ziza kwandiswa zibe sibhozo ukususela ngo-Aprili 1 zize zibe namaQela eeSekethe angama-49. Ukuma okutsha okumbaxa kweSebe eli kuboniswe phaya kwiShedyuli 1.

A.3 Iinkalo eZifikelelweyo ukuza kuthi ga ngoku

Izihlomelo ezilapha ngezantsi azikelwanga emva kokuba zihlalutywe ngokunzulu. Uhlalutyo olunjalo lunikelwe ngaphantsi kwezicwangciso ezihambisana nalo ngalunye kwiCandelo B. Kuye kwasetyenziswa abaququzeleli beHCDS.

A.3.1 Iimeko zeMfundo kwiPhondo ngokubanzi

a) Isikolo sePrayimari saseSigcawu siye sagqitywa ngowe-2007 kwaye ukunikezelwa kweSikolo sasePrayimari iDalubuhle, esasiqaliswe ukwakhiwa ngowe-15 kuJanuwari 2007, kushiywe lixesha kancinane nje. Ulwakhiwo lwezakwiwo ezitsha zezikolo zaseSekondari iWellington neBloekombos kuqaliswe butsheni balo nyaka wezemfundo kwaye kuqhubela phambili kakuhle. Kuthenjwa ukuba zozibini ezi zikolo zaseSekondari ziya kuba zikulungele ukusetyenziswa ekuqaleni konyaka wemfundo wowe-2009.
b) Kuye kwanyulwa iqela eliza kulawula iNkqubo ye--QIDS-UP, kwaye oku kuyaku luphucula kade inqanaba kunye nemfezeko yokwenziwa kwenkonzo kunye nezixhobo zoncediso ezikolweni ingakumbi kwimimandla ehlelelekileyo, kwaye inegalello kuphuculo lolawulo lwezixhobo zoncediso ezikolweni.
c) Ukuphathwa kwesikolo ngendlela eyomeleleyo kubaluleke gqitha ukuze kudluliselwe imfundo esemgangathweni. Isetyana le-HRD liye lavelisa isicwangciso soqeqesho lilungiselela amaBhunga oLawulo eZikolo (ii-SGB). I-CTI inamaphulo awahlukahlukeneyo ezicwangciso zokuphucula umgangatho wokunkokeli anjengesicwangciso esithi “Inqununu njengoMphathi weKharityhulam”, isifundo esithi : “AbaFazi abaZiinkokeli nabaKhokelayo”, isifundo esilungiselelwe abo banqwenela ukuba ziinqununu kwanezinye izifundo zokuqeqeshwa kwee-SMT.
d) Inani lezikolo ezifikelele kwisiQendu 21 landile kunelo lokuqala lama-409 (2000/01) laya kutsho kuma-996 (2007/08). Unikezelo lwenkxaso luthe gqolo ukwenziwa kwezo zikolo zingama-456 zishiyekileyo ukuzikhuthaza ukuba zingenele isiQendu 21. Ukukhuthazwa okluqhubekayo kwezikolo ukuba zibe kwisiQendu 21 kudlala indima enkulu ekukhuleni kwamanani ezo zikolo zinjalo.

A.3.2 Ukuphucula uMmandla weMfundo

a) Eyona projekthi ibalulekileyo kule nkalo lukhuseleko ezikolweni. IsiCwangciso esiluqilima esihlanganisiweyo seZikolo Ezikhuselekileyo sele siphuhlisiwe kwaye sele siyidrafti yokugqibela ngoku sithethayo. Oku kusisiphumo sobambiswano nentsebenziswano phakathi kwabathathi-nxaxheba abahlukahlukeneyo ngaphakathi kwi-WCED, kwaye kuye kwaqiniswa luthabatho-nxaxheba, ubandakanyo nokuzinikela kwamanye amasebe emfundo amanye amaphondo kunye nelo likazwelonke, kuquka iSebe lezoKhuseleko loLuntu, iNkonzo yamaPolisa aseMzantsi Afrika, elezoBulungisa neloPhuhliso loLuntu.
b) Iinkqubo zezicwangciso eziluqilima zokuziphatha kwabafundi sele zimiliselwe kuzo zonke iziThili, ngabasebenzi abakuzo abaqeqeshiweyo bexhotyiselwa ukuba babe ngabakhwezeli benkqubo “yeyantlukwano.” okanye “yophuhliso.” Umgaqo-nkqubo omalunga nemigangatho ephantsi yeenkonzo ezizodwa kwimfundo elungiselelwe abafundi abagagana nobunzima ngokwasemphefumlweni kunye/okanye ekuziphatheni sele uphunyeziwe ngokusesikweni kwaye namaxwebhu sele ebhaliwe aze athunyelwa ezikolweni.
c) Kuye kwaqhutywa iiNkongolo zeNgingqi zee-SGB ebudeni bukaSeptemba 2007.

d) Isicwangciso sokuFundisana kooNtanga ngeHIV/AIDS *(HIV/AIDS Peer Education)* sele siqhwatyelwe izandla zizizwe ngeziwe zehlabathi. Sithetha nje siphunyezwa kwizikolo zesekondari ezili-136, kwizikolo zeprayimari ezingaphezu kwama-200 kwaye kungokunje sisavavanywa kwiiKholeji ze-FET.
e) Isicwangciso esaziwa njengeZikolo njengamaZiko eNyameko (*Schools as Nodes of Care)* (i-SNOC) sigxininisa kubantwana abachanabekileyo ukuba kukhuthazwe abemi abakwingingqi yesikolo ukuba babe nenyameko, bangabacalucaluli abanye kuloko babaxhase.Sisebenzisana ngokusondeleyo nee-SGB neminye imibutho yoluntu yasekuhlaleni, esi sicwangciso simisela ubuqabane basekuhlaleni okanye unxibelelwano lokuxhasana – kwaye sayamene ngokusondeleyo namanye amaphulo anjengeleZikolo eziPhucula iMpilo *(Health Promoting Schools)* (i-HPS), iZikolo eziKhuselekileyo nesiCwangciso seMfundo seMidlalo Engaphaya Kweeyure zeSikolo *(Extra-Mural Education Programme*) (i-EMEP). Izikolo ezisesizikithini sezinye ziye zabamba iiMbutho Ezonwabisayo ukuze kuziswe iinkonzo ezidibeneyo ezivela kumasebe orhulumente kazwelonke, owephondo nowasekhaya (inkonzo enjengobhaliso lwabazelweyo kunye nezazisi, ukubhaliselwa kwenkamnkam, ukululekwa nokuhlolelwa iHIV kunye ne-TB kwabo bantu bakwingingqi yesikolo eso.
f) IsiCwangciso soPhuculo lweZikolo siya kugxininisa kwimeko-bume yezemfundo iphela kwezo zikolo zityunjiweyo, ingakumbi imeko-bume yezakhiwo, ukhuseleko lwabafundi nootitshala nokusebenza ngempumelelo okusisiseko kwesikolo kunye namagumbi okufundela.

A.3.3 UkuPhuculwa komGangatho weMfundo

a) ISetyana loQinisekiso lomGangatho liye lavelisa uxwebhu lwengxoxo olumalunga nomgangatho wemfundo elungiselelwa ngurhulumente kwaye liye laqhuba iNkomfa yomGangathio kwezeMfundo ephumeleleyo ngoAgasti 2007.
b) Inkqubo yokulandelela oko kwenzekayo kubafundi iyaqhubeka kuzo zonke izikolo eziqhelekileyo nezikhethekileyo zikarhulumente.
c) i-WCED ifumene imvume kwi-DoE ukuba ivelise ikhonkco phakathi kwe-CEMIS neNkqubo yoLawulo lweZikolo (iSASAMS).
d) Ibanga leMatriki lowe-2007 liye lazuza elona nqanaba leBanga leMatriki *(Senior Certificate)* kwiimviwo ezibhalwe ngowe-2007 kwaye iye yangamanani amakhulu abafundi abaye bahlalela ezo mviwo. Kwisambuku sama-69, 310 sabafundi ababhalisileyo abebefunda ixesha elizeleyo nabo bebefunda bucala kuye kwaphumelela abangama-33, 787. Isambuku sabali-10, 300 sabafundi abebefunda ixesha elizeleyo baye bafumana ukuphumelela emagqabini kwibanga lematriki kwaye kubo ngama-4, 530 ngabangamadodana aze ama-5, 770 ibe ngabafundi abangamabhinqa.
e) Kungoku nje isambuku senani lezikolo ekungahlawulwa mali yakufunda kuzo eNtshona Koloni zingama-653, kwaye kuzo kufunda abafundi amalunga nama-346 000 labafundi okanye ama-37, 6 eepesenti abo bonke abafundi.
f) Ulwando oluthe ngcembe kwinani lezithuba zokufundisa (kongezelelwe ama-747 ngowe-2008) luye lwafak'isandla ngokuphawulekayo ekuphuculweni komlinganiselo sootitshala-kubantwana, nto leyo ebaluleke gqitha ekunikezelweni kwemfundo esemgangathweni. Ekuqaleni konyaka ngokwekhalenda yowe-2008, bekukho izithuba zootitshala ezamkelwe ngokusesikweni ezingama-31, 619.
g) IsiCwangciso sooTitshala abaNcedisyo (i-TAP) simisele ootitshala abangabancedisi abangama-510 kwizikolo ezili-163. Ezi titshala zingabancedisi ziye zaqeqeshwa kwiikholeji ze-FET. Kongezwa nephulo elilulingelo lokuba aba titshala bangabancedisi baxhase iintsapho ukuba zikwazi ukufunda oko bekwenza kwizikolo ezingama-28 (kwiintsapho ezingama-280) kwaye iziphumo zeli phulo ziya kusoloko zondelwe.
h) Isicwangciso sokuFunda nokuBala siye sanikwa umfutho ngokumiselwa kwenkekli yeli phulo ukuba sisebenze kweli phuklo ixesha elizeleyo.
i) isiCwangciso sokuHlaziywa koLwimi (i-LTP), esikhuthaza ukufundiswa ngeelwiomi ezimbini, oluthethwa ekhaya nolunye lwesibini kwiminyaka emithandathu yokuqala yokuhamba isikolo siye saqaliswa ngokusesikweni ngowe-2007. Zonke izikolo ziye zacelwa ukuba ziveliswe imigaqo-nkqubo yesikolo migaqo-nkqubo leyo eyalatha izicwangciso ezenzelwe abafundi zokuba baphuhlise ubuchule bokukwazi ukunxibelelana ngazo zontathu iilwimi ezisetyenziswa kweli phondo xa befika ekupheleni kweBakala 9. Le LTP iye yaphumelela imbasa ye-PANSALB njengeloba "sebe lorhulumente wephondo eliKhuthaza ukuSetyenziswa kweeLwimi NgeeLwimi noKwakha iSizwe kwelishumi leminyaka" ekuthswe apha kowe-2008.
j) NgoJuni 2007 kuye kwaqeqeshwa ootitshala abangama-5 648 beBakala le-10 ukusa kwele-12 le-FE, kukwakho namathuba amade ngakumbi oqeqesho awenzelwe ezo zifundo zitsha, eziquka ezolimo, izifundo zomdaniso, izifundo zethekhnoloji (eziquka –CAT ne-IT).

k) iProjekthi kaKhanya, enembophelelekoyokuxhasa nokuphucula ukufundisa nokufunda ezikolweni kusetyenziswa iteknoloji yobungcali nonxibelelwano (i-ICT), isoloko ngokuthe rhoqo igqalwa njengeza nezinto ezintsha kwi-ICT esetyenziswa ezikolwenikwaye iye yafumana iimbasa ezili-12 zesiwe nezephondo kule minyaka mibini idluleyo.Ukuza kuthi ga ngoku iye yanceda izikolo ezingama-813 ekusetyenzisweni kakuhle kwe-ICT kwaye kukho ezinye izikolo ezili-179 ezikumazinga awahlukahlukeno okuzilungiselela. Kukho iikhompyutha ezingama-32 011 ezisetyenziswa kwizikolo zikaKhanya, apho kusetyenziswa khona itekhnoloji ngootitshala abali-19 750 ekufundiseni ikharityhulam kwaye ifikelelwa ngabafundi abangama-663 852.

l) IMfundo Yakwangoko yaBantwana iye yamkelwa njengesixhobo esingundoqo sokukuphulwa kokufunda nokubala kweli phondo. Kuye kwalungiselelwa izibonelelo ezingama-2600bnjengenxalenye yesicwangciso se-ECD kubanjiswene neseSebe leeNkonzo zaseNtlalweni. Kuye kwasasazwa iikiti ezingama-200 ezinezixhobo zokufundela ngaphathi nangaphandle kootitshala beNqanaba 5 abasebenza kwiiklasi zeBakala R. Kuye kwasasazwa iziBhengezo eziyimizobo engama-4000 ngeelwimi ezi-3 eziphakamisa ukuBhaliswa Kwangoko kwiBakala R kwiindawo ezahlukahlukeneyo zephondo. Uya kuthi uphela unyaka wezimali wowe-2007/08 kube sele kufakelwe oojingi namanqwanqwa okudlala kwizikolo eziphambili ezuili-100 ezineeklasi zeBakala R.

m) IOProjethi yeLayibrari eHambahambayo, leyo iqhutywa ngaphantsi kokonganyelwa yi-EDULIS, yaphumela iMbasa yeNkwenkwezi yeBronzi kwiThrasti yoNikezelo –Zimbasa Impumelelo. Kuye kwathengwa iibhasi ezintlanu zelayibrayi ngoncedo loMbutho waseJapan OngengokaRhulumenteowaziwa ngokuba nguMbutho Wokubambisana neAfrika neAshiya (i-TAAA). Kuye kwabelwa kwa-EDULIS ezinye iibhasi ezingakumbi ezimbini ezisalinde ukwamkelwa kwamaphephamvume okuyingenisa kweli lwizwe. Kuthenjiswa ukuba kofumaneka iibhasi ezingakumbi kwixa elizayo.

n) Ebudeni bonyaka-mali we-2007/08 kuye kwaqaliswa kwaza komelezwa amanqanaba awawukahlukeneyo okuBekw'esweni nokuHlolisisa lisetyana elaziwa ngokuba liSetyana lokuQinisekisa umGangatho. La aquka ezi nkalo: ukuqinisekiswa kokuchana kwenkcazelo0manani ekhutshelwa iSkimu sesiNgqinisisos sokuSebenza kokuThuthwa kwaBafundi (i-*Performance Measure on Learner Transport Schemes*), ukuhloliswa ngokuNgabikho kooTisthala nokwaBafundi; ukuhlolisiswa koqeqesho olunikwe ootitshala be-ECD (kwi-EPWP); ukuhlolisiswa kweeprojekthi eziphambili ze-HCDS ezinjenge-Dinaledi ne-NLSA; uphuhliso lwesakhelo sokwahlulahlulwa kwezikolo ngokweenkalo ezithile nesokumiselwa kweetagethi.

A.3.4 Ukuphucula uFikelelo kwiLizwe loMsebenzi kunye neZakhono eziNqongopheleyo

a) Izikolo ezingama-53 zeDinaledi ziyaqhubeka zifumana inkxaso egxininisa kuphuhliso lwemathematika, inzululwazi neteknoloji kwiphondo. Kuye kwakho ulwando lwama-32 % kubafundi abakwezi zikolo abathabatha izifundo zeMathematika nezeNzululwazi.

b) IziKolo zoJoliso ezingama-21 ezifundisa izifundo ezikhethekileyo zezobuGcisa neNkcubeko, ezoShishino, ezoRhwebo nezoLawulo lwezoShishino; ezobuNjineli neTheknoloji, zenza inkqubela entle. Kuye kwachithwa imali kwizakhiwo, kwixhobo zokusebenza nakwi-LTSM ukuze zilungiselelwe kakuhle zi zifundo zojoliso. Iikhosi ze-ACE ziye zanikelwa njengezifundo zangasese kwiYunivesithi yeTekhnoloji yaseNtshona koloni kusenzelwa ootitshala abangama-20 Ukongezelela koko, kuye kwaqhutywa uqeqesho, iinkomfa nezinye iintlanganiso zezifundo zabafundi. Ngowe-2007 bekukho ulwando ngokubanzi lwabangama-460 kumanai abo babhala iimviwo zematriki kwizifundio zojoliso. Xa sithelekisa nowe-2006, kuye kwakho uphuculo kumazinga abo baphumeleleyo kuzo zonke ezi zifundo. Ipesenti yokuphumelela kubuGcisa neNkcubeko yande nge-13% (ukusuka kuma-72% ukusa kuma-85%), ezorhwebo nezoLawulo lwezoShishino nge-1% (ukusuka kuma-875 ukusa kuma-88%) kwaye ezobuNjineli neTekhnoloji ngama-20% (ukusuka kuma-41% ukusa kuma-61%)

c) UHlengahlengiso ngokuTsha lweeKholeji zeFET luqhuba ngempumelelo ngokusekelwe ekusetyenzisweni kweeProgram zeMatriki (kweZemisebenzi) ezili-11. Ngowe-2007 ezi kholeji ziye zabhalisa isambuku sabafundi abangama-3 222 kwezi program zintsha ze-NCV zili-11. Abafundi abangama-47 117 baya bahlalela iimviwo kwizifundo ze-N, kwaye kuye kwaphumelela ama-74% abo.

d) Ngenxa yemfuneko eyandileyo akkhulu yokamkelwa kwabafundi kwiZikolo zoBugcisa, kuye kwavulwa iSikolo soBugcisa saseMitchell's Plain ngoJanuwari 2007, kwaza kwavulwa iSikolo sobuGcisa saseSiviwe eGugulethu ngo-Aprili 2007.

e) Ootitshala abafundisa iziFundo ngoBomi kwiBakala 9 baye baqeqeshwa baze baxhaswa kwiindlela zokukhetha imisebenzi yobomi ngokusetyenziswa kwenkqubo ye-PACE. Kuye kwaqeqeshwa ootitshala abali-171 kumaBakala 10, 11 nele-12 kwiindlela zokukhetha imisebenzi yobomi bonke ngokusetyenziswa kwe-PACE. Kuye kwaqeqeshwa ootitshala beziFundo ngoBomi beBakala 9 kwizikolo zojoliso ukuze bancede abafundi benze ukhetho olufanelekileyo lwezifundo abaya kuzenza kwibakala 10. Njengento esalingwayo, kuye kwaqeqeshwa abanye ootitshala beBakala 7 ukuba bancede abafundi ekubakhokeleni ekwenzeni ukhetho nasekwenzeni izicelo kwezo zikolo zojoliso ezityunjiweyo.

f) Isambuku se-1 896 sabafundi abadala siye sabhalisela ukuhlalela iimviwo ze-GET ngo-Oktobha 2007 (ama-81.8% abafundi abadala bangaphantsi kwama-44 eminyaka ubudala). Icandelo lemfundo yabantu abadala liye lalungiselela imfundo kubaqeshwa abangama-627 bamasebe ali-10 awahlukahlukeneyo ePhondo. AmaZiko eMfundo oLuntu angama-267 aye anika ithuba abantu abadala abangama-40 100 ukuba bagqibe izifundo zabo zasesikolweni. Abantu abadala abali-1573 baye bathabatha inxaxheba kwizifundo zoqeqesho ezifutshane ezijoliswe kumthungo, ukuyila iimpahla zefashoni, ukwenza amakhandlela, ubugcisa nobuchule bezandla kuquka ukwenza imiZobo, ukuhlohla aMaso, uKuluka nokuPhotha nokuxonxa nokukrola iMithi. Ezi zifundo zoqeqesho ziye zabaxhobisa abantu abadala ngobuchule obufuneka kakhulu ukubenza ukuba babe nokuqesheka/baziqeshe ngokwabo ngakumbi.

A.4 Indlela eya Phambili

A.4.1. Iinkonzo Zezikolo zompeleso

Ezaphambi kweBakala R

Kungoku nje iBakala langaPhambi ko-R lilungiselelwa ngamasebe ephondo elezeMpilo neleeNkonzo zoPhuhliso loLuntu, kwanangurhulumente wasekhaya, esebenzisa amaziko amaninzi awahlukahlukeneyo. Kuqulunqwe isicwangciso esimanyanisiweyo. I-WCED incedisa kuqeqesho lwabalondolozi nootitshala bala maziko nakuqulunqo lwekharityhulam efanelekileyo. Ukunika inkxaso kwi-EPWP nokuqinisekisa ngemfundo esemgangathweni kubafundi abaneminyaka esusela ekuzalweni ukuya kweli-4½ ubudala, i-WCED iququzelela uQeqesho lwabalondolozi/nootitshala be-ECD. Uqeqesho olufanelekilyo luza kunikelwa ngabaqeqeshi abagunyazisiweyo.

Amaziko eBakala R asekuhlaleni

INkcazo eHlaziyiweyo yeKharityhulam yeSizwe (i-NCS) ibandakanya unyaka omnye ophambi kokungena kwiBakala 1 . Esi ke isigaba seseBakala R, esijoliswe ekuboneleleni abantwana abaneminyaka emi-5/6 ubudala ngolwazi lokubala nokufunda kwakunye nangezakhono zokuziphilisa khona ukuze bakwazi ukumelana nesikolo. Nangona iBakala R lingathathwa njengemfundo enyanzelekileyo, liyinxalenye yeSigaba seSiseko seNkcazo yeKharityhulam yeSizwe. I-WCED ineenjongo zokwenza ukuba bonke abantwana abakwiminyaka emi-5/6 apha eNtshona Koloni bakwazi ukufikelela kwiBakala R ngo-2010. Ukuze ke ezi njongo zikwazi ukufezekiseka, iSebe eli liza kubonelela ngemali ekwaneleyo ukuba ingaxhasa abanye abafundi beBakala R abangama-2000 ngonyaka. Malunga ne-46% abantwana abakubudala obufanele iBakala R baya kuthathwa kula maziko. Ukuqeqeshwa kootitshala nabalondolozi ukufikelela kwizinga eliza kuqinisekisa imfundo esemgangathweni kuza kwenziwa kusetyenziswa iModeli yoQeqesho. Kuya kuqeqeshwa neeKomiti zoLawulo.

A.4.2 Izikolo IBakala R ezikolweni

Ukuze lufezekiseke ufikelelo lweBakala R lwabantwana bonke ngo-2010 i-WCED iza kubonelela ngemali eyanele abanye abafundi beBakala R abangama-4 000 ngonyaka kwizikolo zikarhulumente. Malunga ne-54% yabantwana abakubudala obufanele iBakala R baya kwamkelwa kula magumbi okufundela. Ukuqeqeshwa kootitshala ukufikelela kwizinga eliza kuqinisekisa imfundo esemgangathweni kuza kwenziwa kusetyenziswa iModeli yoQeqesho.

Izinto Eziza Kuphunyezwa kweli candelo ngowe-2008/09:

- Kuza kukhutshwa iikiti ezingama-400 ezinezixhobo zokufundela ngaphakathi nangaphandle kweklasi zinikwe izikolo ezithile ezityunjiweyo zaseprayimari zikarhulumente kulo lonke eli leNtshona koloni. Titshala ngamnye weBakala R kwezo zikolo wofumana uqeqesho ngendlela yokusetyenziswa kwezo zixhobo.

- Kuya kwenziwa uphando ukuze kubonwe kakuhle apho zinokufakwa khona ngokufanelekileyo izibonelelo. Umba oza kuqwalaselwa lolu phando, kukuhlola amanani abhalisiweyo ezikolweni, amabanga emfundo ootitshala/okanye iimfuno zophuhliso lwabo, ukubhaliswa kwala maziko emfundo, ukwabiwa kwe-LTSM, ukuqeqeshwa kweekomiti zolawulo kula maziko asekuhlaleni.
- Iiklasi ezingumzekelo ezingama-24 zeBakala R ziza kumiselwa kwizikolo zaseprayimari zikarhulumente kulo lonke eli leNtshona Koloni. Klasi nganye enguMzekelo yeBakala R iza kufumana izixhobo zokufundisela ngaphakathi nangaphandle. La maziko aya kusetyenziselwa ukubonisa ezona zinto zifanelekileyo ezinconywayo kwaye aya kusetyenziselwa ukuqeqesha bonke ootitshala beBakala R nabeSigaba sabaQalayo kwezo ndawo bahlala kuzo.
- Kuza kungeniswa abantwana abatsha abangama-6000 kwiiklasi zebakala R. Isibonelelo seBakala R siye sandiswa saya kumlanganiselo we-R8 ngomntwana ngamnye ngosuku ukususela ekuqaleni konyaka. Olu nyuso lwemali luchaphazela zonke ikhwintayile.
- Ama-900 ootitshala be-ECD abaza kugqiba uQeqesho lwabo baza kunikwa ithuba lokuqhubeka baye kwinqanaba elingasentla ukuze baphucule amabanga emfundo abo nezakhono zabo ze-ECD. Abanye ootitshala sele belugqibile uqeqesho lwabo. IZiko leZakhono laseKlein Karoo liye labanikezela ngeziqinisekiso zokufaneleka kootitshala abangama-88.
- Kuza kuqaliswa ukuqeshwa kootitshala beNqanaba 1 kumaziko ogcino-bantwana ebudeni bemini ukuze aba baqalise ukuqeqeshwa kwabo ngoApreli/Meyi 2008. Baza kuqeqeshwa ziikholeji ze-FET nazii-NGC kulo lonke eli phondo.
- I-WCED iza kwenza uphando ize imisele iZiko loPhuhliso Lwezakhono le-ECD kwelinye lala maziko e-ECD e-WCED. Oku kuya kwenziwa ngokubambisana nekholeji ye-FET ekufanelekileyo oko. Eli ziko linikela olu qeqesho liya kulungiselelwa ukuba aba titshala baqeqeshwe besemsebenzini.
- Onke amaziko asekuhlaleni aya kufumana uqeqesho olufanelekileyo lokuwalawula, ngokomzekelo, kwimiba enjengeendima nemisebenzi yabo banyulelwe izigxina ezithile, kulawulo lwezimali, ekugayeni inkxaso yezimali, njalo njalo.

AmaBakala 1-12

Inkcazelo-manani evela kuBalo lowe-2001 nakwi-EMIS ye-WCED yalatha ukuba kukho abantwana abaninzi ababhalisiweyo ezikolweni kwabo bakwiminyaka emi-6 ukuya ku-15. Ukongezelela apho, apha eNtshona koloni baninzi abantwana abafunda kumabanga afanelana nobudala babo.

Izinto eziza kuphunyezwa ngowe-2008/09

a) Ukuphuculwa nokufundiswa ngokutsha kwezakhono zootitshala kumongo omtsha neendlela zokufundisa iNkcazelo ngeKharityhulam yeSizwe.
b) Ukwenziwa kwabafundi kuwo onke amabakala ukuba bafumane ulwazi kwangaphambili ngeNdebe yeHlabathi yowe-2010.
c) Ukumisela nokuzinzisa isCwangciso soLwazi lokuFunda nokuBala.
d) Oomasifundisane boqeqesho nokuxhotyiswa kootitshala be-GET/FET ukuze kuqiniswe izicwangciso zokuceba nokulawula oko kuqhubekayo eklasini.
e) Ukubandakanywa kwe-ICT kwikharityhulam.
f) Ukuphuhliswa kubungcali nakubuchule obufanelekileyo kubacebi/kubacebisi bekharityhulam ukuze banikele inkxaso kootitshala.
g) Ukuqeqeshwa kwabacebisi abatsha bekharityhulam nootitshala koko kuqulethwe yi-NCS.
h) Ukulungiselelwa kweeprogram ezikumgangatho ophezulu kwizikolo zojoliso ezixhaswa ngamaholo okusebenzela ubugcisa, iindawo iintlanganiso zokufundiswa zoqeqesho, amaziko okuphuhlisa izakhono, iiholo zezikolo.
i) Ukufundiswa okongezelelekileyo neentlanganiso zokwenza impinda yezifundo ukulungiselela abafundi beBakala 11 nele-12 ingakumbi kwezo zikolo zikwezo ndawo zingama-21 eziphawulwe yi-Ofisi yeNkulumbuso (i-STP-21).
j) IiProjekti ze-"*Artists in Residence"* kuhlobo ngalunye lobugcisa kuzo zolishumi izikolo zojoliso kwezobuGcisa neNkcubeko.

k) Ukuceba, ukuxhaswa nokubeka esweni iiprojecti eziqhutywa ngokubambisana namaZiko eMfundo Ephakamileyo, uBambiswano phakathi koRhulumente noLuntu kunye nee-NGO ukuze kuxhaswe ukufundisa nokufunda.
l) Ukuqeqeshwa kotitshala beBakala 10 -12 njengabaLuleki Ekukhetheni amakhondo omsebenzi.
m) Uqeqesho lootitshala namaqabane abo asekuhlaleni kwi-"*Advise and Refer*", isicwangciso senyameko, inkxaso noluleko olunikwa abantwana abasesichengeni.
n) Iintlangansio namatyelelo okunceda, ukukhokela nokuxhasa iinqununu ezinembhopheleleko yolawulo ingakumbi ezo zikwizikolo zojoliso nezo zingaphantsi kwemimandla ye-STP-21.
o) Ukuhlangabezana neemfuno zeBakala-9 ngokusetyenziswa kweekhosi nokuphuhliswa kwezinto ezifundwayo.
p) Iqela leenkomfa ezincinane ezidibanisa ndawonye bonke abathabatha inxaxheba.
q) Ukuphuhliswa kobungcali kwamagosa karhulumente ekuhlanganisweni kwe-ICT ekufundiseni, ukusetyenziswa kwe-"*Rubricate"* ukuyila izixhobo zovavanyo lwabafundi, uMthetho wolawulo lweZimali zikaRhulumente, ukuyilwa kweziko lewebhu, ukulawulwa kweprojethi noyalelo loqeqesho.
r) Ukuguqulelwa kwawo onke amaxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke.
s) Amaxwebhu azii-*Pace Setters* kumaBakala 10-12.
t) Uvavanyo Olufanayo lweBakala 12 kwiSatifikethi seMatriki sokuqala.
u) Uqeqesho lootitshala kwimisebenzi yoVavanyo lweNtsebenzo *(Performance Assessment Tasks*) (ii-PTA).

Ngowe-2008 bonke abafundi beBakala 12 baya kubhala uviwo olusekelwe kwi-NCS entsha. Kuye kwenziwa umsebenzi omkhulu wokuzilungiselela kuphuhliswa ootitshala kunye nezixhobo zokufunda nokufundisa. Bonke ootitshala be-FET bafumana uqeqesho kwizicwangciso zokufundisa nezovavanyo. Ukongezelela koko, ootitshala baya kwizifundo ezilungiselelwe ngamaziko emfundo ephakamileyo (i-HES) nazezinye iingcali zezifundo ukuze baphucule ikhontenti yezifundo abazihlohlayo njengoko kuyimfuneko. Iiprogram zezakhono zokusebenzisa iikhompyutha ziyafumaneka kootitshala ukuze baphumeze umsebenzi wabo.

Kumiselwa iithagethi zamanani abafundi abamele bafumane iSatifikethi seMatriki. Kuyinto enokwenzeka ngokulula ukwandisa inqanaba lokuphumelela kwesikolo ngokunciphisa inani labafundi abangenela iBakala 12. Umele ugxekwe lo mkhwa. Le yenye yezinto eziphembelela inani labo baphumelelayo. I-WCED izimisele iithagethi zokwandisa inani labafundi abaphumelela iMatriki babe ngaphezu kwe-1000 ngonyaka ukususela kwabangama-34 000 ngowe-2003 ukusa kwabangama-50 000 ngowe-2014.

Njengoko i-NSC *(National Senior Certificate)* ilibanga elitsha elisekelwe kwikharityhulam entsha, ootitshala baxhotyiswa ngoqeqesho oluqhubekayo nangenkxaso ukuphucula ukuyiqonda kwabo ikharityhulam nakwiindlela zokuyivavanya. Zonke izikolo zasesekondari ziya kunikwa amaphepha eBakala 12 angumzekelo kuzo zoyi-29 izifundo, eziquka zoli-11 iilwimi ezingokwasemthethweni. La maphepha eemviwo, ezimele umlinganiselo wesizwe, anokusetyenziswa ngootitshala ukuba benze abafundi babo balindele uhlobo lwemibuzo enjengaleyo, indlela ebekwe neyilwe ngayo loo mibuzo ehambisana neNkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke. Amaphepha emibuzo eMatriki aya kukhutshwa liSebe lezeMfundo kuNdlunkulu. I-WCED ikwiphulo lesicwangciso soqeqesho ukuqinisekisa ukuba abevi bezikolo bephondo neemodareyitha zeemviwo baqeqeshiwe baze baxhotyiselwa ukusetha amaphepha asemgangathweni aya kusetyenziswa kwixa elizayo xa kulungiselwa iimviwo.

Izikolo zemfundo yeemfuno ezizodwa zikaRhulumente

Iinkonzo zemfundo ezizodwa ziye zahlenga-hlengiswa ukuze kujongwane neemfuno ze-WCED, nokuqinisekisa usetyenziso ngokupheleleyo kobuncwane obukhoyo. Ngokwangoku ufikelelo kwiinkonzo zenkxaso yemfundo yeemfuno ezizodwa lufunyanwa ngabamalunga nama-70% xa kuthelekiswa nentswelo eyiyo ngokwenene. Eyona ntswelo inkulu ikwicandelo "leZikolo zeZakhono". Ukufundiswa kwekharityhulam kwicandelo lezikolo ezineemfuno ezizodwa o akukwazi ukumelana neemfuno ezikhulayo zabafundi abafuna iinkonzo zenkxaso eyodwa kwezemfundo ingakumbi kwimimmandla yasemaphandleni. Ukunqongophala kweenkonzo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezilungiselelwe abafundi ababonakalisa impawu eziba ngumqobo ngokwasemphefumlweni, esimilweni nasengqondweni ekufundeni kufuneka ukuba kunikwe ingqwalasela eyodwa ngabathathi-nxaxheba abahlukahlukeneyo. I-WCED isathethathethana neSebe lezeMpilo mayela nalo mba.

Ukunikwa inkxaso kwekharityhulam kuye kwaphawulwa njengommandla ophambili ofuna ukomelezwa kwiZikolo zeMfundo eneemfuno ezizodwa. Ugxinininiso kwisicwangciso sowe-2007/08 saba kukuba makuqiniswe zonke izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ukuze zikwazi ukusebenza njengezikolo zoqeqesho lootitshala nokuze zixhase izikolo eziqhelekileyo. ISetyana le-WCED leNkxaso yeZikolo Ezikhethekileyo lafumana inkxaso-mali kwiSebe leMfundo leSizwe ukwenzela le njongo ngokukhethekileyo. Noxa iSetyana leKharityhulam liye leza nobungcali bezekharityhulam kootitshala bezi zikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, ngootitshala ngokwabo abeze nezindululo zohlengahlengiso nokuncediswa okuya kuba yimfuneko kwaba bafundi banemiqobo ekufundeni. Iintlanganiso zoqeqesho zabandakanya ootitshala abavela kuzo zonke izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa abathi bahlanganisana kwezi zifundo zoqeqesho ngokwamaqela ohlobo lweziphene/iintswelo namacandelo omgangatho, oko kukuthi, iZikolo zoBugcisa, amaZiko okuNyamekela uLutsha, i-SMH, isigulo sengqondo i*Autism*, iiYunithi, neZinye (kuquka nezikolo zabo banengxaki yokungaboni nokungeva, abaneziphene ngokwasemzimbeni, abanesathuthwane, abafe amalungu omzimba, izikolo ezisezibhedlele, nesiphene esingqalileyo esithintela ukufunda) kwanezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezifundisa i-FET.

Izinto Ezimele ziphunyezwe kowe-2008/09

Inkcazelo-manani eqokelelwe ngowe-2007/08 iza kusetyenziswa ziingcali eziphezulu zekharityhulam ukuphumeza ezi njongo: (a) ukubuyisela inkcazelo ezithilini nokuqulunqa indlela eya phambili engendlela izithili ezinokunikela ngayo inkxaso kwezi zikolo kwaye (b) kuveliswe uxwebhu olusebenzisekayo oluqulethe imibuzo eqhele ukubuzwa mayela nezinto ezidla ngokufuna ukuhlengahlengiswa, ezinokufak' isandla kwisixhobo sovavanyo semfundo equka bonke. Ugxinininiso luya kuba sekuhlolweni nasekubekweni esweni kweziphumo zeli phulo ekukhuliseni ufikelelo lwabo bonke abafundi.

Uphuculo Lomgangatho

Ngenjongo yokuphumeza imisebenzi ezizinyanzelo yalo iCandelo loQinisekiso lweMigangatho, liya kuthi, kwisithuba seminyaka emithathu, oko kukuthi ngowe-2008/09 ukuya kowe-2010/2011, liqinisekise ukuba bonke abaphathi baqalise inkqubo yokubeka esweni novavanyo ngokuphathelele nezicwangciso zabo nezondawo ziyimisebenzi yabo abayiqeshelweyo. Oku kuya kubandakanya ukunikezelwa kweengxelo okusekelwe kwiziphumo zoko kufeziweyo –ziphumo ezi ezixhomekeke kubungqina obunezibakala. ICandelo loQinisekiso lweMigangatho, liya kuqhuba amaphulo okungqinisisa ukuba ezo ngxelo zinikezelweyo zisemgangathweni onguwo kusi na, ngokumalunga neendlela neenkqubo zokuqulunqwa kwazo.

Ukuvavanywa kweeprojekthi ezithile liCandelo loQinisekiso lweMigangatho kuya kuqhutywa ngokuqhubekayo kule minyakla mithathu izayo ukumisela ukuba ingaba i-WCED iyazifumana na inzuzo elixabiso ngokwemali eliyichithileyo nokuba ingaba abo bazii-*Business Process Owners* bakubeke esweni kusi na ukuhambela phambili kweeprojekthi zabo. Sithetha nje kukho iiprojekthi ezintathu ezibekwe esweni kanye ngolu hlobo lokuhlolisiswa ezizezi: iProjekthi iDinaledi, uKhuselelko lweZikolo kunye neSicwangciso seSizwe sokuPhumelela kwabaFundi (i-NLAS).

Ebudeni bethuba le-MTEF, kuya kubakho ugxinininiso olukhethekileyo lokubekwe esweni nokuvavanywa kwamasetyana e-WCED ngokuvisisana neNkqubo ye-*SDIP* nemigangatho yonikezelo lweenkonzo zinxityelelaniswe nezona ziphambili i kwiZiphumo. Le nkqubo iza kunceda i-WCED ukuba inikele ingxelo ngendlela aqhuba ngayo la masetyana.

ISebe lwezeMfundo leSizwe (i-DoE) liyichazile into yokuba inkqubo eyaziwa njengo-Vavavanyo lweSikolo Siphela (WSE) imele iqiniswe ize ifumane inkxaso-mali engakumbi ukuze nyaka ngamnye kuvavanywe izikolo ezingakumbi. Ebudeni bowe-2007 bekukho usukelo lokuvavavnywa kwezingama-30, kodwa elo setyana livavanye izikolo ezingama-49. UMphathiswa wezeMfundo uye wamisela ukuba kuyinto enokwenzeka ukuvavanywa kwesikolo ngasinye saseprayimari kanye kwiminyaka emihlanu nazo zonke izikolo zemfundo ephakamileyo emva kweminyaka emithathu. Oku kunokufezwa kuphela xa kukho imali yenkxaso eyaneleyo. Ngokuphuma kwiingxelo "zokuLungiswa koMonakalo" ezo izikolo zimele ukuzingenisa rhoqo, kucacile ukuba i-WSE ibe negalelo elikhulu kakhulu kwezo zikolo. Ukususela ngowe-2008 isikolo ngasinye apha kweli phondo siya kuba neSicwangciso soPhuculo lweSikolo (i-SIP) esisekelwe kwiiNkalo ezisi-9 zoJoliso.

Uhlolisiso olusisiseko lwezikolo ezikwi-QIDS-UP, ama-522 ezikolo angaphantsi kweKhwintayile zesizwe 1, 2 no-3, sele luza kugqitywa, khon'ukuze loo projekthi isekele izigqibo zayo zokufuna inkxaso-mali kubungqina obuneenkcukacha. Ukongezelela koko, uhlolisiso olusisiseko lwabafundi beBakala 3 kwizikolo ezikwi-QIDS-UP oluqhutywe ngoFebruwari-Matshi 2008 luya kusetyenziswa ukuze kwenziwe izigqibo ngeziphumo esinazo esi sicwangciso se-QIDS-UP.

Inkqubo yokuvavanya ii-ofisi zezithili neekholeji ze-FET, i-ECD ne-AET iza kuqaliswa apha kulo we-2008. Ukuchongwa kwemilinganiselo nokuphuhliswa kwezixhobo zokusetyenziswa kule njongo kuza kuphothulwa apha ekuqaleni kulo we-2008. Eli Setyana liza kuqhubeka lilawula uVavanyo lweeNkqubo njengoko kucetywe njalo liSebe lezeMfundo. Liya kuqalisa umzekelo wendlela yokwahlula-hlula eya kusinika umzekelo osisiseko oya kusetyenziswa ngamaziko okufunda naya kunceda ekumiselweni kweethagethi.

IZicwangciso ezikhethekileyo kwiindawo ezichongiweyo ezingama-21

IsiCwangciso sokuGuqulwa kwezeNtlalo (i-STP-21) sorhulumente wephondo siliphulo elikhethekileyo elijoliswe ekukhawuleziseni uphuhliso nokubambana ngokwezentlalo ngobuqabane obuluqilima nokwenziwa kweenkonzo. Sele siqalise ukumilisela iingcambu zaso nokungagungqi kwaso ngokusebenzisa izakheko ezahlukahlukeneyo ezincedisana naso kuquka nezinto ezicwangciselwe ukwenziwa, similiselwe ngobunonophi nangokubambisana korhulumente nabantu basekuhlaleni. Esi sicwangciso, esinyanzelisa amasebe karhulumente ukuba onke asebenzisane njengambumba-nye siye saqhwatyel' izandla nguMongameli uMbeki, esithi sikufanekele ukulinganiswa nakwezinye iindawo zeli lizwe.

Kukho iinkalo ezingamashumi amabini ananye (21) ezifanelwe ukuthathelwa ingqalelo ephambili, ezi ziphawuleka ngokubekelw' ecaleni ngokwasentlalweni, ucalucalulo oluvule izikhewu, ulwaphulo-mthetho nobundlobongela obukhulayo, nezinye izinto ezimbi ezichaphazela uluntu, kutsho kuchaphazeleke inkqubela yezoqoqosho nenguqu engokwasentlalweni, nganye kwezi nkalo iyaqwalaselwa ngokweemfuno zayo ezikhethekileyo, iimpawu zayo nendlela echaphazela ngayo abanye abantu- kusetyenziswa ulwalamano lwentsebenziswano phakathi kwabantu basekuhlaleni (abalungelelaniswe bangumbutho omnye omanyeneyo) besebenzisana norhulumente (omelwe liqela labathabi-nxaxheba borhulumente wesizwe, owephondo nowasekhaya)

Izinto ezilungenelelo ngoncedo ezixhaswa liSebe lezeMfundo ziquka ezi:

a) Uphuhliso/ukuqiniswa kwamaPhulo Ongenelelo noNcedo (anjengelithi Siyazingca ngeManenberg *(Proudly Manenberg*) nelithi uMbutho woPhuhliso lweKhayelitsha (*Khayelitsha Development Forum)* –anceda ekuphuculeni intsebenziswano phakathi kwembumba yemibutho yabantu emanyeneyo nentlanganisela yorhulumente omanyeneyo;
b) Ingqungquthela Enkulu yamiNyaka le yokwenziwa kweeNkonzo (kuquka nokukhawuleziswa kwezibonelelo ezinjengesibonelelo sokuxhasa abantwana, ukubhalisela isazisi nokubhaliswa kwabantwana esikolweni);
c) Iimbizo ezi kuba ngo-April 2008 nango-Oktobha 2008 (ezilunxibelelwabo phakathi kwabantu basekuhlaleni neNkulumbuso).
d) UPhandlo noPhuhliso Olunabela Nkalo Zonke (kuquka uphuhliso lweenkqubo zasekuhlaleni zokuvavanya nokulawula imicimbi yeenkedama, abo bachatshazelwe yi-HIV/AIDS kuquka nabanye abafundi abachaphazelekayo).
e) Inkqubo yokulawula inkcazelo/inkcazelo- manani efikelela kwiinkalo zonke
f) UPhuhliso lwezikolo njengamaziko anenyameko. (i-SNOC)
g) Ukuqwalasela ingxaki yokusetyenziswa kweziyobisi njengeyona efuna ngalelo elikhawulezileyo.
h) UKhuseleko ezikolweni.
i) Ukuyeka/ukuqhueka kwabafundi esikolweni.
j) Isondlo sesikolo esiphuculiweyo.

Iindawo ezingama-21 ekujoliswe kuzo zezi:

IKhayelitsha; i-Mitchell's Plain; i-Manenberg; i-Phillipi; i-Elsies River; i-Guguletu; i-Delft; i-Hanover Park; i-Kleinvlei;; i-Bishop Lavis; i-Nyanga; -Muizenberg; i-Drakenstein; i-Kannaland; i-Central i-Karoo i-Matzikamma; i-Vredenberg/Saldanha/Atlantis; i-Cederberg; i-Witzenberg; i-Theewaterskloof ne-Oudtshoorn

INdebe Yehlabathi ka-2010

I-WCED ibambisene neSebe lemiCimbi yeNkcubeko neyemiDlalo noMbutho weBhola Ekhatywayo weZikolo zeNtshona Koloni uyinxalenye yephulo lentsebenziswano eliphakathi kweSebe lezeMfundo neMidlalo noKuzihlaziya eMzantsi Afrika, elibizwa ngokuba luKhuphiswano lweZikolo zaseMzantsi Afrika lweNdebe yeHlabathi yeBhola Ekhatywayo. Izikolo ziza kuba nokhenketho olucetywayo, alungelelanisiweyo, athe rhoqo nanemfundiso aya kwisiza seNdebe yeHlabathi ka-2010. Ukongezelela apho, kukwakho nezinye izinto ezenziwayo nokhuphiswano olubandakanya zonke izifundo neziya kuxhasa amalungiselelo esi siganeko sikhulu kangaka.

Iinjongo zoKhuphiswano lweZikolo lweBhola Ekhatywayo yeNdebe yeHlabathi zezi: kukukhwezela abemi baseMzantsi Afrika, ingakumbi ulutsha ukuba lwamkele iindwendwe luze luthabathe inxaxheba kwiNdebe yeHlabathi yeFIFA ka-2010; ukuba lube nevuso lomoya wokuzingca ngelizwe lethu nangomanyano lwethu luze lwakhe iimpawu zentsulungeko nokungacalucalulani ngokobuhlanga, ukunyamezelana nokuchasa umoya wokungabafuni abantu abavela kwamanye amazwe; ukuba isetyenziswe kakuhle imidlalo yasesikolweni ukukhuthaza impilo engokwasemzimbeni, indlela yobomi enik' impilo, ukuzibophelela kwiimpawu zentsulungeko zasentlalweni nezikhuthaza umanyano lwasentlalweni, kuquka nokubonakalisa uxabiso nentlonelo phakathi komnye nomnye ingootitshala, abafundi kunye nabazali; aze la mphulo ahlanganiswe ngokwesicwangciso namanye amaphulo ezwe lonke, anjengala: iPhulo lokuLumkisa nge-HIV/AIDS, isiCwangciso seSizwe sokuThintela uBundlobongela, nokuhlaziywa kwezimilo, kwanokuqinisekisa ukuba amaziko emfundo akhuselekile kwaye anqabisekile, ukungasetyenziswa kweziyobisi, ukuhlalela kude usetyenziso lweziyobisi nezinto ezidunga ingqondo, nokunamathela kwindlela yokuziphatha emidlalweni; nokukhuthaza uthabatho-nxaxheba lwabona bafundi baninzi kwezo zinto zintle ziya kuba lilifa lethu elijikeleze iNdebe yeHlabathi yeFIFA ka-2010 emculweni, kubugcisa kwinkcubeko nakwibhola ekhatywayo.

A4.3 Iikholeji ze-FET

Eli candelo libaluleke kakhulu kwizicwangciso zethu zophuhliso, ngakumbi kuba lilungiselelwe ukunyusa ufikeleleko kubafundi (ngokuqulunqwa kwezifundo ezifanelekileyo nangokunikwa kwenkxaso-mali). Eli candelo sele lizigqibile izicwangciso eziluqilima zophuhliso, lazihlengahlengisa nezifundo eliziqhubayo, lagqiba nekharityhulam yezifundo ezitsha, ezisekelwe kakhulu kuphando olwenzelwa i-MEDS. Kananjalo imali yophuculo ekhutshwe liSebe leMfundo leSizwe iya kunceda iikholeji zikwazi ukukhawulelana neemfuno zophuhliso zephondo eli nezoqoqosho. Ngokusebenza ngokusondeleleneyo nee-SETAs, iikholeji ziyakwazi ukuba zizifikelele iinkalo ebeziye zajolisa kuzo ngakwicala labafundi abaqeqeshwa emisebenzini ezibekwe liSebe lezaBasebenzi lesizwe. Indawo ebaluleke kakhulu kuphuhliso lweli candelo iya kuba kukusekwa kweNkqubo yeeNkcukacha zeeKholeji ze-FET (*FET College Information System)* eya kuthi isenze sikwazi ukuyilandela ngokuchanekileyo indlela eqhuba ngayo necikizeke ngayo le nkqubo.

Kuza kuchithwa imali eyi-R227 izigidi kuphuculo lweekholeji ze-FET kwesi sithuba sisukela ku-2006/07 ukuya ku-2008/09. ISebe eli kunye neekholeji ze-FET ezintandathu zisebenza ngokwesicwangciso esiluqilima. Iikholeji kufuneka ukuba zenze uvavanyo lweemeko zeendawo ezikuzo nolunye uphando olunxulumene nazo ngokuphathelele kwiimfuno zophuhliso lwabantu bokusebenza kwezi ndawo. ISebe eli liqhuba olwalo uhlalutyo, lize ke lisebenzise iziphumo zalo ekuvavanyeni izicwangciso zeekholeji. Iikholeji zikwimeko entle kakhulu (xa zinokuba nazo izinto) yokukhawulelana nemisantsa ekhoyo kwizakhono kweli Phondo kwakunye nezinto eziphambili ngokubaluleka zesizwe. Izicwangciso zophuculo lweekholeji ezintandathu zimanyaniswe nezicwangciso eziluqilima zekholeji nganye, kwaye ke ngoko zizixhasa ngokupheleleyo iinkalo zemisebenzi ezithe zafunyaniswa ngomsebenzi we-MEDS. Ngale ndlela ke umanyaniso olungenazimfanta lweenjongo zophuculo nezinto eziphambili ngokubaluleka kuphuhliso lwabantu bokusebenza eNtshona Koloni lungafezekiseka.

Uncediso-mali lophuculo alujoliswanga ekongezweni kwezibonelelo ezitsha. Lujoliswe ekuphuculeni nasekuvuseleleni iikholeji ezi ukuze zikwazi ukuwulungela umsebenzi wazo omtsha wokuba ziikholeji ze-FET. Luyimfuneko ke ngoko ekutshintshweni kwemitshini nezinto zokusebenza ezaphelelwa lixesha. Iikholeji ze-FET zaye zasekelwa phezu kwezibonelelo ezigugileyo zeekholeji zobugcisa *(Technical Colleges)* ezaziqhele ukuhlala iminyaka emininzi zingenazinto ngokwaneleyo , kwaye ngeliya xesha localu-calulo – ziphantsi kolwabelo olungalinganiyo. Kananjalo, olu lungiselelo aluwufaki umba wokongezwa kwabasebenzi – indawo leyo eqhwalela kakhulu kuyo iiNtshona Koloni nekudodobalisa kakhulu ukukhula. Ngenxa yezi zinto ke akunakulindelwa ukuba

kungabakho ukukhula (okanye kungaba kuncinane kakhulu) kwesi sithuba. Into enokulindelwa kukunyuka komgangatho kuphuhliso lwabantu bokusebenza, nongqamaniso olubhetele phakathi kwemfundo noqeqesho olunikwayo kunye neemfuno zentlalo noqoqosho zeli Phondo.

A.4.4 Imfundo yabantu abadala

Ukuqhutywa kwe-ABET, kubandakanya nokuqhutywa kwekharityhulam, uLawulo, kuza kungqanyaniswa neemfuno zephondo nakumalinge esizwe, umzkl, i-HCDS kunye ne-EPWP *(Expanded Public Works Programme)*. Kuya kwenziwa amalungiselelo ama-2 500 qho ngonyaka abaya kuxhamla kwikharityhulam ye-ABET ejolise kwizakhono kumanqanaba 1 - 4 nakwawemfundo engentla kwawo; into leyo eya kuqinisa imfuneko yemfundo eqhuba ubomi bonke.

Ufikeleleko lwe- ABET luya kuqinisekiswa ngekharityhulam ecwangcisekileyo yeNqanaba 1, 2 nele-2 phaya kumaziko nangokuxhotyiswa ngolwazi nezakhono nangamanyathelo oqeqesho lweziphathamandla zamaziko nezigqeba zolawulo. Kuza kunikwa ingqwalasela eyodwa kwiNqanaba 4 le-ABET, oko kukuthi, i-*Ancillary Health Care,* iMathematika, iNzululwazi neTekhnoloji.

Amabanga emfundo yootitshala abangaqeqeshelwanga loo msebenzi nabanamabanga emfundo anganeno kulawo alindelekileyo, aza kuphuculwa noQeqesho lwangaphakathi kubanjiswene ne-ETDP SETA. Icandelo le-ABET liya kuthi lenziwe iinguqu ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba liqhuba izifundo eziya kuthi zibe lulutho kwabo bebekhupheleke ngaphandle kwimfundo ngenxa yezizathu ngezizathu. Icandelo eli liza kuhlengahlengiswa, ngokunjalo nezifundo zalo, ngelixa aMaziko okuFunda asekuHlaleni (CLCs) eza kwenziwa afikeleleke kuphela kwabo babesoloko bekhupheleke ngaphandle kwimfundo yasezikolweni.

Amanqanaba okuhlala nokugqiba kwabafundi kwimfundo yabantu abadala nakwicandelo lemfundo ye-FET kumaziko emfundo yabantu abadala aza kuphuculwa ngokuthi kuqhutywe izifundo ezifanelekileyo nangeendlela eziphuculweyo zokunikwa kweenkonzo. Kuza kutsalwa umdla wabafundi ngokwaziswa koluntu ngoku kusetyenziswa iindlela ezahlukeneyo zosasazo. Oku kuza kugqamisa ukubaluleka nenzuzo yeMfundo yabaDala kwaye ijolise ekuncothuleni neengcambu ukugqwaliswa kwabantu abangafundanga.

Izifundo eziqinisekisiweyo zezakhono ezijoliswe ekufundiseleni emsebenzini, kubantu abangasebenziyo, kumabhinqa nakwimimandla yasemaphandleni ziza kuba ziintsika zokuqhutywa kwekharityhulam kumaziko e-ABET ukusukela ngo-2008 ukuya kutsho ku-2011. Ezo zifundo ziya kujolisa kwiimveliso ephambili apha eNtshona Koloni, umzkl, uKhenketho, iiNkampani zaBakhi, iMizi-mveliso neeVenkile. Izifundo ziya kuqhutywa kunye nee-SETA neSebe lezaBasebenzi.

Ubuhlakani obukhoyo namasebe karhulumente wephondo asibhozo, buza kugcinwa, kuze kananjalo kusekwe ubuhlakani obutsha namanye amasebe ephondo nemizi yecandelo lemveliso. Uqeqesho olujolisiweyo lokulawula la maziko, amabhunga alawulayo nootitshala luyinto emele ize kuqala ukuqinisekisa ukuba ii-CLC zinako ukuhlangabezana nemingeni yecandelo le-ABET elihlaziyiweyo.

Izinto eziphambili ezimele ziphunyezwe ngowe-2008/09

I-WCED ilixhasa ngokuzeleyo kwaye ilungiselela ukuphumeza iPhulo lokufundisa Abantu Abaninzi elaMkelwe yiKhabinethi. Esebenzisa eli phulo, urhulumente unenjongo yokuhlangabezana nemingeni emikhulu yokufikelela kwizicwangciso ezandlwalwe kwiphulo elithi imfundo KuMntu Wonke (lowe-1990) nelithi iShumi Leminyaka Lokufunda leZizwe eziManyeneyo (2003-2012). Esi sicwangciso sithiwe thaca phambi kwekhabhinethi yesizwe, sijolise ekufikeleleni abantu abangafundanga abaziizigidi ezi-4,7 ngo-2012. Ulutsha luya kudlala indima ephambili kweli phulo, kuquka neKhomishoni yoLutsha yePhondo, ii-CBO, ii-FBO, njalo-njalo. Ngaphandle kokubandakanyeka kwe-WCED ekujongwe kuko kweli phulo, ikwanenjongo yokufikelela abafundi abangakumbi abangabantu abadala abangama-2 500, ngaphezu kwelo nani lowe-2007.

IiNtlawulo zemiMiselo nemiGangatho kula maZiko okuFunda oLuntu ziya kwenziwa zifumaneke kumaziko eMfundo yabaDala ali-102. Olu xwebhu lweNtlawulo yemiMiselo nemiGangatho lunamalungiselelo okuxhasa abafundi be-ABET abangama-8 886 nabe-FET abali-18 375. Kukwaqukwe nabaLawuli bala maZiko abangama-34 nabaLungelanisi bala maZiko, abaza kuba bemiselwe ixesha elizeleyo ngokwezivumelwano zomsebenzi nomqeshi. Ngokubaqesha ngokusisigxina aba bantu, i-WCED inenjongo yokuqinisekisa ukuba icandelo le-AET lilawulwa kakuhle eNtshona Koloni.

ICandelo B: Izicwangciso Zamacandelo, Imisebenzi Nemisetyenzana

ICandelo B lesi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka siqulathe izicwangciso kunye neenkalo ekujoliswe kuzo zesikhokelo senkcitho, i-MTEF, yomjikelo wama-2008/09 ukuya kuma-2010/11 kwicandelo lemfundo yephondo lilonke, nangokwemisebenzi ngemisebenzi nemisetyenzana yohlahlo-mali. Ekwenzeni oku, lo mqulwana ukwabonisa nohlalutyo lwendlela ezihambe ngayo izinto kwixa elidlulileyo nolwemingeni, nekuthi kusekelwe kulo izicwangciso neenkalo ekujoliswa kuzo eziqulathwe apha.

ICandelo B.0 liqwalasela icandelo lemfundo yephondo lilonke; iCandelo B.1 nele-B.8 wona aqwalasela imisebenzi esibhozo aziinkalo ezahlulwe zazizo iinkonzo zemfundo zephondo, lize ke lona iCandelo B.9 liqwalasele iSicwangciso soTyalo-mali kwiiNtengo Ezinkulu.

Kuyo yonke le misebenzi kunikwa uludwe lwamanani-nkcazo kunye nezingqinisiso zokwenziwa komsebenzi ukwenzela ukuba uhlalutyo nezicwangciso zibekeke ngendlela ecwangcisekileyo.

- Uludwe oluphambili lwamanani-nkcazo lunika iinkcukacha ngemali nangezinye izinto ezingeyomali, kwaye acwangciswa ngokufanayo kuwo onke amaphondo alithoba.

- Imilinganiselo yentsebenzo yimilinganiselo yamanani kunyaka ngamnye, apho le milinganiselo ibonakalisa ukuba ukwenziwa kwenkonzo kuhambe kakuhle kangakanani na kwiminyaka edlulileyo, okanye kulindelwe ukuba ihambe kakuhle kangakanani na kwiminyaka esezayo, ngokweenjongo zikaRhulumente. Kukho umahluko phakathi kwemilinganiselo yentsebenzo engundoqo naleyo yephondo ephondo elo. Imilinganiselo yentsebenzo engundoqo imiselwa ngurhulumente wesizwe, kwaye zikhokelwa ngoonobumba ‘PM’, ngalo gama eyephondo kanye yona isongezwa liphondo elo, kwaye ikhokelwa ngoonobumba ‘PPM’ .

KwisiHlomelo A kudwelise imilinganiselo yentsebenzo engundoqo (ii-PM) ezingama-39 ekuvunyelwe ngazo kuzwelonke. Kwimilinganiselo yentsebenzo, kukho inani, inkcazelo emfutshane kunye nenkcazelo endana.

B.0 Icandelo Lemfundo Yephondo

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiselwa (▲) ezithetha ngecandelo lemfundo yephondo, kunye nezingqinisiso zokwenziwa komsebenzi zazo (►):

	IiNjongo ezinokulinganiselwa	Imilinganiselo yeNtsebenzo
Ufikelelo	▲ Ukuqinisekisa ukuba uluntu olukwiminyaka ekunyanzelekileyo kuyo ukuba lube sesikolweni luyaya esikolweni kweli phondo ▲ Ukwenza ukuba imfundo ifikeleleke kulutsha nakubantu abadala abadlulileyo kwiminyaka ekunyanzelekileyo kuyo ukuba babe sesikolweni.	► PM001: Ipesenti yabafundi abakwiminyaka ekunyanzelekileyo kuyo ukuba sesikolweni oluhamba isikolo. ► PM002: Ipesenti yolutsha oludlulileyo kwiminyaka ekunyanzelekileyo kuyo ukuba sesikolweni oluhamba isikolo namanye amaziko emfundo
Ubulungisa	▲ Ukuqinisekisa ukuba abahluphekileyo kuqalwa ngabo kulwabiwo lwezibonelelo zemfundo zikarhulumente.	► PM003 : Inkcitho karhulumente kwabona bahluphekileyo abafundi, njengepesenti yabo bangahluphekanga kangako
Ucikizeko	▲ Ukufikelela kwinqanaba apho iziphumo zemfundo zisandiswa ngokuphathelele kufikeleleko nakumgangatho, ngokohlahlo-mali lwemfundo olukhoyo.	► PM004: Iminyaka yegalelo ngomfundi ngamnye oyigqibileyo imfundo ye-FETC

	IiNjongo ezinokulinganiselwa	Imilinganiselo yeNtsebenzo
Ukugqiba	▲ Ukuqinisekisa ukuba ukugqiba kwabafundi emfundweni kuyahambelana neemfuno zoqoqosho nezentlalo.	► PM005: Umyinge welona nqanaba lifikelelweyo esikolweni ngabantu abadala
Umgangatho	▲ Ukubumba uluntu olukwaziyo ukufunda	► PM006: Amanqanaba okufunda kwabantu abadala

Imigaqo-nkqubo engqalileyo, izinto eziphambili ngokubaluleka neenkalo ekujoliswe kuzo

Ziye zaphawulwa ezi kwiCandelo A ngasentla kwaye aziphindwanga apha.

Uhlalutyo lokuhamba komsebenzi

Indlela eziphambili zokuhamba kwezinto

Inkcitho kwimfundo kweli phondo iye yenyuka ngomyinge oyi-12.2% ngonyaka oko kwango- 2004/05. Nangona imfundo ifumana esona sixa sikhulu kuhlahlo-mali lwephondo olufumanekayo, isabelo sayo siye sehla ukusuka apho ibe ingama-37.1 epesenti ngo-2007/08 ukuya kuma-36,7 epesenti ngowe-2008/09.

Inani neendidi zabafundi zezona zinto luxhomekeka kuzo ulwabiwo lohlahlo-mali lweSebe leMfundo. Abafundi bahlulwe baziindidi ezintandathu ezinikwa inkxaso-mali: iBakala R, izikolo zaseprayimari, izikolo zasesekondari, abafundi abaneemfuno ezizodwa (i-LSEN), abafundi beekholeji ze-FET nabafundi bamaziko emfundo yabantu abadala.

Ngaphandle kwakumaziko eBakala R asekuhlaleni nawemfundo yabantu abadala, inkxaso-mali ibandakanya ulwabelo lwabasebenzi nolwemimiselo nemigangatho. IBakala R kumaziko asekuhlaleni nakumaziko emfundo yabantu abadala afumana iintlawulo zemimiselo nemigangatho ezikwasetyenziselwa ukuhlawula abasebenzi abafundisayo nabomsebenzi wolawulo.

Ufikelelo

Kule minyaka mihlanu idlulileyo kuye kwaphantsa ukubhaliswa ngokupheleleyo kwiBakala 1 eNtshona Koloni, kwakunye nobhaliso olupheleleyo kwizikolo zaseprayimari. Ngamanye amazwi, ubuninzi babantwana baseNtshona Koloni abaphakathi kweminyaka esixhenxe ubudala nelishumi elinesine babhalisiwe emfundweni ngokwamanqanaba aphantse ukubafanela. Kambe ke kukho ukuhla kakhulu kwamanani ababhaliswayo emva kweBakala 8 kwaye kutsha nje nakwiBakala 10

Amanani abo babhalisele iBakala 12 ezikolweni alatha ukunyuka okuthile ngowe-2008 kukho elona nani likhulu lababhalisileyo ukususela ngowe-1994 (ama-43 208) – ulwando lwe-1 907 ngaphezu kowe- 2007. Ngokufanayo kukho abafundi abaninzi ngakumbi abangama-2 270 kwiBakala 11 (ama-64 175 xa bethelekiswa nama-61 938 ngowe-2007). Umngeni uya kuba kukuzama ukugcina abona baninzi bekwinkqubo yesikolo. Xa sijonga ngokubanzi kukho uphuculo ukusuka kubafundi abamalunga nesinye kwithathu ababhalisayo kwiBakala 1 abathi baqhubeke njalo de baye kuphumela kwiBakala 12 (ngowe-1994), bakwinani elisondeleyo kwisiqingatha ngowe-2008. Yakuba nje iqalile ukusetyenziswa inkqubo ye-*FETMIS* kuya kubakho inkcazelo-manani ethembeke ngakumbi ngabafundi abakhethe ukuya kungena kwiinkqubo zemfundo ezikwiikholeji ze-FET. Inkcazelo-manani engaqinisekiswanga yalatha ukuba kukho ubungqina obuthembisayo obuvelayo: ngowe-2004 kwakukho abafundi basekholejini abangama-4444 abazigqiba ngempumelelo amabanga emfundo abo azeleyo; inanai lowe-2007 ngama-22 661; abafundi ababhalise kuqeqesho olusekelwe kwiiKholeji ze-FET landile ukusuka kuma-648 ngowe-2004 ukusa kuma-4525 ngowe-2008; amanani ezicwangciso zemfundo ezinxulumene nezoshishino aye akhula ukusuka kwi-13 ukusa kuma-24. Amanani abafundi abathwesw' izidanga kwizifundo ezifutshane aye akhula ukusuka kuma-965 ukusa kwi-10 062.

Ubulungisa

Eyona nxalenye inkulu yohlahlo-mali iya kwizikolo zaseprayimari nezesekondari, kubandakanywa nezikolo zabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa (LSEN). Kwimfundo yezikolo abasebenzi babiwa ngokulinganayo ngokwamanani abafundi axeliweyo namanqanaba entlupheko eendawo ezo zikuzo. Inkxaso-mali yemimiselo nemigangatho ikhutshwa ngokwamanqanaba entlupheko, ezona zihluphekileyo, ngokomyinge, zifumane ngokuphinda-phindeke kathandathu kunezona zingahlelelekanga.

Inkcitho-mali engamiselwanga nengabekelwanga izinto ezingenanto yakwenza nabasebenzi iyi-13,1% yenkcitho epheleleyo yonyaka-mali wama-2008/09. Inkcitho-mali kwizinto ezingenanto yakwenza nabasebenzi iquka imali ebekelwe inkxaso kwezemimiselo nemiqathango kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo zaseprayimari nasesekondari, uthutho lwabafundi ngezithuthi, izibonelelo zoncedo zangaphakathi kunye nodluliselo lweentlawulo kwizikolo ezizimeleyo, izikolo zikarhulumente ezizodwa, iikholeji ze-FET, amaziko e-ABET kunye nezikolo ze-ECD namaziko azo.

Inkcitho kwiintengo ezinkulu nayo inyukile ukusuka kwi-2,7% yenkcitho ka-2004/05 yaya kutsho kwi-2,2% yoqikelelo lwenkcitho ka-2008/09. Le nkcitho ibandakanya isikakhulu ubonelelo ngeeprojekthi zezibonelelo kwakunye neekhompyutha zeKhanya Project. Isizathu sokuncipha kukuba inkxaso- mali yenkqubo yokwenziwa kweenkonzo zekhapitali yamaseko ezibonelelo ekhawulezileyo, eyayikhona ngonyaka-mali wama-2005/06 ukuya kuma-2006/07 evela kwi-*Asset Financing Reserve* (i-AFR), ithathwe kuhlahlo-mali lwesebe leminyaka ezayo ukuqala ku-2007/08.

UMsebenzi 2: Izikolo zikarhulumente zesiqhelo zisathe gqolo ngokuba yeyona nkalo iphambili kujoliso lwenkxaso-mali yeli sebe. I-80,6% yohlahlo-mali luka-2008/09 yabelwe lo Msebenzi. Iinkonzo eziphambili ezibandakanyiweyo kulo Msebenzi yimfundo yaseprayimari neyasesekondari kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo (kubandakanya nezibonelelo), ulawulo lwee-ofisi zezithili nokunikelwa kwenkxaso kumaziko emfundo, uphuhliso lwabasebenzi abakumaziko emfundo kwakunye noncediso-mali olunemiqathango loMsebenzi weSondlo saseSikolweni weSizwe. I-56.8% yohlahlo-mali lwalo Msebenzi iya kwizikolo zaseprayimaari, ize i-37.9% iye kwezasesekondari.

Imisebenzi eye yabonakalisa ukukhula kakhulu ukusuka ku-2004/05 ukuya kutsho ku-2008/09 nguMsebenzi 7: iMfundo yaBantwana yasekuQaleni apho kuye kwabonelelwa ngezinto zokusebenza ezongezelelweyo ngeenjongo zokukhuthaza ubhaliso kwiBakala R kwakunye ne-EPWP ejoliswe kuqeqesho lwabasebenzi be-ECD kumaziko e-ECD, uMsebenzi 5: iMfundo yeCandelo le-FET, apho imali ilungiselelwe uphuculo lweekholeji ze-FET noMsebenzi 8: iiNkonzo zoncediso nezinxulumene nazo apho imali ilungiselelwe ukuqhutywa kwe-HCDS ngokungqanyaniswe nesicwangciso esiluqilima sophuhliso sephondo esiliphulo, iKapa Elihlumayo.

Iminyaka emi-5 yokuqala yesiCwangciso se-WCED soBulungisa kwezeNgqesho (i-EE) iye yaya kufikelela kuDisemba 2007. Phezu kwayo nje imiqobo emininzi, isiCwangciso se-EE siye senza inkqubela ethe ngcembe kwaye umbutho we-EE omele abantu uye wayiphumeza ngenyameko imbopheleleko yawo yokuvelela esi sicwangciso. I-WCED iye yenza ngokuvisisana nazo zonke iinjongo nemiqathango yoMthetho wobuLungisa kwezeNgqesho yaza yayithumela ingxelo yonyaka ye-EE kwiSebe lezeMisebenzi njengoko kufuneka njalo. I-WCED iye yakhupha kwanemiyalelo engokwemigaqo-nkqubo, phakathi kwezinye izinto, ethe yalatha ezona zinto zilungileyo ezimele zenziwe nenkqubela emayela neethagethi zoBulungisa kwezeNgqesho kwinqanaba leziko lemfundo. Oku kuye kwaphumela kwinkqubela ephawulekayo ingakumbi ngokuphathelele nokumelwa kwabasetyhini kumaqela okulawula izikolo. Kuye kwakhangelwa kwisicwangciso esilandelayo seminyaka emi-5 ezayo saza saqalisa ukusetyenziswa ukususela ngoJanuwari 2008. Umjikelo wokuqala wokumiselwa kwabantu kolu hlengahlengiso lwesebe uye wezisa ukumelwa okuhle kokulingana kwingqesho ngokwe-SMS ehlengahlengisiweyo kwaye imiba engokulingana emsebenzini iya kuqhubeka malunga nokuba kuza kumiselwa bani ngaphantsi kwesi sicwangciso sohlengahlengiso.

UMgaqo-nkqubo weZikolo ekungaHlawulwa Mali kuzo wamiselwa ebudeni bonyaka we-2006 ekwathi izikolo zaseprayimari ezingama-419 kwezona zihlwempuzekileyo zanikwa uFaniso lokuba zizikolo ekuNgahlawulwa Mali kuzo, ngaloo ndlela kushenxisa uxanduva lwemali ehlawulwa ezikolweni kubafundi abamalunga ne-150 000. (abali-15,1% ukususela ngomhla wo-1 kuMeyi, 2006. Ezinye izikolo ezingakumbi ezingama-234 (kokubini ezaseprayimari nezasesekondari) zanikwa olo phawu lokuba zizikolo ekungahlawulwa mali kuzo ukususela ngoJanuwari 2007, nto leyo etsho ilifikise kuma-653 inani lezikolo ekungahlawula mali kuzo apha eNtshona Koloni, ekufunda kuzo malunga nama-346 000 abantwana okanye ama-37,6% abo bonke abafundi.

Ulwando oluthe ngcembe kwinani lezithuba zokufundisa lube negalelo ngokuphawulekayo ekuphuculweni komlinganiselo katitshala kubantwana, nto leyo ebaluleke ngokwenene ekufunyanweni kwemfundo esemgangathweni. Ekuqaleni konyaka we-2007, bekukho izithuba zokufundisa ezingama-30 872 ezazivunyiwe lisebe. Oku kuquka ootitshala beMathematika nabeNzululwazi abaqeshwe kwiZikolo zeDinaledi, ama-21 ootitshala abemiselwe kwizikolo ekugxilwe kuzo ezahlukahlukeneyo ukuze bancedise ekuphuhlisweni kwengcamango yezikolo ekugxilwe kuzo kwanezithuba ezingama-70 ezazabelwe izithili ezisi-7 ukwenzela amaphulo awahlukahlukeneyo okuphuhliswa kwezikolo ezihlelelekileyo, kuquka nokuphuculwa kokusebenza kwezikolo ezingama-34 zemfundo ephakamileyo ezingaqhubi kakuhle. Isicwangciso sootitshala abaNcedisayo (i-TAP) samisela ama-510 ootitshala abancedisayo kwizikolo ezili-163. Ngowe-2008 zizonke izithuba zokufundisa ziye zandiswa ngama-747 ezithuba ezingakumbi, nto leyo eyalinyusayo inani lazo ukususela kuma-30 872 ukusa kuma-31 619.

Ucikizeko

Nangona inkcazo-manani yethu emayela ne-PM 4 ingekafumaneki, siphawula ukuba usenjalo la mlinganiselo we-7.9% kumaBakala 1 ukuya kwele-7 uze ube li-18% kumabakala 8 -12. Kulungiselelwe ululeko olusemagqabini ngemisebenzi yobomi bonke enokulandelwa ngumfundi kwaye amanani awandileyo abo babhalisele amaBakala 11 nele-12 (abamalunga nama-2 000 kwibakala ngalinye ngowe-2008) axela ukuba izinto ziya ekulungeni.

Ukugqiba

Uwonke umsebenzi owenziwa esikolweni, kwikholeji ye-FET nakumacandelo e-ABET uyahlangana ukuze ubonise indlela ezinemphumo ngayo izicwangciso ezisetyenzisiweyo kule Njongo inoKulinganiselwa. Ukwandiswa nokwahlukahlukaniswa kwezicwangciso ezinikelwayo, nezo, ngokomzekelo, zifunwa ngaphandle kwesebe, ngenxa yobuqabane obukhoyo, kwalathiswa kukuziqonda iimfuno zesetyana ngalinye yaye ngokufuthi kulawulwa yimali ekhoyo kwi-SETA leyo namathuba oQeqesho avulekileyo. Eyona nkalo iphunyezwe ngokusemagqabini kwisetyana leeKholeji ze-FET ibe sekuphuhlisweni kwezakhiwo nto leyo equke ukuphuculwa kwamaziko awahlukahlukeneyo. Inkqubo yohlengahlengiso idale indawo ekunokusetyenzelwa kuyo yaza yavelisa amathuba amahle okuguqula ezi zinto zinconyelweyo kwisiCwangciso soPhuhliso Oluncinane zibe zizinto ezinokwenzeka. Bekukho ujoliso obelubekwe ekuphuculwni kweziko leKholeji yase-West Coast, ukuqinisekisa ukuba kubakho uphuhliso lwezakhono ezingqamene ne-MEDS kwaneenfuno zesizwe, njengoko zandlalwe kwisicwangciso sesizwe sokuphuhliswa kwabantu.

Kuye kwabelwa ama-R80 ezigidi esabelwa iikholeji ze-FET ezi-6 kulo nyaka wesibini kwemithathu yoMsebenzi woHlenga-hlengiso. Ezi kholeji ziyaqhubeka ziyisebenzisa le mali kwezo ndawo zingundoqo, oko kukuthi, ekhakweni izakhono zabantu, ekuthengeni umhlaba/izakhiwo ezitsha; ukuphucula amaziko asekholejini; kwizixhobo zokusebenza nasekuphumezeni ikharityhulam. Kungokunje kukho iikholeji ezintathu ezigqibezela iiprojekthi zokwakha awayeziwalise kunyaka-mali odlulileyo. Kuza kufundiswa izicwangciso zemfundo ezingama-711 kwiikholeji zethu kulo we-2008: ezingama-443 zizicwangciso zemfundo engemisebenzi kwezoshishino, ezili-316 zizifundo zezakhono kwezemisebenzi yezandla.

Umgangatho

IPhondo lisalindele iinkcukacha ngamalungiselelo ePhulo lokuFundiswa kwaBantu Abaninzi lesizwe. Okwangoku bekukho umsebenzi oqhubela phambili ngokuthe ngcembe kwinkalo yokuFunda kwaBantu Abadala, ngokomzekelo kwisicwangciso esithi “Omnye afundise Omnye” esiqhutyelwa eBreede River, eseOverberg.

Uhlahlelo Lwemiqobo namanyathelo acetywayo okuyishenxisa

Ulwando lwe-16.7 pesenti kubemi baseNtshona Koloni ukusuka kwizi-4 524 335 ngowe-2001 ukuya a kwi-5 278 585 ngowe-2007 okubikwe kwiSaveyi yoLuntu 2007, luye lwanempembelelo enkulu ekufunweni kokwenziwa kweenkonzo. Oku kube nesiphumo ekulungiselelweni kokufumaneka kwamagumbi okufundela, kwe-LTSM, kwezixhobo zokukusetyenziswa, kotitshala bokufundisa, kwamagosa axhasa ezi nkonzo, njalo-njalo kwaye ngokuqhelekileyo oku kukhokrelela ekuphazanyisweni kwenkqubo yokufundisa, ingakumbi ekuqaleni konyaka nasekucebeni nasekulungiseleleni amagumbi okufundela iBakala R.

Amasetyana amatsha kwi-WCED okusingatha “ukuCeba” izakhiwo, ukuthuthwa kwabafundi nezixhobo zokuxhasa ukufunda nokufundisa kwelinye icala, kuze kwelinye icala kubekho isetyana “loPhunyezo Zinkonzo” amele aqalise ukuvelisa iingenelo mayela nalo mngeni kwithuba eliphakathi ukuya kwelikude. Aya kucetyiswa namasetyana asandul’ ukumiselwa, “eloLawulo loLwazi” “neloPhando” njengoko etyhalela phambili “kwiziCwangciso zokuXhaswa kwemfundo” eziya kuzisa uzinzo kweli sebe.

Inxalenye enkulu yophuhliso ixhomekeke kwintsebenziswano emanyeneyo ephakathi kwamasebe ngamasebe karhulumente. Lo ngummandla esimele sidibanise ndawonye bonke ubuncwane (kokubini obuyimali nobuzizakhono zoluntu) ukuba kuzuzwe iziphumo elunge ngakumbi, ingakumbi xa sicinga ngokuqosheliswa kwalo mjikelo weminyaka emi-5. Isicwangciso sephondo sokufeza okuthile siza kumiselwa kwiindawo ezingama-21 eziphawuliweyo (ii-STP), ukhuselekho ezikolweni, isicwangciso esimbaxa sokuthintela ukusetyenziswa kakubi kweziyobisi nesicwangciso esimbaxa sephondo sokulwa neHIV/AIDS, yimiba ecacileyo ekunokuzekeliswa ngayo: ukuze kuhlanganiswe kuze setyenziswe ndawonye ubuncwane, kuya kufuna abantu abakwizigxina eziphezulu bazimisele ngokwenene. ISebe loMgaqo-nkqubo nokuCeba, likunye neSetyana elikwi-ofisi kaNtsumpa-Jikelele elisandl’ ukumiselwa (ligxininisa kubudlelwane obuphakathi kwamasebe ngamasebe karhulumente) aza kuhlanganiswa ukuze akhawulezise okanye agqibezele ii-MOU, izivumelwano ngomGangatho Weenkonzo kuquka nezixokelelwano ezifikelelekayo kumntu wonke kokubini kumgangatho wephondo nowasekuhlaleni.

ST001	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto					
	2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*
IMALI EKHOYO (R'000)						
Isabelo Esilinganayo	6,292,822	6,559,897	7,520,995	8,607,711	9,676,157	10,500,288
Uncediso olunemiqathango	143,683	254,536	226,358	282,736	260,113	341,134
Inkxaso-mali evela kubalizi	0	0	0	0	0	0
Ezinye izimali (Intsalela kwiMali Yeempahla Ezinkulu)	0	81,633	47,000	105,000	54,000	0
Imali eyeyeSebe eli	12,739	24,296	28,379	24,466	23,691	22,874
IYONKE	6,449,244	6,920,362	7,822,732	9,019,913	10,013,961	10,864,296
IINTLAWULO NGOKWEMISEBENZI (R'000)						
1 Ulawulo	250,870	309,789	375,230	410,189	445,617	468,865
2 Imfundo yeZikolo zesiqhelo zikarhulumente (bona ukwahlulwahlulwa kwazo ngezantsi)	5,335,181	5,601,575	6,281,203	7,267,732	8,095,465	8,788,102
3 UNcediso-mali lwezikolo ezizimelyo	32,445	34,259	39,541	48,406	51,637	54,413
4 Imfundo yezikolo zikarhulumente ezizodwa	366,447	389,112	423,846	500,589	549,854	602,885
5 I-FET	168,186	271,048	309,637	326,858	345,641	363,447
6 IMfundo yabantu abadala	23,051	23,539	26,056	27,789	29,433	30,911
7 IMfundo yabantwana yasekuqaleni	74,477	90,195	164,804	226,792	274,011	320,922
8 IiNkonzo zoncediso nezinxulumene nazo	198,587	200,845	202,415	211,558	222,303	234,751
IYONKE	6,449,244	6,920,362	7,822,732	9,019,913	10,013,961	10,864,296
INTLAWULO YEZKOLO ZIKARHULUMENTE ZESIQHELO (R'000)						
2.1 Izikolo zaseprayimari zikarhulumente	2,981,194	3,119,550	3,576,969	4,127,395	4,538,325	4,923,722
2.2 Izikolo zasesekondari zikarhulumente	2,139,444	2,245,798	2,392,337	2,751,595	3,025,551	3,282,482

ST001	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto (zisaqhutywa)					
	2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*
INTLAWULO NGOKOLWAHLULO NGOKOQOQOSHO (R'000)						
Intlawulo yomhla nezolo	5,493,589	5,911,951	6,717,287	7,651,905	8,542,008	9,247,989
Imbuyekezo yabasebenzi	4,962,469	5,253,453	5,917,950	6,744,600	7,538,417	8,104,273
Ootitshala	4,332,476	4,570,494	5,144,220	5,875,780	6,568,370	7,065,443
Abangengabo ootitshala	629,993	682,959	773,730	868,820	970,047	1,038,830
Iimpahla neenkonzo nezinye iintlawulo eziqhubekayo	531,120	658,498	799,337	907,305	1,003,591	1,143,716
Udluliselo noncediso-mali	661,590	773,526	911,073	1,176,166	1,233,173	1,311,823
Iintlawulo zeentengo ezinkulu	294,065	234,885	194,372	191,842	238,780	304,484
IYONKE	6,449,244	6,920,362	7,822,732	9,019,913	10,013,961	10,864,296
UQESHO LWABASEBENZI						
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	30 059	30 491	30 528	30 729	30 729	30 729
Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	8 316	7 974	8 353	8 280	8 405	8 405
UBHALISO KWINQANABA EKUNYANZELEKILEYO KULO UKUBA SESIKOLWENI						
Abafundi abaneminyaka eyi-7 ukuya kweli-14 kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo	621 250	599 112	593 960	596 000	598 000	600 000
Abafundi abaneminyaka eyi-7 ukuya kweli- 14 kwizikolo zikarhulumente ezizodwa	6 490	7 413	5 866	6 687	6 800	6 900
Abafundi abaneminyaka eyi-7 ukuya kweli- 14 kwizikolo ezizimeleyo	12 109	16 072	13 370	16 080	16 080	16 080
IYONKE	639 849	622 597	613 196	618 767	620 880	622 980
UBHALISO KUMANQANABA ASEMVA KWEKUNYANZELEKILEYO KUWO UKUBA SESIKOLWENI						
Abafundi abaneminyaka eli-15 ukuya kweli-17 kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo	192 997	193 834	194 779	196 000	198 000	200 000
Abafundi abaneminyaka eli-15 ukuya kweli-17 kwizikolo zikarhulumente ezizodwa	7 401	6 452	6 706	8 568	8 700	8 800
Abafundi abaneminyaka eli-15 ukuya kweli-17 kwizikolo ezizimeleyo	4 314	4 823	3 884	4 825	4 825	4 825
Abafundi abaneminyaka eli-15 ukuya kweli-17 kwiikholeji ze-FET	Akukho datha yembali ifumanekayo	3 593	3 593	3 593	3 593	3 593
IYONKE	204 712	208 702	208 962	212 986	215 118	217 218

ST001	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – lindlela eziphambili zokuhamba kwezinto (zisaqhutywa)					
	2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*
ABANTU						
Abantu abaneminyaka eyi-7 ukuya kweli-14	679 463	690 806	704 444	717 729	730 857	743 061
Abantu abaneminyaka eli-15 ukuya kweli-17	247 265	250 644	256 755	262 603	267 905	272 675
► IZINGQINISISO ZOMSEBENZI						
► PM001: Ipesenti yabantwana abakwiminyaka ekunyanzelekileyo ukuba sesikolweni kuyo abayayo esikolweni	98.8%	98.4%	99.1%	99.2%	99.3%	99.4%
► PM002: Ipesenti yolutsha oludlulileyo kwiminyaka ekunyanzelekileyo kuyo ukuba sesikolweni oluyayo esikolweni nakwamanye amaziko emfundo	83.5%	84.7%	82.3%	83.0%	84.0%	85.0%
► PM003: Inkcitho karhulumente kwabona bafundi bahlwempuzekileyo njengepesenti yabo bangahluphekanga kangako	104.8%	102.9%	102.9%	102.9%	102.9%	102.9%
► PM004: Iminyaka yegalelo ngaye ngamnye ophumelela i-FETC	Lo mlinganiselo wentsebenzi awunakubalwa ngoku ngamaphondo ngenxa yokuba ayifumaneki imithombo yedatha chanileyo.					
► PM005: Umyinge welona bakala liphezulu lifikelelweyo ngabantu abadala apha eluntwini	9.3	9.5	9.4	9.5	9.6	9.7
► PM006: Amazinga okukwazi ukufunda nokubhala kubantu abadala	94.0%	95.1%	95.6%	95.7%	95.8%	95.9%

Qaphela: Zonke ezi zingqinisiso, ngaphandle kuka-PM003 no-PM004, zisekelwe kuvavanyo lweenkcukacha zasekhaya. Qaphela: Iipesenti zika-PM001 nezika-PM002 zifunyenwe kwiGeneral Household Survey yowe-2004, 2005 nowe-2006 kwaye zisenokwahluka kancinane kubhaliso ngokoluntu oluboniswe kwenye indawo.
Imvelaphi Yeenkcukacha: *Provincial Budget Statement* (2008) [amanani ezimali ka-2007/08 ngawoqikelelo oluhlaziyiweyo]; Persal [amanani abasebenzi baka-2006 no-2007 abhekisela kuJulayi noFebruwari ngokulandelelana kwawo]; EMIS ; Amanani oluntu anikwe liSebe leMfundo leSizwe (DoE) ngokusuka kwi-*General Household Survey* yowe-2006. Amanani abasebenzi abaqeshwe ngurhulumente kolu ludwe nakolunye uludwe olukhoyo olubonisa indlela ezihamba ngayo zizinto abanisa abasebenzi abakhoyo kwiPersal, nokuba ithini na imeko yabo, (ngokomzkl. enoba baqeshwe isigxina okanye basangxungxile na) ngexesha elo elithile enyakeni.

ST002	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – Amazinga Obhaliso ngokobudala (2007)						
	2.1 Izikolo zaseprayi-mari zikarhulu-mente	2.2 Izikolo zasesekondari zikarhulumente	3 Izikolo ezizimeleyo	4 Izikolo ezizodwa	5 likholeji ze-FET (ababali-weyo)	Abantu	Amanqa-naba obhaliso ngokobu-dala
< Ubudala 6	61	2	49	307			
Ubudala 6	22 300	240	811	245		91 402	25.8
Ubudala 7	72 301	1 251	1 910	310		90 869	83.4
Ubudala 8	73 029	1 301	1 858	411		90 157	85.0
Ubudala 9	71 569	1 290	1 783	560		89 266	84.2
Ubudala 10	74 649	1 326	1 657	731		88 112	88.9
Ubudala 11	75 433	1 393	1 671	862		87 078	91.1
Ubudala 12	73 398	1 477	1 556	998		86 437	89.6
Ubudala 13	73 729	2 998	1 519	1 064		86 190	92.0
Ubudala 14	27 092	46 925	1 399	1 450		86 335	89.0
Ubudala 15	10 571	59 977	1 321	2 381	96	85 961	86.4
Ubudala 16	3 636	64 021	1 357	2 655	1 087	85 325	84.0
Ubudala 17	1 327	61 899	1 206	2 176	2 410	85 468	77.9
Ubudala 18	369	47 717	682	1 251	4 382	86 392	57.9
Ubudala 18	139	37 583	203	363	33 895		
BEBONKE (Ubudala 6 to 18)	579 403	291 815	18 730	15 094	7 975	1 138 993	79.5

2006 General Household Survey (Population)
Imvelaphi yenkcazelo: Post Provisioning Model 2008

ST003	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – Ubonelelo Ngokusebenzisa iMimiselo yoBonelelo)(2008)				
Imisebenzi/linjongo zezithuba	Izithuba PL1	Izithuba PL2	Izithuba PL3	Izithuba PL4	Zizonke
Izithuba ezikhutshwe ngaphambi kokusetyenziswa kwesikhokelo	2 561	98	66	9	2 734
Izithuba ezikhutshwe ngokwesikhokelo	20 599	4 358	1 416	1 547	27 920
2. Izikolo zikarhulumente zesiqhelo	18 756	3 965	1 244	1 447	25 412
2.1 Izikolo zaseprayimari zikarhulumente	11 261	2 328	719	1 092	15 400
Izithuba ezisezikolweni	11 261	2 328	719	1 092	15 400
Izithuba ezingekho zikolweni	0	0	0	0	0
2.2 Isigaba sasezisekondari zikarhulumente	7 495	1 637	525	355	10 012
Izithuba ezisezikolweni	7 495	1 637	525	355	10 012
Izithuba ezingekho zikolweni	0	0	0	0	0
4. Imfundo yezikolo zikarhulumente ezizodwa	1 226	244	76	72	1 618
5. Imfundo yecandelo le-FET	617	149	96	28*	890
ZIZONKE	23 160	4 456	1 482	1 556	30 654

Ingcaciswana: Izithuba eziye zakhutshwa ngaphambi kokuba sisetyenziswe isikhokelo zizithuba ezabelwe ii-ofisi, imfundo yabantu abadala kunye neenjongo ezikhethekileyo, ngokomzekelo, ukhawulelwano nentlupheko, ootitshala ababambeleyo, i-Cape Teaching Institute, njalo-njalo, oko kukuthi izithuba zemisebenzi ezingekho zikolweni zesiqhelo zikarhulumente, izikolo ezizodwa zikarhulumente neekholeji ze-FET. La manani angentla akazibandakanyi izithuba ezingama-818, ezo zabelwe imisebenzi yolawulo.

ST004	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO – Inkcitho kuphuhliso lwezakhono zabasebenzi (2007/08)							
	Umseb 1 uLawulo	Umseb 2 POS	Umseb 3 Ezizime-leyo	Umse 4 Ezizodwa	Umseb 5 FET	Umseb 6 ABET	Umseb 7 ECD	Iyonke
Inkcitho (amawaka) R)	20,402	35,679	-	-	-	-	-	56,081
Abaqeqeshwayo	12 421	19 087	-	-	-	-	-	31 508
Ootitshala	7 627	17 519	-	-	-	-	-	25 146
Imisebenzi yezakhono	2 109	13 297	-	-	-	-	-	15 406
Uqeqesho kwikharityhulam etshintshayo	1 990	3 510	-	-	-	-	-	5 500
Olunye uqeqesho lwasebesebenza	3 528	467	-	-	-	-	-	3 995
Uqeqesho lwe-HIV/AIDS	-	245	-	-	-	-	-	245
Abangezotitshala	4 794	1 568	-	-	-	-	-	6 362

Qaphela: Olu ludwe lubonakalisa yonke inkcitho yeSebe eli kuphuhliso lwezakhono zabasebenzi balo. Ibandakanya neendleko zabaqeqeshwa abaqeshwe lisebe eli. Utitshala omnye unokubalwa kabini, umzekelo, utitshala oye wafumana uqeqesho kwi-HIV/AIDS nekharityhulam kwakulo nyaka kuthethwa ngawo. Nangona kunjalo, ixabiso eliphantsi komgca othi 'Ootitshala" alibonakalisi kubalwa kabini.

Qaphela: Iindleko zophuhliso lwabasebenzi ziqukwe ngaphantsi kwemisetyenzana enegama elinye kumsebenzi ngamnye ekubhekiselwe kuwo. Noko ke, ekubeni kungekho ndlela yakubhalwa kwenkcitho yokwenene eyenziwe kumntu othile ize yabiwe ngayo ngaphantsi kwemisetyenzana eyahlukahlukeneyo yophuhliso lwabasebenzi, imali ilungiselelwe kuphela ukuphuhlisa abasebenzi ngokwale misebenzi, uMsebenzi 1: ULawulo neMisebenzi noMsebenzi 2: izikolo eziqhelekileyo zikaRhulumente.

Imvelaphi yenkcazelo: Internal Human Capital Development, WCED

B.1 Ulawulo

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiselwa (▲) eziphathelele kuMsebenzi 1: uLawulo, kunye nezingqinisiso zazo zokwenziwa komsebenzi(►):

	IiNjongo eziNokulingniselwa	Imilinganiselo yeNtsebenzo
Ucikizeko	▲ Ukuzisa ulawulo olunempumelelo kuwo onke amanqanaba emfundo.	► PM101: Ipesenti yezikolo ezisebenzisa iNkqubo yoLawulo lweZikolo ► PM102: Ipesenti yezikolo ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (i-imeyile liSebe eli ► PM103: Ipesenti yamabhinqa amnyama akwizikhundla zoLawulo eziphezulu
	▲ Ukufezekisa ukhanjiswa okuphelele kangangoko kwezimali, kweempahla nabantu bokusebenza kwiinkalo zonke zemfundo le	► PM104: Ipesenti yenkcitho yomhla nezolo eya kwizinto ezinjgengobasebenzi

Imigaqo-nkqubo exeliweyo, izinto eziphambili ngokubaluleka neenjongo ezicwangcisekileyo

ImiGaqo-nkqubo

UMthetho wokuPhathwa kweZimali zikaRhulumente (iPFMA), uMthetho osiSakhelo sokuThenga ngokuKhethekileyo *(Prefential Procurement Framework Act)*, uMthetho wokuKhuthaza uFikelelo kwiNkcazelo (uMthetho woBulungisa kwezeNgqesho, uMthetho woPhuhliso lweZakhono, uMthetho weNgqesho yooTisthala)

Iinkalo ekuJoliswe kuzo neeNjongo eziCwangcisekileyo

Ukukhuthaza ukwamkelwa koxanduva lokuphendula kuwo onke amanqanaba, ngokwegunya elinikwa ngumthetho
Ukuzisa ulawulo olunempumelelo kuwo onke amanqanaba emfundo.
Ukuseka uLawulo loQinisekiso lomGangatho apha kwi-WCED
Ukuqiniseka ukuba kukho ukuphathwa nokulawulwa okukuko kuwo onke amaziko emfundo nakwizakhelo eziwaxhasayo

Izinto Eziphambili ngokubaluleka

Izinto eziphambili ngokubaluleka ziquka -

- Umiselo oluqhubekayo lwe-HCDS
- Umiselo lwesigaba sesibini sesakhelo seqoqo eliphezulu lolawulo kwi-WCED ehlengahlengisiweyo, oluza kuqinisekisa ukuba isebe likulungele ukumisela i-HCDS kwaye limele wonke ummi waseNtshona Koloni.
- Ukuqinisekisa ukuba iNkqubo yoLandelo loMkhondo waBafundi (*Learner Tracking System)* iyasebenza kunye neNkqubo yolawulo lweekholeji ze-FET eyimfundo yecandelo le-*FET Management Information System* (FETMIS).
- Ukuphuhlisa iZakhono zoLuntu kwezeNtlalo kwicandelo lemfundo ngokusebenzisana neeforam ze-RCL, ootitshala abadla umhlalaphantsi nee-SGB kunye namanye amaphulo obambiswano noluntu.
- Ukuphucula zonke iinkalo zolawulo lwemali nemisebenzi ye-akhawuntingi ukuze kuyiwe kufikelelwa kwiNqanaba 4 eliphononongwayo lesebe.

Uhlalutyo lwenkqubela eyenziweyo

Kukho ukungenelelana phakathi kwezalathisi ezikulo Msebenzi nezo zikuMsebenzi 2. Kugqitywe ukuba zingaphinda-phindwa iinkcukacha ezingokuphuculwa kolawulo lwesikolo zize ziqukwe kolu hlahlelo kunokuba ziqukwe kuhlahlelo loMsebenzi 2.

Ucikizeko

Iziko lokuFundisa nelobuNkokeli laseKapa (CTLI)

I-CTI iye yahlengahlengiswa ngokutsha kwaye ngoku yaziwa njenge-CTLI kwaye iqhube ngempumelelo uqeqesho lwaminyaka le nekwinkqubo yophuhliso kootitshala bamaNqanam Aphantsi, Aphakathi naPhezulu kananjalo nakulawulo lwesikolo nophuhliso lobunkokheli. Impembelelo yohlolo ukuphazamisa uqeqesho iqinisekise umgangatho okwinqanaba eliphezulu lokuba nempumelelo eklasini nakwiindawo ezichongiweyo ukuphucula nenkxaso eyongezelelweyo efunekayo. Eli ziko liyi-CTLI linikeze ngempumelelo izifundo kotitshala abangama-2 000 nakwiinkokeli zezikolo ezingama-750 ngowe-2007 kwimibandela ebanzi eyahlukahlukeneyo. I-CTLI iye yaqhuba ngempumelelo neengqungquthela zootitshala beMathematika, kwaye, ngenxa yamava angawo abawafumeneyo abo bebelapho bekwafuna nezingakumbi, eli ziko liceba ukubamba ezinye kulo ka-2008.

Ekuhambeni kweminyaka, i-CTLI iye yazingqina ukufaneleka kwayo njengeziko elingenazindleko kangako lokuqeqesha abasebenzi abesele besemsebenzini, kwaye ngokutyelela nakwamanye amaphondo ngeliya kufunda ezona zinto zintle zinokuxeliswa, licacile elokuba eli ziko linkqenkqeza phambili kule nkalo. Kukho izicwangciso ezicetywayo ukuba zandiswe iinkonzo ezenziwa kweli ziko. Kujongwe ukuba kufakelwe izifundo ngophuhliso lobunkokeli namancedo oqeqesho afunyanwa kwiCandelo le-FET. Nangona iziseko zophuhliso zinokusetyenziswa ngeendlela ezininzi ngakumbi, izakhiwo zihlala zingumngeni ekuya kufuneka koyiswe wona kuqala.

I-ACE Elungiselelwe Iinqununu

Iinqununu zezikolo ezili-160 zingenela unyaka wazo wokuqala we-ACE

Isifundo sokuPhathwa kweSikolo njengeShishini

I-WCED ikwiphulo lokuvelisa isifundo esikhutshelwa isatifikethi soLawulo i*School Business Management* kwiNqanaba 4 le-NQF, ukuxhobisa abasebenzi abaselulawulweni kuzo zonke izikolo zeleNtshona Koloni ngezakhono eziya kunceda ukuba bazilawule ngenkcubeko nangempumezelo zonke iintsebenzo eziqhubeka ezikolweni nobuncwane baso ukuze kuveliswe indawo yokufundela ekhuselekileyo. Oku kuya kuzinceda iinqununu kwanootitshala ukuba bathathele ingqalelo ukufundiswa nokuphuhliswa kwekharityhulam. Esi sifundo sivele ngenxa yobambiswano phakathi kwe-WCED, iDyunivesithi yaseManchester (i-MMU), iKholeji yeSizwe yobuNkokeli eSikolweni (i-NSCL), i-*Institute of Administrative Management* (i-AIM) ne-SABISA/ISASA (uMbutho weZikolo Ezizimeleyo zaseMzantsi Afrika). Esi sifundo sithwaselwa ngesatifikethi, esiza kuqhutyelwa e-UWC, siya kunamathela kwimilinganiselo ye-SAQA yokusulungekiswa. Esi sifundo siya kulandelwa kamva sisifundo sediploma kanti kamva sesesidanga esiya kunikezelwa zi-HEI. Esi sifundo sikhutshelwa isatifikethi siya kunikezelwa ziikholeji ze-FET kweli leNtshona Koloni.

Iqela lokuqala labafundi abali-150 bokusungula esi sifundo liya kuqinisekisa ukuba zonke izinto zilawulwa kakuhle, ukuze, kwelinye icala, kuqinisekiswe ukuba kukho amanani amaninzi ngokwaneleyo ekuya kusekelwa kuwo izicwangciso ezicetyelwe ixa elizayo. Kuya kubakho abafundi abathatyathwe kwiimvelaphi neemeko ezingafaniyo nabo bavela kwicandelo lezikolo ezizimeleyo. Kuthenjwa ukuba ubhaliso kwi-SAQA luya kwenziwa ngo-Apreli 2008, ekuya kuthi emva koko esi sisatifikethi sivunywe njengesisemgangathweni yi-ETDP-SETA. Ukusungulwa ngokusemthethweni kweli phulo lokuqala kuya kwenziwa ngoJuni 2008.

INkqubo yoLandelo loMkhondo waBafundi

Kuye kwasungulwa iNkqubo yoLandelo loMkhondo waBafundi kuzo zonke izikolo zikarhulumente eNtshona Koloni ukusukela ku-2006. Le nkqubo yokulandela umkhondo iza kuphucula iinkcukacha ezigcinwayo kweli phondo, iphucule nocikizeko nomsebenzi wocwangciso ukuqinisekisa ukuba abafundi abanyamalali kulahlekwane nabo,. Le nkqubo yokulandela umkhondo wabafundi iza kuphuculwa ize inatyiselwe ukuba iquke iikholeji ze-FET, amacandelo e-AET nawe-ECD.

IZiko lezeMfundo loLawulo lweNkqubo yeNkcazelo

Liya kulondolozwa lize liphuhliselwe ukulandela umkhondo wabafundi kusetyenziswa ikhompyutha mayela nenkqubela abayenzayo nokuqonda iimfuno ezingokwemfundo zezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente, kwiziKolo Ezizodwa, kwiikholeji ze-FET, kumaZiko eMfundo Yabadala, kumaZiko oPhuhliso lwasekuQaleni lwaBantwana nakwizikolo ezizimeleyo, ukuze zilawulwe kakuhle kwaye zisetyenziswe kakuhle izabelo zezibonelelo ezinjengokuThuthwa kwaBafundi, isondlo, izakhiwo, izibonelelo zootitshala, njalo-njalo. I-CEMIS iza kwenza kube nokwenzeka uhlanganiswa kwenkcazelo engomfundi nengesikolo ekunokusekelwa kuyo izigqibo zabaphathi. Iinkonzo zophando zesebe ziya kuqiniswa ukuze zilungiselele uphando olusekelwe kwinkcazelo enobungqina bokwenene.

IsiCwangciso sesiXokelelwano soBugcisa (i-MSP) (*Master Systems Plan)*

I-WCED ikwazile ukuba, kuloo mali iyabelweyo, inyamekele iikhompyutha ezininzi nezigubungela ummandla omkhulu ezinxibelelanisa uNdlunkulu, ii-ofisi zezithili nezithile kwii-ofisi ezisemaphandleni. Iinkonzo ze-WAN zilungiselelwe yi-Arhente kaRhulumente we-IT (i-SITA) kwaye ilawulwa kwiSetyana eliYintloko: le-*e-Innovation* (elikwiSebe leNkulumbuso) Lo mxokelelwano weekhompyutha uye wanceda kungekuphela nje uNdlunkulu nee-ofisi zezithili ukuba zinxibelelane neenkqubo zoRhulumente weSizwe ezisebenzelana nezamanye amasebe karhulumente kodwa kwakhona bakwazi ukusebenzisa iikhompyutha kwii-ofisi zabo kodwa bakwazi nokuzisebenzisa iinkqubo ezisebenzisanayo.

Kuye kwaphuhliswa kwaza kwasetyenziswa iinkqubo eziliqela zekhompyutha, ezichongwe kwi-MSP, maxa wambi kusetyenziswa iingcali ezinalo eli sebe, okanye kusetyenziswe ababoneleli-nkonzo abavela ngaphandle.. Ezi nkqubo ziquka i-CEMIS, inkqubo yokulawulwa kwemicimbi yokuya kwikhefu ngelincedisana ne-PERSAL, nezinye iinkqubo zokusetyenziswa kwe-*web*. Inkqubo ye-Cemis icetyelwe ukuba ihlanganise iingxelo ezingokuza kwabafundi esikolweni, amabanga emfundo yootitshala, nootitshala abezayo esikolweni. Oku kusaqulunqwa.

Ebudeni bowe-2007 kuye kwaveliswa isiCwangciso Esiluqilima esitsha se-ICT (i-MSP) ngoncedo oluvela kwi-Candelo le-*e-Innovation*. Njengoko esi sicwangciso siluqilima sisetyenziswa ebudeni bomjikelo omtsha we-MTEF ngowe-2008/09 ukuya kowe-2010/11, kuya kuveliswa iinkqubo ezintsha, kuquka iinkqubo zokusebenzisana nokunxibelelana, ukuze kuxhaswe ukufumaneka kwemfundo kweli phondo, kwaye kuya kuthatyathwa indawo okanye kuphuculwe ubuxhakaxhaka nezixhobo zonxibelelwano.

IProjekthi yoQhagamshelwano lweZikolo (iProjekthi yoQhagamshelwano)

Ebudeni bale minyaka ilishumi idluleyo i-WCED iya yasungula iprojekthi yoqhagamshelwano ekuthi ngayo izikolo zinikwe izixhobo zokusebenza (ikhompyutha neprinta) nesibonelelo sokungena kwi-Intanethi. Esi sibonelelo sibhatalwa kuzo zonke izikolo kanye ngonyaka kwaye izikolo ezimalunga nama-20% efumana oomatshini abatsha zize zibuyisele ezo zindala. Ngenxa yokusetyenziswa kwale nkqubo, malunga nama-97.8% ezikolo zikarhulumente eNtshona Koloni zinxityelelanisiwe nge-Intanethi kwaye zineedilesi ezisebenzayo ze-imeyile. Zimalunga nama-25 izikolo ezingenakunxityelelaniswa nge-intanethi (kuba okwangoku zingaphandle koomandla onobuxhakaxhaka beengcingo zefoni) kwaye ezimalunga ne-130 zinonxibelelwano olubi. Ngenxa yeenguqu ezikhoyo kwimithetho elawula ezonxibelelwano ngefoni, ngokukhethekileyo ngokubhekisele kulo maziko asebenzisa iwayalesi, ezi zikolo ziya kufumana unxibelelwano ngoncedo oluvela kwi-SITA nakuloo maziko anikezela ngeenkonzo zonxibelelwano.

Unxibelelwano lwesizwe kwezobuxhakaxhaka (9i-EduNet) esebenzisa amaza ambaxa, nengahlawulelwayo ngamaziko ezemfundo isacetywa njengenxalenye yoXwebhu Olusaqulunqwayo kwezeMfundo. Ngethuba lomjikelo we-MTEF wowe-2008/09 – 2010/11, kuthenjwa ukuba, xa kunokubakho imali eyaneleyo, kuya kusetyenziswa olu nxibelelwano lusebenzisa amaza abanzi.

UQhagamshelwano

Uqhagamshelwano olunempumelelo ludlala indima enkulu eqinisekisa ukuba i-WCED ifumana injongo yomgaqo-nkqubo lwayo. Isebe kufuneka liqinisekise ukuba unxibelelwano lusebenza kakuhle kwaye, lulawulwa ngempumelelo nangokuthembekileyo kwiimfuno ezahlukeneyo. I-WCED iya kugcina kwaye yakhe isikhundla sokunxibelelana kakuhle kuyo yonke imigangatho, kuquka nesikhundla sayo sonxibelelwano olumanyeneyo. Unxibelelwano olumanyeneyo lusebenza luquke umanyano lwamajelo eendaba, inkxaso yequmrhu elilawulayo, abapapashi, iwebhsayithi ye-WCED, inkxaso yolawulo lweziphumo, nolawulo lohlobo, urhwebo, ukubhengeza neenkonzo zabaxhasi.

I-WCED iya kusebenzisa onke amajelo eendaba afumanekayo ukwabelana nabanye ngenkcazelo, ukwakha ukuqondana nokukhulisa ulwalamano phakathi kwabo bonke abo babandakanye kwezemfundo kwanoluntu ngokubanzi. Siya “kuwasenzisa onke amajelo onxibelelwano” sisebenzisa iindlela ezahlukahlukeneyo, ukuze sidlulisele izinto esiphumelele kuzo, sizise izisombululo kwimingeni size sabelane nabanye ngezinto ezintle esizenzayo.

Ulawulo lwesixokelelwano seNtengiso

ICandelo 217 loMgaqo-Siseko woMzantsi Afrika, ngo-1996 (UMthetho 108 ka 1996) lithi xa iziko likarhulumente kwisizwe, kumaphondo okanye kwezekhaya phantsi korhulumente okanye naliphi na iziko elichongiweyo kuwiso-mthetho lwesizwe, lungenela izivumelwano ezifanelekileyo zokuthenga nezokufumana iinkonzo, kufuneka lenze njalo ngesixokelelwano esilungileyo, esinobulungisa, esibonakalayo kumntu wonke, esikhuphisanayo kwakunye nesingadli mali ininzi.

I-WCED inale milinganiselo ilandelayo esendaweni ukuhlaziya rhoqo isixokelelwano sabaPhathi boCwangciso-mali *(WCED Accounting Officers System)* ukuyimanyanisa neMithetho yeNdyebo yeSizwe (*National Treasury Regulations)* nemiYalelo yeNdyebo yePhondo (*Provincial Treasury Instructions)* ukuqinisekisa inkxaso kwiSebe.

a) Isixokelelwano sabaPhathi boCwangciso-mali e-WCED (WCED Accounting Officers System) siyahlaziywa rhoqo xa iimeko ziyalela imfuneko yokuba kujongwe kwakhona ezi zibonelelo. Oku kwenzeka kakhulu xa imigaqo ngokwendlela yemiYalelo yeNdyebo okanye ingqalelo yoLawulo lwesiXokelelwano esiliKhonkco zikhutshwa yiNdyebo yeSizwe nePhondo ukuqinisekisa ukuba izinto zenziwa ngendlela.
b) Ukuphengululwa kwesiXokelelwano sabaPhathi boCwangciso-mali siyangeniswa kwiSebe leKomiti yemiYalelo ukuze iyincome phambi kokuba idluliselwe kubaPhathi boCwangciso-mali ukuba samkelwe.

AmaGosa kaRhulumente oLawulo lwesiXokelelwano seKhonkco nabaPhathi abaKhulu bayaziswa ngolu phengululo ukuqinisekisa ukuvunyelwa kommiselo.

Izakhono zaseNtlalweni zenza igalelo kulawulo nasekusebenzeni kakuhle kweenkqubo

I-WCED sele ineqela lezicwangciso elinazo ezenza igalelo ekwakhiweni kwezakhono zasentlalweni. Abantu banamava amaninzi nobuchule obukhulu bokwenza izinto. Ukuze loo vimba mhle wolwazi asetyenziswe kakuhle, kumiselwa “imixokelelaniso” yokwabela nokusasaza ezo “zakhono”. Ngokomzekelo, ukuze amava anjalo abanawo abantu asetyenziswe ngokuyingenelo, kudalwa amathuba eeforam zokuthetha ngezi zinto namathuba okusebenza njengamavolontiya, njengoMbutho wooTitshala Abadla Umhla-phantsi osandul’ukusekwa kukwakho nongenelo lokuxhasa izikolo ukuba ziseke iMibutho yabaFundi Bangaphambili. Abameli bemibutho ye-SGB bahlanganiswa ndawonye ngamathuba athile, ukuba kubuzwe kubo amacebiso angeengxaki ezijamelene nezikolo ezikwiindawo abahlala kuzo.

Kukho iiprogram ngeeprogram ezigxile ngokukodwa kuphuhliso lwentsebenziswano ebalulekileyo phakathi kwephondo nabahlali ezinjongo ikukunika inkxaso amalinge anjengophuhliso lwesikolo njengeziko loluntu, iZikolo eziKhuselekileyo, ukufundisana kwabangane (iindlela zokuphila impilo esemgangathweni, ukuthintelwa kokukhulelwa kolutsha olusafikisayo, kweHIV nosetyenziso gwenxa lweziyobisi) nokwenziwa kwezikolo zibe ziindawo ezityunjelwe ukunyamekela nokunika inkxaso.

Kumele kwenziwe umahluko phakathi kwendima emiselwe ngokusesikweni ye-SGB neyelungu le-RCL elikwalilungu le-SGB nangezinye iinkalo ezinjengokukhonza njengevolontiya. Kunyanzelekile ukuba urhulumente awaxhase ngokusesikweni amalungu e-SGB. Ukongezelela koku, i-WCED iye yenza isigqibo sokuxhobisa ngezakhono ii-RCL. Ii-RCL ezisezikolweni zibandakanyeka kwimiba yobunkokeli kwaye zinikwa ithuba lokuphembelela imibandela yolawulo kwimiba enjengeyengqeqesho, ukuzinziswa kokungaqondani nasekuphileni ubomi obungumzekelo.

IsiCwangciso Sokunikezelwa kweNkonzo (i-SDIP)

Ukwenziwa kweenkonzo okuphuculiweyo kungumngeni omkhulu nakuyiphi na intlangano, ingakumbi xa kufikwa kumba wezo nkqubo zoshishino ezifuna ukuyilwa ngokutsha okanye ziphuculwe. I-WCED izichaze njengentlangano efundayo ejolise kunikezelo lweenkonzo ngendlela esemagqabini kule minyaka ilishumi ezayo. Kuye kwenziwa inkqubela entle ekuphuhliseni isicwangciso esibanzi se-SDIP. Kuye kwaveliswa uXwebhu loKwenziwa kweeNkonzo, oluye lwamkelwa lwaza lwabhengezwa ngokusesikweni ngomhla we-17 ku-Agasti, 2007. Kusaveliswa iinkqubo zokubek' esweni nokuvavanya esi sicwangciso kuquka nendlela eya kusetyenziswa xa kunconywa okanye kukhalazwa ngaso ezingaphantsi kweCandelo loQinisekiso lweMigangatho. La masetyana abunjwe ngokutsha aza kunikwa imigangatho yeenkonzo ezilindekileyo kwaye kuza kuveliswa imilinganiselo yokwenziwa kweenkonzo elindelekileyo kuwo onke la masetyana.

IsiCwangciso Sophuhliso Loluntu (HR)

I-WCED iye yalandela i-*HR Planning Framework* yeSebe leeNkonzo zikarhulumente noLawulo ukuba ivelise isicwangciso esiphelelyo esaziwa njengeSicwangciso soPhuhliso Loluntu se-WCED. Esi sicwangciso siyahlengahlengiswa size sibuye samkelwe nyaka ngamnye. Izicwangciso eziluqilima eziqulethwe apha kwesi sicwangciso ziyaphuhliswa zize zibekw' esweni inyanga nenyanga.

Ingxelo yophicotho –zimali

ISebe liye lashenxa kwingxelo yomPhicothi-zincwadi Oyintloko yowe-2005/06 ebingakholiseki emalunga neziphumo ukuya kwingxelo entle nangona ifuna ukulungiswa amakhwiniba athile ngowe-2006/07. Loo makhwiniba ayebangelwe ziziqinisekiso zeentlawulo kwizindlu zikarhulumente ezihlala amagosa esebe. IQela eliBeke esweni uPhicotho-zincwadi *(Audit Monitoring team)* (AMT) liya kuqhubeka nomyalelo walo wokulungisa loo makhwiniba akuloo ngxelo yomphicothi-zincwadi.

Uhlalutyo lwemiqobo namanyathelo acetywayo ukuzoyisa

Ukumanyaniswa okusungulweyo kwamanyathelo ahlukeneyo oqinisekiso lomgangatho noxanduva lokuphendula kungumngeni omkhulu ejongene nawo i-WCED. Kubalulekile ukuqinisekisa ukuba la manyathelo akhokelela kuphuculo lokufundisa nokufunda, kwanokuba nawo akabonwa njengemfezeko yeenjongo.

I-WCED ifanele ukwenza uthotho lwemisebenzi yokubeka iliso, ukuvavanya nokuthatha uxanduva lokuphendula. Le misebenzi ibandakanya le ilandelayo:

- Uvavanywa kweenkqubo zolawulo lwemali qho ngonyaka olwenziwa yi-ofisi yoMphicothi-zincwadi-Jikelele. Isebe kufuneka liphucule uhlobo lolawulo lwemali ukuqinisekisa ingxelo yophicotho zincwadi engalunganga;
- Ukuya kuvela kwingxoxo rhoqo phambi kweKomiti yeMicimbi yeMfundo (*Education Portfolio Committee)* neKomiti eSebenzayo yeeNkcitho zikaRhulumente (*Standing Committee on Public Accounts)* kwiPalamente yePhondo;
- Ukudibana koMphathiswa neNtsumpa-Jikelele ngamaxesha athile (okanye imijikelo) namaqela ngamaqela achaphazelekayo kwezemfundo ngeenjongo zokuphefumelelana ngeenkcukacha ezintsha malunga nokuqhubekayo kwezemfundo, okanye
- Ukuya kuya kuva nje malunga neengxaki ezifunyanwa ngootitshala nabalawuli bezikolo;

I-WCED sele iphantsi koxanduva lokungenisa ingxelo yayo yonyaka yezinto ezenzileyo kwiQumrhu lowiso-mthetho. Uxwebhu lweNgxelo yoNyaka luyafunyanwa luluntu ngokubanzi, kwaye linika abo bachaphazelekayo kwezemfundo ithuba lokuba babeke iliso kwimpumelelo okanye ekusileleni kwesebe eli, xa kuthelekiswa nogunyaziso olulunikiweyo nemigaqo-nkqubo nezicwangciso zeenkqubo; kunye nokubeka iliso rhoqo nokuvavanywa komsebenzi woQinisekiso loMgangatho ukuba uyasebenza na apha kwisebe eli. Amanyathelo aqhutywa okoko ngokuphathelele kuqeqesho lwamalungu amaqela olawulo lwezikolo abandakanya ulawulo lwekharityhulam, ukukhuthaza izimo zabafundi ezakhayo, amabhinqa kwizikhundla zobunkokeli, ulawulo lomgaqo-nkqubo, ubandakanyo lwemfundo, ulawulo lweHIV/AIDS neminye imingeni yophuhliso lwezengqondo nentlalo, izilungiso ezisandula ukwenziwa kwimithetho nezigqibo ezityikityiweyo.

Ukungenelela ngoncedo okuqhubeka okokoko ngokumalunga noqeqesho lwamalungu ekomiti yolawulo lwesikolo (SMT) lufikelela kwezi zihloko zilandelayo, phakathi kwezinye izinto: ulawulo lwekharityhulam, ukukhuthaza ukuziphatha kakuhle kwabafundi, amakhosikazi aziinkokeli, ulawulo lwemigaqo-nkqubo, imfundo ebandakanya wonke umfundi, ulawulo oluquka zonke iindlela lwe-HIV/AIDS neminye imingeni echaphazela ezengqondo nezentlalo abajongene nayo abahlali, nofakelo lwezilungiso lwamvanje kwimithetho nezigqibo ezisayiniweyo.

ST101	ULAWULO – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto						
		2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*
IINTLAWULO NGOMSETYENZANA (R'000)							
1.1 I-Ofisi yoMphathiswa wePhondo		3,151	3,445	3,541	3,805	4,046	4,260
1.2 IiNkonzo eziManyanisiweyo		113,275	150,717	197,421	216,897	230,849	243,440
1.3 ULawulo lwemfundo		114,429	130,278	143,789	138,977	157,761	165,718
1.4 Uphuhliso lwabasebenzi		9,309	10,307	15,352	16,201	17,008	17,815
1.5 I-*Education Management Information System* (EMIS)		10,706	15,042	15,127	34,309	35,953	37,632
IYONKE		250,870	309,789	375,230	410,189	445,617	468,865
IINTLAWULO NGOKOLWAHLULO NGOKOQOQOSHO (R'000)							
Intlawulo yomhla nezolo		210,362	254,379	334,715	371,104	404,733	426,100
Imbuyekezo yabasebenzi		123,673	140,652	170,629	190,256	213,040	224,575
Oootitshala		25,652	29,538	35,832	39,955	44,740	47,162
Abangezotitshala		98,021	111,114	134,797	150,301	168,300	177,413
Iimpahla nenkonzo nezinye		86,689	113,727	164,086	180,848	191,693	201,525
Udluliselo noncediso-mali		27,212	44,806	34,476	32,773	34,281	35,857
Iintlawulo zentengo yeempahla ezinkulu		13,296	10,604	6,039	6,312	6,603	6,908
IYONKE		250,870	309,789	375,230	410,189	445,617	468,865
UQESHO LWABASEBENZI							
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)		109	123	164	164	164	164
Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente)		767	736	750	800	850	850
AMANANI-NKCAZO EENKQUBO ZOLAWULO							
Inani lezikolo ezine-SAMS (a)		1 460	1 452	1 452	1 455	1 455	1 455
Inani lezikolo ezine-e-mail		1 380	1 420	1 440	1 455	1 455	1 455
► IZILINGANISO ZOKWENZIWA KOMSEBENZI							
► PM101: Ipesenti yezikolo eziyisebenzisayo iNkqubo yoLawulo lweZikolo (*School Aministration and Management System)*		100%	100%	100%	100%	100%	100%
► PM102:Ipesenti yezikolo elinokuqhagamshelana nazo isebe ngekhompyutha (nge-imeyili)		95.0%	97.8%	99.2%	100%	100%	100%
► PM103: Ipesenti yamabhinqa amnyama akwizikhundla zoLawulo eziphezulu		8.8%	12.5%	26.9%	30.8%	30.8%	30.8%
► PM104: Ipesenti yenkcitho yomhla nezolo eya kwizinto ezingengobasebenzi		19.4%	21.4%	22.4%	23.6%	22.9%	23%

ST102	ULAWULO – Inkcitho ngenkalo nganye (2006/07) R'000								
	1 Ulawulo	*2 POS*	*3 Ezizimel*	*4 Ezizo*	*5 FET*	*6 ABET*	*7 ECD*	*8 Aux*	*Iyonke*
Iintlawulo zomhla nezolo	254,379	5,067,372	-	312,419	140,010	6,163	44,411	87,197	5,911,951
Imbuyekezo yabasebenzi	140,652	4,573,712	-	307,469	139,993	5,916	44,390	41,321	5,253,453
Ootitshala beekholeji neesekondari	29,538	4,116,341	-	236,750	116,194	4,969	44,390	22,313	4,570,495
Imivuzo nemirholo	25,994	3,581,218	-	205,973	102,251	4,820	37,732	20,974	3,978,962
Imirhumo yezentlalo	3,544	535,123	-	30,777	13,943	149	6,658	1,339	591,533
Abangezotitshala	111,114	457,371	-	70,719	23,799	947	-	19,008	682,958
Imivuzo nemirholo	97,781	397,913	-	61,526	20,943	919		17,868	596,950
Imirhumo yezentlalo	13,333	59,458	-	9,193	2,856	28	-	1,140	86,008
Iimpahla neenkonzo	112,640	493,660	-	4,950	17	247	21	45,876	657,411
Uluhlu lwezinto ezikhoyo	8,229	256,513	-	33	-	9	4	7,534	272,322
Izincedisi zokufunda l	1,503	214,853	-	33	-	-	-	308	216,697
Izinto zokubhala ezokubhalela noshicilelo	6,467	2,577	-	-	-	9	4	7,194	16,251
Ezinye	259	39,083	-	-	-	-	-	32	39,374
Iingcali, abanikweiikontrakthi neenkonzo ezizodwa	27,253	2,868	-	8	-	3	-	9,834	39,966
Izinto zokusebenza ezingaphantsi kwama-R5, 000	2,974	1,152	-	-	-	-	-	73	4,199
Ulondolozo lwezakhiwo	19,028	90,991	-	64	17	-	-	-	110,100
Iingqesho ezisaqhubayo	1,928	1,591	-	-	-	-	-	7,750	11,269
Uthutho Lwabafundi		93,300	-	-	-		-	-	93,300
Ezinye iimpahla neenkonzo	53,228	47,245	-	4,845	-	235	17	20,685	126,255
Inzala nerenti yomhlaba	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Inzala	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Irenti yomhlaba	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Okwenziweyo ngemali ezimpahleni nakwizibonelelo	1,087	-	-	-	-	-	-	-	1,087
Inkcitho engagunyaziswanga	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Udluliselo noncediso-mali	22,731	332,292	34,259	76,489	131,038	17,376	45,784	113,557	773,526
Oomasipala	86	2,925	-	190	87	3	28	11	3,330
Iinkampani zikarhulumente nezigqeba ezizimeleyo	-	-	-	-	-	-	-	3,756	3,756
Amaziko angenzi nzuzo	19,740	315,639	34,259	75,448	130,688	17,373	45,619	107,862	746,628
Izikolo zeSiqendu 21	-	181,516	-	-	-	83	-	-	181,599
LTSM		159,592	-	-	-	83	-	-	159,675

ST102	ULAWULO – Inkcitho ngenkalo nganye (2006/07) (isaqhutywa)								
	1 Ulawulo	*2 POS*	*3 Ezizim*	*4 Ezizo*	*5 FET*	*6 ABET*	*7 ECD*	*8 Aux*	*Iyonke*
Izinto ezisetyenziswayo		15,028	-	-	-	-	-	-	15,028
Ulondolozo		6,896	-	-	-	-	-	-	6,896
Inkonzo enikwayo		-	-	-	-	-	-	-	-
Amanye amaziko emfundo	19,740	134,123	34,259	75,448	130,688	17,290	45,619	107,862	565,029
Amakhaya	2,905	13,728	-	851	263	-	137	1,928	19,812
Iintlawulo zentengo yeempahla	10,604	223,986	-	204	-	-	-	91	234,885
Izakhiwo nezinye izinto ezilulwakhiwo	-	220,853	-	25	-	-	-	-	220,878
Izakhiwo	-	220,853	-	25	-	-	-	-	220,878
Iihostele	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Izikolo ezitsha	-	155,445	-	25	-	-	-	-	155,470
Amagumbi okufundela ongeziweyo	-	36,928	-	-	-	-	-	-	36,928
Olunye olungezelelo	-	28,480	-	-	-	-	-	-	28,480
Ezinye nje	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Ezinye izinto ezilulwakhiwo	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezinto zokusebenza	10,588	3,120	-	179	-	-	-	91	13,978
Izinto zothutho	-	624	-	179	-	-	-	-	803
Abanye oomatshini nezixhobo	10,588	2,496	-	-	-	-	-	91	13,175
I-*software* yekhompyutha nezinye izinto ezisetyenziswayo	16	13	-	-	-	-	-	-	29
IDIBENE IYONKE	287,714	5,623,650	34,259	389,112	271,048	23,539	90,195	200,845	6,920,362

B.2 Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiselwa (▲) ngokuphathelele kwiinkqubo 2, kunye nemilinganiselo yentsebenzo (►):

	Iinjongo ezinokulinganiselwa	Imilinganiselo yeNtsebenzo
Ufikeleleko	▲ Ukwenza kube lula ukufikelela kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo ngokuvumelana nomgaqo-nkqubo.	► PM201: Ipesenti yeentsuku zabafundi abafikelelwayo ngenkqubo yesondlo ► PM202: Ipesenti yabafundi kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente abaneemfuno ezizodwa
Ukwanela	▲ Ukubonelela ngezinto zokusetyenziswa ezingundoqo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo ngokuvumelana nomgaqo-nkqubo.	► PM203: Ipesenti yezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezibonelelwa ngamanzi ► PM204: Ipesenti yezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezinombane ► PM205: Ipesenti yesikolo ezinezindlu zangasese ezaneleyo ► PM206: Inkcitho yokulungiswa kwezinto njengepesenti yexabiso lezinto ezisetyenziswayo zesikolo
	▲ Ukubonelela ngabasebenzi abaneleyo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo. ▲ Ukubonelela ngeziNto zokuFundisa zabaFundi nooTitshala (LTSM) kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo	► PM207: Ipesenti yezikolo ezinabafundi abangaphezu kwama-40 kwiklasi nganye ► PM208: Ipesenti yezikolo ezingekho phantsi kweCandelo 21 ezinazo zonke ii-LTSM nezinye izinto zokufundisa ezifunekayo ezihanjiswe ngomhla wokuqala wonyaka wesikololo
Ucikizeko	▲ Ukusungula ukuzilawula kwezikolo zikarhulumente zesiqhelo ngempumelelo nangocikizeko. ▲ Ukumisela isiqhelo sokufunda nokufundisa ngempumelelo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo.	► PM209: Ipesenti yezikolo zeCandelo 21 ► PM210: Ipesenti yeentsuku zokusebenza ezilahlekileyo ngenxa yokungezi kootitshala emsebenzini kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo ► PM211: Ipesenti yeentsuku zabafundi ezilahlekileyo ngenxa yokungezi kwabafundi ezikolweni kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo

Oku kulandelayo kuphathelele kumsetyenzana 2.1, izikolo zaseprayimari zikarhulumente:

	Iinjongo ezinokulinganiselwa	Imilinganiselo yeNtsebenzo
Ubulungisa	▲ Ukuvala umsantsa phakathi kweziphumo zemfundo zezikolo zaseprayimari zikarhulumente ezazikhathalelwe ngokwembali nezo zazihlelelekile.	► PM212: Umlinganiselo wokwenziwa komsebenzi kwezona zikolo zihlelelekileyo xa kuthelekiswa nezona zikolo zingahlelelekanga ngokubhekisele kwiBakala lesi-3
Ucikizeko	▲ Ukuqinisekisa ukuba inkqubela-phambili yabafundi abasuka kwizikolo zaseprayimari zikarhulumente iphezulu kangangoko.	► PM213: Umlinganiselo wokutshona kwabantwana kwiBakala loku-1 ukuya kwelesi-7

	Iinjongo ezinokulinganiselwa	Imilinganiselo yeNtsebenzo
Umgangatho	▲ Ukufumana ezona ziphumo zemfundo ziphezulu phakathi kwabafundi abakwizikolo zaseprayimari zikarhulumente.	► PM214: Ipesenti yabafundi kwiBakala lesi-3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwizibalo nasekufundeni ► PM215: Ipesenti yabafundi kwiBakala lesi-6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwimathematika, ukubhala nkufunda kunye nenzululwazi ngezobugqi

Oku kulandelayo kuphathelele kumsetyenzana 2.2, izikolo zesekondari zikarhulumente:

	Iinjongo ezinokulinganiselwa	Izingqinisiso zokwenziwa komsebenzi
Ubulungisa	▲ Ukukhuthaza uthatho-nxaxheba lwamaqela abafundi ababehlelelekile ngokwembali kwizikolo zikarhulumente zasesekondari. ▲ Ukuvala umsantsa phakathi kweziphumo zemfundo kwizikolo zikarhulumente zasesekondari ezazikhathalelwe nezazihlelelekile ngokwembali.	► PM216: Ipesenti yabafundi abangamantombazana abenza imathematika nezenzululwazi kwiBakala le-10 ukuya kwele-12 ► PM217: Umlinganiselo womsebenzi kwezona zikolo zihlelelekileyo xa kuthelekiswa nezona zikolo zingahlelelekanga ngokubhekisele kwizinga lokuphumelela kwabantwana kwiBakala le-12
Ucikizeko	▲ Ukuqinisekisa ukuba inkqubela-phambili yabafundi abasuka kwizikolo zasesekondari zikarhulumente iphezulu kangangoko.	► PM218: Umlinganiselo wokutshona kwabantwana kwiBakala lesi-8 ukuya kwele-12
Ukugqiba	▲ Ukuqinisekisa ukuba anele amanani abantwana abaphumelela iBakala le-12, ngokukodwa abaphumelela imathematika nezenzululwazi.	► PM219: Umlinganiselo wokuphunyelelwa kweemviwo zeBakala le-12 ► PM220: Umlinganiselo wokuphunyelelwa kweMathematika neNzululwazi kwiBakala le-12
Umgangatho	▲ Ukufumana ezona ziphumo ziphezulu zemfundo phakathi kwabafundi kwizikolo zikarhulumente zasesekondari.	► PM221: Ipesenti yabafundi kwiBakala le-9 abafumana iziphumo zemfundo ezamkelekileyo kuzo zonke iinkalo zezifundo

Imigaqo-nkqubo echaziweyo, izinto eziphambili ngokubaluleka neenjongo ezikwisicwangciso-qhinga Imigaqo-nkqubo

Umthetho i-*South African Schools Act*; iiNkqubo zokuBonelela ngeziThuba zemiSebenzi; *iiNkqubo nemiGangatho yeSizwe yeNkxaso-mali yeziKolo* (iiNkqubo zeNkxaso-mali yeziKolo); iiNkcazelo zeKharityhulam yeSizwe eHlaziyiweyo; umGaqo-nkqubo wokuBhaliswa kwabaNtwana eziKolweni ka-1998

Iinkalo ekujoliswe kuzo neenjongo ezikwisicwangciso-qhinga (kucatshulwe kwisiCwangciso semiNyaka emi-5):

Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana abahlala kweli phondo bafikelela kwimfundo esemgangathweni
Ukuqinisekisa ukufunda ngekhompyutha okunempumelelo ezikolweni
Ukuqinisekisa iimeko zokhuseleko oluyimfuneko ezikolweni ukuze ukufunda nokufundisa kube yimpumelelo
Ukuxhobisa nokuxhasa ootitshala kwiinzame zabo zokubonelela ngemfundo enempumelelo

Izinto eziphambili ngokubaluleka:

Izinto eziphambili nezingundoqo ngokubaluleka kwisithuba sowe-2008/09 – 2010/11 ziquka -

- Ukukhuthazwa kokukwazi ukubala nokufunda nokubhala, ngokukodwa kwizikolo zaseprayimari ngaloo ndlela kuqinisekiswa ukuba ukufunda nokufundisa kuyimpumelelo. Bonke abafundi beBanga lesi-3 baza kuvavanywa ngo-2008 ekufundeni nakwizibalo. NakwiBanga le-9 abafundi baza kuvavanywa ekufundeni nakwizibalo ku-Apreli ka-2008 ukuze kubonwe inqanaba lobuchule babo.
- Ukuphunyezwa ngokuqhubekayo kwe-NCS ngokukodwa ngokubhekisele kwibakala lemfundo eqhubekekayo noqeqesho (FET).
- Ukuphunyezwa kwe-QIDS-UP, kujoliswe kwezona zikolo zaseprayimari zihluphekileyo kwi-*National Quintile* 1 ngo-2007/08, ukuze kuqinisekiswe ukuba ezi zikolo zifumana izinto ezingundoqo kwizakhiwo, ekufuneki nasekufundiseni, uncedo lwabasebenzi nolwemali ukuze kubekho inkqubo esemgangathweni yokufunda nokufundisa.
- Ukuphunyezwa kwesiCwangciso-qhinga sokuPhumelela kwabaFundi (LAS) ngokutsho komyalelo woMphathiswa wezeMfundo (wesizwe) neNkulumbuso, nokuthoba inani lezikolo eziwa ngaphantsi kwama-60% kwiimviwo zesiQinisekiso esiPhakamileyo.
- Ukujolisa ekuphuculweni kwezakhiwo ezikhuselekileyo kwizikolo ezisemngciphekweni ukuze kuqinisekiswe imeko-bume yokufunda ngokukhuselekileyo.
- Ukwandiswa kwemilinganiselo yokuthatha inxaxheba kwiMathematika, iNzululwazi ngeziNto Ezibonakalayo neTekhnoloji ngokuqhubeka kungeniswa izikolo zoJoliso nokunyusa inani lezikolo ze-Dinaledi nokuphuculwa kwemilinganiselo yokuphumelela kwabantwana kwiBanga le-12.
- Ukuqhubekeka neNkqubo yabaNcedisi booTitshala (TAP) ngokumiselwa kwabancedisi bootitshala abangama-510 bokuncedisa kwisiGaba esisisiSeko kwezona zikolo zihluphekileyo.
- Ukuqinisekisa ukufikelela kwiinkonzo ezifanelekileyo zenkxaso nemfundo esemgangathweni ngokuphumeza isakhelo somgaqo-nkqubo wesizwe we-*White Paper 6* yezeMfundo (2001).
- Zonke izikolo ziphuhliso iziCwangciso zokuPhuculwa kweziKolo (SIP) yaye zimisele izinto ekujoliswe kuzo eziza kuthi zisebenze njengesiseko senkxaso enikwa ngabasebenzi abaxhasayo kwizithili.
- Ukuphucula umgangatho wemfundo ngenkqubo yokuVavanywa kweSikolo Siphela (WSE) kwizikolo ezingama-30
- Ukuphuhliswa kweenqununu nootitshala ngenkqubo ye-*Advanced Certificates in Education (ACE)* kunye ne-*National Professional Diplomas in Education (NPDE))*.

Uhlalutyo lokuhamba komsebenzi (kwiingxoxo zalo Msebenzi iingxaki nezisombululo zifakelwe kolu hlalutyo ukuze kube lula ukucacisa izinto)

Imfundo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo

Ukufikelela

Kwilinge lokunciphisa iindleko ezikhulayo kubazali abatsala nzima ngemali yokufundisa abantwana babo nokunabisa iindlela zokufikelela kwimfundo, i-SASA yalungiswa ukuze uMphathiswa (wesizwe) weMfundo (MoE) avumeleke ukumisela imilinganiselo yesizwe yokuba izikolo zikarhulumente zisenokubizi rhafu yesikolo ukusukela ngomhla woku-1 kuJanuwari 2007.

UMphathiswa weMfundo wesizwe wamisela into ekujoliswe kuyo ngo-2008 yokungenisa ama-40% abafundi kweli lizwe ‘kwizikolo ezingahlawulisi rhafu’, oko kukuthi izikolo eziwela phantsi kwe-*National Quintiles (NQ) 1 no-2*, ukusukela ngowoku-1 kuJanuwari 2008. Uluhlu lwezikolo ezingazi kuvunyelwa ukuba zinyanzelise ukuhlawulwa kweerhafu zesikolo lwapapashwa kwiGazethe yasebuRhulumenteni.

Ngenxa yokuba iNtshona Koloni inepesenti esezantsi yabafundi abakwi-NQ 1 no-2, xa kuthelekiswa nawo onke amanye amaphondo (sisi-6,5% (59 306) kuphela yabafundi eNtshona Koloni abaphantsi kwe-NQ 1 nesi-8% (73 254) kwi-NQ 2, okuthetha ukuba li-14,5% kuphela labafundi eNtshona Koloni abakweyona milinganiselo mibini yokuhlwempuzeka kuzwelonke (ama-40% abafundi kweli lizwe)), i-WCED yenza isigqibo sokunabisela 'ukungahlawulwa kwerhafu yesikolo’ nakwizikolo ezikwi-NQ 3 (abafundi abangama-211 841). Oku kwenziwa ngelungelo lokuzithandela kunye nezikolo ezachongwayo ezikwi-NQ 3. Zonke izikolo ezikwi-NQ 3 zisamkele esi sipho yaye ziye zabhengezwa 'njengezikolo ezingahlawulisi rhafu’ yaye, ke ngoko, nazo zisenokunganyanzelisi ukuba kuhlawulwe iirhafu zesikolo.

Zingama-653 ‘izikolo ezingahlawulisi rhafu’, nto leyo engumyinge wama-45% ezikolo ezili-1 452 kwiphondo leNtshona Koloni ngo-2008. Bamalunga nama-345 000 abafundi abafunda kwezi zikolo, nto leyo engumyinge wama-37,6% abafundi abaseNtshona Koloni.

Iprogram yeSizwe yeSondlo eziKolweni (NSNP)

Uxanduva lokulawulwa kwe-NSNP lwasuswa kwiSebe lezeMpilo lephondo lwadluliselwa kwiSebe leMfundo ngowoku-1 ku-Apreli 2004. Ngelo xesha abafundi abali-145 596 abakwiBakala ukuya kwelesi-7 babesondliwa kuzo zonke izikolo zaseprayimari ezingama-659 ekwakujoliswe kuzo kweli phondo. Ukusukela ngelo xesha, izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nezasekondari ezizezona zihluphekayo zangeniswa kwi-NSNP yaye sithetha nje ngabafundi abangama-203 535 abondliwayo kuzo zonke izikolo ezingama-988 ekujoliswe kuzo zaseprayimari, ezineemfuno ezizodwa nezasesekondari.

Xa kwakudluliswa lo msebenzi, sasisinye kuphela isidlo esingaphekwayo ekwakubonelelwa ngaso ngazo zonke iintsuku zesondlo. Ukusukela ngoJanuwari 2006 kwenziwa ilinge elaba yimpumelelo lwezidlo eziphekiweyo ekunokukhethwa kuzo kwizikolo zaseprayimari ezingama-44 kwizithili ezisixhenxe. Ezi zidlo kunokukhethwa kuzo zanatyiselwa ngokucwangcisiweyo kwezinye izikolo ekujoliswe kuzo yaye ngeyoKwindla ku-2007 zonke izikolo ekujoliswe kuzo zanikwa ithuba lokutyisa abantwana ukutya okuphekiweyo. I-NSNP yenza zonke izikolo ekujoliswe kuzo zikwazi ukuthenga izixhobo zasekhitshini ukuze kuphekwe ukutya. Izikolo ezininzi ekujoliswe kuzo azinazo iindawo ezaneleyo zokuphekela kwaye nge-NSNP kuye kwaqinisekiswa ukuba kunikezwa izinto ezihanjiswayo eziqinileyo nezikhuselekileyo kwizikolo ezili-113 ekujoliswe kuzo ukuze zisetyenziswe njengeendawo zokuphekela. Zonke izithuba zabasebenzi ezixhaswe ngemali zivaliwe, nakuba ingezizo zonke izithuba kule nkqubo ebezinokuxhaswa ngemali.

Izixhobo zokubek' esweni, iincwadana zenkcazelo nezikhokelo zasasazwa kuzo zonke izikolo ekwakujoliswe kuzo. Amavolontiya kuzo zonke izikolo kunye nootitshala abachaphazelekayo kwiimeko ezithile baqeqeshwa kwiindlela zokusebenzisa igesi nokutya ngokukhuselekileyo nokugcinwa kokutya.

Umvuzo oyimbuyekezo wenyanga ohlawulwa amavolontiya kunye nenani lilonke lamavolontiya lanyuswa ukuya kutsho kuma-400% kunye nama-241%, ngokwahlukeneyo yaye kuqwalaselwa okunye ukunyuka.

Sithetha nje izikolo ekuJoliswe kuzo ezingama-251 zinezitiya zokutya. Kwaqhutywa umasifundisane othetha ngezihloko ezinjengokusekwa kwesitiya sokutya nokwenza isivundiso kuzo zonke izithili, kwiindawo ezisemaphandleni nezinye. Kwakukho ootitshala abafundi nabazali kolu masifundisane.

Kusekwe uthungelwano oluphumelelayo kunye neSebe lezeMpilo ngokuphathelele kwisondlo nempilo yemeko-bume engqongileyo kunye neSebe lezoLimo ngokuphathelele ukuphuhliswa kwezitiya zokutya.

Iimfuno ezizodwa

Ukuze kungeniswe abafundi abaninzi abaneemfuno ezizodwa kwizikolo zesiqhelo, i-WCED yenze isigqibo sokuseka iiyunithi ukwenzela abafundi abaneemfuno ezizodwa kwizikolo ezichongiweyo zesiqhelo. Zithi ke ezi zikolo zibe zezeenkonzo eziphele leyo. Sele zikho iiyunithi ezilishumi elinesibini yaye kulindeleke ukuba i-WCED iseke ezinye ezingama-38 ngo-2008/09. Abafundi abaza kufakwa kwezi yunithi ngabafundi abafanayo nabo bebeza kufakwa kwizikolo ezizodwa. Kulandelwa inkqubo efanayo naleyo yokufaka abafundi kwizikolo ezizodwa. Kuvulwa izithuba ezongezelelekileyo zabasebenzi ezikolweni ukuze basebenze kwezi yunithi.

Imidlalo yeziKolo

Uxwebhu lwe-“Sakhelo sokuBambisana: ukuLungelelaniswa nokuLawulwa kwemiDlalo yeziKolo kwiziKolo zikaRhulumente eziQhelekileyo” sasayinwa ngokubambiseneyo ngo-2005 ngabaPhathiswa beMfundo nemiDlalo nezoLonwabo. Kolu xwebhu lwe-"Sakhelo sokuBambisana", kukho umyalelo wokuba iinkqubo zemidlalo yezikolo zimele zinxityelelaniswe ngokucwangcisekileyo neendlela zokungenelela zesizwe nezephondo, ezifana namaPhulo okuFundisa ngeNtsholongwane yeHIV/AIDS, iziCwangciso zokuThintela uLwaphulo-mthetho zeSizwe nezePhondo, ukuvuselelwa kwezimilo, njl njl.

Ngo-2007, i-Ofisi yoMphathiswa wezeMfundo eNtshona Koloni kunye neWCED, kwakunye ne-Ofisi yoMphathiswa weMicimbi yezeNkcubeko nemiDlalo nesebe layo (DCAS) ngokubambisana zasungula umbutho, i-*Western Cape School Sport (WCSS)* yaye zasayina i-*Western Cape School Sport Memorandum of Agreement* (MoA). I-WCSS yiKomiti yoNxibelelwano yePhondo (PROCOC) yemiDlalo yeziKolo. Le MoA ibophelela amasebe amabini kumbutho ohlangeneyo, ukunxityelelaniswa nokuphunyezwa kwemidlalo ezikolweni yaye kananjalo idala isakhelo kwaye imisela umoya ofanele ube nefuthe ekuqhutyweni kwemidlalo yezikolo kwiPhondo leNtshona Koloni.

Njengoko ngoku iiKomiti zoNxibelelwano zeSizwe nezamaPhondo zemiDlalo yeziKolo zisekiwe, inyathelo elilandelayo kukusekwa kweeKomiti zoNxibelelwano zeziThili (DISCOC) zemiDlalo yeziKolo kwisiThili ngasinye. Emva koko, isithili ngasinye siza kuseka iiKomiti zoNxibelelwano zemiDlalo yeziKolo zeeNgingqi namaCandelo.

Ukufaneleka

Izinto ezisetyenziswayo

IsiCwangciso seziNto eziSetyenziswayo sowe-2006 esigunyaziswe yi-WCED sabonisa ukuba kusafuneka kwakhiwe izikolo ezitsha ezili-104, kwaye ezingama-20 kuzo zazigqityiwe ngoFebruwari ku-2006. Izikolo ezisixhenxe (7) zigqitywe ngo-2006/07, nezinye ezisixhenxe (7) ngo-2007/08. Kulo nyaka zine (4) izikolo ezakhiwayo, kwenziwe izibhengezo zezaziso zezikolo ezithandathu (6), yaye ezihlanu (5) kwenziwa izicwangciso zokwakhiwa kwazo. Ukwenziwa kwezicwangciso zezinye izikolo ezithandathu (6) kuza kuqalisa kungekudala ku-2009/10. Izikolo ezilishumi elinanye ezikwizicwangciso ziza kugqitywa kule minyaka mi-5 ilandelayo. Ukwandiswa nokuphuhliswa kwezinye iindawo, kwakunye nokufudukela kwabafundi kwiindawo ezithile zephondo, kuza kubangela ukuba amanani abafundi aqhubekeke ekhula. Ngenxa yoko, kuza kuqhubeka kukho imfuneko yezikolo ezongezelelekileyo.

Ngaphandle kwenyaniso yokuba kuchongwe iiprojekthi zokwakha, zabekwa kwindawo ephambili yaye zacetywa ukuya kutsho kowe-2014, kubaluleke nakakhulu ukuba kwisiCwangciso-qhinga sokuBonelela ngeZakhiwo zokuSetyenziswa kunikwe ingqwalasela kuyilo lwezakhiwo ezitsha, kujongwe ukudityaniswa koBambiswano phakathi koRhulumente namaShishini abucala (iiPPP) ukuze kukhawuleziswe uhanjiso lweenkonzo nokuphuhliswa kwendlela yokungenelela eza kwenza kube lula ukusetyenziswa ngokupheleleyo kwezakhiwo ezikhoyo. IMimiselo nemiGangatho elindelekileyo yokusetyenziswa kwendawo kumaziko (icandelo 5A le-SASA) iza kubhexesha inkqubo yokusetyenziswa ngokupheleleyo kwezinto ezisetyenziswayo. Ukufikelela kwabafundi kwizakhiwo, ingakumbi abafundi abakhubazekileyo umz. iindawo ezingamathambeka endaweni yezinyuko ukwenzela abafundi abakwizitulo ezinamavili, sele kufakiwe kwizicwangciso zokubonelela ngezakhiwo kwixa elizayo. Imisebenzi yezicwangciso ezihambele phambili zekamva imele iquke ingqalelo ecacileyo kwezo nkalo ezilungele ezendalo ezithethelelwa ngabalweli bemeko-bume engqongileyo yaye kunikelwa ingqalelo efanelekileyo kubutyebi obunqongopheleyo.

Inkalo engundoqo yokwenziwa kweenkonzo ziinkqubo zemisebenzi engephi ephantsi kolawulo lwee-SGB (ukuphuculwa, ukuvuselelwa, ukuhombisa, njl njl) ezikolweni, nto leyo iza wenza ukuba izikolo zibe phantsi kwabantu basekuhlaleni yaye kubonelelwe ngenzuzo yezoqoqosho kwezo ndawo. AmaBhunga olawulo eZikolo (ii-SGB) zinikwe amagunya okuqalisa iiprojekthi zokwakhiwa kwezinto zokusetyenziswa (amagumbi okufundela ongezelelekileyo) kwizikolo zazo phantsi kweliso labacebisi abaziingcali. Izikolo ezingama-31 xa zizonke ziqukiwe yaye kwakhiwe amagumbi okufundela ali-175 kule minyaka mibini idluleyo. Ukongezelela, kudluliselwa intlawulo kwii-SGB ukuze kwakhiwe iiholo phantsi kweliso labacebisi abaziingcali. Sele kugqitywe iiholo ezine (4) yaye ezimbini zisakhiwa. Njengenxenye yeNkqubo yokuLungiswa kweZakhiwo (BFMP) ukuza kuthi ga ngoku kudalwe amathuba emisebenzi angama-5 103 yaye engama-202 kuyo kuqashwe ulutsha olungamadoda, ama-484 olutsha olubhinqileyo, ama-995 ngamadoda yaye angama-3 422 ngamabhinqa. I-BMFP sisivumelwano seminyaka emibini, ukusuka kuJulayi ku-2006 ukuya kuJulayi ku-2008. Kukho iinjongo zokuba i-BMFP inatyiselwe kunyaka-mali ka-2009/10.

Ukwakhiwa kwezakhiwo ezisisigxina endaweni yezakhiwo ezimiswa sezenziwe yinxalenye yesicwangciso sokwakhiwa kwezinto zokusetyenziswa. Ezi projekthi ziza kulawulwa zizigqeba ezilawula izikolo zincediswa yi-PMU. Kunyaka-mali ka-2008/09, kuza kulungiswa ezo zikolo zinezakhiwo ezikwimeko embi gqitha ezidinga ingqalelo engxamisekileyo. Ezi projekthi ziza kwenziwa ngokwezigaba ukuze kuqinisekiswe ukuba izikolo ezininzi zinokuncediswa nokuze kuthintelwe ukuphazamiseka okungenzeka ekufundeni nasekufundiseni ezikolweni.

Kwiindawo apho kukho amagumbi okufundela agqithisileyo, izikolo zifanele zidityaniswe ukuze kuncitshiswe imeko yokungasetyenziswa ngokuzeleyo kwamagumbi okufundela nokuze kwangaxeshanye kwenziwe izakhiwo zezikolo zifumaneke ukuze kufezekiswe ezinye iimfuno. Kananjalo le nkqubo iza kuncedisa ukunciphisa intlonti yokonakaliswa kwezikolo.

I-WCED inxibelelana rhoqo noRhulumente wasemaKhaya. Oku kuphefumlelana ngezimvo kuyanceda ekulindeleni izinto ezintsha ezisenokuvela. Noko ke kucacile ukuba umthetho omtsha owenziwe liSebe leMicimbi yezeNdalo noCwangciso loPhuhliso ithintela ukuphuhliswa ngokukhawuleza kwaye wenza ukufumaneka kweziza kwiindawo ezingekacandwa “njengezikolo” kube ngumsina-ndozele. Ngenxa yoko, ukubonelela ngamagumbi akuhambi kakuhle. Amasebe esizwe, afana ne-DWAF nelaMandla neziMbiwa, ayancedisa ekuhanjisweni kweenkonzo ezintsha ezingundoqo, ezinjengokwakhiwa kweendawo ezintsha zokuhlambela nezangasese okanye ukuphuculwa kwezo zikhoyo. Abanye ooMasipala nabo bafak' isandla ekuboneleleni okanye ekuphuculweni kweenkonzo ezingundoqo.

Ukuyilwa ngokutsha kwe-WCED kuphumele ekubeni iCandelo loLawulo: uCwangciso lweziBonelelo eziPhathekayo elidala lahlulwe libe yiYunithi yeMisebenzi neCandelo loCwangciso. Eli nyathelo lifanele luphucule ukwenziwa kwezicwangciso ngokucikizekileyo, nolawulo nokubekw' esweni okuphuculiweyo kweeprojekthi ezenziwa ngamaziko okuziphumeza.

Imimiselo yoBonelelo ngeziThuba

Ukuqeshwa kwabasebenzi bezikolo zikarhulumente zesiqhelo kumiselwa minyaka le ngokwesigunyaziso semimiselo yobonelelo ngezithuba. Ngokomyalelo womthetho, abasebenzi abangamalungu eBhunga labaSebenzi kwiMfundo yeSebe (PELRC) kwaneemanyano ezisesikweni zee-SGB kuboniswana nazo ngokufanelekileyo mayela nokuthwaleka kweendleko zizonke zezithuba zabafundisi-ntsapho kwakunye nokumiselwa kwabasebenzi kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo. I-WCED ilinyusile inani elikhulu lezithuba zobutitshala kwiphondo ngama-747 nto leyo yenza izithuba zizonke zabafundisi-ntsapho zibe ngama-31 619 ngo-2008.

Izinto zokuncedisa abafundi nootitshala (LTSM)

I-WCED inoxanduva lokuthengela zonke izikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21 ii-LTSM kwaye yenze isivumelwano seminyaka emi-2 nababoneleli ngeenkonzo ukwenzela le njongo. Ngokwezigqibo zesivumelwano esikhoyo, kubhaliswe ababoneleli ngeenkonzo abali-165 ukuze bahambise ii-LTSM kwizikolo ezingama-456 ezingekho phantsi kweSiqendu 21. Injongo yesebe kukufikelela umyinge we-100% ekuboneleleni nasekuhambiseni zonke ii-LTSM eziodwe zizikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21 ngaphambi kokuqalisa konyaka wesikolo. Ukufezekiswa kwale njongo kuxhomekeke ekufumanekeni kwezi LTSM.

Izikolo zeSiqendu 21 zifumana imali kwisebe yaye zinoxanduva lokuthenga ii-LTSM ngokuvumelana noluhlu lwababoneleli abakhethwe lisebe.

Zonke izikolo zimele zibambelele kuMgaqo-nkqubo wokuThenga ngokuKhethekileyo wephondo ekusebenziseni izabelo zazo ze-N&S ukuthenga iincwadi zezikhokelo nezinye iincwadi. Ukwenzela le njongo, kukho iindidi ezimbini zoluhlu lwababoneleli. Uluhlu lokuqala (uluhlu lwabakhethiweyo) lumela abo baboneleli kumele kuthengwe kubo. Ngabo babizwa ngokuba ngabantu ababehlelelekile ngokwembali (ii-HDI) kunye namashishini amancinane, aphakathi nasakhasayo (ii-SMME). Izikolo zimele zithenge iincwadi zezikhokelo nezinye iincwadi ukuya kutsho ubuncinane kuma-70% olwabiwo lwazo lwe-N&S kubaboneleli abakolu luhlu lokuqala. Iincwadi zezikhokelo nezinye iincwadi ngoko kuseleyo (ama-30% olwabiwo olwenzelwe iincwadi zezikhokelo nezinye iincwadi) zisenokuthengwa kubaboneleli abakolu luhlu lwesibini. Uluhlu olulolona lutsha luthunyelwe ezikolweni ngokufakwa kumaqweqwe eesetyhula.

Ukucikizeka

Izikolo zeSiqendu 21

Izikolo ezingama-996 kwezili-1452 (okanye ama-68,6% azo zonke izikolo zikarhulumente zesiqhelo) zinikwe iwonga lokuba zezeSiqendu 21 ngokupheleleyo (lomthetho i-*South African Schools Act,* 1996 (uMthetho No 84 ka-1996) (SASA)). Izikolo eziseleyo ezingama-456 zisafumana ingqalelo eqhubekayo yokuzixhobisa ukuze zibe zizikolo eziphantsi kweSiqendu 21. Kuyaqhubekeka nokunikela inkxaso kuzo zonke izikolo mayela nokuphathwa kwezimali nolawulo.

Ukungayi kwabaFundi nabaFundisi-ntsapho Ezikolweni

ICandelo loLawulo lokuQinisekiswa koMgangatho likhethe umbandela wokungayi kwabafundi nabafundisi-ntsapho ezikolweni ukuba uqinisekiswe kulo nyaka uphelileyo. Yinxenye yokuqhuba uvavanyo ezikolweni kuphela egqityiweyo. Kutyelelwe izikolo ezisi-8. Kunyaka-mali omtsha sizimisele: ukukhetha isampulu enkulu ngakumbi, kodwa siquke nezikolo ezibini kwezi zisi-8 (ukuhlula ukuba zilwenzile na uphuculo); senze uphicotho-zincwadi, sisebenzisa izixhobo zethu ezisulungekisiweyo; siquke izinto ezinika ulwazi ngeenkalo ezithile esithe saziqaphela ngelixa kusenziwa uvavanyo ezikolweni umz. amathuba amade ngokugqithiseleyo okungabikho, ukungalandelelwa kwezinto, ukungabikho kwabafundisi-ntsapho ngomhla wokwamkela, ukungakhathali kwabazala naxa bexelelwe ukuba umntwana wabo ebengekho esikolweni.

Ngokusuka kuPhononongo lweSikolo Sisonke kuyacaca ukuba abantwana ababikho phantsi kweliso kangangexesha elide kwiimeko ezithile ezingqalileyo, yaye oku kube nefuthe elibi kwinkqubela-phambili yabafundi. Ngo-2007/08, kubikwe iimeko ezingama-700 zolwaphulo-mthetho kwiZiko leFoni leziKolo eziKhuselekileyo. Le ngxelo inikwa ubukhulu becala ngaMagosa okuNcediswa kwabaFundi (ii-LSO) asebenza ezikolweni, athi, xa etyelele izikolo, anikwe uluhlu lwabafundi abaphula umthetho. Zona ke ii-LSO zithi zibike ezi meko kwiZiko leMinxeba leziKolo eziKhuselekileyo ukuze zibhalwe phantsi.

Ii-LSO ziyaqhubeka nokusebenzisa iindlela zokungenelela eziyimfuneko ngokwemeko nganye. Ii-LSO, ngokuncediswa ngabafundisi-ntsapho, zihlola imeko esikolweni, zandule ke emva koko zityelele umfundi ekhayeni lakhe. Iindlela zokungenelela ziquka udliwano-ndlebe nabafundi kunye nabazali babo ukuze kuqondwe imeko /izizathu zokutshivela kwabo. Iimeko zolwaphulo-mthetho ngokolandelelwano lokwenzeka kwazo zize zilandelayo:
1) Ukusetyenziswa kakubi kotywala neziyobisi
2) Ukungakhathali kwaBazali (kunokuthiwa kubangelwa nayintlupheko)
3) IiNgxaki zokuziPhatha (imiba yokuqeqesheka)

Ii-LSO kunye nee-SRO (amaGosa oKhuseleko lweziBonelelo) aza kuthi gqolo elandelela abafundi abaphula umthetho. Injongo yawo kukuba baphinde babuyiselwe ezikolweni. Abafundisi-ntsapho nabalawuli bezikolo babumba inxalenye engundoqo yale nkqubo. Iinkqubo zokungenelela/ucweyo ezilungiselelweyo ziquka: izakhono zobuzali; iprotokholi ethi “Akuphindi kusetyenziswe kakubi”; iiKlabhu zoLutsha ezikolweni; iinkqubo ezenziwa ngamaxesha ekhefu nasemva kwesikolo; ukuxhasa abafundisi-ntsapho nabasebenzi ukuze kuncitshiswe izinga lokulahla phakathi isikolo. Ngezi ndlela zokungenelela siyakwazi ukuphinda sibuyisele abafundi ezikolweni; sidale amaqonga eengxoxo abafundi ukuze kuqwalaselwe imiba ethile umz. iiklabhu zolutsha, njl njl; ukuxhobisa abazali; ukuphuhlisa ulwalamano noluntu nezinye ii-NGO, ii-FBO, ii-CBO, uRhulumente, njl njl.

Izikolo zasePrayimari zikaRhulumente

Ubulungisa

I-QIDSUP

Inkqubo ye-Qids-up iye yaxhamla kwiNkxaso-mali yeSizwe ukuze iphucule umgangatho wemfundo kwezona zikolo zihlwempuzekileyo zeli phondo. Umlinganiselo wokusebenza kwale projekthi yayikukubonelela ngabasebenzi, izakhiwo nezixhobo zokufundisa kwezi zikolo. I-WCED yamisela isigqeba seprojekthi ukuze sithi thaca le nkqubo kwiminyaka embalwa elandelayo.

Ngenxa yokungaphicothwa kweencwadi zezakhiwo, izinto eziphathekayo nabasebenzi, kwaqhutywa inkqubo yokubonisana nesebe ngokubanzi kunye namacandelo aphambili e-WCED. Emva kweli thuba lokubonisana, kwaphuhliswa inkqubo yokuhlangabezana nezona mfuno zingxamisekileyo ze-WCED ezijoliswe kwizikolo ezikwi-quintile yokuqala neyesibini. Oku kuquke iindlela ezilandelayo zokungenelela:

- Uhlalutyo lweeMeko kwizikolo ezingama-405 ezikwi-NQ1 & 2. Injongo yolu hlalutyo yayikukuseka amanqanaba enkxaso afunekayo kwezona zikolo zihlwempuzekileyo. Umboneleli ngeenkonzo ungenise ingxelo yophicotho-zincwadi eza kuthi ibe luncedo ekwenzeni izicwangciso zendlela yokungenelela kule minyaka imbalwa ilandelayo.
- Ngenxa yokuhlwempuzeka kophuhliso lwezakhono zokuhamba ezinkulu nezifanelekileyo, izixhobo zangaphandle zezakolo ezili-100 ezinikela iBakala R. Zonke ezi zikolo zibonelelwe ngezixhobo zokuphucula iimpawu ezongezelelekileyo ezinefuthe ekufundiseni nasekufundeni kweyona mimandla ihluphekileyo eNtshona Koloni. Lo msebenzi uza kugqityezelwa ngoMatshi 2008.
- Kukho ubungqina obuninzi bokuba inkcubeko yokubhala ayikho kumakhaya abantwana akudidi lwabantu abangabasebenzi. Kananjalo olu phando lubonisa ukuba kukho unxibelelwano phakathi kobuchule bokufunda nobukho benkcubeko yokubhala. Ngoko ke inkqubo ye-QIDS-UP ngenjongo yokuphucula ubuchule bokufunda nokubhala nokwenza izibalo kubafundi ibonelele ngeencwadi zaselayibhrari kwizikolo ezingama-405 zaseprayimari nasesekondari. Kwa-odwa iincwadi ezingamawaka alikhulu ngendleko yama-R 32 000 000. Ezi ncwadi zancediswa ngeeDVD ezineJelo lokuFunda neetshati ezixhonywa eludongeni. Ootitshala/izikolo ezingama-330 zifumene uqeqesho lokulawula iincwadi zelayibhrari. Kwiindawo ekungekho ndawo yokugcina izinto, izikolo zinikwe iiyunithi ezingoomahamb' ehlala. Kokokuqala ngqa ukuba izikolo zethu ezincinane ezisemaphandleni zixhotyiswe ngeelayibhrari ngenjongo yokuphucula ubuchule bokubhala nokufunda kwanokubala.
- Ngelixa kusaqosheliswa isicwangciso sezibonelelo se-WCED, izikolo eziliqela zidinga ukulungiswa. Kufumaniseke ukuba ezona zikolo zichaphazeleke kakhulu zikwezona ndawo zihluphekileyo. Ngoko ke, i-QIDS-UP yalungisa ngokungqamisekileyo izikolo ezingama-95: Kubekelwe bucala uhlahlo lwabiwo-mali lwe-R23m ukwenzela le njongo. ISebe lezoThutho nemiSebenzi yoLuntu (DTPW) lilo elibonelela nge-R21,162m yokulungiswa kwezinto. Izivumelwano ezingama-21 zikwinqanaba lokuphononongwa kweziniki-maxabiso yaye ntsuku zonke zinikezelwa kwiinkampani ezakhayo. Kungokunje zingama-61 iziza ezakhiwayo, oko kukuthi abakhi basesizeni. Iziza ezili-13 zigqityiwe yaye zigciniwe.
- Kukhutshwe uhlahlo lwabiwo-mali lwe-R1, 5m lokuncedisa izikolo ezili-16 ezizezona zihluphekayo ngophuhliso lwezinto zokusetyenziselwa iilebhu zeekhompyutha.
- Inkqubo yokuphononongwa kwesikolo sisonke eyaqalisa ngowama-30 kuJulayi 2007 igqityiwe kwizikolo ezili-15 ze-QIDS-UP ukwenzela umjikelo wangoku. Kuqeqeshwe iisuphavayiza ezingama-34. Ukuza kuthi ga ngoku kuchithwe imali engama-R277,983 yaye kuthenjiswe enye i-R571,084. Kwenziwa uvavanyo olusisiseko lokubhala nokufunda nezibalo lwabo bonke abafundi beBanga lesi-4 kwizikolo ze-Q1, 2 & 3.

Ucikizeko

Iinkcukacha-manani ezingezantsi zizixhobo ezibalulekileyo zokuhlola iingxaki zephondo. Zingqinela into yokuba kumele kugxininiswe kwi-ECD eyandisiweyo kwelinye icala nemfuneko yokubonelela ngenkxaso enamandla kwizikolo zasesekondari kwelinye icala.

Iziphumo Zokuphumelela Ngo-2007

UDIDI		GR1	GR2	GR3	GR4	GR5	GR6	GR7	GR8	GR9	GR10	GR11	LSEN	Total
Ababha-lisiweyo	M	47 532	41 510	42 423	44 752	38 735	37 778	34 446	31 290	35 681	36 006	24,778	106	415 037
	F	43 819	39 978	40 626	44 091	38 643	38 511	35 803	30 656	38 196	42,269	32 411	79	425 082
Bebonke		91 351	81 488	83 049	88 843	77 378	76 289	70 249	61 946	73 877	78,275	57 189	185	840 119
Abapasileyo	M	37 666	36 949	39 716	40 495	36 291	35 446	32 228	26 888	24 156	22,534	18 433	64	350 866
	F	36 997	36 813	38 747	41 868	37 392	37 184	34 742	28 404	30 537	29,539	25 135	45	377 403
Bebonke		74 663	73 762	78 463	82 363	73 683	72 630	66 970	55 292	54 693	52,073	43 568	109	728 269
%		81.73	90.52	94.48	92.71	95.22	95.2	95.33	89.26	74.03	66.53	76.18	58.9	86.69
Ixesha elingakumbi	M	9 866	4 561	2 707	4 257	2 444	2 332	2 218	4 402	11 525	13,472	6 345	42	64 171
	F	6 822	3 165	1 879	2 223	1 251	1 327	1 061	2 252	7 659	12,730	7 276	34	47 679
Bebonke		16 688	7 726	4 586	6 480	3 695	3 659	3 279	6 654	19 184	26,202	13 621	76	111 850
%		18.27	9.48	5.52	7.29	4.78	4.8	4.67	10.74	25.97	33.47	23.82	41.1	13

Umgangatho

IsiCwangciso soLwazi loKufunda noKubala noKubhala

Le ndlela yokusebenza eneenkalo ezininzi iquka ukuqeshwa kwabancedisi bootitshala abangama-510 bokuncedisa ezikolweni eziqhuba ngendlela engancumisiyo ekufundeni nakwizibalo. Ibandakanya ukuqeqeshwa nokuqeshwa kwabaNcedisi babaFundi nabaCebisi ngeKharityhulam abali-100 kwiziThili kunye nama-450 abaFundisi-ntsapho abaNcedisa ekuFundeni kwizikolo zesiqhelo. Le nkqubo isekelwe kwindlela yokungenelela.
Kwiimvavanyo zephondo amanqaku okuFunda nokuBhala amaBanga esi-3 nawesi-6 (ulwazi lwengabula-zigcawu oluqokelelweyo luka-2007 kuphela) abonisa ukuba iimeko ziphucuke ngomyinge we-12% (iBanga lesi-3) ne-10% (iBanga lesi-6) ukusukela kuvavanyo lokuqala ngo-2002. Inyaniso yokuba kuthatha ixesha elidana ukuphucula iziphumo zeziBalo iyaxhalabisa kodwa isenokubonisa inyaniso yokuba isicwangciso-qhinga sephondo sokuphuhlisa ubuchule bokufunda nokubhala senziwa kuqala kuneso seziBalo. Uphando kwimfuneko yokuphuhliswa kootitshala kwizibalo luza kuphuma ngoJulayi 2008. Ngokufanayo uphando kwizinto ezinokuba negalelo ekuziseni iinguqu ezibangele impumelelo kwizikolo ezithile luza kuhlolisiswa ngomdla.

Ezinye zezinto eziluncedo ezibe negalelo ziquka:

a) Ukubonelela ngezixhobo zokufunda ezilinganisiweyo ukuze kukhuthazwe ukufunda kwiBanga lesi-4 – 7 ngeNkqubo yokuFunda i-Masifunde Maqela.
b) IMizekelo yeBanga lakwa-R yoludwe lweenkqubo zokusebenza iye yaphuhliswa ngazo zo-3 iilwimi kwanangee-CD yaza yasasazwa.
c) Iikiti ezingama-349 zeBanga lakwa-R zee-LTSM zokuFunda nokuBala, kunye nencwadi exhasayo, ziye zasasazwa kwiziza ezingama-349 zeBanga lakwa-R (ezisekelwe kwiindawo zoluntu nakwiiprayimari zikarhulumente).
d) INkqubo yoHlolo olunguNdoqo lweBanga loku-1 izinziswe kwimiGangatho yokuHlola kunye nemisebenzi yeBanga lakwa-R.INkqubo yoHlolo olunguNdoqo yeBanga lesi-2 nelesi-3 iza kumiselwa kunyaka-mali omtsha.

Ngokubhekisele kwiProjekthi yabaNcedisi booTitshala okulandelayo:

a) Inkxaso-mali yezithuba zootitshala ezili-100 yabelwe ngokutsha kwiProjekthi yoLingelo yabaNcedisi booTitshala ka-2007 – 2008.
b) Abancedisi bootitshala abangama-410 baqhubeka nonyaka wabo wesibini woqeqesho yaye abancedisi bootitshala abatsha abali-100 baqalise unyaka wabo wokuqala woqeqesho. Umboneleli weenkonzo uqulunqe umbandela wesifundo sonyaka wesibini.
c) Ngale projekthi abaNcedisi booTitshala baphucula iziqinisekiso zabo: abanye basebenzela ukufumana isiqinisekiso esigunyaziswe yi-SAQA – iSetifiketi kwezeMfundo kwiNqanaba lesi-5 le-NQF yaye abanye basebenzela ukufumana isidanga se-Bachelor of Education (isiGaba esisiSiseko). I-WCED inike abafundi abali-15 ababefake izicelo nabaphumeleleyo iibhasari.
d) NgoSeptemba, i-ETDP SETA ikhuphe iibhasari izinika abancedisi bootitshala abangama-50 bonyaka wokuqala ukuze bagqibezele uqeqesho lwabo lonyaka wesibini.
e) Kuqhutywe inkqubo yokubek' esweni nokuphononongа le projekthi zii-ofisi zezithili nabasebenzi be-ofisi elikomkhulu kwakunye nabaphononongi bangaphandle. Kunikwe ezi zindululo: Abancedisi bootitshala basetyenziswa kwiiklasi zeBanga loku-1 nelesi-2 ukuze kuqinisekiswe ukuba abafundi bazuze izakhono zokufunda nokubhala nokubala; iiseshini ezongezelelekileyo zokuqeqesha ootitshala nabancedisi bootitshala abaseziklasini; umncedisi katitshala ufanele abe kwiklasi enye unyaka wonke kunokuba ajikeleziwe kwiiklasi ezimbini.
f) Uxwebhu lwe-*Occupation Salary Specific Dispensation* luchonge abancedisi bootitshala (ukuncedisa ekufundiseni) njengenqanaba lokuqala labafundisi-ntsapho abasezikolweni. ISakhelo seSizwe soMgaqo-nkqubo wokuFundiswa nokuPhuhliswa kooTitshala eMzantsi Afrika, iGazethe kaRhulumente, 26 Apreli 2007, inombolo 89 siyavuma ukuba ‘abancedisi bootitshala baza kuqeqeshwa baze baqeshwe kwiindawo ezinentswelo enkulu.’

Izikolo zikaRhulumente zaseSekondari

Ubulungisa

Ukubhaliswa nendlela abaqhuba ngayo abafundi abangamantombazana yinxalenye yesicwangciso-qhinga se-Dinaledi neziKolo eziJolise kwi-Maths nakwezeNzululwazi. Le projekthi iza kuxhaswa kakhulu kulo nyaka uzayo.

INkqubo ka-2008/09

a) Uphuhliso lobungcali lootitshala beMathematika nezeNzululwazi kwimeko entsha yeMathematika nezeNzululwazi
b) Ukubonelela ngezixhobo ezifanelekileyo zokuphakamisa ukugqwesa, ukwenziwa komsebenzi nokuphunyelelwa kweMathematika nezeNzululwazi
c) Ukuphuhliswa kwabasebenzi okuquka abalawuli bezikolo neeNtloko zamaSebe zezifundo ukuze kuqinisekiswe ungqinelwano nokufikelelwa kwezinto ekujoliswe kuzo neenjongo ze-MST
d) Inkqubo yokuqeqeshwa kootitshala beMathematika nezeNzululwazi kwi-ICT kusetyenziswa iNkqubo ye-*Intel Teach Essentials*
e) Ukwenziwa kophicotho-zincwadi kwiziqinisekiso zootitshala nezixhobo zokufundisa
f) Iinkqubo zokukhokela abafundi ekukhetheni imisebenzi nenkxaso ngeenkampu eziququzelelwa zii-MST
g) Indlela ekuqhutywa ngayo nokuphunyelelwa kweMathematika nezeNzululwazi ngothatho-nxaxheba kwii-Olimpikhi zeMathematika nezeNzululwazi
h) Uncedo olunikwa abafundi “abasemngciphekweni” ngokuqesha abaqeqeshe beMathematika nezeNzululwazi, izikolo zaseBusika naseNtlako-hlaza, iiseshini ezandulela iimviwo
i) Izifundo ekujoliswe kuso ekuthi isikolo ngasinye sizibekele ukwandisa amanani abafundi kuze kuphuculwe izifundo kwiMathematika nezeNzululwazi
j) Ukwenza utyelelo lokubek' esweni ngokuthe rhoqo

Isiphumo

IsiCwangciso sokuPasa kwabaFundi (LAS)

I-WCED ifikelele kwi-avareji yama-80%+ kwiimviwo zesatifikethi sematrikhi kule minyaka mihlanu idlulileyo. Nangona kunjalo, kwangaxesha nye, ezinye izikolo zisaqhuba kakubi kakhulu, ezinye zifikelela kwinqanaba lokupasa elingaphantsi kwama-30%. Inkqubo yeZikolo zokuFunda (i-LSP) yasungulwa ngo-1999 ukujongana nale meko. I-LSP ibe nayo impumelelo kunye nokusilela. Inani lezikolo ziphume zingena kwiNkqubo kwaye ezinye zange zakwazi ukuphuma zizimele geqe, oko kukuthi, bezithe gqolo ukufumana iziphumo ezingaphantsi kwama-60%.

I-LSP ithe yaguquka yasisiCwangciso soKupasa kwaBafundi (LAS) kunye nombutho weSizwe (NSLAS) kumzamo wokuzisa indlela ebanzi nephelele ngakumbi yokuphucula ukusebenza kwabafundi. I-LAS igxininisa kakhulu kwisigaba seFET, ngenjongo ekhawulezileyo yokulungisa imeko yezikolo ezineziphumo ezingancumisiyo kwiimviwo zesiqinisekiso sematrikhi. IsiCwangciso soKupasa kwaBafundi sibe negalelo kwimiba eliqela yokulungisa imeko kwakunye nomba wokuphucula ukufikelela kwabo bonke abafundi abakwibanga le-12 ngezingqinisiso zenkxaso ekujoliswe kuzo. Umgangatho wezi zingqinisiso waphucuka ngo-2007 phezu kwazo nje iimeko ezingentle ngenxa yezikolo eziliqela eziwe ngaphantsi komda omiswe liPhondo.

Kungokunje esi sicwangciso-qhinga sinikwa ingqwalasela. Ezi zingqinisiso zibe yimfuneko ngenxa yokulungiswa komthetho i-*Education Act* (2007) – ngokukodwa ukuchongwa kwezikolo eziqhuba kakubi – nesicwangciso sokulungisa umba womgangatho wezinga lokuphumelela kwabafundi kwi-WCED.

Izicwangciso-qhinga zokuphucula umgangatho wokuphumelela kwabafundi kwakunye nokwenziwa nzulu kokufikeleleka nokulungisa izinto kwiphondo ziyahlolisiswa yaye ziza kumiselwa kulo nyaka. I-WCED izimisele ukuwuqwalasela umba wokuqhuba kakubi ngendlela ecwangcisiweyo yaye ijolise kwindlela esebenzisa izingqinisiso ezicwangcisiweyo ngoku kwakunye nophando lwamanyathelo anokuthathwa, ukuhlaziya nokuphucula indlela yokubek' esweni izinto. Abaphathi abaphezulu be-WCED baza kuthunyelwa nakwezi zikolo.

Umgangatho

Ukhuseleko lweMeko-bume: iziKolo eziKhuselekileyo

Njengokuba kunjalo kwihlabathi lonke, umba wokhuseleko ezikolweni uya umxhalabisa ngokumxhalabisa urhulumente. INtshona Koloni ibhuqwa ngakumbi yile ngxaki njengoko bugquba kakhulu ubugewu nobudlova bemigewu ezikolweni, buhamba nesihlava esibi kunene esikukusetyenziswa kotywala neziyobisi. Ngobambiswano namanye amahlakani, ngakumbi iSebe loKhuseleko lweNtlalo, esi sihlava kuzanywa shushu ukusinyothula.

UMsebenzi weZikolo ezinoKhuseleko unesicwangciso-qhinga esintlangothi-ntathu, esibandakanya ezi zinto zilandelayo:

1. IZiko loQhagamshelwano ngoKhuseleko lweZikolo, apho zinokuxelwa khona iingxaki ngeengxakieziphathelele kukhuseleko ezikolweni nalapho abo bachaphazelekayo nabaxhwalekileyo ngokwasemphefumlweni banokucela, bafumane uncedo ngeengcebiso. IZiko loQhagamshelwano ngoKhuseleko lweziKolo lisebenzisa inombolo yasimahla (0800 45 46 47), linikela iingcebiso noqhagamshelwano ngoko nangoko, simahla nangomnxeba kubafundi, abazali nootitshala abadinga uncedo, ukhokelo okanye ulwazi ngokubhekisele kwimiba ehlobene nokhuseleko. Le nkonzo ifumaneka ngeelwimi ezintathu ezisesikweni zaseNtshona Koloni. IZiko loQhagamshelwano lisebenza njengeziko lonxibelelaniso onokuthi ngalo udluliselwe kumaziko afanelekileyo nadlulisela ulwazi olubalulekileyo kumaqela achaphazelekayo. Linxibelelana nothungelwano olubanzi lwababoneleli ngeenkonzo, elixhasa umsebenzi wabo. Imiba ekuthethwa ngayo iquka ubundlavini bemigewu, ukuxhatshazwa (emzimbeni, ngokwesondo, ngokweemvakalelo, ukungakhathalelwa), ukusebenzisa kakubi utywala neziyobisi, ukuphanga nokubethwa, imiba yesigqeba esilawulayo (kuquka imiba yengqeqesho nocalucalulo), ukukhulelwa kwabakwishumi elivisayo, iHIV/AIDS, kwakunye neziganeko ezixhwalekisayo njengokuzama ukuzibulala, ukuqweqwediswa, abantu abalahlekileyo, izoyikiso zeebhombu, izixhobo kumabala esikolo, njl njl.

2. Ukubonelela ngokhuseleko olubonakalayo: le nkqubo ijolise ekufakelweni kwezingqinisiso ezahlukeneyo zokhuseleko, kuquka ucingo lokukhusela neentsimbi zokulumkisa kwizikolo ezisemngciphekweni omkhulu. Kananjalo le nkqubo iquka izicwangciso zokusinda.

   Iintsimbi zokuLumkisa:

   Zithe gqolo ukwenzeka iziganeko zokuqhekezwa nokonakaliswa kwempahla yesikolo. Izikolo ezineentsimbi ezisebenzayo zokulumkisa zibike amabali empumelelo okuba izaphuli-mthetho zibanjiwe zaza iimpahla ezibiweyo zafunyanwa. Kodwa ke, imimandla yeendawo zesikolo inoluvo lokuba nakubeni ziye zabanjwa, izaphuli-mthetho ziphunda zikhululwe zibuyele eluntwini. Abantu abakwiindawo ezijikeleze izikolo banoluvo lokuba abaphuli-mthetho bafanele zenze imbuyekezo ethile ngomonakalo eziwenzileyo ngenxa yokuqhekeza nokonakalisa. Ngenxa yoku i-WCED iza kubonelela ngeentsimbi zokulumkisa kwizikolo ezisemngciphekweni omkhulu.

   Ukulawula Ukungena

   Amasango okhuseleko, inethi, iintsimbi zokhuseleko nocingo oluhlabayo zafakelwa kwizikolo ezikuMngcipheko omKhulu. Kuza kuphuculwa indlela yokungena kwizikolo ezikuMngcipheko omKhulu ukuze kunqandwe ukungena ngaphandle kwemvume yaye kuncitshiswe nobundlobongela basezikolweni.

I-CCTV

Njengenxenye yokuphuculwa kokhuseleko ezikolweni, izikolo ezingama-60 kwezili-109 ezikuMngcipheko omKhulu zachongwa ukuba zifumane i-CCTV eza kubekw' esweni kwiisayithi ezahlukeneyo. I-CCTV iza kusetyenziselwa ukubhaqa ukutyhoboza nokubek' esweni iindawo ezikhethiweyo njengezindlu zangasese namabala okudlala. Iza kubek' esweni iindawo ezikhethiweyo ezihamba uluntu ngaphandle kwesikolo ngeekhamera zokuthatha intshukumo ukuze kubonwe ukuziphatha okurhanelekayo njengokubutha nje okanye isenzo esingekho mthethweni ngaphakathi nangaphandle kwamabala esikolo, esinokuthi sibe nefuthe elibi kubafundi, abafundisi-ntsapho nabasebenzi abancedisayo. Le nkcazelo inokusetyenziswa ukubhaqa abo bangena ngaphandle kwemvume, ukonakalisa, umgushuzo wamaqela okanye ubugewu ngaphakathi okanye kufuphi nasesikolweni nokubutha nje. Le ngcaciso iya kusetyenziselwa ukusingatha iimeko zokungaziphathi kakuhle okanye ezepatheni ezicashene nezentlalakahle eziya kubangela ukuba kuphunyezwe izicwangciso ezisebenzayo ukukhusela abafundi, ootitshala abasebenzi abancedisayo nepropati.

INkqubo yamaVolontiya yoKhuseleko lweziKolo iBambanani

IQonga leeNgxoxo loKhuseleko loLuntu laqesha amaVolontiya eBambanani angama-400 yaye amavolontiya ali-100 aqeshwa ziziGqiba zoLawulo zeziKolo ukuba abe yinxalenye yeNkqubo yamaVolontiya yoKhuseleko lweziKolo i-Bambanani. AmaVolontiya oKhuseleko lweziKolo eBambanani axhasa isicwangciso-qhinga sokuLwanoLwaphulo-mthetho sesiKhululo se-SAPS sasekuhlaleni nendlela yokwenza umsebenzi wobupolisa. Amalalela ali-149 enkonzo yesipolisa abekwa kwizikolo ezili-109 ezikuMngcipheko omKhulu ukuze abe yinxalenye yesicwangciso-qhinga sokulwa nolwaphulo-mthetho nobundlobongela esikolweni. Kodwa ke, ngenxa yeenzima zemali, ama-80% amalalela amapolisa ashenxisiwe ezikolweni.

Abalindi bezoKhuseleko ngeXesha leeHolide zesiKolo

Kulungiselelwa ukuba kubekho abalindi bezokhuseleko beemo zongxamiseko ngexesha leeholide zesikolo ukuze bancedise ekunciphiseni amatyala ahlobene nempahla yesikolo.

AmaGosa oKhuseleko lweziXhobo zokuFundisa

Njengenxenye yephulo leNkulumbuso kuqeshwe amagosa okhuseleko lwezixhobo zokufundisa angama-50 ukuze kuxhaswe izikolo ngokwandisa iikomiti zokhuseleko lwezikolo, ukuhlola izicwangciso zokhuseleko lwezikolo, ukuseka iiklabhu zolutsha, ukuphelisa ukusetyenziswa kakubi kotywala neziyobisi nokuseka iinkqubo zenkxaso kunye/okanye ezokuthintela, ukusebenza njengemizekelo yokuxeliswa enefuthe elihle nabaqeqeshi kwizikolo ezili-109 ezikuMngcipheko omKhulu.

3. Iinkqubo zemfundo ezijoliswe kukuxabiseka nakwizimvo, ezinjongo yazo ikukwenza abafundi babe nomdla kwizinto ezinefuthe elihle njengemidlalo, izinto zobugcisa nedrama, nokunikela ingqalelo kwimisebenzi abafuna ukuyenza kwikamva. Zijoliswe kwiNguqu zezimvo okanye zokuziphatha; iindlela zobuchule nezakhayo zokulawula iingxabano nokuqeqeshwa ekulamleni. Izikolo ezikuMngcipheko omKhulu ziza kuqeqeshwa kuQeqesho lweMpilo yomSebenzi noKhuseleko nokuLawula iiNtlekele. Kuza kusindlekwa iinkqubo zokulwa nobuntshakavu kunye nentetho nje.

AmaGosa okuNcedisa abaFundi

Alandelela abafundi abaphula umthetho nokuqinisekisa ukuhlolwa kweengxaki zabafundi. Anikela iingcebiso noqeqesho kubafundi abasemngciphekweni yaye aqinisekisa ukuba abafundi banokufikelela kwiinkonzo abazidingayo. AmaGosa okuNcedisa abaFundi abaza kubhexesha iprojekthi ethi *"Youth In Control"* njengenxenye yenkqubo yeeholide. Iprojekthi ethi *"Youth in Control"* inenjongo yokuqinisekisa izimvo nokuziphatha okuhle ngokufakwa kwijelo elifanelekileyo nemfundo: ukubuyisela abo balahle isikolo kwizigqeba ezifanelekileyo zemfundo nokuphuhlisa izakhono zokuphumeza iiprojekthi zoluntu.

Uthutho lwabaFundi

Akululula ukuba kwakhiwe izikolo eziza kuba kumgama ongama-5 eekhilomitha ezilungiselelwe wonke umfundi. Ukwenzela ukuba kube lula ukuba abafundi bakwazi ukufikelela kwizikolo ezikufutshane nabo, isebe limisele manyathelo wambi ukufezekisa oku. Oku kubandakanya unikezelo ngeskim sothutho lwabafundi (LTS) okanye intlawulo yebhasari yokuhlala okanye yebhasari yokuthuthwa kubafundi abatsala nzima kakhulu ukuqinisekisa ukuba bayakwazi ukuya esikolweni. Ukuhlala kwiihostele nako kunganikwa ingqwalasela nangona oku kuneengxaki zako (iindleko eziphezulu, abafundi abakwazi ukugoduka ngeempelaveki, njl njl.).

Ngumgaqo-nkqubo we-WCED ukuthutha abafundi bamaBakala 1-12 abahlala kumgama ongaphezu kweekhilomitha ezi-5 kunye nezikolo ezikufutshane nabo. Kule nkalo, i-WCED ijamelene nolawulo lwama-467 eendlela ezihanjwa zizithuthi ezithutha abantwana abangama- 46 000 ukuya esikolweni yonke imihla. Iskim sothutho lwabafundi asiyi kwenziwa xa ngaba abafundi bengaphantsi kwe-10 kwindlela ethile kunye/okanye kumgama we-5 zeekhilomitha ukusuka kwikhaya lomfundi. Kodwa ke, lungakho utshintsho phantsi kweemeko ezingaphaya kwamandla, umzekelo kubafundi abakhubazekileyo abafunda kwizikolo zesiqhelo okanye ngenxa yezizathu zokhuseleko.

I-*e-Education*

I-*White Paper* ye-*e-Education* yenza isibonelelo seenjongo zesicwangciso-qhinga ezintandathu, oko kukuthi, uphuhliso kwezobungcali, izinto zokusetyenziswa ze-ICT, izixhobo eziluncedo zee-elektronika, uqhagamsheleko, ubandakanyo loluntu, kunye nophando nophuhliso. Ngokuthiwa thaca kweProjekthi kaKhanya kwizikolo zikarhulumente, i-*e-Learning Project* kwiiKholeji ze-FET, nezinye iiprojekthi ze-ICT ezifana neProjekthi yoQhagamsheleko eziKolweni, i-*Mindset Project* ne-CEMIS i-WCED yenze inkqubela ebonakalayo ekukhawulelaneni nezi njongo zesicwangciso-qhinga yaye ikuphucule kanobom ukusetyenziswa kwe-ICT kuwo onke amacandelo emfundo. Ukuphunyezwa okuqhubekekayo kwesiCwangciso-qhinga se-*e-Education* sesizwe kuza kuyitshintsha ngakumbi inkqubo yokufundisa nokufunda kweli phondo, yaye kuza kuphucula iinkqubo zoshishino nonxibelelwano ngaphakathi kwiSebe.

Ngokuvumelana nezindululo ezenziwe kwi-*White Paper* nangokusuka kwiinkqubo zokuyilwa ngokutsha kwe-WCED kuye kwasekwa icandelo lolawulo le-*e-Learning and Library Services* eliza kuthi, phakathi kwezinye izinto, lijolise ekuphuculeni ubuchule beSebe kwi-e-learning yaye libonelele ngamathuba okufunda afikelelekayo, afanelekileyo nakumgangatho ophezulu kubo bonke abafundi, kwinkqubo yoqhagamshelwano yezemfundo. Ukuphunyezwa kwemeko-bume yoqhagamshelwano lwe-*e-learning* kuza kuzabalazela nokushenxisa imiqobo kumathuba okufunda ngokuseka izikolo eziphantse zigqibelele yaye kuza kwandisa uthatho-nxaxheba kuwo onke amanqanaba ezemfundo. Imingeni ekujanyelenwe nayo apha mikhulu kwaye ayibandakanyi nje kuphela uqhagamshelo lwe-*broadband* njengemfuneko ephambili ekufundeni ngothungelwano kodwa kwanokuphuculwa kwezakhono zootitshala.

Kwithuba le-MTEF ka-2007/08 – 2009/10 iProjekthi kaKhanya, kuxhomekeka kwimali eyaneleyo, iza kunikezela kwizikolo zikarhulumente ezishiyekileyo ngeendawo zeekhompyutha ezingama-200 ezongezelelekileyo ngonyaka ngaloo ndlela igqibezela inkqubo yokubonelela isikolo ngasinye sikarhulumente ubuncinane ngendawo enye yeekhompyutha. Ngo-2011 abaninzi kubafundisi-ntsapho beli phondo baza kube befumene uqeqesho olungundoqo kwi-ICT, zonke izikolo ziza kuba noqhagamshelo lwe-Intanethi ngoqhagamshelo oluphezulu lwe-bandwidth yaye kuza kufumaneka nezinye izixhobo ezongezelelekileyo ze-elektronikhi.

Amanye amanyathelo acwangcisiweyo acetyelwe ukoyisa iingxaki

I-WCED isungule iindlela zokungenelela neeprojekthi eziliqela ngelinge lokulungisa iinkalo ezahlukeneyo zemfundo esemgangathweni ezikolweni. Phakathi kwezinye, iiprojekthi kunye neendlela zokungenelela ezisetyenziswa ezikolweni ziquka oku kulandelayo:

- Uvavanyo olucwangcisiweyo lweBakala 3 nelesi-6. Iziphumo zezi mvavanyo ziyaqhubeka ziqondisa iindlela zokungenelela ezijoliswe ekufundeni nasekubaleni zesiGaba esisiSiseko nesiPhakathi.
- Isicwangciso-qhinga sokukhuthaza isimilo esisulungekileyo nokumelana nezimilo ezicela umngeni ezikolweni zikarhulumente: Injongo yesi sicwangciso-qhinga intlantlu-mbini: Okokuqala kufuneka inike isakhelo sengqiqo nezikhokelo zokusebenza zokukhuthaza isimilo esisulungekileyo, okwesibini, kufuneka salathe izicwangciso-qhinga kunye sinike neendlela zokumelana ngokufezekileyo nesimilo esicela umngeni ezikolweni. Ukuze le njongo iphumezeke, injongo yesicwangciso-qhinga iza kuba (a) kukukhuthaza ukuvuselelwa kwemimandla yesikolo ngenkqubo yemfundo ebandakanyayo, (b) kukukhuthaza indlela esekwe kumandla ophuhliso olwakhayo novuselelo kwisimilo esicela umngeni, kunye (c) nokuxhotyiswa kootitshala ukuze bakwazi ukumelana nabafundi abacela umngeni ngendlela eyakhayo nevuselelayo nokuqinisekisa ukuba iinkqubo, iinkonzo nemfundo isemgangathweni kwaye yechanekileyo kubafundi abasemngciphekweni.
- Ukuchongwa kwezikolo ezisemngciphekweni: amaqela anemisebenzi emininzi achonga iingxaki ezijamelana nazo ezi ziko; ayile isicwangciso-qhinga sokulungisa iingxaki phantsi kokukhokelwa yinkokeli yeprojekthi; apho kuyimfuneko kufunwa uncedo lwemibutho engaphandle; kunikelwa iinkqubo zoqeqesho zesebe esikolweni; ukuthi gqolo kufunyanwa iziphumo ezibi kunokukhokelela kwinkqubo yokuchongwa komcebisi/umlawuli kwezo zikolo; ukuba kuthe gqolo kuyatshonwa kusenokwenziwa uhlengahlengiso lwesikolo eso.
- Indlela yokungenelela yamabanga amaninzi: Ukuxhaswa kwezikolo ezifundisa ngaphezu kwebanga elinye kwiklasi enye kwiindlela zazo zokufundisa; Kugxininiswa ekusetyenzisweni kwe-ICT ukuze kuxhaswe indlela ephumelelayo yokufundisa amabanga amaninzi. Le projekthi ngoku igqityiwe yaye inikezelwe kwiziThili.
- Iphulo lokuKhuthaza ukuBhalisa kwaNgoko: Kukhuthazwa izikolo ukuba ziqalise ukubhaliswa kwabafundi ekuqaleni konyaka kuze kuqosheliswe ekupheleni konyaka; ukuqukunjelwa kweethayimthebhile nokutyunjelwa ezikhundleni kootitshala ukuze izikolo ziqalise ukufundisa ngosuku lokuqala lonyaka omtsha wesikolo; ukuchonga "iindawo ezinengxaki" ngokubhekisele kumagumbi okufundisela ukuze kwenziwe izicwangciso ezikhawulezileyo.
- Imfundo equkayo: I-*Education White Paper 6* ibonisa indlela inkqubo yangoku yemfundo efanele itshintshwe ngayo ibe yimfundo equkayo nenkqubo yoqeqesho yokuqinisekisa ukufikeleleka kwekharityhulam nenkxaso efanelekileyo kubo bonke abafundi abadibana nezithintelo ekufundeni. Ichaza izinto eziyimfuneko ukuze kubekho imfundo equkayo: kufanele kuphuhliswe izikolo zesiqhelo zibe zizikolo zeenkonzo ezipheleleyo ezinokwamkela abafundi abadinga amanqanaba asezantsi nangephi enkxaso; izikolo ezizodwa zifanele zomelezwe zibe ngamaziko anikela iinkonzo zenkxaso zobungcali kwizikolo zesiqhelo; amaqela enkxaso akwizithili amele aphuhliswe ngendlela yemisebenzi emininzi eqhuka ukubandakanyeka koluntu; kumele kusekwe amaqela enkxaso kwinqanaba lamaziko aze aphuhliswe kuzo zonke izikolo zesiqhelo.
- Umzekelo omtsha weQela leNgingqi uyilelwe ukusondeza iinkonzo ezikolweni. Ukuxhotyiswa kakhulu kweziThili nokusungulwa kwesinye isithili, ndawonye nokuxhotyiswa kakhulu kwe-Ofisi eliKomkhulu kufanele kube negalelo elikhulu ekuhlumeni nakuphuhliso. Iqela ngalinye liza kuba neengcali ubuncinane ezili-11 zokunikela inkxaso evumelanayo nenikelwa rhoqo ezikolweni nto leyo ethetha ukuphuculwa kwemeko ukusuka kumaqela anemisebenzi emininzi ebesebenza ngaphambili.
- AmaCandelo oLawulo oCwangciso lwabaSebenzi noLungelelwaniso lwemiGaqo-nkqubo aza kuncedisa ekukhokeleni ekusulungekiseni indlela yokusebenza. Indlela ephambili yokungenelela ngomgaqo-nkqubo kweli thuba iza kuba kukuhlolisisa umgaqo-nkqubo owenziwe ngezigaba nojoliswe kwiinkcazelo zeengxelo zemigaqo-nkqubo, izikhokelo, iisetyhula, imimiselo nemizuzu, ukuvisisaniswa koluhlu lokuphicotha imigaqo-nkqubo, ukuchongwa nokuhlolwa kwemigaqo-nkqubo, ukungenisa izindululo zokuhlola, ukuvisisana, ukuqalisa nokucingisiswa kwemigaqo-nkqubo, ukulungelelanisa umgaqo-nkqubo nokubhexesha ukuphunyezwa kwawo.

ST201	IZIKOLO ZEMFUNDO ZESIQHELO – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto					
	2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelweyo*
IINTLAWULO NGOKOMSETYENZANA (R'000)						
2.1 Izikolo zaseprayimari zikarhulumente	2,981,194	3,119,550	3,576,969	4,127,395	4,538,325	4,923,722
2.2 Izikolo zasesekondari zikarhulumente	2,139,444	2,245,798	2,392,337	2,751,595	3,025,551	3,282,482
2.3 Iinkonzo zobungcali	153,541	177,165	233,427	280,370	339,805	359,781
2.4 Uphuhliso lwabasebenzi	11,665	13,104	25,386	37,263	110,106	116,475
2.5 Uncediso olunemiqathango	49,337	45,958	53,084	71,109	81,678	105,642
IYONKE	5,335,181	5,601,575	6,281,203	7,267,732	8,095,465	8,788,102
IINTLAWULO NGOKLWAHLULO NGOKOQOQOSHO (R'000)						
Intlawulo yomhla nezolo	4,734,420	5,067,372	5,673,766	6,642,165	7,437,618	8,051,279
Imbuyekezo yabasebenzi	4,326,839	4,573,712	5,130,264	6,024,532	6,740,154	7,257,468
Ootitshala	3,903,115	4,116,340	4,617,238	5,422,078	6,066,138	6,531,720
Abangezotitshala	423,724	457,372	513,026	602,454	674,016	725,748
Iimpahla neenkonzo	407,581	493,660	543,502	617,633	697,464	793,811
Udluliselo noncediso-mali	329,708	310,217	419,190	440,127	425,764	439,345
Intlawulo yeentengo yeempahla ezinkulu	271,053	223,986	188,247	185,440	232,083	297,478
IYONKE	5,335,181	5,601,575	6,281,203	7,267,732	8,095,465	8,788,102
AMANANI-NKCAZA OCIKIZEKO						
Abafundi (a)	920 812	914 543	891 749	901 749	911 749	921 749
Zizonke iintsuku ezinothathwa ngumfundi (b)	205	195	191	203	199	199
Zizonke iintsuku ezilahleke ngenxa yokungezi kwabafundiesikolweni (c)	Le nkcazo-manani ayinakubalwa okwangoku ngenxa yokuba ayifumaneki imithombo yedatha echanekileyo. Kujongwe ukuba le ngcaciso iya kufunyanwa kwiingxelo zekota ezivela ezikolweni.					
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	27 375	27 748	27 614	28 651	28 651	28 651
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente) Prim & Sec (d)	26 693	27 066	27 095	28 101	28 101	28 101
Inani labo bangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	6 261	5 937	6 311	6 381	6 456	6 456
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente) (Control)	682	682	519	550	550	550
Inani lootitshala abebeqeshwe isigxina abemkileyo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo (e)	1 007	883	1 093	1 044	1 044	1 044
Izinga lokumka kootitshala abebeqeshwe isigxina (e/d)	4%	3%	4%	4%	4%	4%
Zonke iintsuku ezifanele ukusetyenzwa ngutitshal ngamnye (f)	205	199	195	207	201	201
Zonke iintsuku ezilahleke ngenxa yokungezi kotitshala emsebenzini (g)	269 219	346 506	330 000	320000	310 000	300 000
Izikolo ezingezizo ezeSiqendu 21 ezifumana izincedisi zokufundisa nokufunda kwangomhla wokuqala kunyaka wesikolo (h)	602	516	456	425	400	375
AMANANI-NKCAZELO EMFUNDO EBANDAKANYAYO						
Abafundi abaneemfuno ezizodwa kakhulu kwizikolo zikarhulumente (i)	Akukho datha yembali ifumanekayo	15 110	14 663	14 200	14 000	13 800

ST201	IZIKOLO ZEMFUNDO ZESIQHELO – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto (lisaqhutywa)					
	2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*
AMANANI-NKCAZO ESONDLO ESIKOLWENI						
Abafundi abaxhamla kumsebenzi wesondlo esikolweni (j)	156 617	203 676	204 000	235 000	238 000	240 000
UFikelelo lomsebenzi lo ngokomyinge weentsuku ngomfundi ngamnye (k)	170	170	170	170	170	170
AMANANI-NKCAZO OTHUTHO LWABAFUNDI						
Abafundi abaxhamla kuthutho lwabafundi (l)	46 700	46 700	45 600	46 000	46 500	47 000
► IZILINGANISO ZOKWENZIWA KOMSEBENZI						
► PM201: Ipesenti yeentsuku zabafundi zokuqhutywa komsebenzi wesondlo ((j x k)/ (a x b))	14.1%	19.4%	20.4%	21.8%	22.3%	22%
► PM202: Ipesenti yabafundi abaneemfuno ezizodwa kwizikolo zesiqhelo zikarhulumente (i / a)	Idatha engokwe-mbali ayifumaneki	1.7%	1.6%	1.6%	1.5%	1.5%
► PM203: Ipesenti yezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezinamanzi	100%	100%	100%	100%	100%	100%
► PM204: Ipesenti yezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezinombane	100%	100%	100%	100%	100%	100%
► PM205: Inani lezikolo ezinenani elaneleyo leethiyilethi ezisebenzayo	11.1%	11.7%	47.5%	49.1%	50.4%	51.8%
► PM206: Inkcitho kulondolozo njengepesenti yexabiso lezibonelelo zezikolo	0.7%	0.8%	0.3%	0.3%	0.3%	0.5%
► PM207: Ipesenti yezikolo ezinabantwana abadlulayo kuma-40 kwigumbi lokufundela	0%	0%	0%	0%	0%	0%
► PM208: Ipesenti yezikolo ezingezozeCandelo 21 ezinazo zonke ii-LTSM nezinye izinto eziziimfuno eziziswe kwangomhla wokuqala wonyaka wesikolo	100%	100%	100%	100%	100%	35%
► PM209: Ipesenti yezikolo ezizezeCandelo 21	58.6%	64.3%	68.6%	70.8%	72.5%	74%
► PM210: Ipesenti yentsuku zomsebenzi ezilahleke ngenxa yokungezi kootitshala emsebenzini kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo ((g / (d x f))	4.9%	6.4%	6.5%	5.6%	5.5%	5.4%
► PM211: Ipesenti yentsuku zesikolo ezilahleke ngenxa yokungezi kwabafundi esikolweni kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo (c / (a x b))	Esi silinganiso sokwenziwa komsebenzi asinakubalwa okwangoku kuba ayifumaneki imithombo yedatha echanileyo. Kujongwe ukuba le ngcaciso iya kufumaneka kwixa elizayo kwiingxelo zekota ezivela ezikolweni..					
Qaphela: Amanani ezikolo ezinamanzi nombane (asetyenziswe kwi-PM 203 ne-PM 204 anokufunyanwa kwiitheyibhile ezimayela nezikolo zaseprayimati nezasesekondari. Imvelaphi yeenkcukacha: *Provincial Budget Statement* (2008).						

ST202	IZIKOLO ZASEPRAYIMARI ZIKARHULUMENTE – iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto					
	2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelweyo*
IINTLAWULO NGOKOLWAHLULO NGOKOQOQOSHO (R'000)						
Intlawulo yomhla nezolo	2,690,480	2,819,522	3,202,330	3,753,536	4,145,168	4,483,250
Imbuyekezo yabasebenzi	2,499,115	2,625,088	2,952,834	3,470,779	3,868,246	4,167,916
Ootitshala	2,281,917	2,388,830	2,687,079	3,158,427	3,520,124	3,792,804
Abangezotitshala	217,198	236,258	265,755	312,352	348,122	375,112
Iimpahla nenkonzo	191,365	194,434	249,496	282,758	276,921	315,334
Udluliselo noncediso-mali	174,582	182,005	252,228	263,490	254,845	262,966
Iintlawulo zentengo yeempahla ezinkulu	116,132	118,023	122,411	110,368	138,313	177,506
IYONKE	2,981,194	3,119,550	3,576,969	4,127,395	4,538,325	4,923,722
UQEQESHO LWABASEBENZI						
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente) (a)	16 441	16 445	16 626	17 152	17 152	17 152
Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	3 608	3 432	3 455	3 455	3 455	3 455
UBHALISO						
Abafubdi abakwizikolo zaseprayimayi zikarhulumente (b)	572 328	582 566	577 474	582 474	587 474	592 474
Umlinganiselo wabafundi ngotitshala (L:E ratio) kwizikolo zaseprayimari zikrhulumente (b/a)	34.8	35.4	36.4	34.6	34.9	35.2
Abafundi bakwa-Grade 1 ukuya kwa-Grade 7 (c)	572 328	576 910	570 953	575 953	580 953	585 953
Ekukho kubo abaneziphene	Idatha engo kwem-bali ayifumaneki	13 470	13 183	13 321	13 321	13 321
Ekukho kubo abasetyhini	281 609	284 538	282 421	284 894	287 367	289 841
Umlinganiselo wolingano lwezini	0.94	0.95	0.95	0.95	0.95	0.95
AMAZIKO NEZIBONELELO						
Izikolo	1 108	1 095	1 095	1 098	1 098	1 098
Inani lezikolo ezinemisebenzi ye-SASA yeCandelo 21	643	709	759	780	795	810
Inani lezikolo ezenziwe ezingenantlawulo	0	547	546	546	546	546
Inani lezikolo ezinamanzi	1 108	1 095	1 095	1 098	1 098	1 098
Inani lezikolo ezinombane	1 108	1 095	1 095	1 098	1 098	1 098
Inani lezikolo elinenani elaneleyo leethoyilethi ezisebenzayo	115	163	603	615	626	634
Amagumbi okufundela (d)	20 197	20 433	20 033	20 243	20 399	20 427
Umlinganiselo wabafundi ngegumbi lokufundela (b/d)	28.3	28.5	28.8	28.8	28.8	29.0
Izikolo ezinabafundi abadlulileyo kuma-40 kwigumbi lokufundela ngalinye	0	0	0	0	0	0

ST202 IZIKOLO ZASEPRAYIMARI ZIKARHULUMENTE – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto (zisaqhutywa)						
	2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*
INKCITHO KULONDOLOZO (R'000)						
Inkcitho kulondolozo lwezikolo	52,667	55,121	24,724	34,909	36,479	68,106
Ixabiso lokutshintshwa kwazo zonke izibonelelo ezingahambisekiyo zezikolo (ezilulwakhiwo) (R'000)	8,000,000	8,000,000	8,960,000	10,035,200	11,239,424	12,558,155
AMANANI EMEVELISO NEMPUMELELO						
Inani labantwana bakwa-Grade 3 ababhale iimvavanyo ezifanayo* (e)	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	82 879	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	79 033	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	82 000
Inani labantwana baka-Grade 3 abafumene iziphumo ezamkelekileyo* (f)		Funda: 39 533 Bala: 25 692		Funda: 41 650 Bala : 28 452		Funda: 47 314 Bala: 33 620
Inani labafundi baka-Grade 6 ababhale iimvavanyo ezifanayo** (g)	31 726	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	71 854	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	85 000	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2
Inani labafundi baka Grade 6 labafumene iziphumo ezamkelekileyo** (h)	Funda : 13 357 Bala: 5 457		Funda: 32 191 Bala: 10 060		Funda : 42 330 Bala: 16 150	
Inani labafundi baka-Grade 1 ukuya ku- 7 abawaphindayo amabakala abo (i)	Inkcazelo engokwembali ayifumaneki	46 179	45 559	45 000	44 500	44 000
► IZILINGANISO ZOKWENZIWA KOMSEBENZI						
► PM212: Umlinganiselo wokwenziwa komsebenzi kwizikolo ezingahluphekanga kangako ku-Grade 3*	vavanyo lwenziwa kube Ukanye kwiminyaka emi-2	Funda: 0.375 Bala: 0.174	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	Funda: 0.394 Bala: 0.183	vavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	Funda: 0.413 Bala: 0.192
► PM213:Amazinga okuphinda kwamabakala kwa-Grade 1 ukuya kwa-Grade 7(i/c)	Inkcazelo engokwembali ayifumaneki	8%	8%	7,8%	7,7%	7.5%
► PM214: Ipesenti yabafundi bakwa-Grade 3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo ekubaleni nasekufundeni* (f/e)	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	Funda: 47,7% Bala: 31%	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	Funda: 52,7% Bala: 36%	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	Funda: 57,7% Bala: 41%
► PM215: Ipesenti yabafundi bakwa-Grade 6 abafumana iziphumo ezifanelelkileyo ekubaleni, ekufundeni nakwinzululwazi yobomi** (h/g) (Qaphela: Inzululwazi yobomi ayihlolwa kwiiMvavanyo zokuBala nokuBhala)	Ulwazi lokuFunda nokuBhala: 42,1% Bala: 17,2%	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	Funda: 44,8% Bala: 14%	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2	Funda: 49,8% Bala: 19%	Uvavanyo lwenziwa kube kanye kwiminyaka emi-2

** Le nkcaza-manani asinakufumaneka okwakaloku nje ngamaphondo, kuba idatha yenkcazelo yesiwe ayikakwazi nayo ukuyikhupha le nkcazelo. Ngenxa yoko iziphumo zovavanyo zisetyenziswe yi-WCED njengazalathisi kuphela.)*

** Abafundi bakwa-Grade 3 babhala uvavanyo lwe-WCED lokuFunda nokuBala kunyaka ngamnye wesibini, ngokomzekelo, ngowe-2004, 2006, 2008, njalo-njalo c*

***Abafundi bakwa-Grade 6 babhala uvavanyo lwe-WCED lokuFunda nokuBala kunyaka ngamnye wesibini, ngokomzekelo, ngowe-2005, 2007, 2009, njalo-njalo.*

ST203	IZIKOLO ZASESEKONDARI ZIKARHULUMENTE – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto					
	2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelwayo*
IINTLAWULO NGOKOLWAHLULO NGOKOQOQOQSHO (R'000)						
Intlawulo yomhla nezolo	1,844,405	2,022,613	2,161,054	2,502,357	2,763,445	2,988,833
Imbuyekezo yabasebenzi	1,696,412	1,806,391	1,998,188	2,313,852	2,578,831	2,778,610
Ootitshala	1,524,702	1,625,752	1,798,369	2,082,467	2,320,948	2,500,749
Abangengabo ootitshala	171,710	180,639	199,819	231,385	257,883	277,861
Iimpahla neenkonzo	147,993	216,222	162,866	188,504	184,615	210,223
Udluliselo noncediso-mali	140,592	120,336	166,996	175,660	169,897	175,311
Iintlawulo zentengo yeempahla ezinkulu	154,447	102,849	64,287	73,579	92,208	118,338
IYONKE	2,139,444	2,245,798	2,392,337	2,751,595	3,025,551	3,282,482
UQESHO LWABASEBENZI						
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente) (a)	10 252	10 621	10 469	10 949	10 949	10 949
Inani labangezotitshala	2 653	2 505	2 551	2 551	2 551	2 551
UBHALISO						
Abafundi kwizikolo zasesekondari zikarhulumente (b)	348 484	330 790	314 275	319 275	324 275	329 275
Umlinganiselo wabafundi ngotisthala (L:E ratio) kwizikolo zaseprayimari zikarhulumente (b/a)	34.0	31.1	31.5	29.2	29.6	30.1
Abafundi kwiBakala 8 ukuya kwa-Grade 12 (c)	348 484	337 633	320 796	325 796	330 796	335 796
Ekukho kubo abaneziphene	Akukho datha yembali ifumanekayo	1 602	1 439	1 539	1 539	1 539
Ekukho kubo abasetyhini (d)	186 107	179 685	171 531	174 205	176 878	179 552
Ekukho kubo abasetyhini abakwa-Grade 10 ukuya kwa-Grade 12	Akukho datha yembali ifumanekayo		101 098	102 674	104 249	105 825
Umlinganiselo wolingano lwezini	1.1	1.1	1.1	1.1	1.1	1.1
Ababhinqileyo kwiBakala 10 ukuya ku-12 abayenzayo imathematika nenzululwazi (e)	Akukho datha yembali ifumanekayo	25 298	23 448	23 813	24 179	24 544
AMAZIKO NEZIBONELELO						
Izikolo	345	357	357	357	357	357
Inani lezikolo ezinemisebenzi ye-SASA yeCandelo 21	208	225	237	250	260	270
Inani lezikolo elenziwe ezingenantlawulo	0	105	107	107	107	107
Inani lezikolo ezinamanzi	345	357	357	357	357	357
Inani lezikolo ezinombane	345	357	357	357	357	357
Inani lezikolo ezinenani elaneleyo leethoyilethi ezisebenzayo	47	47	87	99	107	119
Inani lezikolo ezinelabhoratri yezenzululwazi	314	318	352	354	357	357
Amagumbi okufundela (f)	10 825	10 960	11 595	11 661	11 760	11 760
Umlinganiselo wabafundi ngegumbi lokufundela (b/f)	32.2	30.2	27.1	27.4	27.6	28.0
Izikolo ezinabafundi abadlulileyo kuma-40 kwigumbi lokufundela ngalinye	0	0	0	0	0	0

ST203	IZIKOLO ZASESEKONDARI ZIKARHULUMENTE – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto (zisaqhutywa)					
	2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Estimated*
INKCITHO KULONDOLOZO (R'000)						
Inkcitho kulondolozo lwezikolo	26,333	42,721	12,362	17,454	18,240	34,053
Ixabiso lokutshintshwa kwazo zonke izibonelelo ezingahambisekiyo zezikolo (ezululwakhiwo) (R'000)	4,000,000	4,000,000	4,400,000	5,017,600	5,619,712	6,294,077
AMANANI EMVELISO NEMPUMELELO						
Inani labafundi beBakala 9 ababhale iimvavanyo ezifanayo (g)	82 169	81 869	80 698	73 059	76 000	78 000
Inani labafundi beBakala 9 abafumana iziphumo ezamkelekileyo (h)	64 092	65 495	66 172	60 639	63 840	66 300
Inani labafundi beBakala 9 ukuya ku-12 abawaphindayo amabakala (i)	Akukho datha yembali ifumanekayo	61 755	61 528	61 000	60 500	60 000
Abanntu abane-18 leminyaka (j)	83 524	84 605	86 392	88 200	89 918	91 631
Inani labafundi ababhala iimviwo zematriki (k)	38 586	39 824	41 922	43 000	45 000	47 000
Inani labafundi abaphmelela iimviwo zematriki (l)	32 573	33 316	33 787	35 260	36 540	37 500
Inani labafundi eliphumelela ngamazinga avumela ulwamkelo kwimfundo ephakamileyo	10 394	10 589	10 300	11 200	11 600	12 000
Amazinga empumelelo kwimatriki (l/k)	84.4%	83.7%	80.6%	82.0%	81.2%	79.8%
Inani labafundi abaphumelela imathematika nenzululwazi (m)	9 708	9 461	9 845	16 800	17 200	17 600
Inani lezikolo ezibhala imviwo zematriki	389	396	401	401	401	401
Inani lezikolo ezinmpumelelo yematriki ekwizinga ezingaphantsi kwe-40%	8	6	6	0	0	0
Amazinga okuphumelela kwimatriki kwizikolo ze-*quintile* 1 (n)	62.0%	69.4%	69.1%	72.0%	75.0%	78.0%
Amazinga okuphumelela kwimatriki kwizikolo ze-*quintile* 5 (o)	94.4%	93.0%	92.4%	96.0%	96.2%	96.4%
► IZILINGAZISO ZOKWENZIWA KOMSEBENZI						
► PM216: Ipesenti yabafundi abangamantombazana abayenzayo imathematika nenzululwazi kwiBakala 10 ukuya ku-12* (e/d)	Akukho datha yembali ifumanekayo		23.2%	23.2%	23.2%	23.2%
► PM217: Umlinganiselo wokwenziwa komsebenzi kwizikolo ezihlwempuzekileyo xa kuthekiswa nezo zingahlwempuzekanga ngokuphathelele kumazinga empumelelo kwiBakala 12 (n/o)	65.7%	74.6%	74.8%	75.0%	78.0%	65.7%
► PM218: Amazinga okuphindwa kwamaBakala 8 ukuya ku-12 i/c)	Akukho datha yembali ifumanekayo		18.3%	19.2%	18.7%	18.3%
► PM219: Amazinga empumelelo kwiimviwo zeBakala 12(l/j)	39.0%	39.4%	39.1%	40.0%	40.6%	39.0%
► PM220: Amazinga empumelelo kwimathematika nenzululwazi kwa-Grade 12 (m/j)	11.6%	11.2%	11.4%	19.0%	19.1%	11.6%
► PM221: Ipesenti yabafundi beBakala 9 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kuzo zonke iinkalo zemfundo (h/g)	78.0%	80.0%	82.0%	83.0%	84.0%	78.0%

Qaphela: *PM216 ubala amanani okuthathwa kwemathematika nenzululwazi kwi-HG nakwi-SG.

ST204	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE ZESIQHELO – Izikolo ngokwawona manqanaba aphantsi nawona aphezulu (2007)											
	Gr. 1	Gr. 2	Gr. 3	Gr. 4	Gr. 5	Gr. 6	Gr. 7	Gr. 8	Gr. 9	Gr. 10	Gr. 11	Gr. 12
Gr 1		1	21	4	7	136	181	730	95			42
Gr 2							1					
Gr 3							1					
Gr 4							10	2	1			
Gr 5												
Gr 6												
Gr 7									5			7
Gr 8									2	1	1	297
Gr 9											1	2
Gr 10										1		
Gr 11												
Gr 12												1
Zizonke izikolo zaseprayimari (umse. 2.1)							1 095	Izikolo zaseSek (umse 2.2)				357

Qaphela: AmaBakala akwikholam engasekhohlo abonakalisa elona nqanaba lisezantsi kwisikolo ngasinye, aze lawa akumgca ophezulu abonakalise elona Bakala liphezulu. Imvelaphi yeenkcukacha: Annual Survey of Schools (2007).

ST205	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE ZESIQHELO – Iinkcukacha zobhaliso namazinga okuhambela phambili (2006)					
	Abafundi 2007*	Abafundi 2008*	Abaphi-ndayo**	*Amazinga okuphinda*	*Abaphu-mayo* ***	*Amazinga abaphumayo*
Gr 1	84 279	89 439	15 943	17.8%	6 187	6.9%
Gr 2	82 599	83 037	7 377	8.9%	4 358	5.2%
Gr 3	83 336	79 033	4 362	5.5%	3 829	4.8%
Gr 4	89 415	85 450	6 163	7.2%	4 003	4.7%
Gr 5	78 335	86 598	3 460	4.0%	3 975	4.6%
Gr 6	77 646	77 880	3 353	4.3%	4 240	5.4%
Gr 7	72 398	75 788	2 573	3.4%	4 914	6.5%
BEBONKE KWA- GR 1 TO 7	568 008	577 225	43 231	7.5%	31 506	5.5%
Gr 8	59 891	69 813	5 574	8.0%	7 570	10.8%
Gr 9	80585	73 059	15 783	21.6%	13 136	18.0%
Gr 10	87 812	79 529	21 059	26.5%	18 161	22.8%
Gr 11	65 013	64 178	10 851	16.9%	12 489	19.5%
Gr 12	41 287	43 208	8	0.0%	1 514	3.5%
BEBONKE KWA- GR 8 TO 12	334 588	329 787	53 275	16.2%	52 870	16.0%

linkcazwana:

* *Onke amanani amele iimeko kwi- SNAP Surveys zezikolo kunyaka ka- 2007 no- 2008.*

** *Iireyithi zabaphindayo zibhekisa kubafundi be- CEMIS abaphinda ngo- 2008 kwaye zibalwa ngokuthelekiswa namanani e-SNAP ka-2008 .*

*** *Iireyithi zabayeke bengagqibanga zibhekisa kubafundi be-CEMIS abayekayo bengagqibanga ngonyaka wokufunda ka- 2007 kwaye kusetyenziswa amanani esaveyi ka-SNAP ka-2007*

ST206	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE ZESIQHELO – Ukuza kootitshala nabafundi (2007)			
	Ubalo	Inani leentsuku ezifanele ukuba zezokufunda nokufundisa	Iintsuku ezilahlekileyo **	% yeentsuku ezilahlekileyo
OOTITSHALA *				
2.1 Izikolo zaseprayimari zikarhulumente	15,857	3,155,543	199,980	6.3%
2.2 Izikolo zasesekondari zikarhulumente	9,989	1,987,811	130,020	6.5%
BEBONKE	25,846	5,143,354	330,000	6.4%
ABAFUNDI				
2.1 Izikolo zaseprayimari zikarhulumente	577,474	110,297,534	Inani leentsuku zomfundi ezilahlekileyo alinako ukubalwa okwangoku ngenxa yokuba imithombo yedatha ayifumaneki. Kuthenjwa ukuba le ngcaciso iya kufunyanwa kwiingxelo zekota ezivela ezikolweni.	
2.2 Izikolo zasesekondari zikarhulumente	314,275	60,026,525		
BEBONKE	891,749	170,324,059		

** Imvelaphi: Post Provisioning 2007*
*Qaphela **: Iintsuku abalahlekelwe zizo ootitshala zibhekisela kulo lonke ikhefu abalithabathileyo kungakhathaliseki enoba utitshala wayebanjelwe ngomnye kusini nangelo thuba.*

ST207	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE ZESIQHELO – Imilinganiselo yabafundi nootitshala ngokwe-*quintile*(2008)					
	Abafundi	Ootitshala abaqeshwe ngurhulumente*	Umlinganiselo wabafundi ngotitshala (L:E) kwezikarhulumente	Ootitshala abaqeshwe bucala**	Ootitshala bebonke	Owona Mlinganiselo we-L:Eo
2.1 Izikolo zaseprayimari zikarhulumente	583 334	15 962	36.5	2 779	18 741	31.1
Quintile 1 (ezona zihlwempuzekileyo)	47 782	1 508	31.7	87	1,595	30.0
Quintile 2	55 063	1 513	36.4	95	1,608	34.2
Quintile 3	131 961	3 540	37.3	141	3,681	35.8
Quintile 4	169 339	4 647	36.4	413	5,060	33.5
Quintile 5 (ezingahluphekanga)	179 189	4 754	37.7	2 043	6,797	26.4
2.1Izikolo zasesekondari zikarhulumente	328 169	10 026	32.7	1 776	11 802	27.8
Quintile 1 (ezona zihlwempuzekileyo)	12 353	318	38.8	26	344	35.9
Quintile 2	19 869	612	32.5	55	667	29.8
Quintile 3	79 206	2 435	32.5	93	2,528	31.3
Quintile 4	83 318	2 617	31.8	182	2,799	29.8
Quintile 5 (ezingahluphekanga)	133 423	4 044	33.0	1 420	5,464	24.4

** Imvelaphi: Persal*
*** Imvelaphi: Snap Survey 2007*

ST208	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE ZESIQHELO – ubonelelo ngezixhobo zokusebenza neMimiselo yeNkxaso-mali yeZikolo (2007/08)			
Imisebenzi/Imeko ngokwasemthethweni/ Amanqanaba entlupheko	Izikolo	Imisebenzi/Imeko ngokwasemthethweni/ Amanqanaba entlupheko	Izikolo	Imisebenzi/Imeko ngokwasemthethweni/ Amanqanaba entlupheko
2.1 Izikolo zaseprayimari zikarhulumente				
Izikolo ezingezozeCandelo 21	351	97,825	194 759	502
Quintile 1 (ezona zihluphekileyo)	92	15,992	20 569	777
Quintile 2	28	12,397	17 436	711
Quintile 3	92	43,068	74 127	581
Quintile 4	86	19,337	49 837	388
Quintile 5 (ezingahluphekanga)	53	7,031	32 790	214
Izikolo zeCandelo 21	737	151,872	388 575	391
Quintile 1 (ezona zihluphekileyo)	177	21,150	27 213	777
Quintile 2	75	26,753	37 627	711
Quintile 3	82	33,602	57 834	581
Quintile 4	160	46,377	119 502	388
Quintile 5 (ezingahluphekanga)	243	23,990	146 399	164
ZIZONKE	1 088	249,697	583 334	428
2.2 Izikolo zasesekondari zikarhulumente				
Izikolo ezingezozeCandelo 21	114	61,124	115 258	530
Quintile 1 (ezona zihluphekileyo)	9	6,608	8 527	775
Quintile 2	11	9,274	13 044	711
Quintile 3	43	28,062	48 264	581
Quintile 4	29	9,659	23 362	413
Quintile 5 (ezingahluphekanga)	22	7,521	22 061	341
Izikolo zeCandelo 21	246	75,568	212 911	355
Quintile 1 (ezona zihluphekileyo)	5	2,965	3 826	775
Quintile 2	8	4,853	6 825	711
Quintile 3	31	17,977	30 942	581
Quintile 4	63	24,184	59 956	403
Quintile 5 (ezingahluphekanga)	139	25,589	111 362	230
ZIZONKE	360	136,692	328 169	417
Zizonke kwizikolo ezingezozecandelo	465	158,949	310 017	513
Zizonke ezeCandelo 21 izikolo	983	227,440	601 486	378
Zizonke kwiQuintile 1	283	46,715	60 135	777
Zizonke kwiQuintile 2	122	53,277	74 932	711
Zizonke kwiQuintile 3	248	122,709	211 167	581
Zizonke kwiQuintile 4	338	99,557	252 657	394
Zizonke kwiQuintile 5	457	64,131	312 612	205
ZIDIBENE ZONKE	1 448	386,389	911 503	424
Umseb. 2 uhlahlo-mali olungelolwabasebenzi nolungelolweentengo ezinkulu		980,127		
Izinga lokuqesha kungekabhengezwa		60.6%		

B.3 Unceditso-mali lwezikolo ezizimeleyo

Oku kulandelayo ziinjongo ezinokulinganiselwa (▲) ngokuphathelele kumsebenzi 3, nezingqinisiso zazo zokwenziwa komsebenzi (►):

	Iinjongo ezinokungqinisiseka	Izingqinisiso zokwenziwa komsebenzi
Umgangatho	▲ Ukuqinisekisa ukuba kuqhubeka imfundo esemgangathweni kwizikolo ezizimeleyo.	► PM301: Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali ziyatyelelwa ukuze zibekwe esweni

Imigaqo-nkqubo echaziweyo, izinto eziphambili ngokubaluleka neenjongo ezikwisicwangciso-qhinga Imigaqo-nkqubo

Umthetho i-Western Cape Provincial School Education Act No 12 ka-1997.

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo ezingokwesicwangciso-qhinga (Kucatshulwe kwisiCwangciso seMinyaka emi-5):

Ukuqinisekisa ukufikeleleka kwemfundo esemgangathweni kubo bonke abantwana abahlala kweli phondo.

Izinto eziphambili ngokubaluleka:

Ngokomgaqo-siseko, nabani na angaziqalela ngokunokwakhe, aze asiqhube ngendleko zakhe, isikolo esizimeleyo kodwa kuxhomekeke kwimiqathango engqongqo. Ezi zikolo azikwazi kucalula ngokobuhlanga, kwaye kufuneka zigcine uhlobo lomgangatho wemfundo ongekho ngaphantsi kwezikolo zikarhulumente zesiqhelo kwaye kufuneka zibhaliswe phantsi kwe-WCED.

Imiqathango yokubhalisa enobungqongqo iyasebenza, oko kukuthi:

- Kufuneka kusetyenziswe iindawo ezifanelekileyo yaye kubekho nesiqinisekiso esikhutshwe ngabasemaGunyeni bezeKhaya ukunika imvume yokuqhuba iZiko lemfundo.
- Kumele kubekho uMgaqo-siseko obhaliweyo.
- Ootitshala bamele babe neziqinisekiso ezifanelekileyo.
- Ikharityhulam yesikolo imele iqinisekise ukuba kufikelelwa iziphumo zeKharityhulam yeSizwe.

Zonke izikolo ezizimeleyo ezibhaliswe kwi-WCED ziyafaneleka, kuxhomekeka kwiMimiselo nemiGangatho yoMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali yeziKolo eziZimeleyo, ukufumana uncediso-mali olukhulu olulingana nama-60% endleko yomfundi ngamnye kwizikolo zikarhulumente. Zonke izikolo ezizimeleyo ezenze izicelo zoncedo-mali nezifanelekileyo ukuba zifumane inkxaso-mali ngokoMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali, ziyalufumana uncedo-mali. Nakuba kunjalo, ukuze kuqinisekiswe uzinzo, uncediso-mali lunikelwa emva konyaka wokusebenza emva kokuba sibhalisiwe. Zakuba zifakiwe izicelo zoncediso-mali amagosa esiThili, athi enze uphononongo lweenkqubo zemfundo, atyelela ezo zikolo. Yandula ke intlawulo yenziwe kuphela ukuba kubhalwe ingxelo eyanelisayo kweso sicelo, ndawonye nesindululo sokuba kwenziwe intlawulo.

I-WCED ifuna ukuqinisekisa ukuba imfundo ekumgangatho ophezulu iyaqhubeka kwizikolo ezizimeleyo kwaye iza kuzibek' esweni izikolo kule nkalo. Iziphumo zesiQinisekiso esiPhezulu zezikolo ezizimeleyo ziyajongwa rhoqo ngonyaka. Apho izikolo zingaqhubi kakuhle zifikelele kumgangatho ophezulu wezikolo zikarhulumente, ziyachazelwa ukuba ziphantsi kwesoyikiso sokuba singavalwa.

Uhlalutyo lwenkqubela

Umgangatho

Sithethanje zingama-215 izikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo eNtshona Koloni. Ezi zikolo zithatha uthotho lwabafundi abavela kwiimvelaphi ezingafaniyo zentlalo noqoqosho yaye zenze uthelelwano olubalulekileyo noluxabisekileyo ekuziseni imfundo kweli phondo. I-WCED kungoku nje ibonelela ngoncediso-mali kwizikolo ezizimeleyo ezingama-89 eNtshona Koloni. Ezi zikolo zizimeleyo zibonelela ngamathuba okufunda kubafundi abahlelelekileyo kweli phondo.

Uhlalutyo lweengxaki nezingqinisiso ezicwangcisiweyo zokuzoyisa

Ezimbalwa izikolo ezizimeleyo zineengxelo ezimbi gqitha kuvavanyo olucwangcisiweyo lweBanga lesi-3 nelesi-6 nakwiBanga le-12. Kukwakho nezikhalazo ezivela kubafundi nabazali. I-WCED izibek' esweni ezi zikolo ukuze iqinisekise ukuba zinika imfundo esemgangathweni.

Imveliso negalelo kwakunye neziphumo zezikolo ezizimeleyo ezifumana uncediso-mali zijongwe ngeliso lokhozi. Ngokuvisisana noku uncediso-mali luza kuhlengahlengiswa ukuba kungafumaniseka ukuba izikolo zithe gqolo ukuvelisa iziphumo ezibi.

ST301	IINKXASO-MALI ZEZIKOLO EZIZIMELEYO - Key trends					
	2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Estimated*
IINTLAWULO NGOKWEPROGRAMANA (R'000)						
3.1 ISigaba saseprayimari	17,432	15,902	22,327	26,909	28,705	30,248
3.2 ISigaba sasesekondarii	15,013	18,357	17,214	21,497	22,932	24,165
IYONKE	32,445	34,259	39,541	48,406	51,637	54,413
IINTLAWULO NGOKOLWAHLULO NGOKOQOQOSHON (R'000)						
Intlawulo yomhla nezolo	-	-	-	-	-	-
Imbuyekezo yabasebenzi	-	-	-	-	-	-
Iimpahla neenkonzo	-	-	-	-	-	-
Udluliselo noncediso-mali	32,445	34,259	39,541	48,406	51,637	54,413
Iintlawulo zentengo yeempahla ezinkulu	-	-	-	-	-	-
IYONKE	32,445	34,259	39,541	48,406	51,637	54,413
UQESHO LWABASEBENZI						
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	-	-	-	-	-	-
UBHALISO						
Abafundi kwizikolo ezizimeleyo ezifumana uncediso-mali	16 837	17 964	16 703	16 703	16 703	16 703
3.1 ISigaba saseprayimari	11 177	11 843	8 626	8 626	8 626	8 626
3.2 ISigaba sasesekondarii	5 660	6 121	8 077	8 077	8 077	8 077
Abafundi kwizikolo ezizimeleyo ezingafumani nceditso-mali	Akukho datha yembali ifumanekayo		8 532	8 532	8 532	8 532
IBakala 1 ukuya ku-7			6 474	6 474	6 474	6 474
IBakala 8 ukuya ku-12			2 058	2 058	2 058	2 058
BEBONKE (bonke abafundi bezikolo ezizimeleyo)	16 837	17 964	25 235	25 235	25 235	25 235
AMAZIKO						
Izikolo ezifumana uncediso-mali	81	87	89	89	89	89
3.1 ISigaba saseprayimari	60	65	57	57	57	57
3.2 ISigaba sasesekondarii	21	22	32	32	32	32
Izikolo ezingafumani nceditso-mali	104	118	129	129	129	129
ZIZONKE	185	205	218	218	218	218
Izikolo ezifumana uncediso-mali ezityelelweyo ngeenjongo zokuzibeka iliso (b)	0	0	44	45	45	45
► ISINGQINISISO SOKWENZIWA KOMSEBENZI						
► PM301: Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezifumana uncediso-mali ezityelelweyo ngeenjongo zokuzibeka iliso (b/a)	-	0.0%	49.4%	50.6%	50.6%	50.6%

ST302	UNCEDISO-MALI LWEZIKOLO EZIZIMELEYO Ubonelelo ngezixhobo zokusebenza neMimiselo yeNkxaso-mali yeZikolo (2006)				
Inqanaba loncediso-mali		Izikolo	Inqanaba loncediso-mali	Izikolo	Inqanaba loncediso-mali
60 % (ezona zihluphekileyo)		26	22,676	6 321	3,587
40%		26	10,707	4 286	2,498
25%		19	4,822	3 070	1,571
15%		18	2,281	3 026	754
0% (ezingahluphekanga)		2	0	107	0
LULONKE		91	40,486	16 810	2,408

Qaphela: Inani lezikolo eliboniswe apha ku- (91) alibandakanyi izikolo ezingakhange zenze isicelo senkxaso-mali (127). Amanqanaba enkxaso-mali anxulumene namanqanaba eefizi kwisikali senkqubela esimanqaku mahlanu (five point progressive scale). Izikolo ezibiza elona nqanaba lisezantsi ziya kulungela elona nqanaba liphezulu lenkxaso-mali. Izikolo ezibiza iifizi eziphezulu ezingaphezu kokuphindwe kayi- 2.5 engumyinge owahlukileyo wephondo oyingqikelelo ngomfundi ngamnye kwisigaba sesikolo sePrayimari okanye seSekondari kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngokulandelelana, zithathwa njengezenza iinkonzo kuluntu olumi kakuhle ngokwezimali, ukuze kuhlawulwe kuzo u- 0% wenkxaso-mali kwiimali zikarhulumente.
Source: Notice 20 of 2003.

B.4 Izikolo zikarhulumente ezizodwa

Okulandelayo ziinjongo ezinokulinganiselwa (▲) ngokuphathelele kumsebenzi 4, kunye nezingqinisiso zazo zokwenziwa komsebenzi (►):

	Iinjongo ezinokulinganiselwa	Imilinganiselo yentsebenzo
Ukufikelela	▲ Ukwenza zifikeleleke izikolo ezizodwa ngokuvumelana nomgaqo-nkqubo nemigaqo yemfundo equkayo	► PM401: Ipesenti yabantwana abaneemfuno ezizodwa abakwiminyaka yobudala ekunyanzelekileyo ukuba sesikolweni abangabhaliswanga kumaziko ezemfundo

Imigaqo-nkqubo echaziweyo, izinto eziphambili ngokubaluleka neenjongo ezikwisicwangciso-qhinga Imigaqo-nkqubo

I-*White Paper 6* yeMfundo; iziKhokelo zaMabiza nemiSebenzi zeSebe leMfundo zokuPhunyezwa kweMfundo eQukayo: iziKolo ezineeNkonzo eziPheleleyo; iziKolo ezineeNkonzo eziPheleleyo zeSebe leMfundo: iziXhobo zokuFundisa zoMzimba neziPhathekayo – iziKolo ezineeNkonzo eziPheleleyo iiNkcukacha zeziXhobo zokuFundisa neZakhiwo zokufundel; iMfundo eQukayo yeSebe leMfundo (EDO 296) – iziKolo ezineeNkonzo eziPheleleyo: Incwadana yokulondooloza iziXhobo zokuFundisa neZakhiwo zokufundela -

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo ezikwisicwangciso-qhinga (Kucatshulwe kwisiCwangciso seMinyaka emi-5):

Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana abahlala kweli phondo bafikelela kwimfundo esemgangathweni
Ukuqinisekisa impatho nolawulo olunempumelelo kuzo zonke iindawo zokufundela nezigqeba ezinika inkxaso
Ukuxhobisa nokuxhasa abafundisi-ntsapho kwiinzame zabo zokunika imfundo ephumelelayo

Izinto eziphambili ngokubaluleka:

Intlawulo kwizikolo zikarhulumente ezizodwa zilawulwa linani labafundi kananjalo nobunzima obusekelwe zizithintelo ezininzi zokufunda,njengoko kumiselwe kuMthetho weNgqesho yooTitshala, ka-1998. Intlawulo le iquka uncedo-mali lwemivuzo yabaqhubi beebhasi nabancedisi baseziklasini, kwizithuthi, ukuhlala ehostele, izixhobo zokufundisa (LTSM), iinkonzo ezizodwa nezobungcali neendleko zolawulo. Amaqela oLawulo asekelwe eSikolweni kwiziThili nee-SGB athi aqwalasele ngeliso elibanzi ukusetyenziswa kwemali neengxelo zemali ezinikwa rhoqo ngekota zidluliselwa kwi-WCED. Iingxelo zemali eziphicothiweyo zingeniswa kwi-WCED ngaphambi kowama-30 kweyeSilimela (Juni) kunyaka olandelayo.

Umiselo lwabasebenzi bezikolo ezizodwa lilawulwa, ngokomgaqo, linani labafundi nobunzima obusekelwe zizithintelo ezahlukeneyo zokufunda ngaphakathi nakwizithuba ezabiweyo njengoko zilawulwa sisiThethe seziThuba soLungiselelo lwezikolo ezizodwa.

Ukuhlengahlengiswa kwezikolo ezizodwa kwiphondo ukuze abafundi abahlangabezana nezithintelo zokufunda bafikelele ezikolweni ngumba ophambili lowo. Ukuqinisa izikolo ezizodwa/ amaziko oncedo kungundoqo ukuze kubonelelwe ngenkxaso ekhethekileyo kwintsingiselo eyintloko nakwinkonzo epheleleyo yezikolo kubanjisenwe namaqela enkxaso asekelwe kwisithili. Lo mba uphambili ukwadityaniswe neprojekthi yovavanyo lweMfundo eQukayo yesizwe kwimimandla emithathu yephondo kwaye iquka ukunyusa umlinganiselo wokubonelela ngeenkonzo ezizodwa kubafundi abaneemfuno eziphezulu zenkxaso, nokuphucula izakhiwo zezikol ukuze zifikeleleke ngcono.

Uhlalutyo lwenkqubela

Ukufikeleleka

Sithethanje kukho abafundi abali-15 715 kwizikolo ezizodwa ezingama-72 ezisixhenxe kuzo ezifundisa ikharityhulam ye-FET. Ngenxa yemfuneko enkulu yokungenisa abafundi kwiziKolo zeZakhono, kwenziwe izicwangciso zezinye izikolo ezitsha ezibini, oko kukuthi esinye siza kuba seKhayelitsha size esinye sibe seRetreat.

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) ne-WCED, ngokubambisana aseke isiKolo seMidlalo saseNtshona Koloni eKuils River. Esi sikolo sivulwe ngeyoMqungu ku-2007 sinabafundi abangama-68 beBanga lesi-8 nele-9. Ekuqaliseni konyaka wesikolo ka-2008 esi sikolo besinabafundi abali-111. Kananjalo ngo-2008 kuqaliswe iiklasi zeBakala le-10 kwesi sikolo, yaye kungeniswe nesifundo esitsha se-FET, esiyi-"*Sport and Exercise Science",* sifundo eso siphandwe saza saphuhliswa yiWCED nesamkelweyo liSebe leMfundo (DoE), njengesifundo esinesiqinisekiso se-FET NCS.

Ifilosofi yeSazinge seNkalipho (Circle of Courage) ngundoqo ekusekelwe kuyo iinguqu kwezeMfundo, ukuqonda ukuziphatha okungancumisiyo ngokwembono esekeke kumandla, nokusabela kule mingeni ngezicwangciso-qhinga zokungenelela ukuze kubuyiselwe imeko kwisiqhelo. Iinkqubo zokuqeqesha zisekelwe kukuxabiseka okubanzi kweSazinge seNkalipho okubalulekileyo ekukhawulelaneni neemfuno zokuphuhliseka kwabafundi ngokudala inkcubeko yokufundisa nokufunda ephakamisa ukuba nefuthe elihle kwezentlalo, ukugqwesa ezifundweni, ukuba ngabemi abanenkathalo, nezimbo zobomi ezisempilweni nezenyameko.

Ukuqeqesha abasebenzi kumaziko olutsha neenkonzo zenkxaso kwiziThili kwizakhono zokukhawulelana nemingeni yokuziphatha, nokuqeqesha abasebenzi njengabakhokeli beenkqubo zophuhliso zolutsha kuyaqhubeka. Iinkokheli zeenkqubo zophuhliso zolutsha zokuYila iNkqubo yeKamva elizayo (145) neNkqubo yoLwazi lweziYobisi (251) ziqeqeshiwe kuzo zonke izithili. Abasebenzi abaxhasayo kwiziThili nabasebenzi kumaziko olutsha baqeqeshelwe izifundo ngezakhono zokunyanga, oko kuthetha ukuthi, ukuNgenelela kwiiNgxaki zoBomi (26), udliwano-ndlebe lokubuyisela (uqeqesho lwe-RAP)(288), ungenelelo lwamaqela lokubuyisela (21), uhlolo lophuhliso lwabafundi abasengozini (82), iingcebiso ngeziyobisi (108) nokukhawulelana nokuziphatha okutenxileyo ngezesondo (30). Ukuza kuthi ga ngoku bebonke abasebenzi abathathe inxaxheba kwezi nkqubo zoqeqesho bangama-951.

Imigangatho yeenkonzo zemfundo eyodwa eyeyona imbalwa kubafundi abasemngciphekweni yamkelwe yaza yasasazwa kwizithili ukuze iphunyezwe. Iinjongo zale migangatho kukuqinisekisa ukuba iinkonzo zifanelekile yaye zisebenza kakuhle, ukuba imigaqo ekuMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, eminye imithetho nezixhobo zamazwe ngamazwe (iNgqungquthela ye-UN ngamaLungelo aBantwana) ziyaphakanyiswa kwakunye nokuchonga imingeni kuhanjiso lweenkonzo nokwakha umthamo nezixhobo ezifunekayo ukuze kuphuhliswe izikolo. Onke amaziko amathandathu olutsha ahlolwa ngokuvumelana ne-*Minimum Standards for Special Education Services for Learners Manifesting or at risk of Experiencing Emotional and/or Behavioural Difficulties.*

Uhlalutyo lweengxaki nezingqinisiso ezicwangciselwe ukuzoyisa

Izibonelelo ezikhoyo ngoku kwicandelo lezikolo ezizodwa azanelanga ukuhlalisa inani elikhulu labafundi abahlangabezana nezithintelo nabadluliselwa kwizikolo ezizodwa. Oku kuphelela ekubeni kube noluhlu olude lwabalindileyo kwizikolo ezikhoyo ezizodwa. Ukumiselwa ngengqiqo kwezikolo ezizodwa kunenjongo zokuphucula ukuhanjiswa nokufikeleleka kwiinkonzo ukuze kungeniswe abafundi abangakumbi ezikolweni. Nangona, kwixesha elifutshane, ukufumaneka kwenkxaso eyaneleyo nezithuba zootitshala be-CS ezongezelelweyo ukuze kunatyiswe amandla ezikolo ezizodwa kukwangumngeni, iindlela zokulungisa lo mba kwaxoxwa ngazo yaye kuphuhliswe isicwangciso esithile. Phakathi kwezinye izingqinisiso, kuza kuphuhliswa iiyunithi kwizikolo zesiqhelo ukuze kungeniswe abafundi abaninzi abaneemfuno ezizodwa.

Abafundi ababonisa iimpawu ezinzulu ngokweemvakalelo, ngokuziphatha nasengqondweni ezithintela ukufunda abazi kungeniswa kwizikolo ezizodwa okanye kumaziko olutsha. La maziko emfundo awakuxhotyiselwanga ukubonelela ngenkxaso ekumgangatho ophezulu nonyango olufunekayo. Iimodeli zeenkonzo ezihanjiswa liSebe lezeMpilo noPhuhliso lwezeNtlalo ngokufanayo nazo azanelanga ukubonelela ngezi nkonzo zizodwa. Ngenxa yoko aba bafundi bakweli lishwa abakwazi kufikelela kakuhle kwikharityhulam okanye bafumane inkathalo neenkqubo zonyango ezifanelekileyo. Abanye abafundi bathi bangquzulane nomthetho ngenxa yokuba bengafumani zinkonzo kwaye ngolo hlobo benziwa izaphuli-mthetho baze ke bathunyelwe ngokutsho komthetho i-*Child Care Act,* 1983 kunye nomthetho i-*Criminal Procedures Act* ka-1977 kumaziko olutsha nakumaziko awodwa olutsha ngokwahlukeneyo. Kuqhutywe iingxoxo namanye amasebe afanelekileyo ukuze kulungiswe lo msantsa kuhanjiso lweenkonzo yaye kubonakala ngathi isisombululo siza kufumaneka kungentsuku zatywala.

ST401	IMFUNDO YEZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIZODWA - Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto					
	2005/06 Eyona-yona	*2006/07 Eyona-yona*	*2007/08 Eqikelelwayo*	*2008/09 Eqikelelwayo*	*2009/10 Eqikelelwayo*	*2010/11 Eqikelelweyo*
IINTLAWULO NGOKOMSETYENZANA (R'000)						
4.1 Izikolo	366,447	389,112	423,844	500,587	549,852	602,883
4.2 Iinkonzo zobungcali	0	0	1	1	1	1
4.3 Uphuhliso lwabasebenzi	0	0	1	1	1	1
IYONKE	366,447	389,112	423,846	500,589	549,854	602,885
IINTLAWULO NGOKOLWAHLULO NGOKOQOQOSHO (R'000)						
Intlawulo yomhla nezolo	294,556	312,419	344,380	416,378	461,769	510,748
Imbuyekezo yabasebenzi	291,577	307,469	339,364	397,997	441,433	469,774
Ootitshala	224,513	236,750	261,309	306,456	339,902	361,724
Abangezotitshala	67,064	70,719	78,055	91,541	101,531	108,050
Iimpahla neenkonzo	2,979	4,950	5,016	18,381	20,336	40,974
Udluliselo noncediso-mali	71,735	76,489	79,466	84,211	88,085	92,137
Iintlawulo zentengo yeempahla ezinkulu	156	204	0	0	0	0
IYONKE	366,447	389,112	423,846	500,589	549,854	602,885
UQESHO LWABASEBENZI						
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	1 480	1 538	1 620	1 620	1 620	1 620
Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	905	904	932	932	932	932
UBHALISO						
Ukuya kutsho kwiBakala 7 kumdibanisa naye	9 444	10 178	9 665	9 615	9 585	9 485
IBakala 8 nangaphezulu	4 411	5 586	6 050	6 175	6 425	6 675
AMAZIKO NEZIBONELELO						
Izikolo	70	70	72	74	75	76
► IZINGQINISISO ZOKWENZIWA KOMSEBENZI						
► PM401: Ipesenti yabantwana abaneemfuno ezizodwa kwiminyaka 6 ukuya kweli-15 abangabhaliswanga kumaziko emfundo	Akukho datha yembali ifumanekayo	23,2%	6,2%*	6,1%	6%	5,9%

Source: * *StatsSA 2006 General Household Survey* – Le yipesenteji yabantwana abakhubazekileyo abakubudala bokuhamba isikolo obunyanzelekileyo (7 – 14 iminyaka) abangabhalisanga nakweliphi na iziko lemfundo xa kuthelekiswa nenani elipheleleyo labantwana abakhubazekileyo abakubudala bokuhamba isikolo obunyanzelekileyo apha kwiphondo. Ngaphambili inani labantwana abakhubazekileyo abakubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo abangabhaliswanga nakweliphi na iziko lemfundo lathelekiswa nenani elipheleleyo labantwana xa bebonke abakubudala bokuhamba isikolo kwiphondo.

B.5 Imfundo noQeqesho oluQhubekekayo

Okulandelayo ziinjongo ezinokungqinisiseka (▲) ngokuphathelele kumsebenzi 5, nezingqinisiso zazo zokwenziwa komsebenzi (►):

	Iinjongo ezinolinganiselwa	Imilinganiselo yeNtsebenzo
Ukufikeleleka	▲ Ukunabisa icandelo leekholeji ze-FET ngokuvumelana neemfuno zoqoqosho nezentlalo zelizwe eli.	► PM501: Ipesenti yabafundi abakwiikholeji ze-FET xa kuthelekiswa nolutsha olukweli phondo ► PPM501: Inani leemali-mboleko zokufunda/iibhasari ezinikwa abafundi kwiikholeji ze-FET.
Ubulungisa	▲ Ukuphakamisa uthatho-nxaxheba lwamaqela awayesingelwe phantsi ngokwembali kumaziko karhulumente e-FET.	► PM502: Ipesenti yabafundi abangamabhinqa kwimimandla yobugcisa
Isiphumo	▲ Ukuphucula izinga lempumelelo kwicandelo leekholeji ze-FET	► PM503: Izinga lemveliso yeekholeji ze-FET
Umgangatho	▲ Ukubonelela ngamathuba okufunda okusemgangathweni ofanelekileyo nosabela kwiimeko kwi-FET	► PM504: Ipesenti yabafundi abaqeqeshelwa emisebenzi ngeekholeji ze-FET

Imigaqo-nkqubo echaziweyo, izinto eziphambili ngokubaluleka neenjongo ezikwisicwangciso-qhinga
Umgaqo-nkqubo

Umthetho i-*Further Education and Training Colleges Act* No 16 ka-2006; i-*National Student Financial Aid Scheme* Act No 56 ka-1999; i-*Education White Paper* 4 ka-1998; uMthetho i-*Skills Development Levies Act* 9 ka-1997; i-*Skills Development Act,* 97 ka-1998

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo ezikwisicwangciso-qhinga (Kucatshulwe kwisiCwangciso seMinyaka emi-5):

Ukuqinisekisa ukufikelela kwimfundo yeekholeji ze-FET esemgangathweni kubo bonke abafundi kweli phondo
Ukuqinisekisa impatho nolawulo olunempumelelo kuzo zonke iindawo zokufundela nezigqeba ezinika inkxaso
Ukuxhobisa nokuxhasa abafundisi-ntsapho kwiinzame zabo zokunika imfundo esemgangathweni

Izinto eziphambili ngokubaluleka:

Inkqubo eqhubekayo yokuhlaziywa kwazo zonke iikholeji ze-FET ezi-6 kujoliswe kuphuhliso lwezakhono ezingqamene ne-MEDS neemfundo zesizwe, njengoko kuthiwe thaca kwisiCwangciso-qhinga seSizwe sokuPhuhliswa kwabaSebenzi. Isibonelelo esinemiqathango, esangeniswa ngo-2006/07, ngenjongo yokuhlaziya iikholeji ze-FET siso esixhasa ngemali esi sicwangciso-qhinga.

Uthatho-nxaxheba namaqondo empumelelo yabafundi, ngokukodwa abafundi abamnyama, abafunda kwiikholeji ze-FET kwakunye nenani labafundi be-FET abanelungelo lokungena kumaziko emfundo ephakamileyo kufuneka landiswe ngolu hlobo lulandelayo -

- Ukongezwa kwenani labafundi bobudala beminyaka eyi-16 - 22 ababhaliswa kwiikholeji
- Ukongeza inani labafundi ababhaliswa kwimfundo yeziqinisekiso ezipheleleyo
- Ukongeza inani labafundi abanelungelo lokufikelela kwimfundo ephakamileyo
- Ukunikezela nokuphononongа iinkqubo ezintsha ezijongana neemfuno zezoqoqosho
- Ukuqeqesha abahlohli kwizifundo ezintsha ze-FET
- Ukugcina inkxaso yabafundi kwikholeji nganye kwezi zintandathu nokujonga inkqubela yabafundi abaphumayo
- Ukunikezela ngeebhasari/imali-mboleko kubafundi abasweleyo

- Ukulondoloza iilabhoratri zeekhompyutha
- Ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi baqeqeshwa kwi-ICT

Uhlalutyo lwenkqubela

Ikharityhulam yangaphambili ye-FET yayisekelwe kwiNgxelo 191 *(Formal Technical College Instructional Programmes in the RSA)* neNgxelo 190 (*Norms and standards for instructional programmes and the examination and certification thereof in technical colleges education).*

Ezi kharityhulam neenkqubo ezinikezelwayo ziye zathathelwa indawo kwisithuba sonyaka ka-2008 ngesikhokelo esinika abafundi abaneminyaka eli-16 ukuya kwengama-20 ubudala iinkqubo zemfundo noqeqesho ezibhetyebhetye ngakumbi nezokusabela kwiimeko. Isikhokelo se-FET sibonelela ngeendlela ezintathu zeziqinisekiso ze-FETC okanye i-NQF iNqanaba le-4, oko kukuthi:

- Imfundo Gabalala
- Ubuchule Gabalala
- Umsebenzi – umsebenzi wezandla, ukusebenza, ubungcali

Oku kuthetha ukuba iinkqubo zeNgxelo 191 zipheliswa ngokuthe ngcembe yaye kungeniswa iziqinisekiso neenkqubo ezifanelekileyo. Iikholeji ze-FET sele ziqalisile ngenkqubo yokuphuhlisa izifundo ezintsha neziqinisekiso ezisekelwe kwimiGangatho yeeYunithi. Esi sigaba sokuphuhliswa kweenkqubo saqiniswa kanobom sisibonelelo esikhutshwe liKapa elihlumayo ukuze kuphuhliswe iinkqubo zenqanaba lesi-2 ukuya kwelesi-4.

Ngokufanayo nakwizikolo ze-FET, eli phondo liza kuqhuba inkqubo yokulungisa ikharityhulam ukuqinisekisa ukuba kuzo zonke izithili kunikezelwa iinkqubo ezahlukeneyo. Oku kuza kufuna ukucwangciswa ngocoselelo nokulungisa ngokumandla ngenkqubo yokutshintshwa kweekholeji ngokukodwa ngokunikezelwa ngeendibano zocweyo nezixhobo nabasebenzi abaziingcali ekufundiseni.

Iinkqubo ekujoliswe kuzo zenza abafundisi-ntsapho kwiikholeji bakwazi ukuphucula ubuchule babo kwimathematika nezakhono zabo zemathematika, ukudibanisa into ethethwayo nokwenza ngokoqobo, baphucule iziqinisekiso zabo zemfundo nobungcali, nokuhlola inkqubo yokufunda ukuze ikhawulelani nemigangatho ye-Umalusi neye-SETA kunye nokujongana nezinto ezithintela ukufunda kakuhle.

Iikholeji zikwaphuhlisa izicwangciso zokwandisa indlela yokufikelela kwiikholeji ze-FET ezifana nezi:

- Iindlela ezahlukeneyo zokufundisa (i-*e-learning,* ukufunda ukude, ukuqeqeshelwa umsebenzi, iinkqubo zezakhono, njl njl.)
- Iindawo noqeqesho olukhawulelana neemfuno zabafundi abanezakhono ezahlukeneyo
- Iindawo ezintsha zokufunda ezilungiselelwe uluntu oluhluphekileyo nolwasemaphandleni
- Amacebo eebhasari neemali-mboleko

Abafundi abaneminyaka eli-16 ukuya kwengama-20 kwiNtshona Koloni bamalunga nama-400 000, kodwa ngabafundi abangama-210 000 kuphela okanye umyinge we-55% ababhaliswe ezikolweni, iikholeji okanye kumaziko emfundo yabantu abadala besenza izifundo zenqanaba le-FET (iBanga le-10, le-11 nele-12 okanye kwiNqanaba le-2 ukuya kwele-4 kwinkqubo ye-NQF). Malunga nomyinge wama-50% abafundi nabangakanani na ngobudala bayasiyeka isikolo bengaligqibanga iBanga le-12 yaye, njengoko ingabafundi abangama-20 000 kuphela abakwiikholeji ze-FET, kuyacaca ukuba abafundi abaninzi abayicingi into yokuba ikholeji yenye indlela yokufunda. Ngelixa iimeko zezentlalo nezoqoqosho zinendima ebalulekileyo kwimeko yokuba abafundi basiyeke isikolo, imeko yezifundo ezifanelekileyo nempumelelo kwiziqinisekiso ze-FET ezikhokelela kwingqesho ziimpawu inkqubo yezemfundo ezama ukuzilungisa.

Izinto ekujoliswe kuzo ngokufikelela kwiikholeji ze-FET ziziinkalo ezimbini: eyokuqala kukusebenzela ukuphumeza imfundo elinganayo phakathi kwabafundi bezikolo ze-FET nabafundi beekholeji ze-FET; yaye okwesibini kukwandisa inani labafundi abaphakathi kweminyaka eli-16 ukuya kwengama-20 abakumaziko e-FET. Kwixesha elingelide oku kuza kuthetha ukunciphisa abafundi beBakala le-10 ukuya kwele-12 ukuya kuma kwi-160 000 nokunyusa inani labafundi abakwiikholeji ze-FET okanye abo babhaliswe kwinkqubo yokuqeqeshelwa umsebenzi ukusuka kuma-20 000 ukuya kuma-60 000 ngonyaka ka-2014.

Ukuhlaziya ii-PM ezingasentla

Izimbo zokunatyiswa (PM 501) zibonisa izalathisi ezithembisayo: ulwazi oluqokelelweyo luza kuqinisekiswa njengoko i-FETMIS ifumaneka kuthungelwano kunyaka-mali olandelayo.

Sithetha nje eli candelo lijongene nemingeni ethile eboniswe ngezantsi. Ngo-2007, iinkqubo ezili-11 zeNqanaba lesi-2 le-NC(V) zamiselwa kwiikholeji ze-FET. Oku kumiselwa kwaphawulwa ziingxaki ezimbini eziphambili ezingokwesicwangciso, mayela nenkxaso-mali neemviwo.

Imiba yenkxaso-mali yayisekelwe kwinyaniso yokuba iikholeji kwakufuneka zimisele uyilo olutsha lwefomyula yenkxaso-mali olwalufuna ukuba iikholeji zibambelele kwiirhafu zeklasi ‘eziqingqiweyo’. Kananjalo ifomyula yenkxaso-mali yenza kwafuneka kubekho igalelo elibonakalayo lemali elenziwa yi-WCED ukuhlawulela iindleko zokusebenza ezaziza kuthi ukuba kwakungenjalo zihlawulelwe ngeerhafu zeklaso. Lo mrhumo wokusebenza oyi-R26m awuzange ubonakale nangetshengele kwaza ke kwafuneka iikholeji zibethe epokothweni ukuze zihlawulele iindleko ze-NC(V).

Imiba yeemviwo ihlobene nenyaniso yokuba inkqubo yeemviwo ye-DoE ibingakulungelanga ngokwaneleyo ukusingatha iinkqubo zokuba liliso nokuqhuba iimviwo ze-NC (V). iziphumo kwezinye iimeko zaphuma emva kwexesha gqitha yaye kwezinye zazingekaphumi ngelixa kuqalisa iimviwo zokuxabangela. Inkqubo yangaphakathi neyangaphandle kokubek' iliso kwiimviwo yayifuna ukusulungekiswa kakhulu ngaphambi kokuba iphunyezwe yaye ngenxa yoko, iziphumo zokubekw' esweni kweemviwo zazingathembekanga yaye kwiimeko ezininzi zalahleka nto leyo yababeka kwimeko embi abafundi. Kubafundi abangama-3,222 ababebhalisele iNqanaba lesi-2 le-NC (V) ekuqaleni, iikholeji zaba nezinga lokutsala nzima lama-28% nezinga lezetifiketi lama-58,5%. Inani elikhulu labafundi kungoku nje libhalisele uviwo lokuxabangela yaye iziphumo zalo ziya kufumaneka ngo-Epreli 2008.

NgoFebruwari 2008, bangama-5 247 abafundi ababebhalisele iNqanaba lesi-2 leNC (V) kwaye bali-1 287 abafundi ababebhalisele iNqanaba lesi-3 le-NC(V). Uyilo lommiselo wenkxaso-mali lukumanqanaba okugqibela okwamkelwa kwalo. Okwangoku, akukabikho nto ibonisa ukuba umjikelo we-MTEF ulungisiwe ukuze uquke iindleko zokufundiswa kwe-NC (V). Iikholeji zibetha ngenqindi phantsi zithi azinakuyithwala into yokungahlawulwa kwemali emalunga nama-R52m ekufuneka ihlawulwe iikholeji ngokutsho kwemimiselo ecetyisiweyo yenkxaso-mali.

Kwicala elikhuthazayo kuyacaca ukuba i-NC (V) iyabuphucula ubomi babantu. Ucelo-mngeni kukusombulula iingxaki zenkqubo nokubonelela iikholeji ngesiqinisekiso senkxaso-mali karhulumente nenkqubo ephuhliswe kakuhle yokuqhutywa kweemviwo.

Ukuhlalutya iingxaki nezingqinisiso ezicwangciselwe ukuzoyisa

Izinga lokukhula kwezinto ezilinganayo (ii-FTE) kwiikholeji ze-FET iphazanyiswa nje zizixhobo zokufundisa umz. abasebenzi, izinto zokusebenza, imali njl njl. Iikholeji ze-FET zinikela izifundo, ezahlukeneyo ngokobude ukusuka kwiiyure ezimbalwa ukuya kwiminyaka. Ngoko ke, ukubhalisa kwabafundi yinto eqhubekayo. Iingxelo zophicotho-zincwadi lwee-FTE lonyaka owandulelayo zifumaneka ngo-Epreli kuphela wonyaka olandelayo njengoko ezi zixhomekeke kwiimeko kwizibalo ezintsonkothileyo nophicotho-zincwadi olwenziwa ngabaphicothi-zincwadi bangaphandle kunye neengxelo zemali zekholeji leyo ichaphazelekayo.

Iikholeji zimisele inkxaso yabafundi kulungiselelwa ukubonelela ngenkxaso kwiintlobo ezahlukeneyo zeemfuno zabafundi abavela kwiindawo ezohlukeneyo namava ohlukeneyo. Ukulanda umzila wabafundi ngaphakathi kuza kwenziwa ngenjongo yokuxhasa abafundi kwikharityhulam nakwindlela yokubabonelela ngengqesho.

Isidima nexabiso leziqinisekiso eziphunyelelwe kwiikholeji ze-FET siza kuxhomekeka kumgangatho weenkqubo ezibonelelwa kwezi kholeji. Ezi kholeji ziza kuphuhlisa yaye zisebenzise iinkqubo zokulawula umngangatho wemfundo kulungiselelwa ukulinganisa nokuphucula umgangatho weenkqubo zemfundo neenkqubo ezingezizo zemfundo.

ST501	IMFUNDO YECANDELO LE-FET - Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto					
	2004/05 Eyona-yona	*2005/06 Eyona-yona*	*2006/07 Eqikelelweyo*	*2007/08 Eqikelelweyoo*	*2008/09 Eqikelelweyo*	*2009/10 Eqikelelweyo*
IINTLAWULO NGOKOLWAHLULO NGOKOQOQOSHO (R'000)						
5.1 Amaziko karhulumente	168,186	201,048	229,635	249,551	345,639	363,445
5.2 Iinkonzo zobungcali	0	0	1	1	1	1
5.3 Uphuhliso lwabasebenzi	0	0	1	1	1	1
5.4 Uncediso olunemiqathango	0	70,000	80,000	77,305	0	0
IYONKE	168,186	271,048	309,637	326,858	345,641	363,447
IINTLAWULO NGOKOLWAHLULO NGOKOQOQOSHO (R'000)						
Intlawulo yomhla nezolo	133,538	140,010	159,218	11,700	12,481	13,152
Imbuyekezo yabasebenzi	133,538	139,993	161,049	11,700	12,481	13,152
Ootitshala	110,618	116,194	133,670	9,711	10,359	10,916
Abangezotitshala	22,920	23,799	27,379	1,989	2,122	2,236
Iimpahla neenkonzo	0	17	0	0	0	0
Udluliselo noncediso-mali	34,648	131,038	150,419	315,158	333,160	350,295
Iintlawulo zentengo yeempahla ezinkulu	0	0	0	0	0	0
IYONKE	168,186	271,048	309,637	326,858	345,641	363,447
UQESHO LWABASEBENZI						
Ootitshala	1 040	1 062	1 066	1 120	1 120	1 120
Kwizithuba	776	767	836	* Ootitshala abasiwa kwiiKholeji zeFET		
Abaqeshwe ziikholeji	264	295	230	1 120	1 120	1 120
Abangezotitshala	858	815	802	813	813	813
Kwizithuba	253	245	232	24	24	24
Abaqeshwe ziikholeji	605	570	570	789	789	789
UBHALISO						
Abafundi abalingana nabafunda isigxina	21 000	21 323	22 976	20 000	21 000	22 000
Abafundi (ubalo) (a)	44 296	44 960	48 421	41 157	43 214	45 374
ekukho kubo ababhinqileyo(b)	16 390	19 151	17 431	19 343	20 310	21 325
ekukho kubo abafundi ababhinqileyo abakwezobugcisa (c)	6 684	7 605	8 000	8 500	9 000	9 000
Abafundi abayigqiba ngempumelelo imisebenzi enyakeni (d)	31 007	32 000	35 000	30 000	32 000	35 000
AMANANI-NKCAZO ABAQEQESHELWA EMISEBENZINI						
Izivumelwano ngoqeqesho lwabafundi emisebenzini apha kweli phondo (e)	Akukho datha yembali ifumanekayo		4 525	5 000	5 000	5 000
Inani lezivumelwano ezichaphazela iikholeji ze-FET njengabaniki-nkonzo (f)			1 090	1 090	1 090	1 090

ST501	IMFUNDO YECANDELO LE-FET - Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto (zisaqhutywa)					
	2004/05 Eyona-yona	*2005/06 Eyona-yona*	*2006/07 Uqikelelo*	*2007/08 Uqikelelo*	*2008/09 Uqikelelo*	*2009/10 Uqikelelo*
► IZINGQINISISO ZOKWENZIWA KOMSEBENZI						
► PM501: Ipesenti yabafundi becandelo le-FET xa kuthelekiswa nolutsha lweli phondo	17.9%*	21.4%*	2.1%	2.2%	2.3%	2.4%
► PM502: Ipesenti yabafundi ababhinqileyo abakwinkalo yezobugcisa (b/a)	41%	40%	46%	44%	44%	45%
► PM503:amazinga okugqiba kwiikholeji ze-FET (c/a)	70.0%	71.2%	72.3%	72.9%	74.1%	77.1%
► PM504: Ipesenti yabafundi abafakwa kuqeqesho lwasemisebenzini ngeekholeji ze- FET (e/d)	Akukho datha yembali ifumanekayo		24%	22%	22%	22%
► PPM501: Inani lemali-mboleko yokufunda enikezelweni kubafundi kwiikholeji zeFET.	3 251	2 885	3 553	4 201	4 500	4 859
Source: * *StatsSA 2006 General Household Survey* – Le yipesenteji yabafundi abaminyaka iyi-16 ukuya ku-18 abafunda kwiiKholeji zeFET abathelekiswa kwinani elipheleleyo labafundi abana-16 ukuya ku-18 iminyaka kwiphondo. Ngaphambili inani elipheleleyo labafundi ababhalisiweyo labandakanywa njengepesenteji yabafundi xa bebonke abakubudala beminyaka eyi-15 ukuya ku-17.						

B.6 Imfundo noQeqesho lwabaDala olunguNdoqo

Ezilandelayo ziinjongo ezinokungqinisiseka (▲) ngokuphathelele kumsebenzi 6, nezingqinisiso zazo zokwenziwa komsebenzi:

	Iinjongo ezinokulinganiselwa	Imilinganiselo yeNtsebenzo
Ufikeleleko	▲ Ukuqinisekisa ukuba abantu abadala abangenayo imfundo engundoqo bayafikelela kumaziko ka-ABET.	► PM601: Ipesenti yabafundi bakwa-ABET xa kuthelekiswa nabantu abadala kweli phondo

Imigaqo-nkqubo echaziweyo, izinto eziphambili ngokubaluleka neenjongo zesicwangciso-qhinga Umgaqo-nkqubo

Umthetho i-Adult Basic Education and Training Act No 52 ka-2000; umMthetho wePhondo: The Western Cape Provincial Education Act No 12 ka-1997.
Akunyanzelekanga ukuba amaZiko ka-ABET axhotyiselwe ukuqhuba i-NCS (FET). Ngenxa yoku, i-WCED iza kwenza uphando ize ichonge iinkqubo ezizezinye, kuquka iinkqubo zezakhono neenkqubo ezihlobene nee-FET ezo ii-CLC zinokuzinikela kwinqanaba le-FET.

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo ezikwisicwangciso-qhinga (Kucatshulwe kwisiCwangciso seMinyaka emi-5):

Ukuphucula ufikeleleko lwe-ABET nophuhliso lwezakhono zabantu abadala ngokuvumelana nomgaqo-nkqubo
Ukuqinisekisa impatho nolawulo olunempumelelo kuzo zonke iindawo ekufundelwa kuzo nezigqeba zenkxaso.
Ukuxhobisa nokuxhasa abafundisi-ntsapho kwiinzame zabo zokubonelela ngemfundo ephumelelayo

Izinto eziphambili ngokubaluleka:

Kwenziwa isibonelelo sokuba abafundi abatsha abangama-2 500 ngonyaka bakwazi ukufikelela u-ABET. “Abafundi abatsha” bachazwa njengabafundi abaqalayo ngqa ukungena kule nkqubo nabo bangena kule nkqubo emva kokuba bebekhe baphuma kangangonyaka omnye. Kuza kugcinwa iinkcukacha-manani ezahlukeneyo ukuze kube lula ukuhlalutya abo bayeka esithubeni.

U-ABET uza kubonelelwa ngale ndlela ilandelayo:

a) Ikharityhulam enenjongo, eneemodyuli yakwa-ABET inqanaba loku-1, elesi-2 nelesi-3 – equka iinkqubo ezimbini ezifundiswayo, oko kukuthi ukubala nokufunda nokubhala, ezifundiswa kuwo onke amaziko oluntu okufunda
b) Kujoliswe kwiizifundo ezikhethwayo kwiNqanaba lesi-4 lakwa-ABET, oko kukuthi isiFundo sezeMpilo esoNgezelelweyo, iMathematika, ezeNzululwazi neTeknoloji iNqanaba lesi-4 Amaziko anikela iinkalo ezikhethiweyo zezifundo ezikhokelela kwisiqinisekiso esinenjongo se-GETC ukwenzela umfundi kwimeko yoluntu
c) Ukubonelela ngezixhobo zokufundisa eziphathekayo nemali ukuze kuxhaswe ikharityhulam yakwa-ABET
d) Bonke abafundisi-ntsapho abakhoyo bafumana uqeqesho ekujoliswe kulo yaye bonke abafundisi-ntsapho abatsha bangazuza ukufundiswa nokuqeqeshwa
e) Bonke abaphathi bee-CLC bafumana uqeqesho olufanelekileyo ngokuqhubekayo ukuze kwandiswe inani lothelelwano namasebe karhulumente wephondo nowesizwe necandelo labucala.
f) Ukuhlanganisa i-ICT xa kufundiswa ikharityhula ka-ABET iNqanaba loku-1 ukuya kwelesi-4
g) Ukuphuculwa kokubekw' esweni kokubhaliswa/ ukugcinwa kwabafundi kwizithili
h) Ukubonelela ngokuqeqeshelwa umsebenzi, ukuqeqeshwa kubuchule obuthile, ukunikwa amava neenkqubo zezakhono ezinxibelelene namathuba emisebenzi kufuneka kwandiswe ngokusebenzisa izixhobo zokuqesha ukuze kuqinisekiswe ukuba abafundi bafakwa kwindawo echanekileyo xa bebhalisela isifundo sakwa-ABET.

Uhlalutyo lwenkqubela

Ufikeleleko

Ngo-2002 abafundi abangabantu abadala abali-10 000 babhalisela izifundo zika-ABET yaye abali-16 000 babebhalisele iinkqubo zeBanga le-10 nele-12. Izinga lokukhumbula nezinga leziphumo kwimfundo engundoqo neqhubekekayo kumaziko abantu abadala (ii-CLC) lihlwempuzekile yaye ngenxa yoko iphondo liyihlengahlengisile indlela elenza ngayo ngokunikela iinkqubo ezifanelekileyo nokwamkela iindlela eziphuculiweyo zokuhambisa iinkonzo.

Ngo-2007 aMaziko okuFunda oLuntu angama-267 avulela ithuba abantu abadala abangama-40 100 phakathi kweminyaka yobudala engesosinyanzelo eli-16 nangaphezulu ukuphucula okanye ukugqibezela imfundo yabo. Abantu abadala abali-1573 bathatha inxaxheba kwiinkqubo ezimfutshane zezakhono ezinikelwa kuMaziko okuFunda aBantu abaDala. Ufikelelo olwandisiweyo lunatyiswa ngokubonelela ngekharityhulam yakwa-ABET yenqanaba loku-1 ukuya kwelesi-4 esekelwe kwizakhono (ingekuko elisekelwe ezikolweni), ebonelela ngamathuba amaninzi okwenziwa kohlolo. Oku kuthetha oku: ikharityhulam ka-ABET inqanaba loku-1 nelesi-2 – equka iinkqubo zezibalo nokufunda nokubhala kunye nezakhono nekharityhulam ka-ABET inqanaba lesi-3 nelesi-4 – equka izinto ezisisiseko, nokungenisa iinkalo zokufunda ezingundoqo ngokuvumelana necala esijoliswe kulo isifundo somfundi/neziko ku-ABET inqanaba lesi-4.

Kwaphuculwa uLawulo lwee-CLC ngokuqeshwa kwaBaphathi baMaziko eziVumelwano asebenza ixesha eligcweleyo (33) nabaNxibelelanisi beZiza (48).

Uhlalutyo lweengxaki nemilinganiselo ecwangciselwe ukuzoyisa

Uninzi lwabafundi luzuza amanqaku aceliweyo ekuhambeni kwexesha ubuncinane leminyaka emibini ukuya kwemithathu. Akuba umfundi efumene amanqaku abalelwa kuye ali-120 afunekayo, UMALUSI unokukhupha i-GETC. Ngenxa yoko amanani ee-GETC ezikhutshiweyo (ukwenziwa komsebenzi ngokoqobo) athande ukuba phantsi xa kuthelekiswa nomqulu ekujoliswe kuwo. Izatifikethi zeNkalo yesiFundo zikhutshwe xa abafundi beyigqibe ngokuphumelelayo loo Nkalo yesiFundo.

Ukuze kuphuculwe umgangatho wokubonelela ngemfundo yabantu abadala, imizekelo efanelekileyo yokufundisa nokulawulwa kwekharityhulam kwii-CLC, izindululo zohlolisiso lokusebenziseka luza kuphononongwa kwimeko yoMgaqo-nkqubo weSizwe neziKhokelo. Ukongezelela, kuza kusekwa kuze kuphunyezwe umzekelo woqeqesho nophuhliso lwabasebenzi kumaziko e-ABET. Lo mzekelo uza kuqinisekisa ukuba bonke ootitshala abakhoyo bafumana uqeqesho ekujoliswe kulo yaye bonke ootitshala abatsha bazuza isifundo noqeqesho nophuhliso.

ST601	IMFUNDO NOQEQESHO LWABADALA OLUNGUNDOQO – Imikhwa engundoqo					
	2004/05 Eyona-yona	*2005/06 Eyona-yona*	*2006/07 Eqikelelweyo*	*2007/08 Eqikelelweyo*	*2008/09 Eqikelelweyo*	*2009/10 Eqikelelweyo*
IINTLAWULO NGOKOMSETYENZANA (R'000)						
6.1 Uncediso-mali kumaziko abucala	23,051	23,539	26,054	27,787	29,431	30,909
6.2 Iinkonzo zobungcali	0	0	1	1	1	1
6.3 Uphuhliso lwabasebenzi	0	0	1	1	1	1
IYONKE	23,051	23,539	26,056	27,789	29,433	30,911
IINTLAWULO NGOKOLWAHLULO LOQOQOSHO (R'000)						
Intlawulo yangoku	5,850	6,163	7,272	8,066	8,803	9,332
Imbuyekezo yabasebenzi	5,432	5,916	6,994	7,774	8,498	9,013
Abafundisi-ntsapho	4,569	4,969	5,882	6,538	7,147	7,580
Abangengobafundisi-ntsapho	863	947	1,112	1,236	1,351	1,433
Iimpahla neenkonzo nezinye zangoku	418	247	278	292	305	319
Edluliselweyo noncediso-mali	17,201	17,376	18,784	19,723	20,630	21,579
Iintlawulo zeempahla zexabiso	0	0	0	0	0	0
IYONKE	23,051	23,539	26,056	27,789	29,433	30,911
ABASEBENZI						
Inani labafundisi-ntsapho (abaqeshwe ngurhulemente)	3	4	4	4	4	4
Inani labangengobafundisi-ntsapho (abaqeshwe ngurhulumente)	11	10	9	11	11	11
UKUBHALISA						
Inqanaba le-GET	16 975	15 529	16 612	20 655	21 655	22 655
Inqanaba le-FET	17 668	22 110	23 405	21 845	23 345	24 845
BEBONKE	34 643	37 639	40 017	42 500	45 000	47 500
ABEMI						
Abemi abaneminyaka eli-18 ukuya kwama-60	2 718 151	2 767 069	2 821 443	2 874 777	2 927 328	2 979 586
AMAZIKO						
Amaziko ancediswa ngemali	346	351	368	368	368	368
► IZINGQINISISO ZOKWENZIWA KOMSEBENZI						
► PM601: Ipesenti yabafundi be-ABET xa kuthelekiswa nabantu abadala kweli phondo	1.3%*	1.4%*	0.04%	0.05%	0.06%	0.07%
► PPM601: Inani labafundi be-ABET ababhaliselwe i-FET	17,668	22,110	23,405	21,845	23,345	24,845
Umthombo: * UHlolo-luvo Gabalala lwaseziNdlwini lwe-StatsSA 2006 – Le yipesenti yabantu abadala abafanelweyo kweli phondo ukuba baye kwa-ABET xa kuthelekiswa nenani lilonke labantu abafanelweyo ababhalise kwa-ABET kwiphondo. Ngaphambili inani lilonke labafundi ababhaliswe kwa-ABET lalibalwa njengepesenti yabemi bebonke abaneminyaka eli-18 ukuya kwama-60.						

B.7 Uphuhliso lwabaNtwana abaseLula

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiselwa (▲) ngokuphathelele kumsebenzi 7, nezingqinisiso zazo zokwenziwa komsebenzi:

	Iinjongo ezinokulinganiselwa	Imilinganiselo yeNtsebenzo
Ufikeleleko	▲ Ukubonelela ngeBakala lakwa-R elixhaswa ngemali ngurhulumente ngokuvumelana nomgaqo-nkqubo	► PM701: Ipesenti yabafundi kwiBakala lakwa-R elixhaswa ngemali ngurhulumente

Imigaqo-nkqubo echaziweyo, izinto eziphambili ngokubaluleka neenjongo zesicwangciso-qhinga:

Imigaqo-nkqubo:

- I-*Education White Paper 5 k*wiMfundo yabaNtwana abaseLula
- IMimiselo nemiGangatho yeNkxaso-mali yeBakala lakwa-R,
- UMgaqo-nkqubo we-WCED wokwAmkelwa kwabaFundi kwiBakala elandulela elika-R nakwiBakala R Learners kwiziKolo zikaRhulumente,
- IMimiselo ngokuphathelele kuBhaliso loNcediso-mali kwiziKolo eziziMeleyo kuquka izikolo eZandula iiPrayimari

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo zesicwangciso-qhinga (Kucatshulwe kwisiCwangciso seMinyaka emi-5):

Ukuqinisekisa ukufikelela kwimfundo esemgangathweni kwabo bonke abantwana abahlala kweli phondo.
Ukuqinisekisa impatho nolawulo olunempumelelo kuzo zonke iindawo zokufundela nezigqibe zenkxaso
Ukuxhobisa nokuxhasa abafundisi-ntsapho kwiinzame zabo zokubonelela ngemfundo ephumelelayo

Izinto eziphambili ngokubaluleka:

Kuveliswe isicwangciso-qhinga sokuxhasa i-ECD eNtshona Koloni esiqulunqwe liqela elenza izicwangciso nelakhiwe ngamacendelo ahlukeneyo likhokelwe yi-WCED neSebe loPhuhliso lwezeNtlalo (DSD) lePhondo. Injongo yokwenza oku kukubonelela ngendlela emanyanisiweyo nelungelelanisiweyo yokuqinisekisa iinkonzo eziphumelelayo nezipheleleyo kubantwana abancinane abaphakathi kweminyaka eyi-0 ukuya kwemi-4 ½ ubudala. Injongo yesi sicwangciso-qhinga asikokuba nje bonke abantwana babe kwiikhritshi okanye amaziko okugcina abantwana emini, kodwa ukuqinisekisa ukuba abo banyamekela abantwana (abazali, oomawokhulu, abasebenzi boluntu, amaziko agcina abantwana emini, izikolo zompeleso zaseprayimari nabasebenzi abakwiikhritshi) bakuxhotyiselwe ukuphakamisa uphuhliso lwabantwana emzimbeni, kwezentlalo nasengqondweni.

Njengenxenye yale nkqubo imanyanisiweyo yokukhulisa abantwana abahlala kweli phondo abaneminyaka esukela ku-0 ukuya ku-4 ½, i-WCED iza kuqeqesha ootitshala nabo banyamekela abantwana kwikharityhulam ye-ECD. Umsebenzi we-EPWP uye wanatyiselwa nakwicandelo le-ECD kwaye yenza ilungiselelo lokuqeqeshwa kwabafundi abaqeqeshelwa emsebenzini kwakunye nokubonelela ngeekiti ezinezixhobo zokufundisa.

Nangona bebaninzi apha eNtshona Koloni abantwana abaphakathi kweminyaka 6 ukuya kwi-15 abasezikolweni, asingabo bonke abantwana abaneminyaka emihlanu abakwaziyo ukufikelela kwimfundo yeBakala R. Injongo yephondo eli yesibini ye-HCDS kukubonelela bonke abantwana abaneminyaka emihlanu balapha eNtshona Koloni ngemfundo esemgangathweni kwakwinqanaba labo lemfundo lokuqala, iBakala R ngo-2010. Ibaluleke kakhulu le nto ngakumbi kwiindawo apho abazali bengafundanga nalapho amakhaya engenazinto zakufunda nezinto ezizizincedisi.

Ikharityhulam ye-NCS yeBakala R izicacisa kakuhle izakhono nolwazi olufanele kufundiswa abantwana abaneminyaka emihlanu. Umngeni elijongene nawo eli phondo kukuqinisekisa ukuba iziphumo zokufunda zeBakala R ngokwe-NCS ziyafundiswa zaziwe ngabantwana kumaziko aneBakala lakwa-R.

Ukuba kusetyenziswa amanani oqikelelo angqingqwa onyaka ka-2006 othatho-nxaxheba kwiNtshona Koloni, oko kuthetha ama-60 000 kubafundi aBakala ma-80 000 (unxulumano ngobudala), ngoko kuyimfuneko ukuba kufikelelwe kuma-20 000 abantwana kwisithuba sonyaka ka-2010. Oku kuthetha ukubhaliswa komyinge wama-6 000 abantwana abaneminyaka emihlanu rhoqo ngonyaka kwisithuba sonyaka ka-2010. Kodwa aba bantwana kufuneka babhaliswe kwiinkqubo ezikumgangatho ophezulu ngenxa yokuba ubonelelo ngeenkqubo zeBakala R kubantwanaabancinane lusekelwe kwintekelelo yokuba ezi nkqubo zinika isiseko esibambekayo nethuba lokufunda ezikolweni. Lentekelelo ixhaswa zizifundo zophando ezininzi, kuqukwa nohlolo lwenkqubo yesizwe okwenziwa kubafundi beBakala 3 olwenziwa ngo-2001 ngokunjalo nophononongo lwenkqubo olwenziwa ngo-2004 nango-2006. Olu phandolwabonakalisa indlela unxulumano oluphakame ngayo phakathi kwemisebenzi yokubala kwiBakala 3 neenkqubozokufikelela kwimfundo yezikolo sabaqalayo.

Ukubonelela ngemfundo yeBakala R esemgangathweni kubo bonke abantwana abaneminyaka emihlanu ubudala khon' ukuze bakwazi ukulungela ukufunda esikolweni, i-WCED iza kuphumeza ezi zicwangciso zexesha elifutshane ukuya kweliphakathi -

a) Ukuthethelela nokugaya abafundi abongezelelekileyo, ingakumbi kwiindawo ezisemaphandleni nezihluphekileyo.
b) Ukusekwa kweeklasi kwizikolo zikarhulumente apho kukho indawo ekuvumelayo oko.
c) Ukuqinisekisa ukuba iklasi nganye inotitshala onesiqinisekiso esifanelekileyo.
d) Ukuqinisekisa ukuba kukho ii-LTSM ezaneleyo kwimfundo esemgangathweni nokufundisa ngokufanelekileyo
e) Ukuqhubeka nokuxhasa i-DSD kuphuculo lwabo bakhathalela abantwana/iingcali ngokwemigaqo ye-EPWP.
f) Ukubekw' esweni kwe-ECD okumele kwenziwe kwiNqanaba leziThili ngamaQela eeNgingqi (abaCebisi ngeKharityhulam)

Uhlalutyo lwenkqubela

Ufikeleleko

Ufikelelo kwiBakala R kuye kwanyuka ukusuka kwinani elimalunga nama-21 000 ngo-1996 ukuya kutsho kuuma-63 000 ngo-2006. Ngo-2006 wonke umntwana okwiBakala R esikolweni wanikwa uncediso-mali ngokomntwana ngamnye endaweni yokuba kusekelwe kubukhulu beklasi enabantwana aBakala ma-30. Oku kulinyusile inani labantwana abafanelekayo ukufumana uncedo lwemali.

Ukubhangiswa kwezithuba ezivunywe lisebe nokuthathelwa indawo kwazo ngoncediso-mali lomntwana ngamnye kubangele ukuba kube lula ukufikelela kwiBakala R kwimimandla ehlwempuzeke kakhulu.

Uhlalutyo lweengxaki nezingqinisiso ezicwangciselwe ukuzoyisa

Kunzima ukuthekelela elona nani labafundi beBakala R ngenxa yokuba uninzi lwaMaziko oLuntu akwiindawo zamaphandle okanye ematyotyombeni nalapho unxibelelwano lungumceli-mngeni omandla. Iifomu zokuHlola iziMvo okuNgalungiselelwanga noKwenziwa miNyaka le akakabuyiswa ngaMaziko oLuntu.

AmaGosa eziThili axinaniselwe ngumsebenzi akakwazi kutyelela amaziko ngokuthe rhoqo ukuze aqinisekise ukuba kunikelwa iinkqubo ezisemgangathweni. Imisebenzi emininzi yokubek' esweni neyenkxaso imele yenziwe ngamaGosa eziThili, kodwa akukho basebenzi baneleyo bokwenza oko. Ukuphunyezwa koYilo ngokutsha lwe-WCED kujoliswe ekukhawulelaneni nolu celo-mngeni.

Ukwandiswa kwe-CEMIS ukuba iquke i-ECD nendlela yokusebenzisa izixhobo ze-GIS ukuceba indlela yokwandiswa kwe-ECD kuza kulinceda eli candelo liseke ulawulo phezu kwesi sigaba sibalulekileyo semfundo. Njengesingqinisiso sexesha elifutshane iziThili ziqeshe abasebenzi bethutyana bokuqhuba uphicotho-zincwadi lweziza apho kanye ezizeni. Umbono wexesha elide nenjongo ye-WCED kukudibanisa iindawo ezisetyenziselwa amaBakala R kwizakhiwo zezikolo ezikhoyo.

ST701	IMFUNDO YABANTWANA YASEKUQALENI – Iindlela eziphambili zokuhamba kwezinto					
	2004/05 Eyona-yona	*2005/06 Eyona-yona*	*2006/07 Eqikelelweyo*	*2007/08 Eqikelelweyo*	*2008/09 Eqikelelweyo*	*2009/10 Eqikelelweyo*
INTLAWULO NGOKOMSETYENZANA (R'000)						
7.1 IBakala R kwizikolo zikarhulumente	57,829	66,902	54,908	87,058	105,135	118,416
7.2 IBakala R kumaziko asekuhlalen	16,648	23,293	67,741	80,111	106,846	128,639
7.3 Iinkonzo zobungcali	0	0	1	1	1	1
7.4 Uphuhliso lwabasebenzi	0	0	42,154	59,622	62,029	73,866
7.5 Uncediso-mali olunemiqathango	0	0	0	0	0	0
IYONKE	74,477	90,195	164,804	226,792	274,011	320,922
INTLAWULO NGOKOLWAHLU NGOKOQOQOSHO (R'000)						
Intlawulo yomhla nezolo	44,764	44,411	95,974	98,390	106,672	121,908
Imbuyekezo yabasebenzi	43,829	44,390	69,158	66,520	73,921	78,767
Ootitshala	43,829	44,390	69,158	66,520	73,921	78,767
Abangezotitshala	0	0	0	0	0	0
Goods and services and other current	935	21	26,816	31,870	32,751	43,141
Udluliselo noncediso-mali	29,713	45,784	68,830	128,402	167,339	199,014
Iintlawulo zentengo yeempahla ezinkulu	0	0	0	0	0	0
IYONKE	74,477	90,195	164,804	226,792	274,011	320,922
UQESHO LWABASEBENZI						
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	299	295	275	275	275	275
Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	-	-	-	-	-	-
UBHALISO (KWEZIXHASWA NGURHULUMENTE KUPHELA)						
IBakala R kwizikolo zikarhulumente (a)	31 505	31 916	31 932	37 932	43 932	49 932
IBakala R kumaziko asekuhlalaleni (b)	28 000	30 000	26 899	24 000	22 000	20 000
Pre-Grade R kwizikolo zikarhulumente *	2 481	1 356	1 644	1 700	1 800	1 900
Pre-Grade R kumaziko asekuhlaleni	Le nkcazo-manani ayikwazanga kufumaneka ekubeni kungekho mihtombo yedatha emayela noku ekhoyo kwi-WCED.					
IYONKE	61 986	63 272	60 475	63 632	67 732	71 832
ULUNTU						
Uluntu ubudala beminyaka emi-5 (c)	89 423	90 975	91 757	92 829	94 077	95 415
► ISILINGANISO SOKWENZIWA KOMSEBENZI						
► PM701: Ipesenti yabanfundi kwiBakala R onenkxaso-mali karhulumente ((a+b)/c)	66.5%	68.1%	64.1%	66.7%	70.1%	73.3%
► PPM701:Inani lootitshala ababhalisele uQeqesho kwi-ECD (isatifikethi esizeleyo).	0	0	2 400	3 000	4 000	4 000

B.8 Iinkonzo zokuncedisa nezinxulumeneyo

Ezi zilandelayo ziinjongo ezinokulinganiselwa (▲) ngokuphathelele umsebenzi 7, nezingqinisiso zazo zokwenziwa komsebenzi (►):

	Iinjongo ezinokulinganiselwa	Imilinganiselo yentsebenzo
Ufikeleleko	▲ Ukubonelela ngemfundo yezakhono zobomi zokujongana neNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo ezikolweni, nokuqinisekisa ukufikeleleka kwenkqubo efanelekileyo nesebenzayo edibeneyo yokuthintela, ukukhathalela nenkxaso	► PPM 801: IZakhono zoBomi neeNkqubo zeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo: Ipesenti yonyaka yokuxhaphaka kwentsholongwane kaGawulayo kulutsha oluneminyaka eli-15 ukuya kweli-19 ubudala ► PPM 802: Ipesenti yezikolo zikarhulumente ubuncinane ezinendawo enye yeekhompyutha ukwenzela ukufundisa nokufunda

Imigaqo-nkqubo echaziweyo, Izinto eziphambili ngokubaluleka neenjongo ezikwisicwangciso-qhinga Imigaqo-nkqubo

Ukulwa ngokukhawuleza nangenjongi iHIV/AIDS, kwimfundo nangokusebenzisa imfundo, yiprayorithi ephambili kuzwelonke, ekugunyaziswa kwayo kuboniswa, phakathi kwezinye izinto, koku kulandelayo, *iHIV and AIDS and STI Strategic Plan for South Africa,* 2007-2011, i*National Integrated Plan for Children Infected and Affected by HIV and AIDS* (2001), i*National Education Policy Act: National HIV/AIDS Policy for Learners and Educators* (1996), ne-*annual Division of Revenue Act*. Uxanduva lweMfundo lukwaboniswe kwi*Government's National Programme of Action, Social Cluster (2006*), ngokungqinelana nokuqhubeka nokuphunyezwa kwesiCwangciso esiBanzi sikaRhulumente (*Government's Comprehensive Plan*) sokulwa iHIV and AIDS.

Apha kwiphondo isiCwangciso sokuHluma noPhuhliso sePhondo leNtshona Koloni (*Western Cape Provincial Growth and Development Strategy)* sijongene nokulungisa ubudlelane, umzekelo, phakathi kwezicwangciso zophuhliso lwezakhono zoluntu nezo zophuhliso lwezentlalo yoluntu, lo gama *iSocial Capital Formation Strategy* (SCFS) iphinde icacise ngakumbi i*social capital formation* ngokungqinelana nongenelelo ngoncedo olunjenge Health 2010, iprogram yephondo ye-HIV/AIDS, iiprogram zophuhliso lolutsha, iiprogram zokomeleza usapho, iiprogram zokomeleza abahlali, njalo njalo.Okokugqibela Finally, idrafti evunyiweyo ye- i*nter-Departmental 'Comprehensive HIV & AIDS Strategy for the Western Cape, Strategic Plan and Implementation Framework: 2007 to 2011*' ichaza imisebenzi neethagethi zeSebe leMfundo leNtshona Koloni. Okukwabandakanywe kule misebenzi nezi thagethi zintsha zeSebe iWCED kukho,phakathi kwezinye,izinto ezinobu-ethe-ethe kakhulu ezinjengokukhuthazwa nokunikwa iingcebiso ngokuzikhethela nokuxilongelwa isifo (voluntary counselling and testing (VCT)) kwabantu abangaphezu kweminyaka eli-15, (ithagethi yephondo: 15% yabantu abadala qho ngonyaka, ithagethi ye-WCED: 30 000 ngo-2008/09, inyuke iye kutsho kwi-50 000 ngo-2009/10) nokwanda kokusetyenziswa kweekhondom ngamadoda ukuya kutsho kwi-100 leekhondom kumntu oyindoda ongaphezu kweminyaka eli-15 ngo-2010 (iithagethi ezifanayo).I-Accelerated HIV Prevention Strategy: A *Multi-Sectoral Framework for Action in the Western Cape 2006 to 2011,* ikwacacisa ngakumbi esi sicwangciso ukuphendula kwi-e *national, multi-sectoral HIV & AIDS and STI Strategic Plan for South Africa, 2007-2011.*

Izinto ekujoliswe kuzo neenjongo ezikwisicwangciso-qhinga (Kucatshulwe kwisiCwangciso seMinyaka emi-5):

Ukubonelela ngophuhliso lwabasebenzi ngokuvumelana nomthetho i-Skills Development Act.
Ukubonelela ngemfundo yezakhono zobomi kumba weNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo ezikolweni, nokuqinisekisa ukufikelela kwinkqubo edibeneyo efanelekileyo nephumelelayo yokuthintela, ukukhathalela nokuxhasa.
Ukuphucula ukusebenza ngokufanelekileyo nangempumelelo kombutho ekulawuleni iimvavanyo zangaphandle
Ukuqinisekisa ukuba iphondo libonelela ngamanani aneleyo ootitshala abaqeqeshwe ngokufanelekileyo.
Ukuxhasa iinjongo zephondo zeKapa elihlumayo

Imigaqo-nkqubo nezinto eziphambili ngokubaluleka:

INtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo:

Ukuqhubana ngokungxamisekileyo nangozimiselo neNtsholongwane kaGawulayo/noGawulayo, kwezemfundo nangokusebenzisa ezemfundo, yinto ephambili kwisizwe sonke nesinesigunyaziso soko esiboniswa, phakathi kwezinye izinto, ngesiCwangciso-qhinga seNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo kunye nee-STI soMzantsi Afrika, 2007-2011, isiCwangciso Esihlanganisiweyo seSizwe sabaNtwana abaSulelwe nabaChatshazelwa yiNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo (2001), umthetho i-National Education Policy Act: National HIV/AIDS *Policy for Learners and Educators* (1996), kwakunye neCandelo laminyaka le lomthetho i-*Revenue Act.* Uxanduva lwemfundo lukwaboniswe nakwiNkqubo yeSizwe yokuSebenza kukaRhulumente, iCandelo lezeNtlalo (2006) ngokuvumelana nokuphunyezwa ngokuqhubekayo kwesiCwangciso esiBanzi sikaRhulumente sokulwa neNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo.

Kwiphondo, isiCwangciso-qhinga sokuHluma noPhuhliso lwePhondo leNtshona Koloni siqwalasela ulwalamano phakathi, ngokomzekelo, kwezicwangciso-qhinga zokuphuhliswa kwabantu bokusebenza nezentlalo, ngelixa isiCwangciso-qhinga soPhuhliso lwezeNtlalo (SCFS) sichaza ngokubhekele phaya ukuyilwa kwezentlalo ngokuvumelana neendlela ezingundoqo zephondo zokungenelela ezifana nezeMpilo ngo-2010, inkqubo yephondo yeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo, uphuhliso lolutsha, iinkqubo zokomelezwa kwamaqhina eentsapho, ukomelezwa kwemibutho esekeke eluntwini, njalo njalo. Okokugqibela, uyilo olwamkelweyo nolulolwamaSebe ngamaSebe ‘lwesiCwangciso-qhinga esiBanzi seNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo seNtshona Koloni, isiCwangciso-qhinga neSakhelo sokuPhunyezwa: 2007 ukuya ku-2011’ luchaza iimfanelo, nezinto ekujoliswe kuzo liSebe leMfundo laseNtshona Koloni. Kwezi kuqukwe iimfanelo nezinto ezintsha ekujoliswe kuzo, phakathi kwezinye izinto, imiba ekungenzeka ibe nobuzaza njengokukhuthazwa nokubonelelwa ngeengcebiso novavanyo lokuzithandela (VCT) kwabantu abadala >kwe-15 leminyaka, (iphondo lijolise kumyinge wabantu abadala abali-15% ngonyaka, i-WCED ijolise kubantu abangama-30 000 ngo-2008/09, kunyuke kuye kuma-50 000 ngo-2009/10) kunye nokunyuswa kwenani lokusetyenziswa kweentsilathi (iikhondom) zamadoda ukuya kwezili-100 iintsilathi kwindoda endala >kwe-15 leminyaka ngo-2010 (ngezinto ezifanayo ekujoliswe kuzo). Isicwangciso soThintelo lweNtsholongwane kaGawulayo ngokoNgeziweyo: iSikhokelo saMacandelo amaninzi seNtshukumo kwiNtshona Koloni ngo-2006 ukuya ngo-2011 siqhubeka sichaza esi sicwangciso-qhinga kwimpendulo yesiCwangciso-qhinga sesizwe, samacandelo amaninzi seNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo kunye nee-STI kuMzantsi Afrika, 2007-2011.

Uhlalutyo lwenkqubela

IsiCwangciso seZakhono eMsebenzini (WSP)

Kumbutho omkhulu njenge-WCED, imfuneko yohanjiso lweenkonzo oluphumelelayo nolusebenza kakuhle isoloko isanda ngelixa ukuphuhliswa kwangaphakathi kwabafundisi-ntsapho abasemsebenzini ukuze kusatyelwe kwizinto ezintsha ezivelayo nezingxamisekileyo kwezemfundo, ukulawulwa kolwazi nendlela eyiyo, kungundoqo. IKomiti yoQeqesho yeSebe (DTC) emele i-WCED iye yathi gqolo ibonisa ukuzibophelela kwayo ekuqinisekiseni ukuphuhliswa kwezakhono okuzinzileyo, okunenkathalo, okuphumelelayo nokusesikweni njengoko kulindelekile ngokoMthetho wokuPhuhliswa kweZakhono nemithetho kunye nemigaqo-nkqubo ehlobene nawo. I-DTC iqalise inkqubo yokuphuhlisa i-WSP yesithuba se-MTEF ukuze iqinisekise ukuphumelela nokuzinza okuphucukileyo kophuhliso noqeqesho lwezakhono ezithile kwixesha eliphakathi.

IsiBonelelo esinemiQathango seNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo:

Zonke izikolo zihlanganisiweyo ukwenzela ukuthethela, uqeqesho nenkxaso eqhubekayo kwaye zikhethe abanxibelelanisi kunye/okanye iikomiti zeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo. Ukongezelela koko, ngoDisemba ka-2007 besekuqeqeshwe abafundisi-ntsapho abangama-22 099 (xa kuthelekiswa nenani ebekujoliswe kulo labangama-20 000). Baqikelelwa kuma-820 000 abafundi (85%) abafundiswa rhoqo ngezakhono zokuphila neNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo kwiimeko zesiFundo ngezoBomi. Ngelixa ukufundiswa ngokuthintela kusetyenziswa isiFundo ngezoBomi kusengundoqo, ngoku kuya kujoliswa kwindlela yokufakela iNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo kuyo yonke ikharityhulam.

Inkqubo yoku-“Fezekisa ngekharityhulam” ijoliswe ngokupheleleyo nangokuhlanganisiweyo: inikela ingqalelo kwiKharityhulam eCacileyo (amava obuqu, amava eemvakalelo); iKharityhulam eRheshayo (ikharityhulam efihlakeleyo, umyalezo ongaqondakaliyo); neKharityhulam eliLizwe / engeKhoyo (Yintoni engayithethiyo ikharityhulam?). Kananjalo le nkqubo ijolise kwizicwangciso-qhinga neendlela zokufundisa ezifana ngokuvunyelaniswa kokuqulethwe sisifundo neemeko eziqhubekayo nengqiqo yokuziphatha, kwakunye nemiyalezo nokuphuhliswa kwee-LTSM ngemisebenzi esekeke kwigumbi lokufundela, ekutyebiseni isikolo nesekelwe eluntwini.

Zonke izikolo zifumana, minyaka le, izinto ezifunekayo kuzo ze-LTSM esekeke kwikharityhulam nokuba kungesiNgesi, ngesi-Afrikansi okanye ngesiXhosa. Isikolo ngasinye, ukusukela ngo-2008/09, siza kufumana iifayili ezili-10 zezixhobo zokufundisa ezenzelwe amalungu ee-SMT nee-SGB ukuze isikolo sikwazi ukuqhuba ucweyo lokuphuhliswa komgaqo-nkqubo wesiKolo weNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo kwakunye nesiCwangciso sesiKolo sokuLawula iNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo. Oku kuza kuquka imiba yobunkokeli neyasemsebenzini. Uluntu ngalunye kummandla wesikolo luza kufumana neefayili zezixhobo zokufundisa ezili-10 zesiCwangciso-qhinga sokuKhathalela nokuXhasa ukuze ii-SMT/abafundidsi-ntsapho, amalungu ee-SGB nabalingane abasekeke eluntwini bakwazi ukuphuhlisa ezentlalo nothungelwano lwenkxaso olwenzelwe iinkedama nabanye abantwana abasemngciphekweni kuquka abo bachatshazelwe nguGawulayo.

Iingcali zeeNgxaki zeNgqondo kwiZikolo ezingama-90 nooNontlalo-ntle sele beqeqeshiwe njengabacebisi abaziingcali kwiNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo, kwinkxaso ekwinqanaba eliphezulu yabafundi ezikolweni, ngokwemfuneko.

Isiqinisekiso seNqanaba le-NQF le-4 nesifundo esifutshane kwinkqubo enguNdoqo yokuCebisa nezakhono zokudlulisela naso sele siqoshelisiwe yaye siza kudluliselwa kubafundisi-ntsapho namalungu e-SGB ukususela ngo-2008.

Kungokunje inkqubo i-‘ziKolo njengeeNdawo zokuNyamekelwa nokuXhaswa kwabantwana abasemngciphekweni’ (SNOC) idluliselwa kuzo zonke izikolo. Ekuqaleni oku kuza kujoliswa kwiindawo ezino-ST-21. Kunye nezi SNOC kuqukwe nokuphakanyiswa 'kweengxikela zeentlanganiso' zohanjiso lweenkonzo – kubanjiswene neSebe leNkulumbuso nabanye esibambisene nabo kuzwelonke, kwiphondo nakoomasipala kuquka isebe leMicimbi yaseKhaya neSASSA – yaye kujoliswe ngokukodwa kwindlela ephuculiweyo yokufikelela kwizibonelelo zezentlalo kwabantwana abasemngciphekweni. Ngo-2007, kwaqhutywa ngempumelelo iingxikela zeentlanganiso ezili-15, kukhawulelwana neemfuno zabantu abanokuba ngama-30 000. Kucetywe ezinye iingxikela zeentlanganiso ezi-5 ekuqaleni kowe-2008.

Inkqubo yezemfundo yabalingane (elawulwa kubanjisenwe neSebe lezeMpilo nababoneleli ngeenkonzo abazii-NGO), ngoku eqhubeka kwizikolo eziphantse zibe li-150, ngo-2006 yayiphakathi kwamaqela okugqibela awayekukhuphiswano lokuzuza amabhaso eNkulumbuso eNkonzo eGqwesileyo, yaye ikhuphisana anamanye amazwe angama-63, yaphumelela ibhaso lamazwe ngamazwe laMazwe angamaThanga eliyi-‘Good Practice in Education’. Uphononongo olusesikweni lwangaphandle lwale nkqubo, kwakunye nephulo lokubambisana ne-DoH no-loveLife, lwagqitywa yiYunivesithi yaseKapa ngo-2006, yaye kunye nesiCwangciso-qhinga esiKhawulezileyo sokuThintela iNtsholongwane kaGawulayo seli phondo, ibonisa imingeni ebalulekileyo esengaphambili.

Inkqubo yezakhono zobomi esekeke kwikharityhulam yeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo yaphononongwa kabini lisebe lesizwe ngo-2006, ukuhlola ukuqhutywa kwale nkqubo ezikolweni, yaye uMphicothi-zincwadi omKhulu wenza, okwesithathu kunyaka ka-2006/07, uphicotho lweXabiso eloNgeziweyo ngaphezu kophicotho oluqhelekileyo lokujonga ukuthotyelwa kwemithetho. Ngaloo ndlela inkqubo yeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo yayiyeyokuqala kwi-WCED ukuba iphononongwe ngokucokiseke ngolo hlobo, kwisithuba seminyaka emithathu ngoku, yaye isetyenziswe njengomzekelo kwisebe wendlela ezinye iinkqubo neenkonzo eziza kuhlolwa ngayo, kwixesha elizayo, ukuze kujongwe iziphumo ezisemgangathweni, kunokujonga nje igalelo neziqhamo. Zonke iinkqubo zophononongo zabonakalisa ukuba kukho ukunqongophala okumandla kwabasebenzi. Nangona kunjalo, abasebenzi abasebenza kwizithili beNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo bayaqhubeka nokutyelela ngokuthe rhoqo izikolo ukuqinisekisa ukuba le nkqubo iyamiselwa, ukulungisa, kunye nokujongana neemfuno ezininzi zoluntu lwasesikolweni ngokuphathelele kuthintelo, inkathalo nenkxaso kubafundisi-ntsapho nabafundi abosulelwe kunye/okanye nabachatshazelwe yiNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo. Okokugqibela, kwenziwa iqela leeprojekthi zophando nezifundo zolingelo yaye ezi ziyaqhubeka ukwenza le nkqubo ikwazi ukuzihlengahlengisela iingqiqo ezintsha kunye 'nezona ndlela zingcono' zokusebenza ngokuqhubekayo.

Iimviwo

Icandelo lolawulo linoxanduva lwazo zonke iimviwo nohlolo kwi-WCED. Ngokuyintloko, kuqhutywa iimviwo zeBakala le-12 yaye bangaphezu kwama-70 000 abachophela ezo mviwo. Ekupheleni kuka-2008, kuza kuqhutywa isetifiketi esiphezulu sokuqala sesizwe. Uviwo luza kuhlehliswa ukuze lwenziwe ngoNovemba. Kulindeleke abafundi abamalunga nama-45 000. Onke amaphepha emibuzo aza kubhalwa lisebe lesizwe. Iilwimi zamanye amazwe ziza kubhalwa yiBhodi eziMeleyo yeeMviwo.

Minyaka le, imiSebenzi eQhelekileyo yokuHlolwa (CTA) yeBakala le-9 iqhutywa kwaye ibhalwa ngabafundi abangama-85 000. Ii-CTA namaphepha aqhelekileyo anxulumene nazo abhalwa kuzwelonke. Ukusukela ngo-2008, uvavanyo lweBakala le-9 kwiiLwimi (isiAfrikansi, isiNgesi, isiXhosa) neMathematika kwiphondo luza kuqhutywa kwikota yokuqala yonyaka. Bangama-75 000 bebonke abafundi abaza kuthatha inxaxheba kolu vavanyo, oluza kujoliswa kuphononongo olucwangcisiweyo kwisigaba sesikolo esiphakamileyo.

Kusekwe iyunithi yokushicilela kwi-WCED ukuze kushicilelwe zonke izinto zeemviwo nohlolo. Kananjalo kuza kushicilelwa nomsebenzi wamanye amasebe kwi-PAWC. Zimalunga ne-110 lezigidi iikopi ezenziwa ziinkonzo zokushicilela. Amanye amasebe ayabinza kwiindleko ezithi zibekho ngokuhlawula imali egunyaziswe nguNondyebo ngekopi, kungokunje eqingqwe yaba ziisenti ezingama-20 ngephepha eliyi-A4.

Ukuqeqeshwa Kootitshala

Imfuneko ebalulekileyo ye-HCDS kukuba kubekho ootitshala abafaneleke kakuhle, ngokukodwa abo bahlohla imathematika, ezenzululwazi nobugcisa. Kubonelelwa ngoncedo lwezimali kootitshala abazimiseleyo abanqwenela ukungenela umsebenzi wokuba ngooTitshala beMathematika kunye/okanye bezeNzululwazi nezobuGcisa. Kuhlahlo lwabiwo-mali luka-2007/08, kwakukho isibonelelo sezigidi ezisi-9 zeerandi sezifundo ze-ACE ne-NPDE ukuze kuphuculwe iziqinisekiso nokunceda abafundisi-ntsapho abangenaziqinisekiso kunye nabaneziqinisekiso ezikumgangatho ophantsi kwisixokelelwano semfundo. Ngo-2008/09 isabelo siza kuba zizigidi ezingama-20 eerandi. Ngenxa yoko kukho: iiNqununu ezili-160 ezibhalisele izifundo ze-ACE kubuNkokeli besiKolo; ootitshala abangama-643 be-NPDE; kwisiFundo seMaths Literacy ACE – abafundisi-ntsapho abali-100; umSebenzi wobuGcisa Obubonwayo – 20; isiGaba esisiSiseko – 50; iTekhnoloji 50; uLwimi (IsiXhosa) yaye kucetywa neziFundo zabaThengi kwixa elizayo.

Uphuhliso lweMisebenzi

Ngenxa yokunyuka kwamazinga okulahla phakathi isikolo nemfuneko yokondla uqoqosho kucace nakuthathatha ukuba icebiso elinyanisekileyo, elisexesheni nelinexabiso lifanele lidluliselwe ngabantu abanobuchule. Iintlelo ezikwimo yee-elektronikhi okanye yamaphepha ze-PACE ethetha ngemifanekiso ngoku zibe nefuthe ngokongezelelekileyo kubafundi abali-140 700 yaye zicaciswe ngootitshala abaqeqeshiweyo abangama-700. Ngo-2008/09 kuza kuqeqeshwa ootitshala abangakumbi abangama-210.

Izikolo zeZakhono

Iimali zenkxaso kule nkqubo ezabelwe izikolo zezakhono zisetyenziselwa ukuseka izikolo ezitsha zezakhono. Minyaka le kusekwa izikolo ezitsha ezibini kangangoko kunokwenzeka. Ngokuphambili ezi mali zenkxaso zisetyenziselwa ukwakha iindawo zokusebenzela kwizikolo ezikhoyo ezinokuthi zitshintshwe zibe zizikolo zezakhono, kwakunye nezixhobo zezi ndawo zokusebenzela. Ukusekwa kwezikolo zezakhono kuchongwe njengenye yezinto eziphambili ngokubaluleka kwi-HCDS. I-WCED sele inezikolo/amacandelo ali-12 ezakhono yaye ngo-2008/09 kuza kongezwa ezinye izikolo ezibini.

Izikolo Ekujoliswe kuzo

Kwiprojekthi yokusungula indlela entsha neyokucinga kwangaphambili, iSebe leMfundo eNtshona Koloni lityumbe izikolo zasesekondari ezingamashumi amabini anesibhozo ezinyamekela abafundi ababehlelelekile ngaphambili ukuze ziguqulwe zibe zizikolo ekujoliswe kuzo kangangeminyaka emithathu. Isikolo ngasinye sijolisa komnye wale mimandla mithathu ilandelayo kwakunye nezifundo zayo ezahlukeneyo: ubuGcisa neNkcubeko (iziFundo zokuNgqungqa, uYilon, ubuGcisa beDrama, uMculo, ubuGcisa Obubonwayo); ezoShishino, uRhwebo noLawulo (uCwangciso-mali, iziFundo zoShishino ubuTyebi beLizwe, i-Computer Application Technology); ubuNjineli neTekhnoloji (i-*Electrical Technology*, i-*Civil Technology*, i-*Mechanical Technology*, i-*Engineering Graphics* kunye noYilo) Ingqiqo-siseko: Ukwandiswa kokufikelela kwizifundo ezazingafumaneki ngaphambili kubafundi;

ukwandisa uthatho-nxaxheba nezinga lokuphumelela kwabafundi, ngokukodwa abafundi ababehlelelekile ngaphambili, kwibakala leMfundo noQeqesho oluQhubekekayo (FET); ukwandisa inani labafundi be-FET abafanelekayo ukungena kwimfundo ephakamileyo ngokukodwa abafundi abaphuma kwiintsapho ezihluphekileyo; ukuxhobisa abantu ngokubanika izakhono ezinqongopheleyo ezidingekayo kwindawo yempangelo.

Kulindeleke ukuba ezi zikolo zibe nesixa sabasebenzi nezixhobo ezisemgangathweni nezinto zokusetyenziswa kummandla othile; ukunakekela nokunika uqeqesho oluneenkcukacha kubafundi abanesiphiwo, umdla okanye ubuchule obukhethekileyo; ukubonelela ngokufikelela kumathuba abalaseleyo; ukusebenza njengamaziko ankqenkqeza phambili kwimimandla akuyo; ukuzisa iinzuzo kubafundi, uluntu, inkqubo yemfundo yaye ekugqibeleni kuqoqosho.

Izinto emazibe zenziwe ngo-2008/09

Ukugqitywa kwezakhiwo ezi-5 zeziKolo ekuJoliswe kuzo; ukubonelela ngezinto zokufunda nezixhobo; uphicotho-zincwadi lwezixhobo zokufundisa; uphicotho-zincwadi lwabafundi abangena kumaziko emfundo ephakamileyo; ukuphuhliswa kobungcali kootitshala kwizikolo ezingama-28; ukuncediswa kwabafundi ngezinto zokufunda nezikolo zasebusika/entwasa-hlobo; iiseshini zokukhokela abafundi kwizifundo ngenkomfa nenkampu; iinkqubo ezaziwa ngokuthi “Artist in residence”; ukumisela amanani ekujoliswe kuwo ukuze kwandiswe amanani abafundi yaye kuphuculwe iziphumo kwizifundo ezithile ekujoliswe kuzo; utyelelo ngenjongo yokubek' elisweni olwenziwa rhoqo kwizikolo ekujoliswe kuzo ezingama-28; uqeqesho olulodwa lootitshala abafundisa isiFundo ngezoBomi; ukuboniswa kwemisebenzi ethile nezinto ezenziwa ngabantu.

IThekhnoloji yeKhanya kwiProjekthi yezeMfundo

Kungoku nje izikolo ezingama-813 (52,9%) zibonelelwe ubuncinane ngendawo enye yeekhompyutha yaye ezinye izikolo ezili-179 (11,7%) zikumanqanaba ahlukeneyo okulungiselelwa kweliza elilandelayo lokuphunyezwa komsebenzi. Zingama-32 011 xa zizonke iikhompyutha ezisetyenziswa kwizikolo zeKhanya (kwezi ezili-19 259 zifumene inkxaso-mali kuKhanya okanye amaqabane akhe abinza ngamalizo, yaye eziseleyo ezili-12 752 zizithengele ngokwazo izikolo). Njengenxenye yokudluliselwa kweKhanya, abafundisi-ntsapho abali-19 750 baxhotyiselwa ukusebenzisa iteknoloji ngokupheleleyo ekufundiseni ikharityhulam yaye abafundi abangama-663 952 sele bevuna iziqhamo zale projekthi.

Izikolo zikarhulumente eziseleyo ezingama-544 ziza kubonelelwa ubuncinane ngendawo enye yeekhompyutha kunye nenkqubo efanelekileyo yezemfundo. Kananjalo ootitshala kwezi zikolo baza kufundiswa izakhono ezingundoqo ze-ICT ukuze bazuze ngokupheleleyo ekusetyenzisweni kwezi zinto zeteknoloji ezilungiselelweyo nokukhawulelana nenjongo ye-WCED yokuba kusetyenziswe ii-ICT xa kufundiswa ikharityhulam.

Uhlalutyo lweengxaki nezingqinisiso ezicwangciselwe ukuzoyisa

INtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo

UMzantsi Afrika unelona nani liphakamileyo labantu abasuleleke yiNtsholongwane kaGawulayo (HIV) ehlabathini – abantu abaqikelelwa kwizigidi ezi-5,9 ukuya kwezi-6,5 ngo-2005. Bangaphezu kwama-20% abantu abadala nama-30% abantu abakubudala bokuzala abantwana abasulelekayo ngo-2005. Kuqikelelwa ukuba abathathu kwabane abasandul' ukwasuleleka ngabantu abaselula abaneminyaka eli-15 ukuya kwengama-25 ubudala.

Umsebenzi wokufundisa kukulungiselela aba bantu baselula loo ngozi, ukuze bazikhusele bangasuleleki bona nabanye. IBhunga likaGawulayo lePhondo leNtshona Koloni lamkele isiCwangciso-qhinga esiKhawuleziswayo sokuNqandwa kweNtsholongwane kaGawulayo, 2006 ukuya ku-2011. Kuzo zonke iinkqubo, esi siquka izicwangciso-qhinga zokuthintela ukwasulelwa yintsholongwane kaGawulayo kwabafundisi-ntsapho nabafundi, ukulawula iNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo ezikolweni, ukubonelela ngenkxaso yengqondo nezentlalo kubafundisi-ntsapho nabafundi abachaphazelekayo, nokulawula indlela ekusatyelwa ngayo xa iyonke kwiNtsholongwane kaGawulayo ukuze kukhuselwe umgangatho wemfundo.

Iinkalo ezingundoqo zokwenziwa komsebenzi ziquka:

a) Ukuqeqeshwa nokuxhaswa kwabafundisi-ntsapho ukuze kuqinisekiswe ukuba bonke abafundi kwiBakala lakwa-R ukuya kwele-12 bafumana ubuncinane iiyure ezingama-20 zezakhono zokuphila neNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo ezihambelana nobudala neemeko ezifanele bona nemfundo emayela nesondo minyaka le, ngesiFundo ngezoBomi kunye nokufakelwa kwezakhono zokuphila neNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo kuzo zonke ezinye izifundo neenkalo zezifundo.
b) Ukubonelela ngokuphuhliswa nokusasazwa kwezinto zokuncedisa abafundi nootitshala (LTSM) ezifanelana nobudala/iBakala nolwimi, ezisekelwe kwikharityhulam nezingqamene noGawulayo ukuze kuxhaswe imfundo yezakhono zokuphila neNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo kwigumbi lokufundela.
c) 'Ukuqeqesha' abathathi-nxaxheba nokuxhasa ukusekwa kwezicwangciso-qhinga zokuKhathalela nokuXhasa ezithungelaniswa ngokufanelekileyo, ezisebenzayo, ezinzileyo nezisekeke ezikolweni naseluntwini kusenzelwa abantwana abasemngciphekweni.
d) Ukuqinisekisa ukuba amalungu e-SMT namalungu ee-SGB angabazali abangundoqo nabameli boluntu 'bayaqeqeshwa', baxhotyiswe baze baxhaswe ekuphuhliseni nasekugcineni umgaqo-nkqubo kaGawulayo ofanele iimeko abakuzo nesiCwangciso sokuLawulwa kweNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo.
e) Ukuxhasa ukuphuhliswa nokuphunyezwa kweenkqubo zokufundisana koontanga eziphumelelayo, zokuthintela iNtsholongwane kaGawulayo nezikumgangatho ofanelekileyo ezikolweni nakwiikholeji ze-FET.
f) Ukuphuhlisa isixokelelwano sokulawulwa kweNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo esiphumelelayo, esihlanganisiweyo, esinentsingiselo nesamasebe ngamasebe se-WCED nokulawulwa kwenkqubo ngokusulungekileyo nokulawulwa kwezimali.
g) Ukuxhasa ukuphunyezwa kwenkqubo yeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo yabasebenzi kwindawo yempangelo neNkqubo yeNtlalo-ntle yabaSebenzi (EWP).

Kuqhutywa uvavanyo lwelinge (ngenkqubo yeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo) kuphandwa ukusebenziseka kokubakho kwabancedisi boonontlalo-ntle ababekwa ezikolweni okanye 'abancedisi bootitshala', njengephulo elinendleko ephantsi yokuqeqeshela umsebenzi, ukunika ingqwalasela kwimingeni ebanzi kakhulu yezentlalo ekhoyo kwimimandla emininzi (kuquka ukungayi esikolweni nokutsala nzima kwabafundi, iingxaki zokuziphatha, nokuphucula iindlela zokufikelela kwizibonelelo zentlalo, inkxaso yosapho neenkonzo ezingundoqo zempilo).

ST801	IINKONZO ZENKXASO NOKUNXULUMENE NAZO: Iindlela eziphambili zokuqhubeka kwezinto					
	2004/05 Eyona-yona	*2005/06 Eyona-yona*	*2006/07 Uqikelelo*	*2007/08 Uqikelelo*	*2008/09 Uqikelelo*	*2009/10 Uqikelelo*
IINTLAWULO NGOKOMSETYENZANA (R'000)						
8.1 Iintlawulo kwi-SETA	3,306	3,756	3,944	4,258	4,542	4,786
8.2 Iiprowujekthi zoncediso-mali olunemiqathango	11,205	11,872	13,011	13,847	14,626	15,420
8.3 Iimviwo zangaphandle	54,561	63,124	66,127	74,907	79,252	83,257
8.4 Uqeqesho lweetitshala	1,743	1,868	1,814	1,905	1,993	2,085
8.5 iKapa Elihlumayo	127,772	120,225	117,519	116,641	121,890	129,203
IYONKE	198,587	200,845	202,415	211,558	222,303	234,751
IINTLAWULO NGOKOLWAHLULO NGOKOQOQOSHO (R'000)						
Intlawulo yomhla nezolo	70,099	87,197	101,962	104,102	109,932	115,470
Imbuyekezo yabasebenzi	37,581	41,321	42,323	45,821	48,890	51,524
Ootitshala	20,180	22,313	22,650	24,522	26,164	27,574
Abangezotitshala	17,401	19,008	19,673	21,299	22,726	23,950
Iimpahla neenkonzo	32,518	45,876	59,639	58,281	61,042	63,946
Udluliselo noncediso-mali	118,928	113,557	100,367	107,366	112,277	119,183
Iintlawulo zentengo yeempahla ezinkulu	9,560	91	86	90	94	98
IYONKE	198,587	200,845	202,415	211,558	222,303	234,751
UQESHO LWABASEBENZI						
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente) (a)	17	16	15	15	15	15
Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	119	142	119	132	132	132
► ZINGQINISISO ZOKWENZIWA KOMSEBENZI						
► PPM801: IZakhono zoBomi neeNkqubo zeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo: Ipesenti yonyaka yokuxhaphaka kwentsholongwane kaGawulayo kulutsha oluneminyaka eli-15 ukuya kweli-19 ubudala	7,2%	5,6%	5,3%	5%	4,7%	4,4%
► PPM 802: Ipesenti yezikolo zikarhulumente ubuncinane ezinendawo enye yeekhompyutha ukwenzela ukufundisa nokufunda	510	725	950	1 070	1 200	1 350

B.9 Ukuphunyezwa kotyalo-mali kulwakhiwo, ulondolozo nesicwangciso sokuphathwa kweempahla zexabiso

Iiprojekthi ezintsha, ukuphuculwa nokuvuselelwa

Ezi projekthi zilandelayo ziza kugqitywa phakathi ku-2008/09:

Amagumbi okufundela ongeziweyo (ngezitena) kwizikolo esezikho (21); iiProjekthi zamaGumbi oCoceko (4); izakhiwo zoLawulo (kwiiPrayimari ezi-3); iindawo zamaQonga eeNgxoxo (iPrayimari e-1); iziKolo zeSekondari (2); iziKolo eziZodwa (1)

Nazi ngezantsi iinkcukacha zezi projekthi:

Uhlobo lweProjekthi	Inani leeprojekthi	Igama leprojekthi
Iiprojekthi zokwakhiwa kwezikolo	Izikolo zaseprayimari – 3	Vredenburg PS, Table View PS, Samora Marchel PS
	Izikolo zasesekondari – 2	Bloekombos SS, Wellington SS
Amagumbi okufundisela njengenxalenye yesikolo ngasinye esitsha okanye njengeeprojekthi ezahlukileyo	Amagumbi okufundela kwizikolo zaseprayimari –165	Table View PS (30), Samora Marchel PS (30), Vreden- burg PS (22), Kuyasa PS (15), Attie van Wyk PS (1) Bastion LS (2), Bloekombos PS (4), Ekhulukweni PS (1), Enshona PS (5), Gordons Bay PS (3), Hlengisa PS (4), Marine PS (3), FJ Conradie PS (2), Klapmuts PS (6), Tanqua PS (2), AH Barnard PS (4), Seekoegat (NGK) PS (1), Kliprivier PS (1),Ongelegen PS (1), Kommandantsdrift PS (1), Franken PS (1), Chris Nissan PS (4), Brakfontein PS (1), Hartenbos LS (1), Hillcrest PS (3), Bongulethu PS (1), Saturnus PS (2), Avontuur PS (1), Kranshoek PS (2), Phakamansani PS (2), Hermanus LS (1), Kleinmond PS (3), Citrusdal PS (2), Kapel PS (2).
	Amagumbi okufundela kwizikolo zasesekondari 83	Bloekombos SS (33), Wellington SS (33), Wellington SS (6) , Hopefield HS (4), Imizamo Yethu SS (3), Thembalethu SS (2) Wittedrift SS (1), Villiersdorp SS (1)
	Amagumbi okufundela kwizikolo ezizodwa – 4	Beacon School (2), Klein Karoo Skool (2),
Ukuhanjiswa kwamagumbi okufundela angoomahamb' ehlala	23	Ahanjiswe ukusuka eSmutsville asiwa eBrakfontein (1), Franken PS (1), Kliprivier PS (1), Kranshoek PS (2), Ongelegen PS (1), Saturnus PS (2), Imizamo Yethu SS (3), Thembalethu SS (2). Amagumbi amane (4) angoomahamb' ehlala aza kususwa e-Elsiesrivier asiwe eKleinmond PS. Kuza kususwa nmagumbi amathandathu (6) adlakadlaka aseKlapmuts PS.
Amaqonga eeNgxoxo		Mzamomsha PS
Izindlu zangasese	Izikolo zaseprayimari 95	Table View PS (27), Samora Marchel PS (27), Vredenburg (15), iZiko loQeqesho lase-Eden (4 WCs), St Boniface PS (8 WCs), Bitterfontein PS (8 WCs), Ekhulukweni PS (6 WCs)
	Izikolo zasesekondari 131	Bloekombos SS (34), Wellington SS (34), Gansbaai SS (29), Wallacedene SS (34)
Iiprojekthi zokuphucula	Izikolo zaseprayimari - 4	Izakhiwo zolawulo – Leiden Avenue PS, Rainbow PS, Gansbaai PS, Klapmuts PS
	Izikolo zasesekondari - 0	Masibambane SS, Waveren SS
	Izikolo ezizodwal schools - 1	JD Crawford PS

IIPROJEKTHI EZIZA KUQALISWA NGO-2008/09	
Izikolo ekumele kufunwe iziniki-maxabiso zazo	Silukhanyo PS, Nomzamo, Strand, Zwelihle PS, Zwelihle, Hermanus; Avian Park PS, Worcester Wallacedene SS, Wallacedene, Kraaifontein Gansbaai SS, Gansbaai
Izikolo ekumele kugqitywe izicwangciso zazo ukuze kufunwe iziniki-maxabiso zazo	Tafelberg School, Bothasig (isiKolo esisodwa) Northpine SS, Northpine, Brackenfell Grabouw SS, Grabouw

Ukulungiswa kwezakhiwo ngokwe-MTEF (2008/09 ukuya ku-2010/11)

Inani leeprojekthi	Uhlahlo lwabiwo-mali olukhoyo R'000
240	R209,358 izigidi

Kufakwe isicelo semali eyongezelelekileyo kooNondyebo bePhondo ukuze kukhawulelwane nayo yonke intsilelo (intsilelo kumagumbi okufundela akhoyo nokulungiswa). Ingqikelelo yoxwebhu lokufuna isiniki-maxabiso yeyokuba yonke intsilelo ekhoyo iza kupheliswa kwisithuba seminyaka eli-10. Le ngqikelelo ayinakuphunyezwa ngemali elindeleke kunyaka-mali ka-2008/09, 2009/10 kunye no-2010/11.

Olunye uqikelelo lolokuba kubekwe ixabiso leebhiliyon ezili-12 zeerandi kwiipropati ezingenakufuduswa zezikolo eNtshona Koloni kwaye umyinge we-2% yayo ufanele ufumaneke minyaka le ukwenzela ukulungiswa okucwangcisiweyo. Kuqikelelwa ukuba iindleko zokwakha ziza kunyuka nge-12%, ngonyaka. Kubalulekile ukuqaphela ukuba ulwabiwo olwenzelwe ukulungisa okucwangcisiweyo olungaphantsi kwezigidi ezingama-200 eerandi ngonyaka ngokuqinisekileyo luza kuqinisekisa ukuba izitokhwe ezikhoyo zezikolo ziza kuthi gqolo ukonakala yaye indleko yokulungisa eso sitokhwe iza kuthi ke nayo inyuke.

Ukuphathwa kweMpahla yeXabiso

Impahla yexabiso engenakususwa

I-WCED isebenzisa iNkqubo yokuPhathwa koLwazi lweeNkcukacha zeMfundo (EMIS) kunye neNkqubo yokuPhathwa kweziNto eziSetyenziswayo kwezeMfundo yeSizwe (NEIMS), nezilungele ukulawula impahla karhulumente engenakususwa

Impahla yexabiso enokususwa ephambili

I-Ofisi eliKomkhulu kunye neziThili (kuquka ii-ofisi esinxibelelene neziThili). Ngokuphathelele impahla yexabiso enokususwa i-WCED yaseka iyunithi yokuphathwa kweempahla zexabiso. Le yunithi yenye yeentsika zeYunithi yokuBonelela ngeeMpahla. Yonke ifanitshala nezixhobo ezisetyenziswa kwezi ofisi zithengwa kwi-ofisi elikomkhulu zize zifakwe kuluhlu lwempahla yexabiso ngokuvumelana neemfuneko ezichazwe ngooNondyebo bePhondo. Minyaka le kwenziwa uphicotho-zincwadi lwazo zonke iimpahla zexabiso ezinokususwa (Novemba) yaye kuhlolwa sonke isitokhwe (Februwari/Matshi).

Kuthatyathwe la manyathelo alandelayo ukuqinisekisa ukuthembeka kweenkcukacha zolwazi ezigciniweyo ezixhasa irejista efanelekileyo yeempahla zexabiso egcina imigangatho yocwangciso-mali neqinisekisa ukungqinelaniswa kwenkcazelo okuphumelelayo, okusebenza kakuhle nokuchanekileyo.

(a) kuhlolwa isitokhwe liSebe ubuncinane kanye ngonyaka njengoko kuyalelwe kwiMimiselo kaNondyebo
(b) kuhlolwa isitokhwe kwisithuba seenyanga ezintandathu ngokubona umthamo owandayo wezi mpahla
(c) uluhlu lwezinto lusayinwa ngamagosa anemfanelo yokwenjenjalo luze lungqinisiswe ngooManejala bamaZiko eNdleko
(d) kukhutshwa iisetyhula ngokuvumelana nesaHluko se-10 seMimiselo kaNondyebo
(e) iinkqubo zokuthenga impahla yexabiso zithiwe thaca kwiNkqubo yeGosa loCwangciso-mali
(f) ungqinelaniso lwezinto ezithengiweyo ezikwi-LOGIS kunye nenkcitho ekwi-BAS lwenziwa rhoqo ngenyanga
(g) irejista yempahla yexabiso iqulethe yonke inkcazelo efunekayo ngokutsho kweMimiselo kaNondyebo

Iindlela eziye zamiselwa ukuze kuqinisekiswe ukuba kukho inkqubo esebenza kakuhle yokuchonga, ukulondoloza, ukubek' esweni nokugcina iingxelo zeempahla zexabiso ezinokusususwa zezi zilandelayo:

(a) zonke iimpahla zexabiso zine-bha khowudi, ziphawulwe ngokuthi “RSA” yaye zibhaliwe kwiingxelo zoluhlu lwezinto ezikhoyo
(b) zonke iimpahla zexabiso zibonisiwe kwirejista yeempahla zexabiso ezinokusususwa kuzo zonke iindidi zeempahla zexabiso eziboniswe nguNondyebo yaye zinikwe iinombolo ezizodwa (iibha khowudi)
(c) ooManejala bamaZiko eeNdleko banoxanduva lokulondoloza iimpahla zexabiso eziphantsi kwabo
(d) zonke iimpahla zexabiso ezinokusususwa ibhalwe kuluhlu lwezinto ezikhoyo ngokweziko lendleko nendawo. Uluhlu lwezinot ezikhoyo luqinisekiswe njengoluchanekileyo ngooManejala bamaZiko eeNdleko. Luthi le uluhlu lwezinto ezikhoyo lugcinwe kwindawo esekuhleni kwindawo nganye ezikuyo.

Izikolo

Kugqitywe kwelokuba kwenziwe intlawulo kwizikolo ngokutsho kweziKhokelo zikaNondyebo ukuze izikolo zibe nakho ukuzithengela ezazo izixhobo kubanikezeli ngeenkonzo ekwenziwe izivumewano nabo. Yonke impahla ethengiweyo yezikolo yacinywa kwiRejista yeeMpahla zeXabiso iLOGIS njengoko, ngokomthetho i-South African Schools Act, 1996 (uMthetho No. 84 ka-1996), kuthathwa ngokuba yimpahla ekuluhlu lwempahla yezikolo. Kuya kufuneka ke ngoko, ukuba izikolo zinike ingxelo ngezi zinto zikolu luhlu kwiingxelo zazo zemali zonyaka. IRejista yeeMpahla zeXabiso i-LOGIS ibonisa kuphela uluhlu lwezinto ezikhoyo kwi-Ofisi eliKomkhulu ye-WCED kwakunye nezithili namaziko azo onikezelo ngeenkonzo ngokwahlukana kwazo.

Izicwangciso ngokubhekisele kwiimpahla zexabiso ezinokusususwa, ezifana nezithuthi

Ukunikezelwa, ukurhoxiswa nokutshintshwa kwezithuthi ezidala kunye/okanye ezonakeleyo ezikwiGaraji kaRhulumente (GG) kulawulwa liSebe leZothutho lePhondo (iZithuthi zikaRhulumente). Bakwajongana nokukhutshwa kweelayisenisi zezithuthi, ukulungiswa nokugalelwa kwamafutha ezithuthi, ngokunjalo nokugcinwa kwerejista yeempahla zexabiso kwiinkcukacha ezikwiNkqubo yeZithuthi. Bakwaqulunqa umgaqo-nkqubo wephondo ngokuphathelele ekusetyenzisweni kwezithuthi ze-GG. I-WCED iqinisekisa ukuba lo mgaqo-nkqubo wephondo uyathotyelwa. Kananjalo igcina irejista yezithuthi ezisetyenziswa yi-WCED, ibek' esweni ukusetyenziswa kwezithuthi ngamaxwebhu ekubhalwa kuwo iinkcukacha zezithuthi ezihambileyo kwaye iqinisekisa ukuba izithuthi zikulungele ukuhamba endleleni yaye zilungiswa ngokufanelekileyo. Izithuthi ezikhoyo ngoku, zincediswa sisibonelelo sezithuthi athe ancediswa ngemali kuzo amagosa ekufanelekileyo ukuba kwenziwe oko kuw, ziyakhawulelana neemfuno zangoku ze-WCED. Ilungiselelo lokuncedisa ngemali ekuthengeni izithuthi liye larhoxiswa ngeSetyhula No. 179/2003 yomhla we-10 kuSeptemba 2003, njengoko kwafumanisa ukuba kuziindleko ngaphezu kwezithuthi zikarhulumente.

ICandelo C: Iithagethi Zekota neZonyaka

ICandelo C yesi siCwangciso seNtsebenzo koMsebenzi saMinyaka Le sandlala iithagethi zekota nezonyaka zesilinganiso sokwenziwa komsebenzi sowe-2008/09

Iprogram/Iprogramana /Imilinganiselo yeNtsebenzo	Ithagethi ka- 2008/09 ngokwe-APP	Ikota 1 Isiphumo esicwangciseki-leyo	Ikota 2 Isiphumo esicwangciseki-leyo	Ikota 3 Isiphumo esicwangcise-kileyo	Ikota 4 Isiphumo esicwangciseki-leyo
IMILANGANISELO YENTSEBENZO YEEPROGRAM					
(Elungiselelweyo*: Ekazwelonke kanye)*					
IZIPHUMO ZOKOTA					
Iprogram 1: Ulawulo					
PM101: Ipesenti yezikolo eziyisebenzisayo iNkqubo yoLawulo nokuPhathwa kweZikolo	1 455 of 1 455	1 452	1 452	1 452	1 455
PM102: Ipesenti yezikolo ezinako ukuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (i-meiyile) isebe eli	1 455 of 1 455	1 440	1 445	1 450	1 455
Iprogram 2: Izikolo zikaRhulumente Eziqhelekileyo					
PM201: Ipesenti yeentsuku zokufunda zokukhutshwa kwesondlo sabafundi PM204: Ipesenti yezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezinawo umbane	39 950 000	10 340 000	10 045 000	8 695 000	9 870 000
PM203: Ipesenti yezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezinawo amanzi	1 455 of 1 455	1 452	1 452	1 452	1 455
PM205: Ipesenti yezikolo ezinenani elaneleyo lezindlu zangasese ezisebenzayo	714 of 1 455	696	702	708	714
Iprogram 3: Iinkxaso-mali zeZikolo eZizimeleyo					
PM301: Ipesenti yezikolo zabucala ezixhaswa ngemali ngeenjongo zokubekw'esweni	45 of 89	12	12	9	12

Iprogram/Iprogramana /Imilinganiselo yeNtsebenzo	Ithagethi ka- 2008/09 ngokwe-APP	Ikota 1 Isiphumo esicwangciseki-leyo	Ikota 2 Isiphumo esicwangciseki-leyo	Ikota 3 Isiphumo esicwangcise-kileyo	Ikota 4 Isiphumo esicwangciseki-leyo
IMILINGNISELO YONYAKA					
Icandelo lemfuindo kwiPhondo					
PM001: Ipesenti yabantwana abakwiminyaka ekunyanzelekileyo ukuba bafunde abasafundayo	618 767				618 767
PM002: Ipesenti yolutsha olungaphaya kweminyaka yobudala ekunyanzelekileyo ukuba bafunde abasafunda nabakwamanye amaziko emfundo	212 986				212 986
PM004: Iminyaka yegalelo ngomfundi ngamnye ogqiba i-FETC	Awakho				Awakho
PM005: Umyinge welona Bakala liphezulu kufikelelwa kulo ngabantu abadala ekuhlaleni	9.5				9.5
PM006: Amazinga okufunda kwabantu abadala	95.7%				95.7%
Iprogram 1: Ulawulo					
PM103: Ipesenti yamabhinqa amanyama akwizikhundla zolawulo	16 of 52				16 of 52
PM104: Ipesenti yenkcitho-mali ekhoyo eya kwizinto ezingezizo ezabasebenzi	23.6%				23.6%
Programme 2: Imfundo kwisikolo sikaRhulumente esiQhelekileyo					
PM003: Inkcitho-mali karhulumente kwabona bafundi bahluphekileyo ngepesenti yenkcitho yezikolo kwabona bafundi abangahluphekanga	102,9%				102,9%
PM202: Ipesenti yabafundi kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo abaneemfuno ezizodwa	14 200				14 200
PM204: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezombane	1 455 of 1 455				1 455 of 1 455
PM206: Inkcitho-mali kumsebenzi wolondolozo ngokomyinge wexabiso lezixhobo zesikolo	0.3%				0.3%
PM207: Ipesenti yezikolo ezinabafundi abangaphezu kwama-40 kwiklasi nganye	0				0
PM208: pesenti yezikolo ezingekho kwiCandelo 21 ezinazo zonke ii-LTSM nezinye izixhobo eziyimfuneko kwangosuku lokuqala lokufunda	425				425

Iprogram/Iprogramana /Imilinganiselo yeNtsebenzo	Ithagethi ka-2008/09 ngokwe-APP	Ikota 1 Isiphumo esicwangciseki-leyo	Ikota 2 Isiphumo esicwangciseki-leyo	Ikota 3 Isiphumo esicwangciseki-leyo	Ikota 4 Isiphumo esicwangciseki-leyo
Programme 2: Imfundo kwisikolo sikaRhulumente esiQhelekileyo (zisaqhutywa)					
PM209: Ipesenti yezikolo ezikwiCandelo 21	1 030				1 030
PM210: Ipesenti yeentsuku zokufunda ezilahlekileyo ngenxa yokungaphangeli kootitshala kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo	320 000				320 000
PM211: Ipesenti yeentsuku sokufunda ngenxa yokungabikho kwabafundi esikolweni kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo	Awakho				Awakho
2.1 Izikolo zeprayimari zikarhulumente					
PM212: Umlinganiselo wendlela eziqhuba ngayo ezona zikolo zihluphekileyo xa kuthelekiswa nezona zingahluphekanga ngokubhekisele kwiBanga 3	Ukufunda nokubhala: 0.394 Ukubala: 0.183				Ukufunda nokubhala: 0.394 Ukubala: 0.183
PM213: Amazinga okuphindwa kweBanga 1 ukuya 7	7,8%				7,8%
PM214: Ipesenti yabafundi abakwiBanga 3 abafumene iziphumo ezamkelekileyo kwizibalo nobuchule bokufunda nokubhala	Ukufunda nokubhala : 41 650 Ukubala 28 452				Ukufunda nokubhala : 39 596 Ukubala: 28 452
PM215: Ipesenti yabafundi kwiBanga 6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwisifundo sezibalo, ubuchule bokufunda nokubhala nenzululwazi ngezobugqi	Uvavanyo lwenziwa kuphela qho kwimi-nyaka emibini. Uvavanyo olulandelayo lungo- 2009				Uvavanyo lwenziwa kuphela qho kwimi-nyaka emibini. Uvavanyo olulandelayo lungo- 2009
2.2 Izikolo zeSekondari zikaRhulumente					
PM216: Ipesenti yabafundi ababhinqileyo abenza isifundo sezibalo nobunzululwazi kwibanga 10 ukuya 12	23 813				23 813
PM217: Umlinganiselo wenkqubo yezikolo ezihluphekileyo ngokuphathelele kumazinga empumelelo kwiBanga 12	75%				75%
PM218: Amazinga okuphindwa kweeklasi kwiBanga 8 ukuya kwele-12	18.7%				18.7%
PM219: Umlingeniselo wempumelelo kwiimviwo zeBanga 12	40%				40%

Iprogram/Iprogramana /Imilinganiserlo yeNtsebenzo	Ithagethi ka-2008/09 ngokwe-APP	Ikota 1 Isiphumo esicwangcisi-weyo	Ikota 2 Isiphumo esicwangcisi-weyot	Ikota 3 Isiphumo esicwangcisi-weyot	Ikota 4 Isiphumo esicwangcisi-weyot
2.2 Izikolo zeSekondari zikaRhulumente					
PM220: Umlinganiselo wempumelelo kwiBanga 12 kwizibalo nezobunzululwazi	19%				19%
PM221: Ipesenti yabafundi beBanga 9 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kuzo zonke iinkalo zezifundo	60 639				60 639
Iprogram 4: Izikolo zeMfundo eneeMfuno eZizodwa					
PM401: Ipesenti yabantwana abaneemfuno ezizodwa abakwiminyaka yokufundab ekunyanzelekileyo ukuba bafunde abangabhaliswanga kumaziko emfundo	250 of 4 086				250 of 4 086
Iprogram 5: I-FET					
PM501: Inani labafundi abakwiikholeji ze-FET xa kuthelekiswa nolutsha kweli phondo	5 700 of 270 479				5 700 of 270 479
PM502: Ipesenti yabafundi ababhinqileyo kwezobugcisa	8 500				8 500
PM503: Amazinga okugqiba kwiikholeji ze-FET	72.9%				72.9%
PM504: Ipesenti yabafundi abasiwa kuqeqesho lwemisebenzi abakwiikholeji ze-FET	1 090				1 090
Iprogram 6: ABET					
PM601: Ipesenti yabafundi be-ABET xa kuthelekiswa nabantu abadala kweli phondo	1 400 of 3 060 334				1 400 of 3 060 334
Iprogram 7: Imfundo noPhuhliso lwaBasaqalayo					
PM701: Ipesenti yabafundi abakwiBanga R kwizikolo zikarhulumente ezixhaswa ngemali	63 632				63 632

Iprogram/Iprogramana /Imilinganiserlo yeNtsebenzo	Ithagethi ka-2008/09 ngokwe-APP	Ikota 1 Isiphumo esicwangcisi-weyo	Ikota 2 Isiphumo esicwangcisi-weyot	Ikota 3 Isiphumo esicwangcisi-weyot	Ikota 4 Isiphumo esicwangcisi-weyot
IMILINGANISELO YENTSEBENZO YEEPROGRAM ZEPHONDO					
(Elungiselelweyo: Eyephondo kanye)					
IZIPHUMO ZONYAKA					
Iprogram 5: I-FET					
PPM501: Inani leemali-mboleko zokufunda/iibhasari ezinikwa abafundi kwiikholeji ze-FET.	4 201				4 201
Iprogram 6 I-ABET					
PPM601: Inani labafundi be-ABET ababhaliselwe i-FET	21 845				21 845
Iprogram 7: Uphuhliso neMfundo Yabasaqalayo					
PPM701: Inani lootitshala ababhalisele uQeqesho kwi-ECD (isithwaselo esizeleyo).	3 000				3 000
Iprogram 8: Iinkonzo zeNkxaso neZinxulumene nazo					
8.2 Iiprojekthi zeGranti zeemeko ezithile					
PPM801: IZakhono zoBomi neeNkqubo zeNtsholongwane kaGawulayo/uGawulayo: Ipesenti yonyaka yokuxhaphaka kwentsholongwane kaGawulayo kulutsha oluneminyaka eli-15 ukuya kweli-19 ubudala	5%				5%
8.5 IKapa Elihlumayo					
PPM 802: Ipesenti yezikolo zikarhulumente ubuncinane ezinendawo enye yeekhompyutha ukwenzela ukufundisa nokufunda	1 070				1 070

Ezi nkcukacha-manani azinakubonelelwa ngamaphondo, njengoko idatha i- national systemic evaluation data ingenakho ukuyibonelela le ngcaciso.
Iziphumo zovavanyo ze WCED zizsetyenziswa njengezalathisi.

Isihlomelo A: Imilinganiselo yeNtsebenzo

Kwesi sihlomelo kudweliswe imilinganiselo yentsebenzo (ii-PM) ezingundoqo ezingama-39 ekuvunyelenwe ngayo sisizwe. Kwisingqinisiso ngasinye sokwenziwa komsebenzi, kunikwe inani, inkcazelo emfutshane nenkcazelo ende.

► PM001: Ipesenti yabantwana abakwiminyaka ekunyanzelekileyo ukuba bafunde abasafundayo

Le yipesenti yabantwana abaneminyaka yobudala ekunyanzelekileyo kuyo ukuba sesikolweni abayayo esikolweni okanye kumaziko emfundo. Le milinganiselo yentsebenzo ibonakalisa ukuba afezekiswa kakuhle kangakanani na amalungelo abantwana, njengoko echazwa kuMgaqo-siseko, nokuba zilandelwa kangakanani na izikhokelo zoMthetho oyiSouth African Scools Act.

Ingcaciso:
Kufanele kubekwe umnwe kwinto yokuba ulwazi oluqokelelweyo yisampulu nje, ngoko lunganako ukungagqibeleli. Into ekujoliswe kuyo ngokomgaqo-nkqubo ifanele ngokucacileyo ibe lixabiso eliyi-100% kule PM kwiminyaka yonke. Iimpawu zokuxabiseka eziwa nganeno kolu joliso zifanele zicaciswe kujongwe kwizinto ezahlukeneyo ezibangela ukuba abantwana abakwiminyaka ekunyanzelekileyo ukuba bafundi bangabikho esikolweni. Ingakumbi, abantwana abakhubazekileyo badla ngokungafikeleli kakhulu esikolweni.

Umthombo:
Kwiminyaka ekungenziwanga lubalo lwabemi ulwazi oluqokelelweyo lwe-*Stats SA* UHlolo-luvo Gabalala lwaseziNdlwini (GHS) olusetyenziswa kuloo nyaka ubandakanyekileyo lusetyenziswa njengenani eliphezulu nenani eliphantsi.

► PM002: Ipesenti yolutsha olungaphaya kweminyaka yobudala ekunyanzelekileyo ukuba bafunde abasafunda nabakwamanye amaziko emfundo

Esi siyafana no-PM001, ngaphandle nje kokuba esi sona sibhekisele kubantwana abadalana. Le yipesenti yabantu beli phondo abaneminyaka eli-15 ukuya kweli-17 abahamba nasiphi na isikolttending okanye amanye amaziko emfundo okanye amanye amaziko emfundo. Sibonakalisa ukuba urhulumente nesizwe ngokubanzi baphumelela kangakanani na ukubonelela izikolo ngemfundo engentla kweyamanqanaba asekuqaleni. Nangona uMgaqo-siseko imfundo kule ntanga ungayenzi ilungelo eliphambili, uyamnyanzela urhulumente ukuba enze ngezigaba ukuba imfundo engentla ifumaneke, ifikelelwe lulutsha lwethu.

Ingcaciso:
Njengoko ujoliso lwale PM ikukubonisa indlela aphumelela ngayo urhulumente ekwenzeni ukuba ngokuqhubekekayo imfundo ye-FET ifumaneke, kufanelekile ukuthelekisa iimpawu zangoku nezangaphambili kuze kumiselwe amanani ekujoliswe kuwo kwixa elizayo ngokusekelwe kwizinga langoku lokubhalisa. Kubalulekile ukuqaphela ukuba le PM ayibonisi nokuba abo baneminyaka eli-15 ukuya kweli-17 bakho kusini na kwimfundo yeFET – enyanisweni umntwana one-16 leminyaka ubudala osekwiBanga le-9 naye usaya kubalwa njengosesesikolweni. Ngenxa yokuba ukuya esikolweni akusosi kubafundi abangaphezu kwe-15, kukhuselekile ukucingela ukuba ukunyuka kwenani labane-15 ukuya kwi-17 kwinkqubo yesikolo kuza kuthetha ukunyuka kwenani labafundi abafunda kwi-FET.

Oko kujoliswe kuko ngumgaqo-nkqubo ifanele ibe kukwandiswa kweqela lemiNyaka ethile eli-15 – 17 kweli qela iminyaka ngeminyaka. Iinkalo ezifana nezinga lokuthatha inxaxheba kwabafundi kwimimandla esemaphandleni nabafundi abangamabhinqa kusenokuba nefuthe kule PM.

Kufanele kulunyukwe xa kuthelekiswa iziphumo zeminyaka eyahlukeneyo. Oku kungenxa yezizathu ezibini: Okokuqala kubalulekile ukuqaphela ukuba izibalo ezenziwe ngokoxwebhu luka-2002, kusetyenziswe imithombo eyahlukeneyo yenkcazelo. Ukuthelekisa neminyaka yangaphambili, kucetyiswa ukuba iimpawu zembali zibalwe ngokutsha ngokuvumelana nezi nkcukacha. Okwesibini, kufanele kugxininiswe ukuba le nkcazelo yisampulu, ngoko inganako ukuba neemposiso ezinxulumene nayo. Kufanele kunikelwe ingqalelo kulo mposiso yesampulu xa kusenziwa izigqibo zokuba amaqela eminyaka ethile eli-15 – 17liye lanyuka na okanye lihlile.

Umthombo:
Kwiminyaka ekungenziwanga lubalo lwabemi ulwazi oluqokelelweyo lwe-Stats SA UHlolo-luvo Gabalala lwaseziNdlwini (GHS) olusetyenziswa kuloo nyaka ubandakanyekileyo lusetyenziswa njengenani eliphezulu nenani eliphantsi.

► PM003: Inkcitho-mali karhulumente kwabona bafundi bahluphekileyo ngepesenti yenkcitho yezikolo kwabona bafundi abangahluphekanga

Le yinkcitho karhulumente kubantwana abasesona sahlulo sesihlanu sinye sihluphekileyo njengepesenti yesahlulo sesihlanu esinye esingahluphekanga. Kulaa minyaka yokugqibela yocalu-calulo le pesenti yayifudula iyi-20%. Yinjongo karhulumente ukuyinyusa le pesenti idlule kwi-100% kuwo onke amaphondo. Zininzi izinto ezenza ukuba le pesenti ihle inyuka: ubonelelo olutyekele ngakwabahluphekileyo nemigaqo-nkqubo karhulumente yolwabelo lwezikolo; imisebenzi karhulumente yolwakhiwo lwezikolo (ziyayinyusa ipesenti); inani labantwana abahluphekileyo abangekho sikolweni (into leyo ethetha ukuba akukho nkxaso-mali bayifumanayo); iingxaki zokutsala ootitshala baye kusebenza kwimimandla yasemaphandleni (ezi izinto ziyayithoba ipesenti).

Ingcaciso:
Nakuba urhulumente enemigaqo-nkqubo yokuxhasa ngemali abafundi abahluphekileyo, izinto ezahlukeneyo zisabangela ukuba le PM ibe ngaphantsi kwe-100% kuwo onke amaphondo. Into esinganomdla kuyo, kukunyuka okuthe ngcembe kwamanani ukusuka komnye unyaka ukuya komnye, size ekugqibeleni sibone indlela yenkcitho ejoliswe kwabahluphekileyo eboniswe kwixabiso le-PM ibetha ngaphaya kwe-100%.

Umthombo:
Amanani okubhaliswa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo kwizikolo ze-quintile 1 okanye ze-quintile afumaneka kumanani okubhalisa e-EMIS njengoko ebalwa kuHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka le okanye kuHlolo-luvo olungaLungiselelwanga.

Amanani enkcitho yabasebenzi afumaneka kwi-PERSAL, ngelixa inkcitho ye-NPNC kufanele kube lula ngokwentelekiso ukuyifumana ukuba ii-PED ziye zaqinisekisa ukuba zonke izikolo zitshintshele kumaziko eendleko. Ii-PED kufuneka zifake ingxelo nge-CAPEX ngokuvumelana ne-DORA yaye ke ngoku le nkcazelo ifanele ifumaneke lula kolu hlolisiso. Inkcitho ye-CAPEX kwizikolo ze-quintile 1 neze-quintile 5 isenokuthi ngandlel' ithile kube lucelo-mngeni ukuyifumana kwimithombo eyahlukeneyo yamaphondo njengoko kusenokuba kwakukho iingxaki ngaphambili ekunxibelelaniseni inkcazelo kuluhlu lwezikhokelo lwezikolo (kwezo imeko ye-quintile ithe yabhalwa).

► PM004: Iminyaka yegalelo ngomfundi ngamnye ogqiba i-FETC

Le ke yiminyaka yokuya esikolweni achithela kuyo urhulumente ngenjongo yokuba enze umfundi ngamnye wakwaGrade 12 okanye welinye ibanga elilingana neli, agqibe ukufunda. Ngenxa yokuba abafundi bayawaphinda amabanga nangenxa yokuba abanye abafundi bayaphuma esikolweni bengekayi kufika kwaGrade 12, inani leminyaka liyakholisa ukuba ngaphezulu kune-12. Kambe ke, ngokuligcina inani leminyaka isezantsi kangangoko, urhulumente angakwazi ukuba ukuthi kratya ngokubonelela ngemfundo esemgangathweni kubantu abathe kratya. Ingcaciso:

Qaphela ukuba le ndlela yokubala iminyaka ngokomfundi ophumelele iFETC ayifani nendlela eqhelekileyo yokuyibala. Ukuba oku bekuza kubalwa ngendlela eqhelekileyo, bekuza kufuneka inkcazelo eninzi yethuba ubuncinane leminyaka eli-12 nenikela iinkcukacha zenani lokwenene labo bagqibileyo, abayeke esithubnei nabaphinde iklasi. Le fomula enikelwe apha sisisombululo sokuvumelana ukuze kulungiswe umva wokungafumaneki kwenkcazelo yembali. Kucingelwa ukuba njengoko iinkqubo ze-EMIS zintsonkotha ngakumbi kuhlobo lwenkcazelo oluyigcinayo, le ndlela yokubala iza kulungiswa ukuze kusetyenziswe inkcazelo yenene yembali.

Le PM ayilawuli ngokwaneleyo ukufuduka kwabafundi phakathi kwamaphondo. Ukuba umfundi ufuduka esuka kwelinye iphondo esiya kwelinye oku kuza kuboniswa ngokungathi umfundi uphumile kwinkqubo yemfundo, yaye ngenxa yoko, inani leminyaka yegalelo liza kuthanda ukunyuka. Oku kuyingxaki ngokukodwa kwamanye amaphondo asemaphandleni athi aphulukane nabafundi abaya eGauteng naseNtshona Koloni.

UHlolo-luvo Gabalala lwaseziNdlwini alukuvumeli ukwahlukanisa kakuhle phakathi kwabafundi ababhaliswe kwibanga lokuqala nebanga elandulela elokuqala. Kuzo zombini ezi meko esona siqinisekiso somfundi siza kubhalwa ngokuthi 0. Ngeenjongo zesi salathisi, bonke abafundi ababonisa ukuba basesikolweni yaye bengenasiqinisekiso sithethanje bathathwa ngokuba bakwibanga loku-1.

Umthombo:
Akukho mthombo wolwazi oluqokelelweyo ofumanekayo sithethanje.

► PM005: Umyinge welona banga liphezulu kufikelelwa kulo ngabantu abadala ekuhlaleni
Elonani liphezulu linokufikelelwa kwesi Singqinisiso Sokwenziwa Komsebenzi li-12. Bekuya kuba nje ukuba ngaba bonke abantu bebemgqibile uGrade 12. Njengokuba abantu besiya befunda ngokufunda nje, ixabiso lesi Singqinisiso Sokwenziwa Komsebenzi lifanele kunyuka. Kufuneka silindele ukunyuka okuthe chu, njengoko kuthatha iminyaka emininzi ukuba sesikolweni nakwi-ABET kungade kwenze inguqu kumanqanaba emfundo afikelelwayo ngabantu abadala ngokubanzi.

Ingcaciso:
Le PM ijolise ekuboniseni, ngokomyinge, indlela abaphumelela ngayo abantu abadala ukugqiba uqeqesho esikolweni ngelixa kucingelwa nefuthe elibi lamazinga okuphindwa kweklasi. Amanani asenokubakho aphakathi ko-0 (elibonisa ukuba abantu abadala abafundanga tu) ne-12 (elibonisa ukuba abantu abadala baseziqinisekiso zeBanga le-12 okanye ngaphezulu). Into ojolise kuyo umgaqo-nkqubo ifanele ibe kukusondela kwisiphumo se-12, nto leyo ingabonisa ukuba bonke abantu abadala ubuncinane baligqibile iBanga le-12 okanye esinye isiqinisekiso esilingana nalo.

Amaphondo anabantu abaninzi abadala abaneziqinisekiso zemfundo ephakamileyo (ngamany' amazwi, amaphondo apho abantu abaninzi beligqibile ibanga le-12) aza kuba namanqaku angaphezulu kwaloo maphondo anabantu abambalwa abaphumeleleyo kwimfundo ephakamileyo. Ngenxa yoko kusenokwenzeka nokuba inkqubela kwesi salathisi iza kuba kucothoza gqitha ukusuka komnye unyaka ukuya komnye yaye ukuthelekiswa kwamaphondo kuza kuxabiseka ngaphezu kokuthelekisa iminyaka.

Ifanele igxininiswe into olu lwazi yisampulu yolwazi, ngoko isenokuba nayo imposiso enxulumene nayo. Ifanele iqwalaselwe nemposiso yesampulu xa kuthelekiswa iziphumo zamaphondo ahlukeneyo okanye iminyaka eyahlukeneyo.

Umthombo:
Ngeminyaka ekungenziwanga lubalo lwabemi, ulwazi lwenani eliphezulu nenani eliphantsi lusekelwe kwisampulu yolwazi efunyenwe kuHlolo-luvo Gabalala lwaseziNdlwini olwenziwe yi-Stats SA.

► PM006: Amazinga okufunda kwabantu abadala
Le yipesenti yabantu abadala abakwaziyo kufunda nokubhala, phaya kumanqanaba emfundo yasekuqaleni. UMgaqo-siseko wethu uyaliqinisekisa ilungelo lemfundo yamanqanaba asekuqaleni labo bantu babefudula bevinjwe amathuba emfundo ngaphambili.

Ngenxa yamalungelo oluntu nangenxa yophuhliso loqoqosho, esi Singqinisiso Sokwenziwa Komsebenzi sibaluleke kakhulukurhulumente. Injongo yethu kukuba izinga lemfundo yabantu abadala liye kufika kwi-100%.

Ingcaciso:
Izinga lokufunda lamaphondo ahlukeneyo liqalela phakathi kwama-70% nama-90%. Njengoko iyinjongo lesebe lezemfundo ukunyusa izinga lokufunda kwabantu abadala liye kwi-100%, into ojolise kuyo umgaqo-nkqubo kukufikelela kwi-100%.

Umthombo:
Ngeminyaka ekungenziwanga lubalo lwabemi, ulwazi oluqokelelweyo lusekelwe kwisampulu yolwazi lohlolo-luvo lwasezindlwini olwenziwe yi-Stats SA okanye uqikelelo lwabemi olukhutshwe yi-DOE.

► PM101: Ipesenti yezikolo eziyisebenzisayo iNkqubo yoLawulo nokuPhathwa kweZikolo
Le nkqubo kuthiwa yiSchool Administration and Management System (SAMS) yinkqubo esebenza ngekhompuyutha eyaqulunqwa kwinqanaba lesizwe, khona ukuze izikolo zikwazi ukuzisebenzisa ngempumelelo iinkcukacha malunga nabafundi bazo, abasebenzi bazo, izibonelelo zazo kunye nezimali zazo. Xa linokuya liba likhulu inani lezikolo ezine-SAMS, zingaba bhetele neenkonzo esinokuzilindela ezikolweni.

Ingcaciso:
Ukwamkelwa kobugcisa bolwazi kube nefuthe ekwamkelweni kwe-SAMS. Iphondo ngalinye lifanele liqwalasele indlela eliqhuba ngayo ngoku xa kuthelekiswa nendlela ebeliqhuba ngayo ngaphambili lize lizimisele into elijolise kuyo kwixesha elizayo ngokusekelwe kulindelo olusengqiqweni.

Umthombo:
Iingxelo ze-SA-SAMS zesikolo esibandakanyekileyo.

► PM102: Ipesenti yezikolo ezinako ukuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (i-meiyile) isebe eli
Uqhagamshelwano ne-imeyili lunceda izikolo ekunxibelelaneni neSebe eli ngokukhawuleza xa kukho ingxaki elifanele kuyiqwalasela iSebe eli. Olu hlobo loqhagamshelwano lukwenza neSebe eli likhawuleze ukuqhagamshelana ngeendleko eziphantsi malunga neenkcukacha eziphathelele kwiinguqu kumgaqo-nkqubo, ngeeprowujekthi eziqhubayo nangeesetyhula zesiqhelo nje.Yinjongo karhulumente ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zinalo uqhagamshelwano lwwekhompyutha.

Ingcaciso:
Into ekujoliswe kuyo ngesi salathisi ifanele isondele kangangoko kunokwenzeka kwi-100%, nakuba izinto ezahlukeneyo ezingaphaya kwamandla ee-PED esenokuba nefuthe elithile koku (umz. izikolo zisenokuba zinazo izixhobo namandla okusebenzisa iindlela zoqhagamshelwano ze-elektroniki kodwa sekunjalo zikhethe ukuqhube umsebenzi wazo ngefoni okanye ngefeksi). Izinga eliphantsi loku kwamkelwa lifanele lilindeleke kumaphondo anezikolo ezininzi ezisemaphandleni njengoko ngokuqhelekileyo kufuneka uqale ube nomnxeba ozinzileyo ngaphambi kokuba ube ne-imeyili.

Umthombo:
UHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka le lunikela inkcazelo malunga nenani lezikolo ezisebenzisa i-imeyil ukwenzela iinjongo zolawulo. Nge-ASS ka-2003 oku kwakubuzwe kumbuzo 6.10 kwicandelo loLawulo. Njengenye indlela yokuhlola icandelo le-IT linokuthumela i-imeyili yovavanyo kuzo zonke ii-adresi ezidweliswe kwi-ASS lize lihlole ukuba zingaphi na kwezi adresi ezisebenzayo kanye kanye. Ukuba likhulu izinga lokuphumeli kwemiyalezo ngoko ii-PED zifanele zithethe ngoku kwingcaciso yazo yexabiso le-PM.

► PM103: Ipesenti yamabhinqa amanyama akwizikhundla zolawulo
Le yipesenti yamabhinqa amnyama akwizikhundla zolawulo yaye sisalathisi sobulungisa. Nangona ubulungisa basemsebenzini bunabela kwiinkalo ezininzi, ukuba kwizikhundla zolawulo kwamabhinqa amnyama kubalulekile ekuqaqambiseni inkqubela ngakwicala lobulungisa basemsebenzini kuMasebe ezeMfundo ePhondo.

Ingcaciso:
Ngokutsho koqikelelo lwabemi lwaphakathi enyakeni luka-2004 olwenziwa yi-Stats SA amabhinqa enza malunga nama-52% abemi boMzantsi Afrika yaye amabhinqa amnyama enza malunga nama-48% abemi boMzantsi Afrika. Kodwa ipesenti yamabhinqa amnyama akwizikhundla eziphezulu zokulawula ingaphantsi lee kwama-48%. Oku kuxhalabisa ngokukodwa xa umntu ecinga into yokuba amabhinqa amnyama ngemveli ebefikelela kakhulu emfundweni njengendlela enokukhethwa yomsebenzi ukanti akamelwanga ngokwaneleyo kwizikhundla eziphezulu. Into ekujoliswe kuyo ngale PM ifanele ibe kukuba (ubuncinane) kubekho umelo lwamabhinqa amnyama phakathi kwabaphathi abaphezulu njengoko befumaneka kubemi ngokubanzi kwelo phondo.

Umthombo:
Yi-PERSAL

► PM104: Ipesenti yenkcitho-mali ekhoyo eya kwizinto ezingezizo ezabasebenzi
Le yipesenti yenkcitho emfundweni, engaphandle kwenkcitho kwizibonelelo ezilulwakhiwo (imali yenkcitho engeyoyabasebenzi), eya kwizinto ezifana neencwadi, izinto zokubhala nokubhalela nakuthutho lwabafundi. Inika isalathisi sokuba abafundisi-ntsapho banezixhobo ezaneleyo kusini na zokwenza imisebenzi yabo.

Ingcaciso:
Kulindeleke amaxabiso asukela kwi-10% - 20%. Ixabiso elingaphantsi koku libonisa ukuba abasebenzi mhlawumbi abanazo izixhobo eziyimfuneko zokwenza umsebenzi wabo. Kungcono ukuqwalasela iimeko zeli xabiso kujongwe amanani afanayo enkcitho kwixesha elidluleyo neenkqubo zemigaqo-nkqubo ethile ezingatshintsha ukujoliswa kwexesha elizayo kwezixhobo zokufundisa.

Umthombo:
Ingxelo yohlahlo lwabiwo-mali lwePhondo neengxelo zonyaka

► PM201: Ipesenti yeentsuku zokufunda zokukhutshwa kwesondlo sabafundi
Eli linani lezidlo zasemini eziye zabonelelwa ngazo izikolo kwiphulo lesondlo likarhulumente, lahlulwe ngazo zonke iintsuku zabafundi zesikolo enyakeni (usuku lomfundi lwesikolo loluya suku ngalunye aluyayo esikolweni umfundi). Ipesenti iyenyuka xa iphulo lesondlo lithatha abafundi abaninzi okanye xa umfundi ngamnye efumana izidlo zasemini ezithe kratya enyakeni. Elona nani liphezulu linokufikelelwa yi-100%. Singalindela ipesenti ephezulu kuloo maphondo anamanqanaba entlupheko aphezulu kakhulu.

Ingcaciso:
Le PM ifanele icaciswe ngenyameko njengoko iqwalasela inqanaba lentlupheko kwiphondo nendlela elisabela ngayo isebe lemfundo. Ukuba le pesenti iphantsi, loo nto isenokuthetha ukuba kufuneka inkxaso ephantsi ye-NSNP ngenxa yokuba bembalwa abafundi abahluphekayo kweli phondo xa kuthelekiswa namanye amaphondo, okanye kuthethe ukuba iphondo alikasabeli kakuhle (ngokwenani labantwana elifikelela kubo okanye iinani leentsuku zesikolo esebenza ngazo le projekthi) kule ngxaki. Ngoko ke kundululwa ukuba le PM itolikwe kunye nenkcazelo ekumanani entlupheko ePhondo umz. Ii-quintile 1 neyesi-2 zeSizwe. Ukuba kuthiwa ngama-50% abemi beli phondo abahluphekayo ibe iziintsuku zabafundi ezingama-40% kuphela ekhutshwa ngazo, oku kuthetha uukba ii-PED kufuneka zibhinqe omfutshane kwimpendulo yazo yokuphelisa intlupheko.

Umntu osebenzisa le ngxelo ufanele alunyukiswe angasebenzisi esi salathisi njengendlela yokulinganisa amanqanaba entlupheko njengoko kudla ngokwenziwa kuncwadi lwamazwe ngamazwe. Amanani abafundi abafumana “iilantshi zasimahla” adla ngokusetyenziswa ukubona ukuba bangaphi na abafundi abahluphekayo, kodwa njengoko le PM ikwaqwalasela nendlela elisabela ngayo iphondo kolu celo-mngeni, oku akufanelekanga.

Le pesenti iyenyuka xa abafundi abaninzi bexhamla kule nkqubo yesondlo, okanye xa umfundi ngamnye efumana iilantshi ezininzi ngonyaka omnye. Elona nani likhulu linokubakho li-100%. Singalindela ukuba ipesenti ibe phezulu kuloo maphondo anamanqanaba amakhulu entlupheko.

Umthombo:
UHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka le lunombuzo malunga nenani labafundi abafumana inkxaso phantsi kwe-NSNP. Okwangoku aluqokeleli nkcazelo malunga nenani leentsuku ekhutshwa ngazo le nkxaso kwisikolo ngasinye kodwa kungasetyenziswa neminye imiThombo yoLwazi yePhondo koku.

Iinkcukacha-manani zesondlo sasesikolweni zichazwe kwizicangca zeenkcukacha-manani yaye zibonisa inani labafundi abaxhamla kule nkqubo kwakunye nomyinge wenani leentsuku ekhutshwa ngazo le nkxaso yesondlo. Ngekukuhle ukuba kungasetyenziswa inani lokoqobo leentsuku zesikolo ekhutshwa ngaso le nkxaso. Ukuba la akafumaneki kunokuthi ke kusetyenziswe umyinge weentsuku zesikolo le nkxaso eyayicwangciselwe zona (ngokwe-DORA).

► PM202: Ipesenti yabafundi kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo abaneemfuno ezizodwa
Le yipesenti yabafundi kwizikolo zikarhulumente ezizodwa. Ngaphambili phaya aba bafundi babefudula beneengxaki zokufikelela kwiziko zikarhulumente zesiqhelo nangona ngokomgaqo-nkqubo karhulumente wemfundo ebandakanyayo, kufanele ukuba kuthathwe amanyathelo okwenza ukuba abafundi abaneemfuno ezizodwa bakwazi ukufikelela.

Ingcaciso:
Injongo yale PM kukulandela umkhondo wendlela urhulumente aqhuba ngayo ekuqukeni abafundi be-LSEN kwimfundo ngokubanzi nokuqonda inqanaba lohlengahlengiso elifunekayo kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo ukuze kungeniswe abafundi be-LSEN. Ukuba ipesenti esezantsi gqitha yabafundi be-LSEN xa kuthelekiswa nabantu abakhubazekileyo kweli phondo ikwizikolo zikarhulumente zesiqhelo, ngoko oku kubonisa ukuba kusafanele kwenziwe umsebenzi omninzi ukuze kuqinisekiswe ukuba abafundi be-LSEN bayafikelela kwimfundo, ngokukodwa ukuba inani lezikolo ezizodwa kweli phondo lincinane. Ipesenti ephantsi yabafundi be-LSEN ingabangelwa nayinyaniso yokuba izikolo ezininzi azinalo uvakalelo olwaneleyo lokuchonga nokusebenzelana nabafundi be-LSEN yaye ke ngoko azibabiki abafundi be-LSEN kuHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka le. Ukuba kuqukwa ipesenti ephezulu gqitha yabafundi be-LSEN xa kuthelekiswa nabemi besikolo xa bebonke, oku kuza kuba nefuthe xa kusenziwa izicwangciso zezixhobo zokufundisa zezi zikolo.

Umthombo:
Ulwazi oluqokelelweyo lwe-EMIS Annual Survey of Schools olusebenza kunyaka obandakanyekayo.

► PM203: Ipesenti yezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezinawo amanzi
Le yipesenti yezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezinawo amanzi acocekileyo nouba ngawaluphi na uhlobo. Ngenxa yeemeko zempilo nezinye kubalulekile ukuba izikolo zibe nawo amanzi acocekileyo emasangweni.

Ingcaciso:
Into ojolise kuyo umgaqo-nkqubo ifanele ibe li-100% kule PM. Amanani awa nganeno kweli nani afanele acaciswe ngokubhekisele kumanqanaba obukho bemimandla yeedolophu kwiphondo. Kulindeleke ukuba amaphondo anezikolo ezininzi ezisemaphandleni kungenzeka abe nemingeni emikhulu ngakumbi ngokuphathelele ukubonelela ngamanzi.

Umthombo:
Ulwazi oluqokelelweyo lwe-EMIS Annual Survey of Schools olusebenza kunyaka obandakanyekayo. Kungokunje maninzi amaphulo aqhubekayo okuphucula iinkqubo zenkcazelo efumanekayo ukuze kufikelelwe uhanjiso lweenkonzo lwezinto zokusetyenziswa ezikolweni. Ukuba eminye imithombo enokuthenjwa yolwazi iyafumaneka, ii-PED zifanele zenze uphando ngezi ukuze zizisebenzise.

► PM204: Ipesenti yezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezinawo umbane
Le yipesenti yezikolo zikarhulumente zesiqhelo ezinawo umbane.Umbane ubaluleke kakhulu ekusetyenzisweni kwetheknoloji yale mihla ethi iluphucule ulawulo, ukufundisa nokufunda ezikolweni.

Ingcaciso:
Into ojolise kuyo umgaqo-nkqubo ifanele ibe li-100% kule PM. Amanani awa nganeno kweli nani afanele acaciswe ngokubhekisele kumanqanaba obukho bemimandla yeedolophu kwiphondo. Kulindeleke ukuba amaphondo anezikolo ezininzi ezisemaphandleni kungenzeka abe nemingeni emikhulu ngakumbi ngokuphathelele ukubonelela.

Umthombo:
Ulwazi oluqokelelweyo lwe-EMIS Annual Survey of Schools olusebenza kunyaka obandakanyekayo.

► PM205: Ipesenti yezikolo ezinenani elaneleyo lezindlu zangasese ezisebenzayo
Eli linani lezikolo ezinazo ubuncinane izindlu zangasese eziyi-1.5 ezisebenzayo ngegumbi lokufundela ngalinye okanye indlu yangasese e-1 kubafundi abangama-20 ngokutsho kwemimiselo yokwakha. Ngenxa yeemeko zempilo nezinye izizathu
zokuhamba isikolo, kubalulekile ukuba izikolo mazifikelele lo mmiselo mncinane wazo zonke izikolo.

Ingcaciso:
Kufanele kujoliswe kwi-100%. Nakuba amaphulo ophuhliso lwezinto zokusetyenziswa ezikolweni xa kungoku esebenza nzima ukuze ashenxise intsilelo yezinto zokusetyenziswa kungenzeka ukuba ii-PED zingakwazi ukukufikelela oku kangangethuba elide elisezayo. Eli nani lifanele licaciswe lithelekiswa namanani eminyaka yangaphambili kuze kusekwe izinto ekujoliswe kuzo ngokusekelwe kwiinkqubo zohanjiso lweenkozno zezinto ezisetyenziswayo.

Umthombo:
Inani lilonke lezindlu zangasese neendawo zokuchitha amanzi kwakunye nenani lilonke lezindlu zangasese neendawo zokuchitha amanzi ezingasebenziyo afumaneka kwicandelo lococeko loHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka le. Inani lilonke lamagumbi okufundela asetyenziselwa ukufundisa okanye inani lilonke labafundi kwisikolo ngasinye nalo liyafumaneka kuHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka le.

► PM206: Inkcitho-mali kumsebenzi wolondolozo ngokomyinge wexabiso lezixhobo zesikolo
Esi salathisi sibonisa ukuba ingakanani na ipesenti yohlahlo lwabiwo-mali esetyenziswa ekulungiseni izakhiwo nezinto zokusebenza ezikhoyo. Kubalulekile ukuba izakhiwo nezinto zokusebenza ezikhoyo ezikolweni mazilondolozwe ngokufanelekileyo, khona ukuze zikwazi ukusebenza ngokupheleleyo, kucuthwe imfuneko yokuthenga ngokutsha. Umgaqo-nkqubo uthi inkcitho ngonyaka kulondolozo lwezibonelelo kufuneka ubuncinane ibe yi-1.5% yexabiso lezo zibonelelo.

Ingcaciso:
Into ekujoliswe kuyo ifanele ibe phakathi kwe-1.5% ne-2%. Ukuba le PM ingaphezu kwe-2%, kuchithwa imali eninzi gqitha ekulungiseni mali leyo ibinokuchithwa kwezinye iimfuno zemfundo kuquka ukwakha izikolo ezitsha. Ukuba le PM ingaphantsi kwe-1.5% kubonisa ukuba kukho ukungalungiswa kwezinto okuqhubekayo yaye izinto zokusetyenziswa ziza kuthi gqolo zisonakala zide zibe kwimeko emaxongo kakhulu.

Umthombo:
Amanani enkcitho yokulungisa agcinwe ngamasebe email ee-PED ngokutsho kwegridi ye-SCOA yaye ixabiso leempahla zexabiso lithathwe kwi(i)rejista efanelekileyo egcinwa yi-PED okanye liSebe lePhondo leMisebenzi yoLuntu.

► PM207: Ipesenti yezikolo ezinabafundi abangaphezu kwama-40 kwiklasi nganye
Le yipesenti yezikolo ezinomlinganiselo wabafundi ngotitshala ongaphaya kwama-40. Amagumbi okufundela anabafundi abaninzi kakhulu akakulungelanga ukufundisela nokufundela, kwaye ke injongo kukuba le pesenti ithotywe iye ku-0%.

Ingcaciso:
Kufanele kujoliswe ku-0% njengoko ii-PED zingenakuthanda uuba naziphi na izikolo zibe nomlinganiselo wabafundi kutitshala ngamnye ongaphezu kwama-40:1 ekubeni oku kuza kuba nefuthe elibi kumgangatho wemfundo.

Umthombo:
Amanani abafundi namanani ootitshala athathwe kuHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka le.

► PM208: pesenti yezikolo ezingekho kwiCandelo 21 ezinazo zonke ii-LTSM nezinye izixhobo eziyimfuneko kwangosuku lokuqala lokufunda
Le yipesenti yezikolo ezixhomekeke kwiSebe ukuze zithengelwe iincwadi zesikhokelo nezinye ii-LTSM, ezithi zifumane zonke iimpahla ezizilindeleyo ngosuku lokuqala lonyaka wesikolokwangosuku lokuqala lonyaka wesikolo, elona xesha zifike kade ngalo.

Ingcaciso:
Esi salathisi sijoliswe kwi-100%. Ukuba izikolo azifumani zonke ii-LTSM zazo ngexesha kuqalisa unyaka wesikolo, oku kubangela ukuphazamiseka okungeyomfuneko kokufundisa nokufunda. Oku kulixhalabisa kakhulu isebe lemfundo yaye kuza kufuneka kuthathwe inyathelo elikhawulezileyo yi-PED efanelekileyo ukuchonga isizathu sokuhanjiswa kwezinto emva kwexesha nokupheliswa kokulibaziseka okunjalo kwixa elizayo.

Umthombo:
Eyona ASS yakutshanje inikela inkcazelo malunga nokuhanjiswa emva kwexesha kweencwadi zesikhokelo nemeko yokuba isikolo seseCandelo 21. le nkcazelo ihlolwa kuthelekiswa neengxelo ezigcinwe ngabaphathi betyathanga lokuthenga izinto.

► PM209: Ipesenti yezikolo ezikwiCandelo 21

Le yipesenti yezikolo ezinikwe uxanduva lokuzilawula kwezinye iinkalo, ezibandakanya uxanduva lolawulo lwemali ngokwezikhokelo zeCandelo 21 loMthetho oyiSouth African Schools Act. (Oku akunanto yokwenza neenkampani zeCandelo 21.) Kubalulekile ukuba zandiswe izikolo ezikulungeleyo ukuluthatha uxanduva lokuzilawula, ukuze izikolo zikwazi ukukhawulelana ngempumelelo nemiba yasekuhlaleni.

Ingcaciso:

Njengoko kungaba kuhle ukuba zonke izikolo ziziphathele imicimbi yazo, le PM ifanele ijolise kwi-100%. Ukuba indlela eziqhuba ngayo ii-PED iyasilela ukufikelela oku loo nto ibonisa ukuba kuza kufuneka inkxaso ezikolweni ukuze zixhotyiselwe ukuphatha imicimbi yazo.

Umthombo:

Kusetyenziswe uHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka le kule PM.

► PM210: Ipesenti yeentsuku zokufunda ezilahlekileyo ngenxa yokungaphangeli kootitshala kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo

Eli linani leentsuku zokusebenza kwabafundisi-ntsapho ezilahlekileyo eziboniswe njengepesenti yeentsuku zizonke ezikhoyo zokusebenza kwabafundisi-ntsapho. Esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi siqwalasela ukungezi kootitshala esikolweni, ngazo naziphi na izizathu, kungekho titshala unokuthatha indawo yalowo ungaphangelanga. Ukuze izikolo zikwazi ukusebenza ngokufanelekileyo, kubalulekile ukuba abafundi bangahlali bengenazititshala. Injongo kukusigcina ezantsi kangangoko esi singqinisio sokwenziwa komsebenzi.

Ingcaciso:

Ukuba iphezulu ipesenti yeentsuku zokusebenza ezilahlekileyo, liba likhulu nefuthe elibi kumgangatho wemfundo enikelwayo yaye inkulu nemfuneko yokuba iphondo lifumane iindlela ezisebenzayo zokungenelela koku. Amaphondo afanele abe nenjongo yokuzuza amanqaku asondele kakhulu ku-0% kangangoko kunokwenzeka.

Umthombo:

Le PM sithethanje ayinakubalwa ngamaphondo njengoko imithombo yolwazi oluchanekileyo ingenakufumaneka. Kulindeleke ukuba le nkcazelo iza kufunyanwa yi-EMIS isebenzisa uHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka le kwixesha elizayo. IiNqununu zeziKolo zifanele zifanele zibe nenkqubo ezikolweni ezivumela zikwazi ukuqulunqa ngokukhawuleza eli nani minyaka le.

Imithombo ekhoyo yenkcazelo ngokungezi kootitshala emsebenzini (okt. PERSAL) ayifanelekanga njengoko kukho izikhewu ezinkulu ekufakweni kwenkcazelo yekhefu nekungenakwenzeka ukuba zivalwe kwixesha elifutshane. Ukongezelela, i-PERSAL ayinikeli nkcazelo yokuba bangaphi na ootitshala abalovayo yaye kungekho titshala ubabambeleyo esikolweni.

► PM211: Ipesenti yeentsuku sokufunda ngenxa yokungabikho kwabafundi esikolweni kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo

Eli linani leentsuku zabafuthi ezithe zalahleka neziboniswe njengepesenti yeentsuku ezikhoyo zabafundi. Esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi siyafana no-PM210, kodwa ke sona siqwalasela abafundi endaweni yootitshala. Nakuphi na ukungezi komfundi esikolweni kuyaqwalaselwa kwesi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi.

Ingcaciso:

Ukuba iphezulu ipesenti yeentsuku zokufunda ezilahlekileyo, liba likhulu nefuthe elibi kumgangatho wemfundo enikelwayo yaye inkulu nemfuneko yokuba iphondo lifumane iindlela ezisebenzayo zokungenelela koku. Amaphondo afanele abe nenjongo yokuzuza amanqaku asondele kakhulu ku-0% kangangoko kunokwenzeka.

Umthombo:

Sithethanje amaphondo ambalwa akanayo imithombo echanekileyo yolwazi ukuze afake ingxelo ethembekileyo yokulahleka kweentsuku zokufunda. Iindlela zokuqokelela olu lwazi ngokuthembekileyo ziza kuphandwa kwixesha elizayo kunye ne-EMIS.

Le PM sithethanje ayinakubalwa ngamaphondo njengoko imithombo yolwazi oluchanekileyo ingenakufumaneka. Kulindeleke ukuba le nkcazelo iza kufunyanwa yi-EMIS isebenzisa uHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka le kwixesha elizayo. IiNqununu zeziKolo zifanele zifanele zibe nenkqubo ezikolweni ezivumela zikwazi ukuqulunqa ngokukhawuleza eli nani minyaka le.

► PM212: Umlinganiselo wendlela eziqhuba ngayo ezona zikolo zihluphekileyo xa kuthelekiswa nezona zingahluphekanga ngokubhekisele kwiBanga 3

Lo ngumyinge wamanqaku afunyenwe kwiimvavanyo ekufundeni nakwiziBalo kwiBanga lesi-3 ngabafundi bezikolo ezihluphekileyo xa kuthelekiswa nezo zingahluphekanga, ubonakaliswe ngepesenti. Akubalulekanga nje ukuyinyothula intsalela yobuchithi bokungalingani kwabafundi obashiywa ziimini zocalu-calulo. Kukwabalulekile nokuqinisekisa ukuba ukungalingani kweziphumo zabafundi kuyathotywa, khona ukuze abafundi bafumane isiqalo esifanayo ebomini.

Ingcaciso:
Ixabiso elingaphantsi kwe-100% lingabonisa ukuba abafundi kwezona zikolo zihluphekayo babuthathaka kunoogxa babo kwezona zikolo zingahlupheki kakhulu. Nakuba into ojolise kuyo umgaqo-nkqubo kwixesha elide ifanele ibe kukufumana amanqaku e-100% kule PM, iziphumo kulo lonke ihlabathi zibonisa ukuba oku akwenzeki. Uhlalutyo lokuba yekeyeke kwezinto olwaqhutywa kwiziphumo zoVavanyo oluCwangcisiweyo lweBanga lesi-3 neBanga lesi-6 zibonisa ukuba imeko yentlalo noqoqosho inxulumene kakhulu nempumelelo kwezemfundo: ukuba imeko yomfundi yezentlalo noqoqosho iphezulu, umntu angalindela ukuba iziphumo zakhe zibe phezulu yaye okwahlukileyo koku kungayinyaniso ngabafundi abakwimeko yezentlalo noqoqosho ephantsi. Kwanakumazwe alungelelene kakhulu (NjengeJapan ngokomzekelo) kukho ukuqhuba kakubi okuphawuleka kakhulu kwisalamane esingathathi ntweni xa kuthelekiswa neso simi kakuhle. Ngokusekelwe kwiziphumo zeMathematika zeBanga lesi-8 kuhlolo-luvo lwe-TIMSS 2003, eyona quintile ihluphekileyo eJapan yenza malunga nama-85% enqanaba leyona quintile ityebileyo. Inani elifanayo eMzantsi Afrika lalingama-55%, kwaye eChile lalingama-65%. Ngokusekelwe kule nkcazelo, kusenokuba yinto efanelekileyo ngee-PED ukumisela into ekujoliswe kuyo esengqiqweni nefikelelekao xa kuthelekiswa nendlela aqhuba ngayo amanye amazwi aphuhlayo.

Ukuze kufunyanwe amanqaku ali-100%, abona bafundi bahluphekayo kungafuneka baqhube kakuhle njengabona bafundi bahlupheka kancinci – Umz. ukuba umyinge odibeneyo weziphumo zokuFunda nokuBhala kunye neziBalo wabafundi be-quintile 1 ungama-45% yaye ungama-55% kubafundi be-quintile 5, oku kungakhupha iziphumo zama-81% xa usahlula ama-45% ngama-55%.

Ii-PED kufuneka zilumke kwindlela ezimisela ngayo izinto ezijolise kuzo kule PM. Nakuba eyona nto kujoliswe kuyo enqwenelekayo isenokuba li-100%, oku kufanele kuqwalaselwe kuthelekiswa namanqanaba endlela ekuqhutywa ngayo kwii-quintile ezahlukeneyo. Ngokwalo mzekelo uchazwe ngasentla, kungenzeka ukufumana i-100% ukuba umyinge we-quintile 1 uyanyuka uye kuma-55% okanye ukuba umyinge we-quintile 5 uyehla uye kuma-45%. Ngokucacileyo, le meko ichazwe mva ayinqweneleki nakuba ingenza ukuba into ojolise kuyo umgaqo-nkqubo ifezekiswe.

Lwakuba uVavanyo oluCwangcisiweyo luphindwe ngokuthe rhoqo, kulindeleke ukuba indlela yeesampulu nezixhobo zokulinganisa zigcinwe zifana. Ukuba akwenzeki oku, ii-PED azizi kukwazi ukuthelekisa indlela eziqhuba ngayo kwiminyaka eyahlukeneyo.

Umthombo:
Sithethanje akukho lwazi luqokelelweyo olunokubalwa njengomzekelo njengoko ulwazi olukhoyo lungenakunxityelelaniswa noluhlu lwezikolo olusisikhokelo oluqulethe inkcazelo nge-quintile yesikolo. Ii-PED zingakwazi kuphela ukukubala oku zakuba zihlaziyiwe iimfuneko zokuqokelelwa kolwazi.

UVavanyo oluCwangcisiweyo lokugqibela lweBanga lesi-3 lwaqhutywa ngo-2003. Ulwazi oluqokelelweyo lwendlela abaqhuba ngayo abafundi alucalulwa ngokwe-quintile. Enyanisweni, indlela yeesampulu eyayisetyenziswa ayikuvumeli ukucalulwa kweenkcukacha ezimeleyo ngokwephondo nangokwe-quintile.

► PM213: Amazinga okuphindwa kweBanga 1 ukuya 7

Le yipesenti yabafundi abaphinda amabanga abakuwo kwiBanga 1 ukuya ku-7, lahlulwe ngenani labo bonke abafundi ababhaliswe kwiBanga loku-1 ukuya ku-7. Amazinga aphezulu okuphindwa kwamabanga anendleko, kwaye ayingozi ekufundiseni nasekufundeni. Kubalulekile ukuba esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi sigcinwe sisezantsi kangangoko.

Ingcaciso:
Into ekujoliswe kuyo njengezinga lokuphindwa kweklasi okwamkelekileyo ifanele imiselwe ngokuqwalasela imeko yephondo ngalinye. Nakuba izinga lokuphindwa kweklasi elisondele ku-0% lisenokubonisa ukuba inkqubo yemfundo ihamba ngokutyibilikayo, kananjalo oku kusenokuthetha ukuba abafundi abangazifikeleliyo iziphumo ezamkelekileyo abamkelwa kwinkqubo yezemfundo baze bakhethe ukuyeka. Njengoko iBanga loku-1 – 7 ephantsi kwenkqubo yesikolo yonyanzeliso, ukuphakama kwenani labayekayo ukufunda kuze ngenxa yoko libe phantsi inani labaphindayo kuchasene noko kujongwe ukuba kufikelelwe. Izinga lokuphindwa kweklasi elisondele (okanye elingaphezulu) kwi-10% libonisa ukuba inkqubo yemfundo ithwele uxanduva olukhulu ngokubhekisele kumazinga okuphindwa kweklasi yaye kusenokubonisa ukuba kukho imingeni kwinkqubo kwimeko yesikolo enefuthe elibi kumgangatho wemfundo.

Umthombo:
Amanani abaphinda iklasi namanani abafundi kwii-PED afumaneka kuHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka le.

► PM214: Ipesenti yabafundi abakwiBanga 3 abafumene iziphumo ezamkelekileyo kwizibalo nobuchule bokufunda nokubhala

Esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi sisekelwe kwiinkcukacha ezifana nezika-PM212. Sibonakalisa ipesenti yabo bonke abafundi beBanga lesi-3, abathe ngokomyinge, bafumana iziphumo ezamkelekileyo kwiziBalo nasekuFundeni nasekuBhaleni.

Ingcaciso:
Njengoko uVavanyo oluCwangcisiweyo lusekelwe kwisampulu yabafundi, kusenokuphakama imiba yeemposiso zeesampulu nokungathembeki. Akukho mda umiselwe le PM njengoko ungazange khe ubalwe ngaphambili. Kucacile ukuba isiphumo esisondele ku-100% singanqweneleka ekubeni oku kuthetha ukuba ubuncinane abafundi abali-100% banentwana yobuchule kwiinkalo zokuFunda nokuBhala, ukuBala neZakhono zoBomi. Kananjalo qaphela ukuba le PM ifuna ukuba ii-PED zinikele ingxelo yabafundi abafumene iziphumo ezamkelekileyo, nto leyo yahluke ngokupheleleyo kumyinge wepesenti, ezifunyenwe ngabafundi kwiinkalo ezahlukeneyo zezifundo. Ii-PED zifanele ziqwalasele ngenyameko ukuba iinguqu zeesampulu okanye iinguqu zemilinganiselo ziyaphunyezwa ukusuka komnye umjikelo ukuya komnye, njengoko oku kuza kuba nefuthe ekuthelekisweni kweziphumo.

Umthombo:
UVavanyo oluCwangcisiweyo lokugqibela leBanga lesi3 lwapapashwa ngo-2003 kodwa iziphumo sithethanje azifumaneki ukuze zisetyenziswe kwiinkcukacha-manani. Kwixa elizayo, ezi nkcukacha-manani ziza kukhutshwa yi-DOE.

► PM215: Ipesenti yabafundi kwiBanga 6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwisifundo sezibalo, ubuchule bokufunda nokubhala nenzululwazi ngezobugqi

Esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi sibonakalisa ipesenti yabo bonke abafundi beBanga 6 abafumana, ngokomyinge, iziphumo ezamkelekileyo zeMathematika, ukuFunda nokuBhala nakwezeNzululwazi. Siyafana nesingqinisiso esiyi-PM214 ngaphandle kokuba esi sijolise kubafundi beBanga lesi-6 endaweni yeBanga lesi-3 yaye sijolise kwiinkalo zesifundo zeMathematika, ukuFunda nokuBhala (olu lulwimi lokufundisa nolokufunda) kunye neNzululwazi ngezoBugqi.

Ingcaciso:
Njengoko uVavanyo oluCwangcisiweyo lusekelwe kwisampulu yabafundi, kusenokuphakama imiba yeemposiso zeesampulu nokungathembeki. Akukho mda umiselwe le PM njengoko ungazange khe ubalwe ngaphambili. Kucacile ukuba isiphumo esisondele ku-100% singanqweneleka ekubeni oku kuthetha ukuba ubuncinane abafundi abali-100% banentwana yobuchule kwiinkalo zokuFunda nokuBhala, iMathematika neNzululwazi ngezoBugqi. Kananjalo qaphela ukuba le PM ifuna ukuba ii-PED zinikele ingxelo yabafundi abafumene iziphumo ezamkelekileyo, nto leyo yahluke ngokupheleleyo kumyinge wepesenti, ezifunyenwe ngabafundi kwiinkalo ezahlukeneyo zezifundo. Ii-PED zifanele ziqwalasele ngenyameko ukuba iinguqu zeesampulu okanye iinguqu zemilinganiselo ziyaphunyezwa ukusuka komnye umjikelo ukuya komnye, njengoko oku kuza kuba nefuthe ekuthelekisweni kweziphumo.

Umthombo:
UVavanyo oluCwangcisiweyo lokugqibela leBanga lesi-6 lwapapashwa ngo-2005. Kwixa elizayo, ezi nkcukacha-manani ziza kukhutshwa yi-DOE.

► PM216: Ipesenti yabafundi ababhinqileyo abenza isifundo zeZibalo nobunzululwazi kwibanga 10 ukuya 12

Le yipesenti yabafundi abangamantombazana abhalisileyo kwiMathematika nezeNzululwazi kwiBanga 10, 11 no-12. Phambili phaya amantombazana ayefudula esiba mbalwa kwezi zifundo; ngoko ke ukuzithatha kwawo ezi zifundo kubaluleke kakhulu ekubonakaliseni ukuba lukhona ulingano ngokwezini kwicandelo lemfundo ye-FET.

Ingcaciso:

Imele ilindeleke into yokuba asingabo bonke abafundi abangamantombazana abanokuqhubeka nezeNzululwazi neMathematika kwisigaba se-FET. Ngoko ke i-100% ekujoliswe kulo akunakufane kwenzeke ukuba lifezekiswe. Ii-PED zifanele zikhuthazwe ukuba ziphonononge imeko ngokuba nenjongo yokunyusa ipesenti yabafundi abangamantombazana abenza iMathematika nezeNzululwazi ukusuka kunyaka wokuqala ukuya kolandelayo.

Umthombo:

UHlolo-luvo lweziKolo lwamiNyaka luqulethe inkcazelo ngenani labafundi abangamadoda nabangamabhinqa abenza iMathematika nezeNzululwazi kwiBanga 10 – 12, yaye lunikela nesalathisi senani labafundi bebonke kula mabanga. Kufanele kusetyenziswe awona manani akutshanje e-ASS ukwenzela le PM.

► PM217: Umlinganiselo wenkqubo yezikolo ezihluphekileyo ngokuphathelele kumazinga empumelelo kwiBanga 12

Lo ngumyinge wamanqaku eSetifiketi esiPhezulu abafundi beBanga le-12 kwezona zikolo ezihluphekileyo xa kuthelekiswa nomyinge wezo zingahluphekanga, kubonakaliswa ngokwepesenti. Esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi siyafana ke ngoko no-PM212.

Ingcaciso:

Ukuba ixabiso lale PM lingaphantsi kwe-100% oku kubonisa ukuba kusathe gqolo kukho umsantsa kwiziphumo zomgangatho wemfundo kwezona zikolo zizingathathi ntweni. Nakuba kulindelekile ukuba kuza kuqhubeka kukho umsantsa kangangexesha elithile, ukuvaleka komsantsa (njengoko kulinganiswa unyaka nonyaka) kuza kubonisa ukuba imigaqo-nkqubo yokuxhasa ngemali abo bahluphekayo yeSebe leMfundo ineziqhamo. Ukuba umsantsa uyakhula unyaka nonyaka, ii-PED kuza kufuneka zenze isicwangciso-qhinga ngenyameko ukuze ziqinisekise ukuba ezona zinto zinxulumene nomgangatho wemfundo kwezona zikolo zingathathi ntweni ziyalungiswa. Kwakhona jonga ingxoxo malunga nolwalamano phakathi kwemeko yezentlalo noqoqosho nendlela umfundi aqhuba ngayo esikolweni phantsi ko-PM212.

Umthombo:

Uvimba wolwazi weeMviwo zeSatifikethi i esiPhezulu.

► PM218: Amanqanaba okuphindwa kweeklasi kwiBakala 8 ukuya kwele-12

Le yipesenti yabafundi abaphinda bafunde ibanga abakulo kwiBanga lesi-8 ukuya kwele-12, lahlulwe ngabo bonke abafundi ababhalisileyo kwiBanga lesi-8 ukuya kwele-12. izinga eliphakamileyo lokuphindwa kweklasi libangela iindleko, yaye linefuthe elibi ekufundeni nasekufundiseni. Kubalulekile ukuba esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi sibe phantsi kangangoko kunokwenzeka. Siyafana no-PM213, ngaphandle nje kokuba esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi sithetha ngabo bakwiBanga lesi-8 ukuya kwele-12.

Ingcaciso:

Into ekujoliswe kuyo njengezinga lokuphindwa kweklasi okwamkelekileyo ifanele imiselwe ngokuqwalasela imeko yephondo ngalinye. Nakuba izinga lokuphindwa kweklasi elisondele ku-0% lisenokubonisa ukuba inkqubo yemfundo ihamba ngokutyibilikayo, kananjalo oku kusenokuthetha ukuba abafundi abangazifikeleliyo iziphumo ezamkelekileyo abamkelwa kwizikolo zikarhulumente zesiqhelo baze bakhethe ukuyeka. Njengoko iBanga le-10 – 12 engekho phantsi kwenkqubo yesikolo yonyanzeliso, kulindelekile ukuba inani labayekayo ukufunda lingaphakama kuze ngenxa yoko libe phantsi inani labaphindayo. Ngenxa yokuba amabanga aphakame ngakumbi afuna okungakumbi kubafundi malunga nokufikelela iziphumo, asinto ingaqhelekanga ngamazinga okuphindwa kweklasi kwiBanga lesi-Grade 8 – 12 ukuba abe ngaphezu kwe-5%. Izinga lokuphindwa kweklasi elisondele (okanye elingaphezulu) kwi-10% libonisa ukuba inkqubo yemfundo ithwele uxanduva olukhulu ngokubhekisele kumazinga okuphindwa kweklasi yaye kusenokubonisa ukuba kukho imingeni kwinkqubo kwimeko yesikolo enefuthe elibi kumgangatho wemfundo.

Umthombo:
Amanani abaphindayo namanani abafundi kwii-PED afumaneka kwimithombo yolwazi efumanekayo ye-EMIS.

► PM219: Umlingeniselo wempumelelo kwiimviwo zeBanga 12

Eli linani lilonke labaphumelele iSetifiketi esiPhezulu ngonyaka, lahlulwe ngenani labantu abaneminyaka eli-18 ubudala. Eli alifani nezinga lokuphumelela kwiMatriki. Esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi sisinceda sibone ukuba bangakanani na kubantu bonke abangabemi, hayi nje kuphela umyinge wabo bafundi babhalisileyo, abazuza iSetifiketi esiPhezulu.

Ingcaciso:
Ukuzuza ixabiso elingaphantsi kwe-100% akunyanzelekanga ukuba kuthethe into yokuba iSebe leMfundo loyisakele, njengoko kunye nezinye iindlela zokufunda ezifumanekayo kubafundi yaye ke ngoko zinokuba negalelo ekubeni libe phantsi inani labo bathatha inxaxheba kuViwo lweSatifikehi esiPhezulu. Kodwa ke, ii-PED zifanele zizabalazele ukunyusa inani labafundi abathatha inxaxheba abanokuthi ukuba bekungenjalo balahle esithubeni kwinkqubo yemfundo zize zithobe inani labo baphindayo ngelixa benenjongo yokufikelela amazinga aphezulu okuphumelela. Ngoko ke kungcono ukumisela izinto ekujoliswe kuzo kule PM kunikelwa ingqalelo kwimeko yangoku nokunyusa amanani ngokuhamba kwexesha.

Umthombo:
Ingxelo yeemviwo zesatifikethi esiphezulu zonyaka owandulelayo ziyasetyenziswa ukufumana inani eliphantsi. Inani labantu abaneminyaka eli-18 ubudala limiselwa ngoqikelelo lwabemi olukhutshwa yi-DOE.

► PM220: Umlinganiselo wempumelelo kwiBakala 12 kwizibalo nezobunzululwazi

Eli linani lilonke labafundi abaphumelela iMathematika okanye ezeNzululwazi kwiimviwo zeSatifikethi esiPhezulu ngonyaka, lize ke lahlulwe ngenani labantu abaneminyaka eli-18 ubudala. Njengakumlinganiselo wempumelelo uwonke (jonga ku-PM219), esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi sinikela umbono wokuba ikhupha abantu abangakanani na imfundo xa kuthelekiswa namanani oluntu.

Ingcaciso:
Ukuba uphakamile lo mlinganiselo, kokukhona kungcono ukwenziwa komsebenzi kule PM. Ngenxa yokuba abafundi banelungelo lokukhetha ukuba bayayenza na iMathematika nezeNzululwazi kwiBakala le-12, umntu akanakulindela umlinganiselo we-100%. Oku kungabonisa ukuba abantu abaninzi abagqibe ngempumelelo ezeNzululwazi neMathematika bayalingana nabantu abane-18 leminyaka ubudala kweli Phondo. Noko ke, umlinganiselo ophakamileyo ubonisa ukuba inani elaneleyo labafundi liyigqiba ngempumelelo iMathematika kunye / okanye ezeNzululwazi kwinqanaba le-FETI. Umlinganiselo ophantsi uthetha ukuba kuyimfuneko ukuba ii-PED zingenelele ukuze ziqinisekise ukuba kukho izixhobo ezaneleyo zokufundisa (umz. ootitshala abanezakhono, izinto zokufundisa nokufunda ezaneleyo) kweli phondo ukuze kulungiswe olu celo-mngeni.

Umthombo:
Uvimba wolwazi weeMviwo zeSatifikethi i esiPhezulu uqulethe inkcazelo malunga nenani labafundi abaphumelele iiMviso zeSatifikethi esiPhezulu kwezeNzululwazi, iMathematika okanye zombini. Olu lwazi lufumeka kuvimba wolwazi weemviwo yi-DOE isenzela amaPhondo. I-DOE ibonelela ngoqikelelo kwinani labo baneminyaka eli-18 ubudala kweli Phondo.

► PM221: Ipesenti yabafundi beBakala 9 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kuzo zonke iinkalo zezifundo

Esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi sibonakalisa ipesenti yabo bonke abafundi beBakala le-9, abathi ngokomyinge, bafumana iziphumo zemfundo ezamkelekileyo kuzo zonke iinkalo zezifundo zesigaba esiphezulu. Siyafana ne-PM214 ne-PM215 ngaphandle kokuba nje le PM ijolise kubafundi beBakala le-9 kunokuba kujoliswe kubafundi beBakala lesi-3 okanye iBanga lesi-6, yaye sinikela ingqalelo kwimpumelelo kuzo zonke iinkalo zezifundo.

Ingcaciso:
Kuza kunatywa ngakumbi ngayo wakuba umiselwe umthombo wolwazi oluqokelelweyod.

Umthombo:
Nokuba yi-GETC okanye iziphumo zoVavanyo oluCwangcisiweyo lweBakala le-9 zisenokufumaneka kwixa elizayo.

► PM301: Ipesenti yezikolo zabucala ezixhaswa ngemali ngeenjongo zokubekw'esweni

Le yipesenti yezikolo ezizimeleyo ezifumana uncediso-mali lukarhulumente ezithi zityelelwe liSebe eli ngeenjongo zokuza kubeka iliso kumgangatho. Kubalulekile ukuba urhulumente makabeke iliso kumgangatho wemfundo eqhubeka kwizikolo ezizimeleyo, ngakumbi kwezo zifumana uncediso-mali lukarhulumente, aze athathe amanyathelo apho imigangatho ingafikelelwayo.

Ingcaciso:

Amaphondo kufuneka abeke iliso kumanani okubhalisa nomgangatho wokuprograma kwizikolo ezizimeleyo, kodwa oko akusoloko kusenzeka, kwaye kungavumelekanga nasemthethweni ukuhambela zonke izikolo ezizimeleyo kwiphondo. Ii-PEDs zinomsebenzi wokuqinisekisa ukuba kubekwa esweni isampuli ekhethwe nje nangaluphi na uhlobo yezikolo ezizimeleyo qho ngonyaka. Inani eliphezulu nepesenti yezo zikolo ekufuneka zindwendwelwe lingahluka kwiphondo nephondo, ngakumbi, xa amanye amaphondo enamanani amakhulu ezikolo ezizimeleyo kunamamye amaphondo.

Ngoko ke, akukho ngqiqweni ukulindela isiphumo esili-100% kule PM. Indlela eluncedo ngakumbi yokufumana *Ingcaciso* yale PM ingaba kukuyithelekisa nendlela ekuqhutywe ngayo ngaphambili nokumisela izinto ekujoliswe kuzo kwixesha elizayo ezibophelela ekwenziweni kophuculo ngokuhamba kwexesha.

Umthombo:

Ulawulo lwamacandelo ephondo okubek' esweni nokulawulwa komgangatho aphethe izikolo ezizimeleyo kwii-PED ezahlukeneyo ngawo akhupha le nkcazelo.

► PM401: Ipesenti yabantwana abaneemfuno ezizodwa abakwiminyaka yokufundab ekunyanzelekileyo ukuba bafunde abangabhaliswanga kumaziko emfundo

Le yipesenti yabantwana abakhubazekileyo abakwiminyaka ekunyanzelekileyo kuyo ukuba sesikolweni abangabhaliswanga kuwo nawaphi na amaziko emfundo. Kubalulekile ukuba urhulumente aqinisekise ngofikeleleko ngokwaneleyo nangokufanelekile lwezikolo ezizodwa nezikolo zikarhulumente zesiqhelo ngaba bafundi. Okunokufaneleka kukuba esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi masibe ngu-0%.

Ingcaciso:

Ipesenti ebale phantsi kwale PM ibonisa ukuba bangaphi na abafundi be-LSEN abangangeniswayo tu kwinkqubo yemfundo. Ngenxa yokuba urhulumente ezibophelele ngokubonelela "ngemfundo kubo bonke" into ojolise kuyo umgaqo-nkqubo kule PM ngu-0%, nto leyo ithetha ukuba akukho namnye umfundi we-LSEN obudala ekunyanzelekileyo ukuba kubo aye esikolweni ofanele ashiywe ngaphandle. Qaphela ukuba ngenxa yokuba ulwazi oluqokelelweyo luphumba kuHlolo-luvo Gabalala lwaseziNdlwini, umba weemposiso zeesampulu nokuthembeka kuyasebenza apha.

Umthombo:

Kusetyenziswe imibuzo efanelekileyo ethathwe kolona Hlolo-luvo Gabalala lwaseziNdlwini lwakutsha nje.

► PM501: Inani labafundi abakwiikholeji ze-FET xa kuthelekiswa nolutsha kweli phondo

Le yipesenti yabafundi beekholeji ze-FET, abakuzo zonke iintanga, lahlulwe ngolutsha olukwi-16 ukuya kwi-18 ubudala. Nangona abafundi abaninzi beekholeji ze-FET beya kuba ngaphaya kwe-18 ubudala, sekunjalo esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi siluncedo ekuboniseni indlela iikholeji ze-FET ezifikelela kakuhle ngayo kuluntsha nakuluntu ngokubanzi.

Ingcaciso:

Ukuba iphakamile ipesenti, kokukhona zifikelela kakhulu iikholeji ze-FET yaye kokukhona iqhuba ngcono le PM. Ii-PED zifanele ziqonde ukuba ukubalwa kwabafundi ingekuko ukulinganiswa kwee-FET kuko okufanele kusetyenziswe kule PM.

Umthombo:

Ngeminyaka ekungenziwanga lubalo lwabemi amanani abemi afumaneka kolona Hlolo-luvo Gabalala lwaseziNdlwini okanye uqikelelo lwabemi olukhutshwa yi-DOE. Amanani okubalwa kwabafundi kwii-FET afumaneka kwinkqubo ye-EMIS.

► PM502: Ipesenti yabafundi ababhinqileyo kwezobugcisa

Le yipesenti yabafundi ababhinqileyo beekholeji ze-FET ababhalise kwizifundo zobunjineli okanye ezinye iinkalo zezobugcisa. Phambili Phaya, ubhaliso lwamabhinqa kwezi nkalo belufudula luphantsi kakhulu. Ukuze kuphuculwe ubulungisa basemsebenzini ngokwesini, kubalulekile ukuba le meko mayiphuculwe.

Ingcaciso:

Nangona ukulingana ngokwesini kufanele kube yeyona nto kujoliswe kuyo ngale PM, ixabiso lale PM lifanele licaciswe kuthelekiswa nenkcazelo emalunga nokubhalisa kwamabhinqa namadoda kwiiKholeji zikaRhulumente ze-FET. Ukuba iyaziwa into yokuba amabhinqa enza ama-40% abo bonke abafundi abakwiiKholeji ze-FET ngokubanzi, ngoko naliphi na ixabiso elingaphantsi kwama-40% kule PM lithetha ukuba amabhinqa akamelwanga ngokwaneleyo kwiinkalo zezifundo zobugcisa. Ii-PED zifanele zijolise ekwandiseni inani lamabhinqa athatha inxaxheba ukwenzela le PM.

Umthombo:

Nakuba iingxelo zokuBhalisa kwanoKholeji zifanele zibe nayo yonke inkcazelo ukuze kubalwe le PM, okwangoku akukho ndlela icwangcisiweyo yee-PED okanye ye-DOE yokuqokelela le nkcazelo. Oku kuthetha ukuba umba wemithombo yolwazi oluqokelelwayo ufanele ulungiswe ngaphambi kokuba ii-PED zibe kwimeko yokubala le PM ukwenzela izicwangciso zazo zaminyaka le zokwenziwa komsebenzi.

► PM503: Amazinga okugqiba kwiikholeji ze-FET

Eli linani labafundi abaziphumelelayo iimviwo zabo zokugqibela kwiikholeji ze-FET ekupheleni konyaka ngamnye, lahlulwe ngenani labafundi bebonke ababengene kwiikholeji ze-FET benenjongo yokuphumelela iimviwo.

Ingcaciso:

Ukuba liphakamile ixabiso lale PM, kokukhona lisebenza ngokusulungekileyo eli candelo leeKholeji ze-FET. Umda wale PM sithetha nje umalunga nama-50%. Amaphondo afanele azibekele oko ajolise kuko enenjongo yokuphucula kakuhle ngokuhamba kwexesha.

Umthombo:

Ulwazi oluqokelelweyo lwale PM lufumaneka kwicandelo leemviwo le-DoE (iSebe leMfundo leSizwe).

► PM504: Ipesenti yabafundi abasiwa kuqeqesho lwemisebenzi abakwiikholeji ze-FET

Aba ngabafundi abafumana uqeqesho emsebenzini ngokuthunyelwa ziikholeji ze-FET, njengepesenti yabo bonke abafundi abaqeqeshelwa emisebenzini kweli phondo. Esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi sibonakalisa ukuba iikholeji ze-FET ziqhuba njani na ekutsaleni abafundi abavela kuqeqesho lwasemsebenzini.

Ingcaciso:

Sithetha nje, abafundi kwiiKholeji ze-FET bayila inani elincinane ngokwentelekiso kwinani lilonke labafundi abathatha inxaxheba kwiinkqubo zokuqeqeshela umsebenzi. Amanqaku aphezulu kule PM angabonisa ukuba iiKholeji zikaRhulumente ze-FET ziwuchanile umhlola yaye ziyakhuphisana yaye ziyakwazi ukufikelela kwizixhobo zokufundisa ezongezelelekileyo.

Umthombo:

Inani labafundi abaqeqeshelwa umsebenzi lifumaneka kwiNgxelo yoNyaka yeSebe labaSebenzi okanye kwiingxelo zamaSebe amaPhondo. Inani labafundi abalugqibayo uqeqesho lwabo ngeeKholeji ze-FET liqokelelwa kwiiKholeji ze-FET ezahlukeneyo kweli Phondo.

► PM601: Ipesenti yabafundi be-ABET xa kuthelekiswa nabantu abadala kweli phondo

Eli linani labafundi ababhalise kumaziko e-ABET karhulumente, lahlulwe ngenani labantu abadala abakhoyo abakufanelekelayo ukuya kwi-ABET kweli phondo. Le pesenti ibonakalisa ukuba lungakanani na ubonelelo ngemfundo ye-ABET kweli phondo.

Ingcaciso:
Le PM ifanele icaciswe ngokweemeko zokungafundi kwabantu abadala, amanqanaba ezakhono zabantu abadala neendlela ezahlukeneyo zokufikelela ku-ABET. Ukuba likhulu ixabiso lale PM, kukhona ziphumelela ngcono ii-PED ekwenzeni u-ABET afikeleleke kubafundi abadala. Ngenxa yokuba ukungafundi kwabantu abadala lucelo-mngeni olukho kuwo onke amaphondo into engcono ibingaba kukufaka abantu abangafundanga abaninzi kangangoko kunokwenzeka ku-ABET. Kodwa ke, kufanele kukhunjulwe ukuba u-ABET karhulumente asikokuphela kwendlela aba bantu abanokulungisa ngayo ukunqongophala kwezakhono zabo. Into ojolise kuyo umgaqo-nkqubo ifanele ibe kukwandisa izinga lokubhalisa kwabantu ku-ABET ukusuka komnye unyaka ukuya komnye.

Umthombo:
Ngeminyaka ekungenziwanga lubalo lwabemi amanani abantu abadala afunyenwe kuhlolo-luvo lweziNdlu ngokuBanzi lonyaka obandakanyekileyo okanye loqikelelo lwabemi olukhutshwe yi-DOE.

► PM701: Ipesenti yabafundi abakwiBanga R kwizikolo zikarhulumente ezixhaswa ngemali
Eli linani lilonke labafundi bakwaGrade R oxhaswa ngemali ngurhulumente R (kwizikolo zikarhulumente okanye kumaziko oluntu), bahlulwe ngenani labo bonke abantwana abaneminyaka emihlanu abakhoyo. Nangona ingeyonjongo karhulumente ukuba aye kufika kwi-100% ngokuphathelele esi singqinisiso sokwenziwa komsebenzi (abanye abafundi kusenokulindeleka ukuba baye kumaziko azimeleyo), umgaqo-nkqubo uthi ngo-2010 kufuneka ukuba sibe sifike kumanqanaba aphezulu.

Ingcaciso:
Into ojolise kuyo umgaqo-nkqubo kukuba kufikelelwe yonke indawo ngo-2010. amaphondo afanele aqwalasele indlela aqhuba ngayo ngoku kule PM aze amisele izinto ajolise kuzo ukuze andise inani labafundi beBanga R ababhaliswayo nyaka ngamnye ukuze kukhawulelwano noko kujongwe ukuba ujolise kuko umgaqo-nkqubo we-100%. Ngokusekelwe kwizinto ekujoliswe kuzo nezibekelwe unyaka ngamnye ukuya kutsho ku-2010 ixabiso lale PM lifanele licaciswe ngokuthi “lisekhondweni” okanye “liyasilela”.

Umthombo:
Ukuze kubalwe le PM kufuneka kwahlulwe inani labafundi abakwiqela elifanelekileyo lobudala (okt. abaneminyaka emi-5 ubudala okanye emi-6 ubudala) kumaBanga R axhaswe ngemali ngurhulumente, lisahlulwa ngenani lilonke labafundi kwelo qela lifanelekileyo leminyaka. I-GHS ngumthombo wolwazi oluqokelelweyo olusetyenziswa njengenani eliphantsi lale PM yaye uHlolo-luvo olungaLungiselelwanga lungumthombo wenani eliphezulu.

Ishedyuli 1 – Amanqwanqwa Okuma Kwesebe Lemfundo Lentshona Koloni



Superintendent-General
Superintendent-Generaal
Intsumpa-Jikelele

Director: Office of the SG
Direkteur: Kantoor van die SG
UMlawuli we-Ofisi Ye-Ntloko yeSebe

Director: Communication
Direkteur: Kommunikasie
UMlawuli weCandelo leZonxibelelwano

Deputy Director-General: Planning and Strategy
Adjunk-direkteur-generaal: Beplanning en Strategie
uSekela-Mlawuli Jikelele weCandelo leZocwangciso

Chief Director: Education Management Information and Quality Assurance
Hoofdirekteur: Onderwysbestuurinligting en Gehalteversekering
UMlawuli oyiNtloko weCandelo loLawulo lweMfundo, inGcaciso noQinisekiso weMigangatho

Director: Research
Direkteur: Navorsing
UMlawuli weCandelo leZophando

Director: Knowledge Management, Information and Record Management Systems and ICT
Direkteur: Kennisbestuur, Inligtings- en Rekordbestuurstelsels en IKT
UMlawuli weCandelo loLawulo loLwazi neEnkqubo zeNgcaciso neErekhodi zeZolawulo ne-ICTt

Director: Quality Assurance
Direkteur: Gehalteversekering
UMlawuli weCandelo loQinisekiso lwemiGangatho

Chief Director: Planning and Policy Co-ordination
Hoofdirekteur: Beplanning en Beleidskoördinasie
UMlawuli oyiNtloko weCandelo loCwangciso noQuquzelelo lwemiGaqo-Nkqubo

Director: Policy Co-Ordination
Direkteur: Beleidskoördinasie
UMlawuli weCandelo Loququzelelo lwemiGaqo-Nkqubo

Director: Business Planning and Strategy
Direkteur: Besigheidsbeplanning en -strategie
UMlawuli weCandelo Locwangciso Lwezoshishino

Director: Infrastructure, Transport, Equipment & LTSM Planning
Direkteur: Infrastruktuur, Vervoer, Toerusting en LOOM-Beplanning
UMlawuli weCandelo loCwangciso lweZiseko zoPhuhliso, ezoThutho, iziXhobo ne-LTSM

Director: Human Capital Planning
Direkteur: Menslikekapitaalbeplanning
UMlawuli weCandelo loCwangciso Lophuhliso lweZakhono zoLuntu

Deputy Director-General: Curriculum Management
Adjunk-direkteur-generaal: Kurrikulumbestuur
Usekela-Mlawuli Jikelele weCandelo loLawulo lweKharityhulam

Chief Director: Assessment and Examinations
Hoofdirekteur: Assessering en Eksamens
UMlawuli oyiNtloko weCandelo leemVavanyo neeMviwo

Director: Assessment Management
Direkteur: Assesseringsbestuur
UMlawuli weCandelo loLawulo lweeMvavanyo

Director: Examinations Administration
Direkteur: Eksamenadministrasie
UMlawuli weCandelo loLawulo lweeMviwo

Chief Director: Curriculum Development
Hoofdirekteur: Kurrikulumontwikkeling
UMlawuli oyiNtloko weCandelo loPhuhliso lweKharityhulam

Director: Curriculum GET
Direkteur: Kurrikulum AOO
UMlawuli weCandelo leKharityhulam GET

Director: Curriculum FET
Direkteur: Kurrikulum VOO
UMlawuli weCandelo leKharityhulam ye-FET

Director: E-Learning and Library Services
Direkteur: E-Leer en Biblioteekdienste
UMlawuli weCandelo Le *E-Learning* neEnkonzo zeeLayibrari

Deputy Director-General: Institution Development and Co-Ordination
Adjunk-direkteur-generaal: Inrigtingsontwikkeling en –koördinasie
Usekela-Mlawuli Jikelele weCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko

Chief Director: Districts
Hoofdirekteur: Distrikte
UMlawuli oyiNtloko weziThili

Chief Director: Institutional, Specialised and Operational Support
Hoofdirekteur: Inrigtings-, Gespesialiseerde en Operasionele Ondersteuning
UMlawuli oyiNtloko weCandelo loKunika inkXaso amaZiko, imFundo enEemfuno eziZodwa noKwenziwa kwemiSebenzi

Director: Institutional Management and Governance Planning
Direkteur: Institusionele Bestuur-en-beheerbeplanning
UMlawuli wezoCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko

Director: Operational Support Unit
Direkteur: Operasionele Ondersteuningseenheid
UMlawuli weYunithi yoKunika inKxaso yoKwenziwa kwemiSebenzi

Director: Specialised Education Support
Direkteur: Gespesialiseerde Onderwysondersteuning
UMlawuli weCandelo loKunika inKxaso imFundo enEemfuno eziZodwa

Chief Director: FET Colleges
Hoofdirekteur: VOO-Kolleges
UMlawuli oyiNtloko weeKholeji ze-FET

Deputy Director- General: Corporate Services
Adjunk-direkteur-generaal: Korporatiewe Dienste
Usekela-Mlawuli Jikelele weCandelo leEnkonzo zeSebe

Chief Director: Internal Human Capital Management
Hoofdirekteur: Interne Menslikekapitaalbestuur
UMlawuli Oyintloko weCandelo Lokuphathwa Nophuhliso Lwezakhono Zoluntu Lwangaphakathi

Director: Internal Human Capital Administration
Direkteur: Interne Menslikekapitaaladministrasie
UMlawuli weCandelo leZolawulo noPhuhliso lwezaKhono zoLuntu lwanGaphakathi

Director: Internal Human Capital Management
Direkteur: Interne Menslikekapitaalbestuur
UMlawuli weCandelo lokuPhathwa noPhuhliso lwezaKhono zoLuntu lwangaPhakathi

Director: Labour Relations
Direkteur: Arbeidsverhoudinge
UMlawuli weCandelo leZobudlelwane emSebenzini

Director: Internal Human Capital Development
Direkteur: Interne Menslikekapitaalontwikkeling
UMlawuli weCandelo loPhuhliso lweZakhono zoLuntu lwanGaphakathi

Chief Director: Financial Management
Hoofdirekteur: Finansiële Bestuur
oyiNtloko weCandelo leZolawulo lwezeMali

Director: Management Accounting
Direkteur: Bestuursrekeningkunde
UMlawuli: kwiMpatho yeze-Akhawuntingi

Director: Financial Accounting
Direkteur: Bestuursrekeningkunde
UMlawuli weCandelo lezeMali nee-Akhawunti

Director: Procurement Management
Direkteur: Verkrygingsbestuur
UMlawuli weCandelo loLawulo lokuThengwa kweEmpahla neEnkonzo